



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

INgxelo yoNyaka 2014/2015

ISebe EzeMfundo

Isiqulatho

1. INgcaciso yeSebe ngokuBanzi	1
2. ULudwe lweziFinyenzo/lweziShunqulelo	2
3. IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa	3
4. INgxelo yeGosa loCwangciso-mali	6
5. INgcaciso yeMisebenzi neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka	14
6. INgcaciso yesiCwangciso sobuChule (Strategic Overview)	15
6.1 Umbono.....	15
6.2. Injongo ephambili	15
6.3. Iimfundiso ezisisiseko.....	15
7. ImiThetho nezinye iziGunyaziso	16
8. Ukuma kwesitraktsha seziko eli.....	16
9. AmaQumrhu anika iNgxelo kuMphathiswa	16

ICandelo: Ingcaciso ngeNtsebenzo (Performance Information)

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: linjongo eziCaciswe kwaNgaphambili (Predetermined Objectives).....	19
2. INgcaciso ngeNtsebenzo yeSebe	19
2.1 IMeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo	19
2.2 IsiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweeNkonzo	22
2.3 OkuQhubeka kwiZiko	29
2.4 UPuhliso lweMigaqo-nkqubo ePhambili neeNguqu kwiMithetho	35
3. Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule neziJolise kwiziPhumo zokuFunda (Strategic Outcome Oriented Goals)	38
4. INgcaciso yeNtsebenzo ngeProgram Nganye (Performance Information by Programme)	42
4.1 IProgram 1: EzoLawulo.....	45
4.2 IProgram 2: IMfundo kwiZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente	45
4.3 IProgram 3: linkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo	63
4.4 IProgram 4: IMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa	57
4.5 IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo	78
4.6 IProgram 6: IMfundo noQeqesho lwaBadala	83
4.7 Iprogram 7:IMfundo nophuhliso lwaBantwana abasaQalayo	94
4.8 Iprogram 8:UPhuculo lweziSeko zoPhuhliso	104
4.9 Iprogram 9:liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene noko.....	109
5. IiMali eziya kwiziBonelelo	121
5.1. IiMali eziya kwiziBonelelo zamaQumrhu kaRhulumente	121
5.2. IiMali eziya kwiziBonelelo zawo onke amaQumrhu angengoMaziko kaRhulumente	97

ICandelo B: INgcaciso ngeNtsebenzo (Isaqhutywa)

6. IiGranti eziKhutshwa Phantsi kwemiQathango ethile	125
6.1. IiGranti eziKhutshwa Phantsi kwemiQathango eThile neeMali ebeziBekelwe okuthile (Earmarked funds) eziHlawulwe liSebe	125
6.2. IiGranti eziKhutshwa Phantsi kwemiQathango eThile neeMali ebeziBekelwe okuthile (Earmarked funds) eziFunyenwe liSebe	125
7. IiNkaso-mali zeziPho-mali (Donor Funds)	134
7.1. IiNkxaso-mali zeziPho-mali eziFunyenweyo	134
8. UTyalo-mali kwiiProjekthi zoLwakhiwo (Capital Investment)	134
8.1. UTyalo-mali kwiiProjekthi zoLwakhiwo (capital investment), isiCwangciso soLondolozo neeAsethi	134

ICandelo C: EzoLawulo

1. Intshayelelo	141
2. ULawulo lwemiNgcipheko	143
3. INkohliso nobuQhophololo	145
4. UkuNciphisa ukuNgqubana kweMidla.....	146
5. ImiGaqo yokuZiphatha	146
6. UKhuseleko kwezeMpilo neMiba yokusiNgqongileyo	147
7. IiKomiti zeePotifoliyo	147
8. IziGqibo zeScopa.....	147
9. UTshintsho lwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi	154
10. IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi	156
11. IKomiti yoPhicotho lwaNgaphakathi neKomiti yoPhicotho-zincwadi.....	157
12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.....	158

ICandelo D: uLawulo kwiCandelo lezaBasebenzi

1. IMithetho eLawula uLawulo lweHR	163
2. Intshayelelo	163
3. IiNkcukacha-manani eziPhosakeleyo zemiCimbi yoLawulo lwaBasebenzi.....	167

ICandelo E: INgcaciso ngezeMali

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele	199
2. AmaXwebhu eeNgxelo-mali zoNyaka.....	205

IZIHLOMELO

1. IsiHlomelelo A: IsiCwangciso sokuSebenza (Action Plan) sika-2014 nezalathisi-nkqubela zeziVumelwano zokweNziwa kweeNkonzo (kuZwelonke)	277
2. IiNdlela (zikaZwelonke) zokuLinganisa iNtsebenzo yeProgram - IzaLathisi ngokwamaCandelo athile (Technical Indicators)	280
3. IsiHlomelelo C: IZalathisi (zePhondo) zeNtsebenzo yeProgram - IZalathisi ngokwamaCandelo athile (Technical Indicators)	306



ICandelo A
Ingcaciso ngokubanzi

1. INgcaciso ngokubanzi yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithwele uxanduva lwezemfundo kwizikolo zikarhulumente kwiphondo, ukususela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. ISebe iWCED lisebenza kwiZithili zeMfundo ezisibhozo ezinoNdlunkulu oseKapa.

Indawo	Idilesi yeposi	Ifofoni	Inombolo yefeksi
WCED Head Office	Private Bag 9114, Cape Town, 8000	021 467 2000	021 467 2996
Metro Central	Private Bag X4, Mowbray, 7705	021 514 6700	021 514 6953
Metro East	Private Bag X23, Kuilsriver, 7579	021 900 7000	086 556 9519
Metro North	Private Bag X45, Parow, 7500	021 938 3000	021 938 3180
Metro South	Private Bag X2, Mitchells Plain, 7785	021 370 2000	021 372 1856
Cape Winelands	Private Bag X3102, Worcester, 6849	023 347 4600	023 347 2898
Eden & Central Karoo	Private Bag X3102, Worcester, 6530	044 803 8300	044 873 3428
Overberg	Private Bag X08, Caledon, 7230	028 214 7300	028 214 7400
West Coast	Private Bag X3026, Paarl, 7620	021 860 1200	021 872 5394

AmaZiko eeFoni esebe iWCED:

Imibuzo malunga nezaBasebenzi nezeMali: 0861 923 322; izikolo eziKhuselekielyo (Safe Schools): 0800 45 46 47

Iwebhusayithi: WCED Online <http://wced.school.za>

Uluhlu lwee-imeyili: WCEDnews <http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews>.

Twitter (micro-blogging)

WCEDnews <http://twitter.com/wcednews> (ngee-tweet ezingendaba ezinxulumene nemfundo); WCEDlearn <http://twitter.com/wcedlearn> (ngee-tweet ezinxulumene nemfundo)

Tumblr (blog)

WCED/News/Home <http://wcednewshome.tumblr.com/>; WCEDnews <http://wcednews.tumblr.com/>

Posterous (blog)

WCEDnews <http://posterous.com/wcednews>

2. Uluhlu lwezifinyezo/lwezishunqulelo

A(B)ET: Adult (Basic) Education and Training	IMG: Institutional Management and Governance
ACE: Advanced Certificate in Education	LSEN: Learners with Special Education Needs
ANA: Annual National Assessments	LTSM: Learning and Teaching Support Materials
ASIDI: Accelerated School Infrastructure Development Initiative	MTEF: Medium-Term Expenditure Framework
ASS: Annual School Survey	NCS: National Curriculum Statement
CAPS: Curriculum and Assessment Policy Statement	NC (V): National Curriculum (Vocational)
CEMIS: Central Education Management Information System	NEPA: National Education Policy Act
CTLI: Cape Teaching and Leadership Institute	NQF: National Qualifications Framework
DHET: Department of Higher Education and Training	NSC: National Senior Certificate
DBE: Department of Basic Education	NSNP: National School Nutrition Programme
DEMIS: District Education Management Information System	PFMA: Public Finance Management Act
DIP: District Improvement Plan	PILIR: Policy and Procedure on Incapacity Leave and Ill-Health Retirement
ECD: Early Childhood Development	PPI: Programme Performance Indicator
EIG: Education Infrastructure Grant	PPM: Programme Performance Measure
EMIS: Education Management Information System	RCL: Representative Council of Learners
EPWP: Expanded Public Works Programme	SAQA: South African Qualifications Authority
FAL: First Additional Language	SASA: South African Schools' Act
FET: Further Education and Training	SETA: Sector Education and Training Authority
GET: General Education and Training	SGB: School Governing Body
GHS: General Household Survey	SIM: School Improvement Monitoring
GIS: Geographic Information System	SIP: School Improvement Plan
Gr: Grade	SMT: School Management Team
HEI: Higher Education Institution	U-AMP: User Asset Management Plan
HL: Home Language	WCED: Western Cape Education Department
ICT: Information and Communication Technology	WSE: Whole School Evaluation

3. IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa

Ukususela oko ndaqeshwa kwesi sikhundla kwithuba elingaphezu konyaka elidlulileyo, eli ibilithuba elinemingeni kakhulu, kodwa likwanika umdla kananjalo, lizaliswe kukucamngca, izinto ezintsha nophuhliso.

Ndikonwabele kakhulu ukusebenzela iSebe leMfundo leNtshona Koloni ekuphuculeni iziphumo zemfundo kweli Phondo. Ndiyazingca malunga noko siye sakufumana sikunye, yaye ndisajonge enkalweni koko sisafuna ukukufezekisa.

Ukususela ngo-2009-2014, uRhulumente weNtshona Koloni ubeke isiseko sophuculo olungqingqwa lwendlela abaqhuba ngayo abafundi kunye nomgangatho wabo ngokwasesikolweni. Yinto eyaziwa ngumntu wonke eyokuba inkqubo yabafundi kulwimi, imathematika kunye neSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke (NSC) iye iphucuka ngokuhamba kweli thuba, yaye yonyukile ireyithi yokugcinwa kwabafundi esikolweni, lancipha inani lezikolo eziqhuba kakubi, ukuphucuka kwemisebenzi yolawulo yaye zininzi ngeyona ndlela izikolo eziye zatshintshiswa ngezinye okanye zakhiwa.

Isizathu sokuphucula okunjalo ezikolweni zethu xa zizonke yimiba ngemiba - ebekwe kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2009, esinenjongo ephangaleleyo yokunika bonke abafundi beli phondo imfundo esemgangathweni, sicwangciso eso sisiseko sombono wethu wendawo enamathuba avuleleke kumntu wonke.

Kodwa kuya kusiba nzima nangakumbi, kule meko yangoku ngokwasemalini. Sijamelene nobunzima obuya bukhula ngokwasemalini, buxutywe namanani abafundi onyuka minyaka le. Kufuneka senze ngakumbi sisebenzisa imali eya incipha ngokuncipha. Besigqwesa kulawulo lwethu lwemali, yaye ndingathanda ukuncoma bonke abo beSebe bathe bancedisa kule nto, bekhokelwa nguSG, uPenny Vinjevold, noCFO, uLeon Ely. Le nto isenze sakwazi ukuqesha iititshala ezintsha ezingaphezu kwama-700 kulo nyaka-mali.

Njengorhulumente othatha uxanduva okwaziyo ukujongana nemiba, siye sahlaziya iinjongo esizibeke ngo-2009, nto leyo iye yanesiphumo sokwenziwa kwesiCwangciso sokuSebenza sethu esitsha.

Ngo-2015/216 siphinde sazibophelela ekuchitheni imali kwiiprojekthi, izixhobo nabantu abaya kunika bonke abafundi beli phondo imfundo esemgangathweni.

Kulo nyaka siza kuba sisazisa amaphulo amatsha amaninzi, onke angqamene ngqo nezalathisi zempumelelo yethu ezibekwe kwisiCwangciso sokuSebenza sethu, zinto ezo ezizezi:

1. Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (iNSC), kunye
3. Nokunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu.

Siyathemba ukuba ukusetyenziswa kwendlela yethu ye-e-learning kuya kuncedisa ekufezekisweni kwezi njongo, kuqala ngokuqhagamshela izikolo zokuqala kwiWAN neLAN ngonyaka-mali ka-2015/16. Ngokuhambelana nendlela yethu ejongene nabahluphekayo, siza kuqala ngezona zikolo zihluphekileyo.

Sikwathanda ukubona ukhuphiswano olukhulu phakathi kwezikolo ukwenzela ukuphemebelela uphuculo.

Eyona njongo yethu iphambili kukunika bonke abafundi beli phondo imfundo esemgangathweni, sijolise kakhulu kwiindawo ezihlupheke kakhulu. Le nto iyabonakala kuko konke esikwenzayo nesiya kuqhuba sikwenza.

Sizingca ngokukodwa ngamaphulo ngamaphulo esiwenzileyo okuncedisana nabafundi nezikolo zethu ezihlupheke kakhulu. Ezinye izinto eziphambili ziquka ukwandiswa kwenkqubo yokutyiswa kwabantwana ezikolweni ukuze iquke izidlo ezibini ezisempilweni ngosuku, sityisa ngaphezu kwabafundi abangama-457 000 abasuka kwizikolo ezili-1028; ukunyuswa kwenkxaso yemali kwizikolo ezibhatalisayo ezifundisa abantwana beendawo ezingezozazityebi noko; ukubhatalwa kwemali engaphezu kwezigidi ezingama-R44 kwimali yembuyekazo yokunceda izikolo ngokunciphisa eminye yemingeni ezithi zijamelane nayo ngenxa yokungabhatalwa kweefizi zesikolo.

ISebe iWCED likwaqhuba nokuxhasa izikolo ezingamakhulu amabini aneshumi elinesithandathu (216) ekubhatalwa iifizi kuzo, ezanceda iindawo zoluntu oluhluphekayo, zikolo ezo zikhethe ukuba zizikolo ezihazibhataliyo iifizi xa bezinikwa ithuba lokwenza oko ngonyaka wesikolo ka-2014. ISebe iWCED likwaqhuba nokunceda abafundi abangaphezu kwama-50 000 abakwiindawo zasemaphandleni ezihlupheka kakhulu ukuba bakwazi ukusiwa babuyiswe esikolweni ngokuthi banikwe izithuthi zabafundi.

Kulo nyaka uphelileyo silinge ukusebenzisa ukuHlolwa okuSekelwe ekuKwazini ukwenza (iiCompetency Based Assessment) kuluhlu lwabagqatswa abachongelwe izithuba zobunqununu ukwenzela ukuqinisekisa ukuba kuqeshwa abona bagqatswa bafanelekileyo, kwanokuba kuchongwe iimfuno zabo zoqeqesho. Kulo nyaka, iSebe iWCED lijonge ukwandisa ukuHlolwa okuSekelwe ekuKwazini ukwenza ukwenzela ukuqeshwa kwamaSekela eeNqununu kunye neeNtloko zamaCandelo eziFundo (HODs). Ezi mvavanyo zibonakalise ukuba luncedo kakhulu kubo bonke abo bebandakanyeka kuzo.

ISebe iWCED lisaqhuba nokuphucula iindlela zalo yaye ukuvavanyelwa ukukorekisha (competency tests) kwabakorekishi ibe yenye yezinto ezintsha eziqaliswe ngo-2011 ukwenzela ukuphucula umgangatho wokukorekisha kwiimviwo zeNSC. Ezi mvavanyo zokukorekisha zenzelwa ukuhlola ulwazi lwesifundo lukatitshala/igosa lesifundo, izakhono zokukorekisha kunye nezakhono zokwenziwa nokusetyenziswa kwememorandam. Le ndlela inamacandelo amathathu yiyo esetyenzisiweyo kule minyaka mine idlulileyo yaye inika isiseko esihle sokukhetha abakorekishi abafanelekileyo. Ngo-2014, ukuvavanyelwa ukukorekisha kwenziwe kwizifundo ezili-11, ebeziquka zonke ezo zango-2013, ngokunjalo neEnglish Home Language eye yafakwa okokuqala ngo-2014.

Ndinebhongo lokwazisa ukuba iNtshona Koloni ishiyeke ikuphela kwephondo elikwaziyo ukuvavanyela ukukorekisha okulolu hlobo, ikwenza kumaqela olawulo lwesikolo ngokunjalo nakubakorekishi beNSC.

Umgangatho nokuba noxanduva zezona zinto ziphambili zokuqinisekisa uphuculo oluQhubekayo esikolweni. Abaphathi bezithili (ooDistrict Director) bethu nabo bawamkele ngenene lo mbono yaye baye benza kakuhle kakhulu, apho isithili ngasinye kwizithili zethu ezisibhozo siye safumana izinga lempumelelo elingu-80% nangaphezulu kwiNSC ka-2014, yaza iWest Coast neOverberg zaba zezona zithili zi-5 zigqwesileyo apha elizweni! Sithi huntshu kuni nonke! Siye saba buhlungu kakhulu kukushiywa kwethu nguMphathi (uDirector) wethu weMETro East, uMelvyn Caroline, ngesiqophe emva kwengulo emfutshane. Siya kuhlala simkhumbula.

Iyandivuyisa imitsi esele siyenzile kwimfundo kweli Phondo. Ndikwavuyiswa kakhulu ngumbono wemfundo waseNtshona Koloni wale minyaka mine izayo. Andiyithandabuzi into yokuba ungenelelo esiza nalo luya kuziphucula iziphumo zabafundi kunye namathuba avuleleke kubantu bethu abatsha, ngakumbi ngokubambisana namanye amasebe sisebenza kunye kwiNkqubo zePhondo eCwangciswa ngobuChule 2 (Strategic Goal 2).

Sisajonge phambili ekwenzeni iMfundo 'Ngcono siKunye', siphucula iziphumo zemfundo kunye nemfundo kule minyaka izayo. Sisonke sinakho ukuqinisekisa ukuba uyafezekiswa umbono wethu wendawo yoluntu enamathuba avulelekileyo.



Debbie Schäfer
UMphathiswa weMfundo wePhondo
URhulumente weNtshona Koloni

4. INgxelo yeGosa loCwangciso-mali

Isishwankathelo semisebenzi yesebe:

Ngo-2009 iSebe iWCED lenze laze lapapasha isicwangciso salo semiNyaka emiHlanu semfundo yaseNtshona Koloni. Kunyaka ngamnye ukususela ngo-2009 sinike ingxelo yenkqubela ezinzileyo kweso sicwangciso. Kule ngxelo yokugqibela yesicwangciso seminyaka emihlanu, sibonisa iimpumelelo zonyaka-mali ka-2014/15.

Le miba ilandelayo iye yachaphazela umsebenzi wethu ngo-2014/15: ukunyuka okukhulu kwamanani abafundi; ibhajethi eshokoxekileyo; iimeko zentlalo noqoqosho ezichaphazela ngeyona ndlela amathuba okuba abantwana abaninzi bafunde. Ezi zinto kufuneka zijongwe xa kufundwa iNgxelo yoNyaka ka-2014/15.

INgxelo yoNyaka ibekwe ngokweeprogram ezilithoba zebhajethi zawo onke amasebe emfundo ephondo. Kwiprogram nganye sinika ingxelo yenkqubela ka-2014/2015. Sikwaxela imiba apho iSebe iWCED belinokwenza ngcono nalapho belifanele ukwenza ngcono.

KwiProgram 2 ukuya ku-7 sinika ingxelo yobhaliso lomfundi kuhlobo ngalunye lwamaziko amathandathu axhaswa ngemali aze anikwe inkxaso yeSebe iWCED: iziphumo zohlolo lwangaphandle zabafundi bala maziko kunye neentlobo ngeentlobo zenkxaso enikwa abafundi, iititshala nabaphathi bala maziko.

- IProgram 2 - Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- IProgram 3 - Izikolo ezizimeleyo
- IProgram 4 - Izikolo ezineeMfundo eziZodwa zeMfundo
- IProgram 5 - IiKholeji zeFET
- IProgram 6 - AmaZiko eMfundo yabaDala
- IProgram 7 - UPuhliso lweMfundo yabasaQalayo

Ezi program zintandathu zilapha ngentla zixhomekeke kulawulo olusebenzayo nolufanelekileyo ukuze ziphumelele, ngakumbi xa sijonga ukunyuka kwenani labafundi ababhalisayo kunye nokushokoxeka kwebhajethi. Iinzame zeSebe iWCED ngokunxulumene nolawulo oluphuculweyo zixelwa kwi**Program 1**. INgxelo yale program ibonisa ukuba ibhajethi ichithwe ngokwendlela ebekucwangciswe ngayo yaye kuthathwe amanyathelo afanelekileyo ukunika izikolo nootitshala iinkonzo ezibalungiselelayo, ezibasebenzelayo nezibafaneleyo. Le nto ibifuna ucwangciso olunobunono; idatha ethembekileyo; ukukhethwa kwemigaqo-nkqubo esekelwe ngokusekelwe kubungqina; abasebenzi abazimiseleyo nabathatha uxanduva kwanokubekwa esweni nokuhlolwa okuQhubekayo.

Ukunyuka kwamanani abafundi kunye nemeko yokuba ndala kwezakhiwo zezikolo zizinto ezikhokelele ekunyukeni kakhulu kwebhajethi yamagumbi okufundela nezikolo ezitsha kwanokulungiswa kwezi zakhiwo sele zikho. **IProgram 8** icacisa amanyathelo athathiweyo ukuphucula imeko abasebenzela kuyo ootitshala nabantwana bethu.

Ukuze siqonde ukuba abantwana bethu banenkqubela abayenzayo na ekufundeni - owona mba esingawo - iSebe iWCED lisebenzisa uluhlu olwahlukeneyo lweethagethi zokuhlola, ulinganiso kunye nezixhobo zasesikolweni nezangaphandle. **IProgram 9** icacisa iimviwo neemvavanyo zangaphandle eziqhutywa liSebe iWCED.

ISebe iWCED lizamela ukunyusa ukubhaliswa nokugcinwa kwabafundi basesikolweni nabamaziko emfundo ephakamileyo bekwinkqubo zezemfundo ezifanelekileyo. Impumelelo yethu ekugcineni abafundi bekumaziko emfundi iyabonakala kule ngxelo.

Owona mngeni wethu mkhulu usekuqinisekiseni ukuba umfundi ngamnye ufumana ukufundiswa okusemgangathweni kwimeko enenkathalo nokhuseleko. Mininzi kakhulu imizekelo egqwesayo nevuselelayo emalunga nendlela abasebenzi nootitshala baseWCED abakunika ngayo oku kumawaka-waka abafundi imihla ngemihla. Siyababulela ngoku kuzimisela kwabo ngamaxeshana anzima. Umzekelo wabo uya kukhokela umsebenzi weWCED kule minyaka mihlanu izayo.

Isishwankathelo seziphumo zemali zesebe:

limali ezifunyenwe lisebe (Departmental receipts)

limali ezifunyenwe lisebe	2014/2015			2013/2014		
	Ejikelelweyo	Esona Sixa siQokelelweyo	INkcitho (eNgaphezulu)/ eNgaphantsi kweQokelelweyo	Ejikelelweyo	Esona Sixa siQokelelweyo	INkcitho (eNgaphezulu)/ eNgaphantsi kweQokelelweyo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuthengiswa kweempahla neenkonzo ngaphandle kweeasethi ezinkulu (capital assets)	13,499	11,762	1,737	11,906	11,959	(53)
lifayini, izohlwayo neemali ekuphulukenwe nazo	228	1,185	(957)	228	774	(546)
Inzala, izahlulo nerenti yemihlaba	1,998	2,216	(218)	1,998	1,818	180
li-tranzekshini zemali kwiasethi nasematyaleni (assets and liabilities)	12,502	19,526	(7,024)	26,698	19,003	7,695
Iyonke	28,227	34,689	(6,462)	40,830	33,554	7,276

Ingeniso yethu eyenziwe lisebe ixabisa i-0.2 % yebhajethi ephelileyo. Le nto ibihambelana nexabiso ebelenzelwe ibhajethi. Imithombo (sources) ephambili yengeniso yeSebe ngokwalo yile –

- Ukuqokelelwa kwamatyala abanjwa isebe lemfundo.
- Ikhomishini kwi-inshorensi kunye neemali ezitsalwa ngokomyalelo wenkundla (garnishee order deductions).
- Iimali ezihlawulelwa iinkonzo ezinxulumene neemviwo ezinjengokuphindwa kokumakishwa kwamaphepha eemviwo nezicelo zeekopi zezatifikethi zematrikhi kunye nezinye izatifikethi. Ezi ntlawulo zezi nkonzo ziqingqwa liSebe (likaZwelonke) leMfundo esisiSeko.
- Iinkonzo zokufotokopela amanye amasebe ephondo.

Zonke iintlawulo zidweliswe kwirejista yeentlawulo yaye zihlaziywa rhoqo ngonyaka ukwenzela ukulungiselela ukunyuka kwamaxabiso. Ukuqokelelwa ngokugqithisileyo (over-collection) kwiimali ezifunyanwe lisebe (departmental receipts) ngo-2014/15 zizigidi eziyi-R6.4 yaye oku kubangelwe kukuba kucinywe amatyala amaninzi kunokuba bekulindelwe, apho kuchaphazeleka khona ingeniso efunyanwayo. Onke amatyala acinywa ngokomgaqo-nkqubo wesebe wokucima amatyala. Lo mgaqo-nkqubo ufuna uluhlu lwamanyathelo aquka iinzame zokulandelela abo batyala isebe (debtors).

Inkcitho yeeProgram

Igama leProgram	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNga-phantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNga-phantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
1. Ezolawulo	666,659	661,621	5,038	579,744	571,149	8,595
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	12,156/707	12,156/526	181	11,381/365	11,362,779	18,586
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	89,845	89,845	-	84,648	84,648	-
4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	973,642	973,642	-	910,338	910,338	-
5. Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	377,913	377,865	48	353,097	353,078	19
6. Imfundo esisiseko noqeqesho lwabadala	36,609	34,633	1,976	37,898	37,898	-
7. UPhuhliso lwemfundo yabasaqalayo	511,778	511,778	-	465,637	465,535	102
8. UPhuculo lweziseko zophuhliso	1,453/432	1,439/491	13,941	1,192/946	1,054/312	138,634
9. Iinkonzo ezincedisayo neenkonzo ezinxulumene nazo	759,745	755,870	3,875	663,112	662,459	653
Iyonke	17,026/330	17,001/271	25,059	15,668/785	15,502/196	166,589

ISebe lichithe i-99.85 pesenti yebhajethi ehlangahlengisiweyo (adjusted budget) ngo-2014/15. Le nkcitho ingaphantsi iye yafikelela kwizigidi eziyi-R25.059, okanye i-0.15 pesenti yebhajethi ehlangahlengisiweyo, nethi ibe kumlinganiselo omiselweyo kazwelonke (national benchmark) oziipresent ezi-2.

Izizathu zokungayichithi yonke imali zezi zilandelayo:

- Izigidi eziyi-R7.014 zesixa iEquitable Share. Esi sixa sezigidi eziyi-R7.014 singachithwanga ibisesaProgram 1: Ulawulo olubangelwe kukuthengwa nokufunwa kweenkonzo (procurement) ze-e-Education ICT nezingakwazanga ukugqitywa xa kuphela unyaka-mali kunye neProgram 6: IMfundo esisiSeko noQeqesho lwabaDala nanjengoko kuye kwafunyanwa amabango ambalwa kunokuba bekulindlekile kumaziko eAET.
- I-R0.020 yezigidi yeGranti kaZwelonke yeNkqubo yokuTyiswa kweZikolo (National School Nutrition Programme Grant). Esi sixa asisetyenziswanga yaye siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).
- Yi-R0.161 eyabelwe iSocial Sector EPWP Incentive Grant for Provinces. Ambalwa kakhulu amabango afunyenwe kwiikholeji zeFET okuqeqeshwa kwabachwethezi bedatha (data capturers). Esi sixa asisetyenziswanga yaye siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury)
- Yi-R0.048 yeGranti yeMfundo noQeqesho oluQhubekayo. Esi sixa asisetyenziswanga yaye siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).
- Zizigidi eziyi-R13.94 ezabelwe iConditional Grant Education Infrastructure Grant (EIG), iEPWP Integrated Grant for Provinces kunye namaqithi-qithi ezeMfundo abekelwe amaziko eMOD. Ukungasetyenziswa kwemali yonke kubangelwe kukulibaziseka kweprojekthi zolwakhiwo lweziseko zophuhliso (infrastructure) ezingundoqo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwakunye nokulibaziseka ekuqhutyweni kweprojekthi zolungiso. Isixa sezigidi eziyi-R12.755 sibekelwe inkcitho ebingekahlawulwa ngomhla wama-31 kuMatshi ka-2015 yaye imali eseleyo engasetyenziswanga iza kubuyiselwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke neyePhondo (National and Provincial Treasury).
- Zizigidi eziyi-R3.875 zeGranti yeHIV/AIDS (Life Skills Education) kunye namaqithi-qithi ezeMfundo abekelwe amaziko eMOD. Esi sixa siphelleleyo asisetyenziswanga yaye siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke nowePhondo (National and Provincial Treasury).

Ngaphandle kwale nkxaso-mali ingasetyenziswanga ebuyiselwe kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke, zonke imali ezingasetyenziswanga zibekelwe iiprojekthi ezicetywayo yaye sele sifakiwe isicelo sokudlulisela ezi mali kunyaka ozayo ukwenzela ukugqiba ezi projekthi kwiSebe likaNondyebo wePhondo (Provincial Treasury). Oku kuthetha ukuba ezi mali ziya kusetyenziselwa injongo ebekiweyo.

Iimali ezikhutshwa kwibhajethi yamanye amacandelo ukuya kwamanye / ezidluliselwa kunyaka ozayo (Virements/roll overs)

ISebe likaNondyebo wePhondo ivume oku kukhutshwa kwemali kwiibhajethi zamacandelo angundoqo isiwe kwamanye kwiBhajethi eVunyiweyo:

- Ukutshintshwa kwe-R7 326 000 kwiprogram 1 isiwe kwiprogram 2 ngenxa yokutshintsha kweendleko zokuphila okube phezulu kunoko bekulindelwe kunye nokudluliselwa kweemali eziziselwe iiNorms and Standards (lifizi zezikolo ezikwiNqanaba 1-3) ukwenzela ukuncedisa izikolo ezinemingeni yemali.
- Ukutshintshwa kwe-R18 971 000 kwiprogram 1 isiwe kwiprogram 8 ukwenzela ukulungiswa kweziseko zophuhliso (infrastructure) kunye nokuhlaziywa kweeholo zezikolo namabala ezemidlalo kwizikolo zikarhulumente.

- Ukutshintshwa kweR27 121 000 kwiprogram 4 isiwe kwiprogram 2 ngenxa yokutshintsha kweendleko zokuphila okube ngaphezulu kunoko bekulindelwe.
- Ukutshintshwa kwe-R10 241 000 kwiprogram 9 isiwe kwiprogram 8 ukwenzela ukulungiswa kweziseko zophuhliso (infrastructure) kunye nokuhlaziywa kweeholo zezikolo namabala ezemidlalo kwizikolo zikarhulumente.

Kucelwe ukugqithiselwa kwezi mali zilandelayo kunyaka ozayo:

- Izigidi eziyi-R12 755 zeEducation Infrastructure Grant (EIG) zicelelwa inkcitho ebingekabhatalwa ngomhla wama-31 kuMatshi ka-2015 yeeprojekthi zokwakhiwa kweziseko zophuhliso (infrastructure) ezitsha kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente.

Ingcaciso yezizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenanzuzo nokudyakraza ngemali nezixa ezichaphazelekayo kwakunye namanyathelo athathiweyo ukuthintela ukwenzeka koku kwakhona.

Isebe alikhange lenze nayiphi inkcitho engagunyaziswanga ngeli thuba liphantsi koqwalaselo. Ukunciphisa inkcitho engahambi ngokomgaqo, isebe likhethe amagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi (supply chain champions) kwicandelo ngalinye kula angama-42. La magosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi aye aqeqeshwa kuzo zonke iinkalo zeSCM. Kwaqaliswa iithemplethi zeSCM, zokwenza nokulawula inkqubo nemigaqo efunekayo. Ukunciphisa izehlo zenkcitho engahambi ngokomgaqo, iYunithi yoLawulo lwaNgaphakthi yenza uphicotho-zincwadi lwasemva koku kuzo zonke iivawutsha zeentlawulo. Le yunithi inika ingxelo ngokuQhubekayo kumagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi eSC nakumacandelo awo malunga neqondo lenkcitho engahambi ngokomgaqo enokubakho. La manyathelo akhokelele ekuncitshisweni kwenkcitho engahambi ngokomgaqo.

Izicwangciso zexesha elizayo zesebe

Iinjongo ezintathu zeWCED zale minyaka mihlanu ilandelayo (2015 - 2019) zezi

1. Ukuphucula umgangatho kuliwmi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu

Ezi njongo zintathu ziya kufezekiswa ngokuthi kuqwalaselwe ezi njongo zilishumi zilandelayo

1. Ulawulo olugqwesayo oluncediswa ziinkonzo ezenziwa kwi-intanethi (online services)

ISebe iWCED linika iinkonzo ezenziwa kwi-intanethi ezikolweni, kootitshala nakubafundi. Ezi nkonzo zenziwa kwi-intanethi zijonge ukwehlisa umthwalo wolawulo ezikolweni nokuqinisekisa ngokunikwa kwezikolo izixhobo neenkonzo ezichanekileyo, ezisebenzayo nezingabizi kakhulu. Ezi nkonzo ziya kulandelelwa ngeesaveyi zokukhangela ukoneliseka kweeklayenti, kunye nokulandelelwa kwezikhhalazo.

2. Isicwangciso seminyaka emihlanu sokuphuhlisa kweetitshala

Isicwangciso seminyaka emihlanu sokuphuhlisa kweetitshala (2015 - 2019) siza kunika umgaqo-sikhokelo (framework) nescicwangciso soqeqesho lwaphambi kokusebenza lootitshala abatsha abaza kuqala ukusebenza njengootitshala kunye noqeqesho lwasemsebenzini lootitshala abasele bekhona. Olu qeqesho luya kugxila kokuthile, lufaneleke yaye baqeqeshwe ngokwenza (practical). Esi sicwangciso siya kuquka izicwangciso zootitshala abagqwesayo kunye namaqithi-qithi anikwa ootitshala abangathanda ukuphucula imfundo (qualifications) yabo, ukuziqhelisa ukufundisa (teaching practice) kunye neziphumo zokufunda.

3. Ubuchule bokulawula ikharithulam yephondo

I-WCED Language and Mathematics Strategies (ubuChulu bezolwimi neMathematika) ka-2015 ukuya ku-2019 iza kwaziswa ngo-2015. Obu buchule bujonge ukuphucula ukupasa kwabo bonke abafundi beBanga R - 12 ngokuphuhlisa ulwazi kunye nokufundiswa kwezifundo (pedagogic practices) okwenziwa ngamagosa ekharithulam, iintloko zamacandelo ezifundo kunye nootitshala; ukunika ubuncinane beseti yeLTSM kunye nokusoloko kuqhutywa nokujonga okwenziweyo kunye nokuhlola okwenziwayo, izicwangciso kunye nenkqubela. ISebe iWCED liza kwazisa nezifundo ezitsha zobuchwepheshe (technical subjects) yandise nofikelelo kwakunye nenkxaso yezifundo zokwenza ngezandla (vocational subjects). Ukucwangciselwa kakuhle kwekharithulam kuza kuqinisekisa ukuba izikolo zinika esona sicwangciso sokuqhutywa kwemfundo (education delivery plan) sendawo (geographical area) nganye.

4. Ulawulo oluhle lwezikolo

ISebe iWCED liza komeleza inkqubo yokukhangelwa, ukuchongwa nokuxhaswa kweenqununu, amasekela-nqununu kunye neentloko zamacandelo ezifundo. Iiofisi zezithili ziza kugxila ekuqinisekiseni ukuba izikolo zisebenza kangangoko yaye amaqela olawulo lwesikolo (school management teams) anika inkqubo zokufunda ezilungileyo nezisebenzayo. Oku kuquka ukujongana nokuziphatha ngendlela ecela umngeni kunye nezinye izinto eziphazamisana nenkqubo yokufundisa yeentsuku ezingama-200.

5. Ukulungiselelwa kwemfundo esekelwe kwiimfuno

ISebe iWCED liza kunika izixhobo ezifunekayo ukuze kuqhubeke ukufunda nokufundisa okufanelekileyo. Oku kuquka abasebenzi, iincwadi, izixhobo ezincedisa emsebenzini, izakhiwo ezifanelekileyo (facilities) kunye nofikelelo kwiICT.

6. Inkxaso yoluntu kunye neqonga lophuhliso lolutsha

Iprogram yokutyiswa kwezikolo, ukungahlawuliswa iifizi kunye nongenelelo lwezikolo ezikhuselekileyo zizinto ezijonge ukunika imeko yokufunda ezinzileyo eya kugcina abafundi besempilweni yaye bekhuselekile bekwasesikolweni ithuba elide kangangoko. ISebe iWCED liza kufaka igxalaba kuphuhliso lolutsha ngeendlela ezininzi yaye yenze ubambiswano nanini na xa loo nto iya kunceda abona babuthathaka.

7. Inkxaso yezikolo ezizimeleyo

Izikolo ezizimeleyo ezibhalisa abafundi abasuka kwiindawo ezihluphekileyo ziya kuxhaswa ngoncediso-mali (subsidies), iinkqubo zoqeqesho lweetitshala kunye nokutyelelwa kwezikolo. Kulindeleke ukuba zonke izikolo ezizimeleyo ezifumana uncedo-mali zibhale iimvavanyo zeWCED zonyaka zokubona inkqubo yezikolo (WCED annual systemic tests) kulwimi nemathematika.

8. Inkqubo yokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda

ISebe iWCED liza kunika ukhathalelo namathuba kubafundi abanemiqobo ebathintelayo ekufundeni okanye abasemngciphekweni woko. ISebe iWCED liza kusebenza namanye amasebe karhulumente kunye neeNGO ekuxhaseni aba bafundi.

9. IBanga R elisemGangathweni

Ugxininiso kwixesha elizayo luya kuba sekuphuculeni umgangatho wokufunda (learning) kwiBanga R. Le nto iya kwenziwa ngokungxininisa kwizakhono zootitshala kunye nemeko yoqeqeshelo butitshala (professional status) kunye nasekuchongweni kwangoko kwabo badinga ukuncediswa ezifundweni. Injongo kukuqinisekisa ukuba unyaka weBanga R unika isiseko esisiso sokufunda.

10. Iprogram yokwakhiwa kweziseko zophuhliso (infrastructure) ezisebenzayo ukwenzela ukudala imeko yokufunda ehluphezayo

Ugxininiso kule minyaka mihlanu izayo luza kuba sekwakheni izikolo namagumbi okufundela amatsha, apho kukho imfuneko yendawo eyongezelelweyo yokufundela, ekutshintshweni kwezikolo ezenziwe ngeemathiriyeli ezingafanelekanga kwakunye nolungiso olucwangcisiweyo ukwenzela ukuba zibe zininzi izikolo nabafundi abaxhamlayo kwibhajethi yokwakhiwa kweziseko zophuhliso (infrastructure budget).

Ubambiswano phakathi kwamacandelo kaRhulumente nawaBucala

ISebe khangela lingene kulo naluphi uhlobo lwesivumelwano kweli thuba kunikwa ingxelo yalo.

Imicimbi eyekiweyo / imicimbi eza kuyekwa

Ayikho

Imicimbi emitsha okanye ecetywayo

Ngaphezu kwezi njongo zidweliswe apha ngentla, iWCED lelona sebe linkqenqeza phambili kwiNjongo eCwangcisiweyo yePhondo (Provincial Strategic Goal) (PSG) 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha. Iinjongo ezintathu zokuqala zale njongo zihambelana neenjongo ezintathu zeWCED. Zezi:

1. Ukuphucula umgangatho kuliwmi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu

Iinjongo ezimbini eziseleyo zezi: "Ukunika amathuba ongezelelweyo entlalo kunye nawoqoqosho kulutsha lwethu" kunye "Nokuphucula inkxaso yosapho kubantwana nolutsha kwanokuncedisana nophuhliso".

5. INgcaciso yeMisebenzi neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi nenkolo yam, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Lonke ulwazi namaxabiso axelwe kuyo yonke leNgxelo yoNyaka ayahambelana.

Le Ngxelo yoNyaka iphelele, ichanekile yaye ayinanto ishiyelelweyo.

Le Ngxelo yoNyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).

AmaXwebhu eNgxelo-mali oNyaka (Annual Financial Statement) (iCandelo E) alungiswe ngokwemigangatho elungisiweyo yemali eziinkozo (modified cash standard) kunye nemigaqo-sikhokelo (frameworks) efanelekileyo nezikhokelo ezikhutshwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).


IGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) lijongene nokulungisa amaxwebhu engxelo-mali onyaka kunye nezigqibo ezithathiweyo malunga nolu lwazi.

IGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) lijongene nokuseka, kunye nokuqhuba indlela (system) yolawulo lwangaphakathi eyenzelwe ukunika uqinisekiso olufanelekileyo lwesidima nokuthembeka kwezi nkukacha zentsebenzo, iinkukacha malunga nabasebenzi kunye namaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle nabo bayabandakanywa ekunikeneni uluvo oluzimeleyo malunga namaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka.

Ngokuluvo lwam, le Ngxelo yoNyaka ikubonisa kakuhle ukwenziwa kwemisebenzi, iinkukacha zentsebenzo, iinkukacha zabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yesebe ngalo nyaka-mali uphele ngomhla wama-31 kuMatshi ka-2015.

Ozithobileyo



IGosa loCwangciso-mali
PA Vinjevod
31 kuMeyi ka-2015

6. INgcaciso yesiCwangciso sobuChule (Strategic Overview)

6.1 Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo¹:

1. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo eziziprayimari
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nomgangatho wokuUkwandiswa kwenani nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

6.2 Injongo ephambili²

Ukunika imfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi abakweli phondo ngezi ndlela zilandelayo:

- Ukucwangciselwa okupheleleyo, kunye nokulawulwa kwemfundo (education system)
- Imfundo kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente
- Inxaso yezikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneefuno ezizodwa
- *Imfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) kwiikholeji zikarhulumente zeFET*
- *Imfundo noQeqesho lwaBadala (AET) kumaziko okufunda oluntu*
- UPhuhliso lwabaNtwana abasaQalayo (ECD) kwiBanga R
- Amathuba oqeqesho eetitshala kunye nabasebenzi abangezotitshala
- Inkqubo yokutyisa ethagethiweyo kunye nezinye iindlela zokulwa nentlupheko nezokhuseleko
- Ukuxhaswa kweetitshala ngokunikwa imiqathango esisiseko yenkonzo, amaqithi-qithi kunye nenkqubo yentlalo-ntle yabasebenzi

6.3 Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu wamaLungelo oluntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Ukukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

¹ Qaphela ukuba ziye zahlaziyelwa unyaka ka-2015 - 2019. Nazi iinjongo zalo nyaka uhlolwayo.

² Ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli ka-2015 iMfundo noQeqesho oluQhubekayo kunye neMfundo noQeqesho lwaBadala zidluliselwe kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (Department of Higher Education and Training). Ngoko ke le INgxelo yoNyaka inikwa okokugqibela kwezi program zimbini.

7. ImiThetho neZinye iziGunyaziso


UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho we-108 ka-1996)
UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho woku-1 ka-1998)
UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho we-12 ka-1997)
UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (SASA) 1996 (uMthetho wama-84 ka-1996);
UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (NEPA), 1996 (uMthetho wama-27 ka-1996)
UMthetho weMfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiiKholeji, 2006, (uMthetho we-16 ka-2006)
UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundo noQeqesho ngokuBanzi neQhubekayo, 2001 (uMthetho wama-58 ka-2001).
UMthetho wezeNgqesho yooTitshala ka-1998, (UMthetho wama-76 ka-1998)
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999)
UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka, 2012, (uMthetho wesi-5 ka-2012) (Annual Division of Revenue Act, 2012 (Act 5 of 2012))
UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo se-103 sika-1994)
UMthetho weGunya eliLawula iziQinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho wama-58 ka-1995)
UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000, (UMthetho wama-31 ka-2000) (South African Council for Educators Act, (Act 31 of 2000))
UMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 2000 (uMthetho wama-52 ka-2000)

8. Ukuma kweSitraktsha seZiko eli


Makujongwe kwiphepha elilandelayo

9. AmaQumrhu anika iNgxelo kuMphathiswa

Awangeni ndawo



INgxeLo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
 IBhajeThi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 ePhondo leNtshona Koloni



ICandelo B
Ingcaciso ngentsebenzo

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: IiNjongo eziCaciswe kwaNgaphambili (Predetermined Objectives)

I-AGSA kungokunje yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso yentsebenzo ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicotho-zincwadi. Iziphumo zengxelo yophicotho-zincwadi ngentsebenzo zithelekiswa neenjongo esele zimiselwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo ephantsi kwesihloko seeNjongo ebezimiselwe kwangaphambili (Predetermined Objectives) kwicandelo leNgxelo engeemfuno ezimiselweyo zomthetho nemimiselo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Makufundwe iphepha 201 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi, epapashwe njengenxalenye yeCandelo E: INgcaciso yezeMali.

2. INgcaciso ngeNtsebenzo yeSebe

2.1 IMeko eNgqonge uKwenziwa kweNkonzo

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika iSouth African education plan siqulethwe kwi *Action Plan 2019, towards Schooling 2030*³, ngoku esele sihambelana nesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke neSiphumo sikaZwelonke 1 (National Development Plan and National Outcome 1). Esi sicwangciso siqulethe iinjongo ezingama-27. Ezili-13 zokuqala zijongene neziphumo zokufunda, zize ezinye iinjongo ezili-14 zijongene nokuba kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

Inkqubo yokumelwa kukuphendula ngoxanduva lwakho (accountability system) kwesi sicwangciso iqhagamshelene neenjongo zezemfundo zaseMzantsi Afrika (South African education **goals, izalathi, zazo neethagethi** zazo kunye **nezigaba ezibalulekileyo** zazo. Inani leenjongo liqingqiwe; izalathi-nkqubela zinako ukulinganiselwa. Iithagethi mazibe 'kanye kwezo nkalo kujoliswe kuzo' yaye injongo mayibe kukuphucula iziphumo zemfundo ngokungaphezulu. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Lo gama iithagethi zikazwelonke sele zimiselwe nezizethuba elide, izigaba ezibalulekileyo zigxininisa ngokubanzi kwiziphumo ezinqwenelekayo kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu ezayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo kwiinjongo 1-13 kodwa akukamiselwa zigaba kwiinjongo 14 - 27.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-3.
- 2 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-6.
- 3 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBanga le-9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga le-9.
- 4 ► Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ► Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *imathematika*.

³ Bezikade zibekelwe ukuya kufika ku-2025 kodwa zandiselwe ukuquka isicwangciso sethuba elilandelayo

linjongo **zeziphumo zokufunda** (zisaqhutywa):

- 6 ► Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *iphysical science*.
- 7 ► Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi *kwiBanga lesi-6* kwizifundo *zeelwimi*.
- 8 ► Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi *kwiBanga lesi-6* kwimathematika .
- 9 ► Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi *beBanga lesi-8* kwimathematika.
- 10 ► Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eli-15.
- 11 ► Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo esemgangathweni yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda (ECD) abangaphantsi kweBanga loku-1.
- 12 ► Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amaBanga ukuqala kwiBanga loku-1- 9.
- 13 ► Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) ngaphaya kweBanga le-9.

linjongo zokuba kufikelelwa **njani** na kwiziphumo zokufunda ezizezi:

- 14 ► Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bangenele umsebenzi wobutiitshala.
- 15 ► Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklassi ezinamanani amakhulu.
- 16 ► Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (professionalism), izakhono zokufundisa (teaching skills) ulwazi ngezifundo (subject knowledge) nabanolwazi lokusebenzisa ikhompuyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.
- 17 ► Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.
- 18 ► Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oQhubekayo.
- 19 ► Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi ibubuncinane yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi (minimum set of textbooks and workbooks) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.
- 20 ► Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (range of media), kuqukwa neekhompuyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.
- 21 ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (annual management processes) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.
- 22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso-nkqubo se-e-Education.
- 23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela eyiyo (transparently and effectively).
- 24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (physical infrastructure) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.

25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkono zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyenzentlalo (psychosocial support), ezemidlalo nezenkcubeko.

26 ► Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (inclusive education policy) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkono zeengcali (specialist services).

27 ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-e-Education.

Intsebenzo yeSebe iWCED kwizalathi eziqhagamshelaniswe neenjongo zikazwelonke ichazwe kwisiHlomelo A. (Iphepha 235).

IsiCwangciso seNtsebenzo yoNyaka (Annual Performance Plan) sika-2014/15 sichonge iiNkalo ezintlanu eziPhambili ekuGxilwe kuzo (Key Focus Areas). Ezine zokuqala ibe zezo zicaciswe kwinqanaba likazwelonke: i) lincwadi kubandakanywa neencwadi zokwenza umsebenzi zikazwelonke ii) amanyathelo okomeleza ikharithyulam ukunika inkxaso i-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) iii) li-Annual National Assessments, iv) Iziseko zoPhuhliso (infrastructure). ISebe iWCED longeze ugxilo lwesihlanu: liSistim nenkxaso yeziphumo zokufunda eziphuculiweyo.

Inkqubela eyenziwe yiWCED kwiiTeksti, iKharithyulam kunye neeANA iphantsi kweProgram 2. Inkqubela ngeziseko zophuhliso ichazwa kwiProgram 8 naphantsi kwengongoma 8.1 (iphepha 106) "IsiCwangciso soTyalo-mali lweZakhiwo, ulungiso nolawulo lweeasethi ("Capital investment, maintenance and asset management plan"). liNgxelo zeeSistim nenkxaso zinikwa phantsi kweProgram 1 neProgram 2.

U-2014/15 ibingunyaka ozinzileyo malunga nemiba yabasebenzi. Oku kubangele ukuba iSebe iWCED ligxininise kumsebenzi walo ongundoqo wokuphucula iziphumo zokufunda. Izixhobo, ezingabasebenzi nemali, kunye nawo onke amaphulo ongenelelo ngoncedo aye asiwa kwezo zikolo beziyidinga kakhulu inkxaso.

Ubundlobongela, ulwaphulo-mthetho neemeko zentlalo noqoqosho zizaqhubeka nokubeka uxinzelelo lweemfuno ezimandla ezikolweni, ekuhambeni isikolo nakwiWCED. ISebe iWCED linike inkxaso naphi na apho ibinakho ukuyinika khona ukwenzela ukuthomalalisa ifuthe lolwaphulo-mthetho nentlupheko.

Ngo-2014 kusetwe isistim yeintanethi eyenzelwa ukulandelela ubhaliso lwabafundi kusenzelwa abafundi abebengabhalisanga zikolweni ngo-2015 ukuba babhalise ngenombolo yobhaliso eyodwa (unique registration number). Le nto ibijonge ukuqinisekisa ukuba licacile elona nani labafundi abangekho zikolweni ukwenzela ukukhawulezisa ukubafaka ezindaweni. Nangona le sistim iye yaneengxaki ezibakho xa kuqaliswa inkqubo, iye yafaka igxalaba kulawulo oluphuculweyo lobhaliso lwabafundi ngo-2015.

Ukwanda kwemfuneko yendawo yokufunda ezikolweni zaseNtshona Koloni kuboniswa kwingxoxo ephantsi kweProgram 2.

2.2 IsiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweenkonzo

Isebe lisigqibile isicwangciso sokuphucula ukwenziwa kweenkonzo (SDIP). Le theyibhile ingezantsi ibonisa isicwangciso sokwenziwa kweenkonzo kunye neenkqubo esele ziphonyezwe kude ngoku.

Iinkonzo eziphambili nemigangatho

Iinkonzo eziphambili	Abenzelwa iinkonzo	Umgangatho weenkono wangoku/ onguwona unguwo	Umgangatho weenkono onqwenelekayo	Eyona mpumelelo
Ukunika iNkonzo yoNxibelelwano ngeFoni (Telecommunication Service) kuNdlunkulu weWCED.	<ul style="list-style-type: none"> Abafundi Ootitshala Amagosa akwaNdlunkulu Abantu basekuhlaleni 	a)-d) Ingcaciso ngeyona mpumelelo iyiyo ayifumaneki ngenxa yokulahleka kwengcaciso njengoko ii-buffer ezigcina ingcaciso bezizele. I-WCED iqhuba inkqubo yokuthengwa kwe-PABX system entsha	<p>a) Ukunciphisa izinga leminxeba ebekwa ingaphendulwanga liye ku-10%</p> <p>b) Kwi-85% yeminxeba abantu bancedwa bagqitywe kwakumnxeba wokuqala</p> <p>c) I-10% yeminxeba idluliselwa kubaLawuli beZikolo eziKhuselekileyo (Safe Schools Coordinators) ukuze bazilandelele</p> <p>d) I-8% yeminxeba idluliselwa ukuba abantu bafumane iingcebiso ezingaphaya</p>	<p>a-d) Ayifumaneki ingcaciso malunga neyona mpumelelo ngokunxulumene nesistim yokunxulunyaniswa kweminxeba (switchboard system) yalo nyaka-mali</p> <p>I-system yokufowuna ngekhompyutha (Cyber Call system) kunye nePrivate Automatic Branch Exchange (PABX) system azikatshintshwa. I-State Information Technology Agency (SITA) igqibe inkqubo yethenda yokufumana isistim entsha equka konke. Inkqubo yeSCM iza kugqitywa kungekudala.</p>

Iinkonzo eziphambili	Abenzelwa iinkonzo	Umgangatho weenkonzongangatho wangoku/ onguwona unguwo	Umgangatho weenkonzongangatho onqwenelekayo	Eyona mpumelelo
<p>Ukunikwa kwenkxaso esisiseko (first line of support) kumaxhoba empatho-gadalala, ubundlobongela nolwaphulo-mthetho ezikolweni kumaziko aseWCED</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Abafundi abangama-900 000 • Ootitshala abangama-31 000 • Abasebenzi bakarhulumente abangama-7 000 • Abafundi abavela kwizikolo ezili-1 500 kunye nezikolo ezizimeleyo ezili-131 • Amalungu eeBhodi eziLawula izikolo (SGB) • Amalungu asekuHlalani kuquka abazali 	<p>a) Kusekwinqubo yokufumana iPABX System entsha</p> <p>b) ICall Centre yeSafe Schools ifumene iminxeba engama-14 854. (I-77% incedwe yagqitywa kwakumnxeba wokuqala)</p> <p>c) ebisafuna oluncedo nenkxaso, ama-612 ale minxeba ebenxulumene nenzendo zolwaphulo-mthetho, ngelixa iminxeba eli-1 055 ibijongene neengxelo zezikolo eziqhekeziweyo zonakaliswa</p>		<p>a) ICyber Call System elawula iziko leeFowuni leZikolo eziKhuselekileyo zeWCED (WCED Safe Schools Call Centre) alikatshintshwa. Ayifumaneki ingcaciso malunga nempumelelo yalo nyaka-mali enxulumene neeSafe School Call Centre. ISaveyi yonyaka yoKwaneliseka kwaBaxumi (annual Customer Satisfaction Survey) ka-2014 irekhode uphuculo kuloo ndlela bezinikwa ngayo iinkonzo zeeSafe Schools ngo-2013</p> <p>b) ICall Centre yeSafe Schools irekhode ukuba ifumene iminxeba engama-6 464 (I-40% yayo yonke iminxeba incedwe yagqitywa kwakumnxeba wokuqala)</p> <p>c) Iminxeba engama-3 890 (i-60%) yenkqubo yezikolo eziKhuselekileyo ibisafuna oluncedo nenkxaso, i-738 izizehlo ezinxulumene nolwaphulo-mthetho; ngelixa iminxeba eli-1 097 ibijongene neengxelo zezikolo eziqhekeziweyo zonakaliswa</p>

Iinkonzo eziphambili	Abenzelwa iinkonzo	Umgangatho weenkonzo wangoku/onguwona unguwo	Umgangatho weenkonzo onqwenelekayo	Eyona mpumelelo
- 2) IMimiselo iDraft Regulations relating to the Issuing of Performance Indicators Binding on Public Schools, eyenziwe yiNtloko yeCandelo leziFundo, yenzelwe ukumisela izalathin-kqubela kwizikolo zikarhulumente ukwenzela ukubeka esweni nokuvavanya indlela izikolo zikarhulumente eziqhuba ngayo kwizifundo ukunceda iSebe libe nako ukuncedisa, licebise yaye linike inkxaso efunekayo ukunceda ezo zikolo zikarhulumente zichaphazelekayo ziqhube bhetele ezifundweni. Le mimiselo iyilwayo iye yapapashelwa ukuba kuhlonyulwe ngayo ngoLwesibini, umhla wama-25 kuNovemba ka-2014, kwiGazethi eKhethekileyo yePhondo (Provincial Gazette Extraordinary) Namba 7335. Umhla wokugqibela wokufakwa kwezimv ibingowama-30 kuJanyuwari ka-2015. Ziye zaqwalaselwa izimvo ezifakiweyo, yaza le mimiselo yalungiswa ngokufanelekileyo zaza izilungiso zalungiswa ngokusemthethweni (legally vetted). Uguqulo-ntetho (translation) lokugqibela luye lwaqinisekiswa umgangatho yaye imimiselo iye yagqityezelwa ukuze ifakwe kuMphathiswa ophathiswe ezemfundo kweli Phondo ukuba ayivume. Iya kuthi ipapashwe kwiGazethi yePhondo.

IsiKhokelo esingoKhuseleko lweeNdawo zokuDlalela aBafundi kwiZikolo zikaRhulumente (Guidelines on Playground Safety at Public Schools) sivunyiwe nguMphathiswa ophathiswe ezemfundo eNtshona Koloni, yaye siye sathunyelwa ezikolweni ngeSetyhula Namba 10/2014, ukungiselela ukuqhutywa kwaso ngoJulayi ka-2014. Esi sikhokelo sicacisa iindima nemisebenzi yabasebenzi ngokumalunga nokhuseleko lwabafundi kwiindawo zokudlalela abafundi, imiphezulu yeendawo zokudlalela (playground surfaces), izityalo ezinetyhefu okanye ezingafanelekanga, kwakunye nengcebiso ngokukhethwa kwezixhobo zokuncedisa kwimidlalo zeendawo zokudlalela abafundi. Siquka izihlomelo ezijongene neesaveyi zendawo engqongileyo, amanyathelo obulumko xa kuthengwa okanye kufakwa izixhobo zokuncedisa kwimidlalo zendawo yokudlalela abafundi nokuhlolwa nokulondolozwa kwezixhobo zokuncedisa kwimidlalo.

b. IiKholeji zeFET neMfundo noQeqesho lwaBadala (Adult Education and Training)

Kwasekwa iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (Higher Education and Training (DHET)) ngoMeyi ka-2009 ngenjongo yokuba liya kuba lilo ekugqibeleni eliya kwenza umsebenzi kumaziko emfundo ephakamileyo, kwiikholeji zeFET, kwiiSETAs nakumaZiko eMfundo noQeqesho lwaBadala (Adult Education and Training Centre). I-DHET namasebe emfundo amaphondo basayine imigaqo yeemvumelwano (protocol agreements) ukwenzela ukulawula olu tshintsho, ukulawulwa ukuphathwa nolawulo lwethutyana kwiikholeji zeFET, yaza iDHET yamema amaphondo ukuba onyule amagosa eSebe iWCED ukuba abe ngumlawuli wokuhlengahlengiswa kwemisebenzi (function shift manager) ukwenzela ukuncedisa kolu tshintsho.

UMthetho weeKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*Further Education and Training Colleges Amendment Act*), 2012 (*uMthetho wesi-3 ka-2012*), waqala ukusebenza ngomhla wesi-3 kuMeyi ka-2012, yaye ufakela izilungiso kuMthetho weeKholeji zeFET (FET Colleges Act) ka-2006 (*uMthetho we-16 ka-2006*). UMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho (Higher Education and Training) wawumisela kwiSaziso sikaRhulumente Namba 367, esapapashwa kwiGazethi kaRhulumente Namba 35336, yomhla we-11 kuMeyi ka-2012, nokuba eminye imigaqo yalo Mthetho (*Further Education and Training Amendment Act, 2012 (Act 3 of 2012)*), iya kuqalisa ukusebenza ngomhla wokusayinwa kwayo nguMongameli (ngowe-11 kuMeyi ka-2012 njengomhla weSaziso esikhutshwa nguMphathiswa) ngaphandle kwamaCandelo 11, 12, 13, 14, 28(3) no-32(b).

ICandelo le-14 sijjongene nezemali ezinxulumene nokwabiwa kweeGranti eziKhutshwa phantsi kweMiqathango (Conditional Grant), yaye amaCandelo 11, 12, 13, 28(3) no-32(b) ajongene nokutshintshwa kwabasebenzi ukususwa kumaSebe eMfundo amaPhondo (Provincial Education Departments) ukuya kwi-DHET ngokuxhomekeka kwimigaqo yesiqendu 197 soMthetho wezoBudlelwane phakathi komQeshi nabaSebenzi (Labour Relations Act), 1995 (*uMthetho wama-55 ka-1995*). Ezi nkqubo kufuneka ziqale zigqitywe phambi kokuba aqale ukusebenza amacandelo afanelekileyo ngalo mhla uya kucaciswa nguMphathiswa, aze abe epapashwe ngesinye iSaziso (further Notice) kwiGazethi kaRhulumente. Nakuba kunjalo, ngowama-26 kuMatshi ka-2014, UMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho wapapasha iSaziso (iSaziso Namba 209), kwiGazethi kaRhulumente Namba 37470, esapapasha ukuba amacandelo 13, 28(3) no-32(b) amalunga nabasebenzi, aya kuqala ukusebenza ngowoku-1 kuApreli ka-2014, logama amacandelo amalunga nabasebenzi

abakulawulo, ngokukodwa, amacandelo 14, 11 nele-12 aqala ukusebenza ngowoku-1 kuAprili ka-2013.

c. Imingeni ebangelwa yimiba yemigaqo-nkqubo

Izikolo:

IMimiselo Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards (Novemba 2013) ibe nefuthe kwizicwangciso zezakhiwo zexa elizayo. Ifuthe elinokubakho kule mimiselo liya kufuna ixesha noko lokuhlangana ngokumalunga nezakhiwo ezikhoyo nobungakanani (size) bezikolo.

3. Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule neziJolise kwiziPhumo zokuFunda⁴

Injongo eCwangciswe ngobuChule neJolise kwiziPhumo zokuFunda 1	Ukuphucula ulwimi neMathematika kwiZikolo eziziiPrayimari
Ingcaciso yeNjongo	Makuphuculwe umgangatho wokupasa kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba abafundi baqhube ngokwemimiselo yebanga labo ngo-2014 ngolu hlobo lulandelayo: IBanga lesi-3: ULwimi: yi-42% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-60% yabafundi. IBanga lesi-6: ULwimi: yi-37% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-33% yabafundi. IBanga le-9: ULwimi: yi-50% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-20% yabafundi. Amanqaku makalandelelwe ngovavanyo qho ngonyaka aze amaphulo ongenelelo ngoncedo ahlangahlengiswe ngokufanelekileyo.
Injongo eCwangciswe ngobuChule neJoliswe kwiziPhumo zokuFunda 2	Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nomgangatho wokuUkwandiswa kwenani nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
Ingcaciso yeNjongo	Ukuphucula ireyithi yokupasa kwiimviwo zeNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprogram zoqeqesho loofitshala, ulawulo nenkxaso. Iithagethi zika-2014 ngabafundi abayi-43 000 abapase iNSC ne-20 400 abapesele ukungena kwisiDanga sokuQala (Bachelor's degrees); abafundi abayi-13 200 amabapase iMathematika nabayi-8 300 amabapase iPhysical Science.
Injongo eCwangciswe ngobuChule neJoliswe kwiziPhumo zokuFunda 3	Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi
Ingcaciso yeNjongo	Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo (high schools): oko kukuthi, izikolo ezili-10 mazibe nereyithi yokupasa engu-<60% ngo-2014. Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabanga njengoko kunokulinganiselwa ngokuHlola koNyaka kukaZwelonke (National Assessment) (ANA) kwibanga loku-1 – 6 nele-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zebanga lesi-3, 6 nele-9.

⁴ Ezi thagethi zinjengoko zazinjalo kwisiCwangciso seNtsebenzo yoNyaka (Annual Performance Plan) sika-2014/15.

Inkqubela ngokumalunga neethagethi ezicaciswe kwisiCwangciso soBuchule

ISebe iWCED lenze inkqubela ngokumalunga neethagethi ezicaciswe kwisiCwangciso soBuchule (Strategic Plan). Ukuhlengahlengiswa kweethagethi kwacaciswa njengoko oku kuyimfuneko kwisiCwangciso zeNtsebenzo zoNyaka (Annual Performance Plans) ezichaphazelekayo.



Injongo 1: Ukuphucula uLwimi neMathematika kwiZikolo eziziiPrayimari

Ezi theyibhile zingezantsi zibonisa amanqaku eemvavanyo asetyenzisiweyo ukulandelela inkqubela. Umgangatho weemvavanyo zolwimi walungiswa apha naphaya ngo-2011 ukwenzela ukwenza ukuba iimvavanyo zinike umngeni nangakumbi. Emva koo tshintsho kubekho uphuculo oluQhubekayo kwiziphumo ezisuka kwisiseko esihlengahlengisiweyo (adjusted baseline). Ngo-2009, kwakungengakabikho manqaku asisiseko (baseline score) kwiBanga le-9, ngoko ke kwalungiswa iithagethi zasekuqaleni akuba efumaneka amanqaku asisiseko.

		Nyk 2010	Nyk 2011	Nyk 2012	Nyk 2013	Nyk 2014	Ithagethi
IBanga lesi-3	Ithagethi yeMaths	40	45	50	55	60	Angahlengahlengiswanga
	Awona manqaku eMaths	48.3	47.2	51.5	55	54	
	Ithagethi yoLwimi	55	60	33	40	42	Ahlengahlengisiweyo emva kokutshintshwa kovavanyo
	Awona manqaku olwimi	54.9	30.4	38.9	37	42.4	
IBanga lesi-6	Ithagethi yeMaths	15	20	25	30	33	Angahlengahlengiswanga
	Awona manqaku eMaths	24.4	23.4	26.4	28	30.4	
	Ithagethi yoLwimi	45	50	35	37	37	Ahlengahlengisiweyo emva kokutshintshwa kovavanyo
	Awona manqaku olwimi	52.3	31.5	36.9	30	37.9	
IBanga le-9	Ithagethi yeMaths	40	42	12	15	20	Ahlengahlengisiweyo emva kolinga (pilot)
	Awona manqaku eMaths	9.4	10.4	13.9	14	14.9	
	Ithagethi yoLwimi	45	50	45	50	50	Ahlengahlengisiweyo emva kolinga (pilot)
	Awona manqaku olwimi	51.8	44.2	48.2	48	47.6	

Injongo 2 no-3: "Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke" "Nokuncitshiswa kwenani lezikolo eziqhuba kakubi"

lithagethi zeNjongo 2 no- 3 ezazimiselwe indlela eliqhube ngayo iBanga le-12 ngokwento yonke kwithuba leminyaka emihlanu (2009 – 2014) ziboniswa apha ngezantsi. Ukuhla okuncinci okubonwa ngo-2014 kubonisa ukuhla kweziphumo zikazwelonke okubangelwe lungenelelo lokunyusa imigangatho yokupasa kwiSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke.



4. INgcaciso yeNtsebenzo yeProgram nganye

4.1 Program 1: Ezolawulo

Injongo

Ukunika ulawulo lwamacandelo ephela nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (National Education Policy Act), uMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente (Public Finance Management Act) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo

Iprogram yezolawulo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo⁵:

Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa wePhondo

Ukunika ulawulo jikelele kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (National Education Policy Act), uMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente (Public Finance Management Act) neminye imigaqo-nkqubo

Iprogram esekelayo 1.2: IiNkonzo zeNkxaso (Corporate Services)

Ukunika iinkonzo zolawulo ezingajolisanga ngqo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo.

Iprogram esekelayo 1.3: ULawulo lwezeMfundo

Ukunika iinkonzo zolawulo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo.

Iprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

Ukunika uphuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi basezifisini.

Iprogram esekelayo 1.5: ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lwezeMfundo (Education Management Information System) (EMIS)

Ukunika iSistim yeeNkcukacha zoLawulo lwezeMfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo kaZwelonke weNkcukacha zezeMfundo (National Education Information Policy)

Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

INjongo eCwangciswe ngobuChule 1.1	Ukusa izixhobo ezingabasebenzi neziyimali kwezo zithili zemfundo nakwizikolo ezithe ngokwembali zafumana inkxaso-mali esezantsi nokuqinisekisa ulawulo lwezemali nolwabasebenzi luphela nolawulo lwezemali nolwabasebenzi (HR management).
INjongo eCwangciswe ngobuChule 1.2	Ukuphucula ukuba kuphendulwe ngokukhawuleza kwiimfuno zabenzelwa iinkonzo nokwenza umsebenzi kakuhle nangokukhawuleza kweSebe iWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo zemcimbi zeSebe.
INjongo eCwangciswe ngobuChule 1.3	Ukunika abakulawulo abathagethiweyo uqeqesho lwamagosa, amalungu eekomiti zolawulo zesikolo namaBhunga oLawulo eZikolo (School Governing Bodies).

⁵ Iiprogram ezisekelayo ziyinxalenye yetemplethi yamacandelo kazwelonke yaye ziziintlelo zenkxaso-mali yeSebe likaNondyebo (Treasury fund categories). Iimali ezikwiProgram 1 zijongene neendleko ezimalunga nolawulo kwisistim.

linjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

Ezemali

ISebe lichithe i-99.9% yebhajethi ehlengahlengisiweyo evunyiweyo (approved adjusted budget) ka-2014/15.

Iimali zasetyenziselwa ukuhlangabezana neenjongo zesiCwangciso sokuSebenza (Action Plan) sika-2014 neenjongo ezintathu zeSebe iWCED. Yi-73.8% yebhajethi eyayabelwe imbuyiselo yabaqeshwa (compensation of employees) (CoE), nangaphezu kweebhiliyoni eziyi-R1.79 eyabelwe iiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiqathango (Conditional Grants) ezili-9 nezinye iinkonzo ezingundoqo. ISebe iWCED lizibophelele ekuchitheni imali ngengqiqo ukwenzela ukuba liyisebenzisele ukuhlangabezana nezona mfuno zifuna inkxaso kakhulu.

Kwaba nokongiwa imali kwiiMali zabaSebenzi (Cost of Employees) (CoE), ngokukodwa ngenxa yamanyathelo aphunyezwe ngempumelelo, anjengokunciphisa inani labasebenzi abangenazo izithuba (excess) abangesosigxina (temporary) kunye nababambeleyo.

Imali elondolozliweyo iye yasiwa ekuphuculeni iziseko zophuhliso zezikolo (school infrastructure) noncedo olunikwe izikolo ezijamelene neningeni yemali. Iimali ziye zadluliselwa ezikolweni ukwenzela ukunika izikolo ezingahlawulisi fizi, imbuyekezo yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi, izixhobo, nokuphungula amatyala eenkonzo zikamasipala kwanokuvulisa iitekstbhukhu zokongeza (top-up textbooks) zawo onke amaBanga.

ISebe iWCED liye laqhuba nokugxila kulawulo olufanelekileyo. UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika kuphicotho lwakhe lwamaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka (Annual Financial Statements) ka-2013/14 uye wagqiba kwelokuba la maXwebhu eNgxelo anike ingxelo lungileyo kuyo yonke imiba ephathekayo (material aspects) yemeko yeemali zeSebe iWCED. I-AGSA iphinda yagqiba kwelokuba iSebe iWCED alinazibonisi zingafanelekanga ziphathekayo (material unfavourable indicators).

ICandelo lezaBasebenzi

Ulawulo lwamanani ezithuba ezabelwe ezikolo zeSebe iWCED lubaluleke gqitha kwimpumelelo yezemfundo ezikolweni. ISebe iWCED labe izithuba ezingama-31 357 xa zizonke ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2014 ngenxa yokunyuka kobhaliso lwabafundi. ISebe iWCED landise ukwabiwa kwezithuba kuka-2015 ngezinye izithuba zootitshala ezingama-676.

Ezi theyibhile zilandelayo zinika ukwabiwa kwezithuba zomsebenzi kwiminyaka yokufunda ka-2011 ukuya ku-2015:

UNyaka wokuFunda	Izithuba ozabelweyo
2011	30 989
2012	31 091
2013	31 091
2014	31 357
2015	32 033

ISebe iWCED liyaqhubeka nokuzimisela ukuphucula umyinge (ratio) ophakathi kwabafundi: notitshala kwisiGaba esisisiSeko. ISebe iWCED liye lagcina umyinge ophakathi kwabafundi: notitshala ongu-1:36 kwizikolo zaseprayimari kunye nongu-1:34 kwizikolo eziphakamileyo (high schools) kwithuba lika-2014/15

Ukufakwa okukhulu kootitshala abangenazo zithuba zengqesho (in excess) kubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ukuba izakhono zakho zisetyenziswa ngeyona ndlela kwanokuba abafundi bayaxhamla. Imivuzo ehlawulwe ootitshala abangenazo izithuba zengqesho linefuthe ekuqeshweni kwabafundi abadingekayo kwamanye amaziko. Ngethuba elisusela kowoku-1 kuEpreli ka-2013 ukuya kowama-31 kuDisemba ka-2013, iSebe iWCED lanciphisa inani lootitshala abangenazo izithuba zengqesho abali-156, njengesiphumo sesicwangciso esiyiliweyo sohlengahlengiso lweetitshala.

Imiba yoMgaqo-nkqubo weKhefu lokuNgakwazi kusebenza noMhlala-phantsi othatshelwa iMpilo enkenenkene (Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement) (PILIR) ijonge ukuqinisekisa ukuba eli khefu linikwa kuphela abo bafanelekileyo kulo, yaye akukho kulibaziseka kungeyomfuneko ekuhloleni ukufaneleka kwekhefu okanye akukho zintlawulo zingaphezulu zinikwa abo bangafanelekanga kweli khefu.

Ngethuba elisusela kowoku-1 kuEpreli ka-2013 ukuya kowama-31 kuDisemba ka-2013, bangama-403 abafundi ababenikwe ibhasari yeFunza Lushaka abaye bafumana iziqinisekiso zobutitshala kubafundi abangama-559, nabathe bafakwa baqeshwa ngokuyimpumelelo kwizithuba ezisisigxina, ezethutyana okanye ezababambeleyo okanye ezingeso sigxina ngo-2013.

Ukuqala konyaka wesikolo ngo-2015, iSebe iWCED liye lagxila ekuqesheni ngokusisigxina ootitshala abatsha (abaquka abo bebefunde ngeBhasari iFunza Lushaka). Impumelelo yalo msebenzi wokukhangelwa kootitshala iye yaphelela ekubeni kugqibele ngokuqeshwa ootitshala abatsha abali-1 780. Bangama-2 138 bebonke ootitshala abaqeshwe ngokusisigxina ukuba baqalise ukusebenza ngomhla woku-1 kuJanyuwari ka-2015.

Ngo-2014 kuye kwawikwa ingqwalasela eyodwa kwizibhengezo nokuqeshwa kwamaSekela-Nqununu kunye neeNqununu. Ezi zithuba zibhengezwe kuluhlu ngalunye lwezintlu zezithuba zengqesho zeSebe iWCED nakwizintlu ezikhethekileyo zezithuba zengqesho kwaze yaye bezikuluhlu olubekwa phambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuhamba kwakuhle kwenkqubo yokufakwa kwezicelo. Oku bekuthetha ukuba baye bambalwa abantu abaye babambela kwizithuba zokonyuselwa, kuye kwehla ukusetyenziswa kwabasebenzi ababambeleyo kwatsho kwaphucuka ukuzinza ezikolweni.

Ziye zomelezwa iikhrayitheriya zokuqesha kunye nenkqubo yokuqeshwa kweenqununu. kuye kwasetyenziswa isixhobo sokuHlolwa okuSekelwe ekuKwazini ukwenza (Competency Based Assessment) (CBA) ukuncedisa ekuchongweni kweNqununu ngo-2014/15. Ipesenteji ephezulu yabagqatswa abathathe inxaxheba kwiCBA njengenxalenye yenkqubo yokuKhangela nokuChongwa kwabasebenzi (Recruitment and Selection process) yenze ukuba olu hlolo lube luncedo kuphuhliso ngokolwazi lomsebenzi (professional development). INgxelo enikwa abantu abathathe inxaxheba iye yancedisa ekuphuhliseni kweziCwangciso ezisekelwe kulwazi zoPhuhliso zomntu ngamnye (informed individual Development Plans) zeenqununu ezisandula kuqeshwa. ISebe iWCED liphinde lafumana izicelo ezivela kwiiNqununu esele zisebenza, zokwenza iCBA ukwenzela ukuzancedisa ekuphuhliseni izakhono zokusebenza ngokuphucukileyo kwamaziko abawalawulayo.

ISebe iWCED likwinkqubo yokukhangela iinkcukacha (profiling) zezithuba zengqesho zamaSekela-Nqununu kunye neeNtloko zamaCandelo eziFundo ukwenzela ukwenza isixhobo seCBA sezi zithuba ngo-2015.

Idatha engokuqeshwa kweenqununu ezintsha ekule theyibhile ingezantsi yeyethuba elisusela kowoku-1 kuEpreli ka-2013 – kowama- 31 kuMatshi ka-2014 yaye ibonisa abo baqeshwe kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

IiNqununu ezintsha ngonyaka ngamnye							
IZithili	Inani elipheleleyo lezikolo	2010	2011	2012	2013	2014	Zizonke
Cape Winelands	272	22	20	10	19	25	96
Eden & Central Karoo	219	13	12	9	27	32	93
Metro Central	210	30	14	6	24	38	112
Metro East	146	21	6	10	12	29	78
Metro North	208	16	10	16	14	30	86
Metro South	190	18	8	8	5	25	64
Overberg	83	9	5	4	9	18	45
West Coast	129	13	11	5	15	14	58
Zizonke	1,457	142	86	68	125	211	632

Ingcaciso noNxibelelwano (Information and Communication)

ISistim enguNdoqo yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo (Central Education Management Information System) (CEMIS)

Ngo-2014/15, iSistim yeeNkcukacha zeSebe iWCED (WCED Information System) (CEMIS) iye yaphuculwa nangakumbi ukulungiselela ukuxhasa inamba elandileyo leenkqubo zoshishino ezenziwa ekhompuyutheni (automated business processes). Idlale indima enkulu ekulandeleleni ubhaliso lwabafundi. INGoko ke iCEMIS idlale indima enkulu ekuxhaseni, ekukhokeleni nasekomelezeni ukwenziwa kwezigqibo ngobuchule. Njengoko bekunjalo kwithuba langaphambili, i-CEMIS iye yazixhasa ngokungqalileyo iinkqubo zeemviwo, nolawulo lokuhlola kunye neenkqubo zobhaliso; ngokuxhomekeke ekubeni kusetyenziswe idatha yokuqonda ukufakwa (allocation) kwabasebenzi yaye ibisetyenziselwa iisaveyi ezenziwa kwi-intanethi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa. Ukulandelelwa rhoqo kwamanani obhaliso abafundi ezikolweni kuye kwazinceda zonke iinkqubo zokucwangcisa.

Ngo-2014, i-CEMIS iye yaphinda kwakhona yasetyenziselwa zizikolo ukuodola iincwadi zeCAPS zezifundo nezokusebenzela (CAPS textbooks and workbooks). Le nkqubo yokusetyenziswa kweintanethi iye yaba yimpumelelo ngokumalunga nexesha, umsebenzi owenziwayo kunye nendleko kwakunye nokubeka esweni inkqubela yayo. Izicelo zasekhompuyutheni (automated applications) zokubuyiswa kweentlawulo zokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi kwizikolo ziye zaphuculwa, yaye oko kubangele ukwenzela izinto ekuhlani nangakumbi, ukulawula nokunika ingxelo ngokungaphezulu. Ukwaziswa kwi-intanethi malunga (online notification) zokubekwa kweMimiselo neMigangatho, ukufakwa kwabasebenzi kwizithba zengqesho, kunye neziphumo zokuhlola, nazo ziye zaphucula unxibelelwano nezikolo zaza zazinceda kwizicwangciso zazo. Isixhobo sokuqwalasela izikolo ngeekota (quarterly school monitoring tool) siye sasetyenziswa ngamagosa ezithili ukulandelela inkqubela ngemiba ekhethekileyo exhalabisayo ngokusebenzisa iEduInfoSearch. Izicwangciso zokuphuculwa kwezikolo zika-2014 ziye zafakwa kwiCEMIS. ISebe iWCED liphinde lalinga imodyuli yeeNkcukacha zoLawulo loKwamkelwa kwabaFundi eZikolweni (School Admission Management Information module) kwiCEMIS zaza zanceda izikolo nezithili ngokufaka abafundi ezikolweni ngo-2015.

ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lweSithili (District Management Information System) (DEMIS) nayo iyasetyenziswa kuzo zonke izithili zemfundo ezisi-8 ukwenzela ukucwangciselela nokushicilela iingxoxo eziye zachotshelwa ngethuba lotyelelo kwanokushicilela izivumelwano nemiba efuna ukulandelelwa.

Ngo-2013, iSebe iWCED liye lalinga ukusetyenziswa kwe-automated e-Recruitment system. Zonke izithuba ebezingenamntu ngo-2014/15 ziye zapapashwa ngesistim ekwi-intanethi (online system). Xa kungoku bangama-37 091 abasebenzisi abasele bebhalisile kule sistim yaye bangam-21 470 abasebenzisi abazigcwalisileyo iiprofayile zabo kwisistim.

Unxibelelwano

Amajelo eendaba abonakalise umdla omkhulu kumsebenzi weSebe iWCED ngo-2014/15. Zibe ngama-4 280 iingxelo ezipapashwe kwiifomathi ezahlukeneyo (okushicilelweyo, kwirediyo, nakwithivi) ngezemfundo eNtshona Koloni.

ISebe iWCED liye laqhuba amaphulo apha ekuhambeni konyaka ukukhuthaza abazali nabafundi ukuba bathathe inxaxheba ekuphuculeni iziphumo zokufunda nokunika inkxaso kwiinzame zesebe zokuphucula ufikelelo kwimfundo esemgangathweni.

Bekukho i) iphulo loBhaliso lika-2015 (Enrolment 2015) lokucenga abazali ukuba babhalise abantwana babo kwangoko xa beza kuqala ukuya kwisikolo esiyiprayimari okanye kwisikolo esiphakamileyo, okanye ukuba batshintsha isikolo. ii) Iphulo loLwimi neMathematika (Language and Mathematics campaign) ekuqaleni kuka-2015 eliyebeliqhutyelwa ukucacisela abazali ukuba benze njani ukuncedisa ekuphuhliseni izakhono zabantwana babo ekufundeni, ekubhaleni nakwimathematika. ISebe iWCED lihambise ngaphezu kwe-110 000 yeZikhokelo zaBazali beBanga loku-1 (Grade 1 Parents' Guides) njengenxalenye yeli phulo. iii) ISebe iWCED liye lazisa malunga nonyulo luka-2015 lweebhodi ezilawula ezikolweni ngoFebruwari nasekuqaleni kukaMatshi ka-2015 ukwenzela ukukhuthaza abazali ukuba bazigqatsele unyulo yaye bavote.

La maphulo asebenzise irediyo, iibhlabhodi, amaphetshana, izibhengezo kumaphephandaba asekuhlaleni, ukubhengeza ngokubhala iitekisi ngaphandle kunye nakwimiyalezo yamajelo onxibelelwano (social media messaging).

ISebe iWCED liye lavelisa iindidi ezininzi zezinto ezipapashiweyo ngo-2014/15, kubandakanywa i-"lingcebiso ezikusa empumelelweni" ("Tips for Success") isikhokelo seBanga le-10 ukuya kwele-12; izongezelelo ezincedisa abafundi beMatrikhi ekulungiseleleni iimviwo (Matric Revision supplements) ezinikwa bonke abaviwa abaza kuchophela iimviwo zeNSC; izongezelelo zokunika inkxaso kwiBanga le-10 (Grade 10 support supplements) ezisekelwe kwimibuzo ebuzwa qho kunye nemixholo ephambili (key concepts); i-Citizen's Report; iphephandaba leSebe iWCED, *iEducation Update*; Isikhokelo saBazali seBanga loku-1; nephetshana leendaba labasebenzi eliphuma rhoqo ngeeveki ezimbini (bi-weekly newsletter), *iWCED@work*.

Inani labantu abangena kwiwebhusayithi yeSebe iWCED liqhubekile nokukhula. I-avareji yaqho ngenyanga iye inyuke nge-15% ukusuka kwi-109 312 ngo-2013/14 yaya kwi-126 235 ngo-2014/15. Le webhusayithi iye yatsala umdla kubantu abangaphezu kwezigidi eziyi-1.5 abaye bayityelela ngo-2014/15, xa ithelekiswa nabangaphezulu nje kwezigidi eziyi-1.3 abebeyityelele ngonyaka ongaphambili.

Iwebhusayithi ekwi-intanethi enika inkxaso yabafundi beMatrikhi beSebe iWCED (WCED's online Matric Support) isaqhuba nokutsala umdla. Le webhusayithi iquka unxulumano (links) olwenziwa nezifundo ezifutshane ezingaphezu kwama-3000 ezikuYoutube zeJografi, iMathematika, iPhysical Sciences kunye neLife Sciences. Ezi vidiyo ziye zatsala ababukeli abali-157 870 abebesele bezibukele ngowama-20 kuJanyuwari ka-2015.

IiNkonzo zeeKlayenti zeSebe iWCED (WCED Client Services) zenza iziko lokuFumana ulwazi ngokuya ngeNyawo (Walk-in Centre), iziko labaTyeleli (Visitor's Centre) kunye neZiko lemiNxeba (Call Centre). IWalk-in Centre ifumene iavareji yabatyeleli abangama-2 335 ngenyanga, ngelixa iVisitors' Centre iye yafumana iavareji yabatyeleli abangama-834 ngenyanga. ICall Centre ifumene iminxeba engama-7 708 ngenyanga.

ISaveyi yoKwaneliseka kwabaXumi beSebe iWCED (ECED Customer Satisfaction Survey) iye yaqhutywa unyaka wesithandathu ngo-2014. Isampule ebisenziwa kuyo isaveyi ibisisiqingatha sazo zonke izikolo zephondo, nto leyo ibisenzeka okokuqala. Kwiminyaka emihlanu edlulileyo bekusenziwa isampule yomyinge wesihlanu esinye (one fifth) sezikolo ngonyaka. Kunyaka ngamnye, kuquka u-2014, imibuzo yophando (questionnaire) ibigcwaliswa ngootitshala abahlanu, abakumanqanaba ohlukeneyo ezithuba zengqesho, kwisikolo ngasinye.

Xa iyonke le milinganiselo (ratings) ibonisa ukuphucuka okuqhubayo kumanqanaba endlela ekucingwa ukuba zinikwa ngayo iinkonzo, ukususela oko kwaqhutywa isaveyi yokuqala.

Abaphenduleyo ngokwesikhundla ngasinye somsebenzi ngo-2014		
Isikhundla somsebenzi	Zizonke	%
Inqununu	393	23%
ISekela-Nqununu	239	14%
INTloko Candelo leziFundo	337	19%
UTitshala oPhezulu	165	10%
UTitshala	533	31%
Omnye	64	4%
	1731	100%

Abaphenduleyo ngokweminyaka yaMava ngo-2014		
Udidi lwamava	Abasebenzi	%
Ngaphantsi kweminyaka emi-5	132	8%
Iminyaka emi-5 - 10	157	9%
Iminyaka eli-11 - 19	250	14%
Iminyaka engama-20 - 30	725	42%
Ngaphezu kweminyaka engama-30	467	27%
Xa bebonke bedibene	1731	100%



Ukumelwa kukuphendula

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula okubonakaliswe ziingcaciso zemisebenzi (job descriptions) zawo kunye nezivumelwano zentsebenzo (performance agreements). AmaGosa akwaNdlunkulu athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izikolo nezithili zemfundo zithweswe uxanduva lokuphendula malunga nenkxaso emayinikwe nangendlela abaqhuba ngayo abafundi.

NgoFebruwari ka-2014 nango-2015, zonke izikolo zigcwalise iziCwangciso zokuPhucula iZikolo (School Improvement Plans) (SIPs) ebezicwaliswa kwi-intanethi, zinethagethi yeminyaka emi-3. Ezi SIP zicacisa amanyathelo aya kuthathwa sisikolo ngasinye ukufezekisa iithagethi ezibekwe kwiSIP yaso. Ixabiso lesicwangciso sophuhliso esenziwa kwi-intanethi lelokuba zonke izikolo zigxininisa kungenelelo loncedo lophuculo oluphambili (key improvement interventions). IiSip zikwayinxalenye yendlela yokumelwa kukuphendula (accountability system), nanjengoko abo basayina esi sicwangciso iyinqununu, iSGB neSebe iWCED.

Ngo-2014, iSebe iWCED liye laqalisa inkqubo yoQwalaselo loPhuculo lweZikolo (School Improvement Monitoring) olwenziwa ngekota, olunxulumene neziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (School Improvement Plans). I-SIM ka-2014/15 iye yandelela ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo (textbooks) neencwadi zokusebenzela (workbooks) kunye nemiba ephambili yokufumana izixhobo ezincedisa ukuqhuba kakuhle komsebenzi wesikolo. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwi-intanethi, idatha inokufunyanwa yaye isetyenziselwe ukunika inkxaso ekhawulezileyo. Ngokukodwa, idatha yenza ukuba iSebe iWCED lihlale linolwazi ngokusiwa kweencwadi zokusebenzela (workbooks) kunye neencwadi zezifundo (textbooks) ezikolweni.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kwandiswe ngeendima zokongamela ezidlalwa liSebe likaNondyabo wePhondo nokaZwelonke (Provincial and National Treasury) . Onke amacandelo aphantsi kweSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundo esiSiseko okanye iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho) (Higher Education and Training) apho kugcinwa khona iingxelo ezilandelelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo lokuza kwenziwa. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeWCED ezithi zilandelelwe ngenkqubo ye-Provincial Dashboard kunye ne-toolkit yeeprojekthi zeonline Biz. Iinkqubo zophicotho lwangaPhakathi nolwangaPhandle (Internal and External Audit processes) zilawula iinkqubo zolawulo zize zincedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendlela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kuhleli kubudlelwane obumiselweyo obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke elijongene neziphumo zokufunda. Eli qumrhu linika isiqinisekiso seziphumo zeSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke. Umsebenzi wabo uquka ukumodareyithwa kweenkqubo zokuhlola nezeemviwo eNtshona Koloni.

Ngokufanayo nawo onke amanye amasebe karhulumente kwilizwe ngokubanzi, iSebe iWCED liye lathatha inxaxheba kwinkqubo yokubeka esweni kazwelonke, isiXhobo sokuHlola ukuSebenza kwabaLawuli (Management Performance Assessment Tool) (MPAT) enamacandelo ama-4 olawulo: UCwangciselu lokuSebenza (Strategic Planning), imiCimbi yabaSebenzi (Human Resources), ukuLawula noThatha uXanduva (Governance and Accountability) kunye noLawulo lwezeMali (Financial Management). I-MPAT ijonge ukujonga ukuba amasebe akayilandeli na imimiselo, ayayilandela na okanye asebenza kakuhle kwezi nkalo. ISebe iWCED ifumene amanqaku akwinqanaba lesibini ngobuphezulu kuzwelonke kwicandelo lo-"Lawulo nokuthatha uXanduva" ("Governance and Accountability" (kumasebe amakhulu).

Iprogram yoVavanyo lweSikolo Siphela (Whole School Evaluation), eqhuba iintsuku ezi-3 okanye ezi-5, ngokuxhomekeke kubungakanani besikolo, isekelwe kwiinkalo ezilithoba ezihlolwayo ezicaciswe kumgaqo-nkqubo weWSE: Ukusebenza kweSikolo okungundoqo; ubuNkokeli, ulawulo nonxibelelwano (management and communication); ukuPhatha nobudlelane (Governance and relationships); uMgangatho wokufunda nokufundisa nophuhliso lootitshala (Quality of teaching and learning and educator development); uKufundiswa kweKharithulam nokunikwa kwezixhobo (Curriculum provisioning and resources); ukuPasa kwabafundi; Ukhuseleko lweZikolo, uKhuseleko nokuziphatha; iZiseko zoPhuhliso zeSikolo (School infrastructure) naBazali nabahlali (Parents and community). Izikolo zinikwa iikhowudi ngokwemilinganiselo (ratings) yeWSE. Zili-127 izikolo ezihlolwe ngo-2014/15. Okufunyanisiweyo kuye kwasasazwa kuluhlu lweengxelo ezongeza kwiingxelo ezinzulu ezizimeleyo, ezinikwe eso sikolo kuthethwa ngaso.

Konyulwe iBhunga lezeMfundo (Education Council), lokunika uMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni iingcebiso malunga nezemfundo, elonyulwe ngokweMimiselo enxulumene neBhunga lezeMfundo kwiPhondo leNtshona Koloni (The Regulations relating to the Education Council for the Province of the Western Cape). Ngo-2014 eli Bhunga liye ladibana amaxesha amane laza lanika iingcebiso umphathiswa wephondo kunye neSebe iWCED kwimiba ephathelele kwezemfundo, kuquka imithetho nemimiselo. Eli Bhunga liye laligqiba ithuba ebelonyulelwe lona ekupheleni kuka-2014. Kukhethwe ibhunga elitsha ngokwale mimiselo, yaye sele yenziwe intlanganiso yokulibeka ngokusesikweni.

IiNjongo eziCwangciswe ngobuC hule (Strategic Objectives)

IProgram 1					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	IThagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM 101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa iisistim zolawulo lokuphathwa kwezikolo (school administration management system) (esekhompuyutheni) ukunika idatha kwisistim kazwelonke yokulandelela abafundi (national learner tracking system)	1 459	1531	1524	-7	Kuba esi salathi silinganisa ukusetyenziswa kwesistim zizikolo ezinabafundi ababhalisiweyo (registered learners) kuphela ekunokunikwa ingxelo yazo. Bezilithoba izikolo ebezibhaliswe ngokusesikweni kodwa bezingenabafundi ekupheleni konyaka-mali. Ibizezi: Izikolo ezi-4 zezibhedlele (Red Cross, iGroote Schuur, iTygerberg neMaitland Cottage Home), izikolo ezi-4 eziqhelekileyo zikarhulumente ezingenabafundi (iBlouville Primary, iVleesbaai NGK Primary, iLangedoc VGK Primary, iVergelegen VGK

IProgram 1					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	IFhagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukufhantsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
					Primary) kunye nesikolo esineemfuno ezizodwa zemfundo (iEureka Jeugsentrum). Isikolo esi-1 esivaliweyo (iCamps Bay Preparatory). Esinye isikolo esitsha esineemfuno ezizodwa zemfundo (iLangerugskool) nezikolo ezitsha eziqhelekileyo zikarhulumente (iProtea Heights Academy, iVan Wyksvlei Primary School, iHighbury Primary School, iProtea Heights Primary School, iParliament Street Primary) ezivulwe ngeli xesha lale ngxelo. Zingama-67 izikolo ezineemfuno ezizodwa zemfundo zize zibe li-1457 izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezisebenzisa le sistim - zili-1524 zizonke. I-100% yezikolo ezivuliweyo zisebenzisa isistim yekhompyutha (electronic system) ukufaka idatha kwisistim kazwelonke yokulandelela abafundi (national learner trackign system).
PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (ngeimeyile)	1 459	1531	1524	-7	Jonga kule ngcaciso ingentla. I-100% yezikolo ezivuliweyo kungaqhagamshelwana nazo ngeimeyile.
PPM103: Ipesenti yenkcitho yangoku (current expenditure) kwezemfundo emalunga nezinto ezinganxulumene nabasebenzi (non-personnel items)	21.52%	23.11%	19.42%	- 3.69%	Akufikelelwanga kwithagethi ngenxa yesixa esikhulu sebhajethi esisetyenziselwe ukubuyiselwa kweentlawulo ebangelwe ubukhulu becala luphuculo lohlengahlengiso lweemeko zengqesho neye yangaphezulu kunolo belulindelekile, ngokunjalo nokukhula kwenani lwezithuba zootitshala.

IProgram 1					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukufshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselw eyo kuyiwe kwEyona	Izimvo malunga notshintsho
PPM 104: Inani lwezihlandlo zotyalelo olwenziwa nguMlawuli weSekethe ezikolweni	Ezitsha	9 845	9471	374	Izihlandlo ezingama-374 zotyalelo obelulungiselelwe ukwenziwa ezikolweni ziye zarhoxiswa okanye zahlehliswa. Ezinye izihlandlo zotyalelo ezongezelelweyo ziye zenziwa ezikolweni ebezineemfuno ezingxamiseke kakhulu.

Izalathi zentsebenzo

Azikho

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

Oku kulandelayo zizicwangciso eziphambili zeSebe iWCED zokulungisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo:

- Ukubonelelwa ngezithuba eziqinisekisa ukuba ootitshala bafakwa kwizikolo zokubangqamanisa neemfuneko zezo zikolo.
- Ukukhangela, ukuchongwa nokuqeshwa kweenqununu (uqwalasela ukuphucula iikhrayitheriya noqeqesho lweSGB ngokumalunga noku; amathuba oqeqesho abo banqwenela ukuba ziinqununu)
- Ukuqwalasela ukuqeshwa nokunikwa inkxaso kweNtloko zeZifundo namaSekela-Nqununu ezikolweni
- Uqeqesho lweelitshala namagosa njengoko kuyimfuneko
- IziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (School Improvement Plans), iziCwangciso zoPhuculo lweZithili (District Improvement Plans) noQwalaselo loPhuculo lweZikolo (School Improvement Monitoring)
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweenkqubo ze-intanethi (online) ukulungiselela ukukhawulezisa ukuqeshwa ngokukhawuleza kwizithuba nokunikwa kweenkonzo
- Inkqubo yokuxolelwa kwintlawulo yeefizi kwizikolo ezikumaNqanaba 4 no- 5
- Uncedo kwizikolo ngokumalunga netyala likamasipala
- Iyunithi yolawulo lwangaphakathi emayibonelele ngengxelo ngokuQhubekayo kubaphathi ngokumalunga nokungathotyelwa kwemimiselo
- Ukuhlolwa kweenkqubo zokwenziwa komsebenzi njengoko kuyimfuneko
- Ukuqinisekisa uphuculo lomgangatho oluQhubekayo ekusetyenzisweni kweenkqubo zokuchongwa kwabathengisi nokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente
- Ukuhlaziya kwazo zonke iirejista zeeasethi qho ngekota

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukuxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 1 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukulawulwa kwabasebenzi beSebe iWCED, ukukhangelwa kootitshala kunye nabasebenzi bakarhulumente, uphuhliso lwabasebenzi kunye nolawulo lwentsebenzo, intlalo-ntle yabasebenzi kunye nobudlelwane phakathi komqeshi nabasebenzi.
- IsiCwangciso soBuchule seSebe iWCED, iingxelo zekota ezimalunga nokuma kweziko eli, nendlela eziqhuba ngayo izikolo neNngxelo yoNyaka yeSebe iWCED
- Ukwenziwa kwamaxwebhu ezicwangciso zezemali nawokunika ingxelo, kuquka iiNgqikelelo zeNgeniso neNkcitho yePhondo (Estimates of Provincial Revenue and Expenditure) (EPRE), iingxelo zoqwalaselo olwenzeka lwaphakathi enyakeni (in-year monitoring) (IYM) olwenzeka qho ngenyanga, neengxelo-mali zethutyana nezonyaka (interim and annual financial statements).
- Ukuthengwa kwee-asethi, iimpahla neenkonzelo
- Ukulungiswa kwerejista yee-asethi zeSebe iWCED
- Iintlawulo eziya kubathengisi zingadlulanga iintsuku ezingama-30
- Ukulungiswa nokuphuhliswa nangakumbi iSistim engundoqo yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo (Central Education Management Information System)

Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiw o-mali lokugqib ela	Inkcitho Eyayo	Inkcitho (eGqithis ileyo) / eNgaph antsi	Ulwabiw o-mali lokugqi bela	Inkcitho Eyayo	Inkcitho (eGqithi sileyo) / eNgaph antsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
1.1 IOfisi yomPhathiswa wePhondo (MEC)	6,504	6,504	-	6,117	6,117	-
1.2 IiNkonzo zeNkxaso (Corporate Services)	264,120	264,120	-	238,351	238,351	-
1.3 ULawulo lwezeMfundo	361,789	356,751	5,038	285,673	277,078	8,595
1.4 Uphuhliso lweZakhono zaBasebenzi	1,330	1,330	-	20,699	20,699	-
1.5 ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo (Education Management Information System) (EMIS)	32,916	32,916	-	28,904	28,904	-
Iyonke	666,659	661,621	5,038	579,744	571,149	8,595

4.2 IProgram 2: Imfundo kwizikolo zikarhulumente

Injongo

Ukunika imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kwiBanga loku-1 ukuya kwiBanga le-12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act), 1996 noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) emalunga nemfundo equkanisayo.

Iprogram yezeMfundo kwiZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo⁶:

Iprogram esekelayo 2.1: IZikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente

Ukunika izikolo eziziiprayimari ezikhethekileyo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifunekayo kwinqanaba leBanga loku-1 ukuya kwelesi-7.

Iprogram esekelayo 2.2: IZikolo eziziSekondari zikaRhulumente

Ukunika izikolo ezizisekondari ezikhethekileyo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifunekayo kwinqanaba leBanga lesi-8 ukuya kwele-12.

Iprogram esekelayo 2.3: Uphuhliso lweCandelo lezabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uphuhliso lwezemfundo nolunye uphuhliso kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Iprogram esekelayo 2.4: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 2 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (conditional grants).⁷

Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 2 Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)	
Iinjongo eCwangciswe ngobuChule 2.1	Ukuqinisekisa ukuba ootitshala baxhotyiselwe ukufundisa ngokuthi baye kuphuhliso loqeqesho oluQhubekayo
Iinjongo eCwangciswe ngobuChule 2.2	Ukuqinisekisa ukuba ziyaphuculwa iziphumo zolwimi nemathematika ngokusa ezona zixhobo zizezona zininzi (ezingabasebenzi neziyimali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo.
Iinjongo eCwangciswe ngobuChule 2.3	Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo lwezikolo
Iinjongo eCwangciswe ngobuChule 2.4	Ukuqinisekisa ukuba iklasi nganye iineteksti ezininzi.
Iinjongo eCwangciswe ngobuChule 2.5	Ukunika iiprogram zokutya namanye amanyathelo okulwa nentlupheko nawokhuseleko athagethiweyo
Iinjongo eCwangciswe ngobuChule 2.6	Ukuqinisekisa ukuba kuziswa ootitshala ukwenzela ukuba kungqinelwane neempawu eziboniswa ngamanani abemi (demographic trends) kwezo ndawo bakuzo.

⁶ Iiprogram ezisekelayo ziyinxalenye yetemplethi yamacandelo kazwelonke yaye ziziintlelo zenkxaso-mali yeSebe likaNondyabo (Treasury fund categories). Iimali ezikwiProgram 2 zinikelwe ukujongana nebhajethi engundoqo kwiSebe iWCED yaye iquka imivuzo yootitshala, iziseko zophuhliso (infrastructure) kunye neendleko zokunikwa kwezixhobo (resourcing) kunye nenkqubo yokutyiswa kwezikolo.

⁷ Iinkonzo zasesikolweni zezemidlalo, ezenkcubeko nezamajelo osasazo azibandakanywa njengeprogram esekelayo nanjengoko eNtshona Koloni lo msebenzi ungena phantsi kweSebe lezobuGcisa, iNkcubeko nezemiDlalo

linjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

Amanani obhaliso lwabafundi

Le theyibhile ingezantsi ibonisa ukunyuka okupheleleyo okungama-65 386 kumanani abafundi kumjikelo weminyaka eli-12 (2003 - 2014). Into eqaphelekileyo kukukhula okukhulu ekubhalisweni kwabafundi beBanga loku-1 kweli thuba kunye nokuphucuka kokugcineka kwabafundi besesikolweni phakathi kweBanga le-10 nele-12.

Owona mba mnye mkhulu ufuthela lonke ucwangciso nolungiselelo (provisioning) kwezemfundo ngulowo wokubhaliswa kwabafundi. Ukwanda kwamanani obhaliso lwabafundi kule minyaka yakutsha nje kukhokelele kuxinzelelo olukhulu lwendawo yokufundela nabasebenzi kwiindawo ezithile. Kwangaxeshanye kubekho ukungazinzi kwamanani kwezinye iindawo zephondo.


Ukukhula kwamanani kwisiGaba esisisiSeko, okunxulumene nezinga eliphezulu lenzala kunye nabafundi abafudukela kweli phondo, zizinto ezibangela uxinzelelo ekunikweni kweetitshala, iindawo zokufundela (facilities) kunye nezixhobo zokuhlangabezana nale mfuneko. Kwangaxeshanye, ukuphucuka kokupasa kwabafundi kwisiGaba seFET kufuna ootitshala bokufundisa kwizifundo ezikhethekileyo (specialised subjects).

Ukwenzela ukomeleza ucwangciso, iSebe iWCED lisebenzise idatha yeSaveyi yamaKhaya Jikelele (General Household Survey data) kunye nokucacululwa kwezinye izinto ezibonakala kule datha ukwenzela ukuncedisana nezo ngqikelelo zobhaliso lwabafundi eziyinxalenye engundoqo yokuqhuba iinkonzo zezemfundo kweli phondo.


UNyaka	Bng 1	Bng 2	Bng 3	Bng 4	Bng 5	Bng 6	Bng 7	Bng 8	Bng 9	Bng 10	Bng 11	Bng 12	Bebonke
2003	86 916	82 454	75 931	66 033	82 383	92 341	84 514	81 154	73 200	81 739	51 746	39 644	898 055
2004 ⁸	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	87 650	85 972	89 828	80 443	77 811	73 106	65 347	78 926	80 595	83 529	57 536	40 198	900 941
2007	92 818	82 562	83 914	89 973	78 674	78 021	72 733	66 406	80 697	86 495	61 938	42 624	916 855
2008	91 853	83 267	79 454	85 891	87 116	78 290	76 146	71 410	72 914	79 133	63 819	43 470	912 763
2009	93 601	82 158	80 385	83 150	82 382	85 621	76 262	75 227	79 795	68 405	60 812	45 692	913 490
2010	98 086	83 046	79 155	84 234	80 290	81 402	82 777	75 426	85 114	70 630	53 799	44 876	918 835
2011	100 423	85 216	79 489	83 490	80 205	79 022	78 207	81 312	84 957	73 470	56 995	38 990	921 776
2012	103 444	88 536	81 415	83 922	79 900	78 384	76 432	77 561	90 815	72 714	58 758	43 111	934 992
2013	104 678	93 506	85 762	85 599	79 210	78 437	76 238	75 528	87 132	78 812	56 109	46 035	947 046
2014	106 917	97 647	89 385	90 617	81 441	76 690	74 727	76 000	82 714	75 838	64 619	46 846	963 441

UMthombo weDatha: 2014: Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners).


⁸ Iipatheni zamanani obhaliso zichatshazelwa lutshintsho kwinqanaba likazwelonke, kwiBanga loku-1 umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi esikolweni ngo-2000, owavumela ukuba izikolo zibhalise kuphela abafundi abaneminyaka esixhenxe kubhaliso lokuqala. Ngenxa yoku amanani obhaliso eBangala loku-1 aba ngaphantsi kuneminyaka edlulileyo. Ekubeni kutshintshwe iimfuno zeminyaka yobhaliso kwakhona ngo-2004, kwabuyela kwiminyaka yangaphambili, kubekho ukunyuka kumanani obhaliso kwakhona. Oku kubonisiwe kule theyibhile.




Ukufudukela kwabantu kuhlala kusiba negalelo elibonakalayo kumanani obhaliso kuze kufake noxinzelelo kwiindawo zokufundela zabafundi.



Amazinga okupasa ango-2014 abonisa ifuthe elihle lobuchule bokuphucula abafundi abapasayo. Ngokukodwa kula mabanga mabini anelona zinga liphezulu lokuphinda ibanga, iBanga loku-1 nele-9, liye laphucuka izinga lokupasa.



Ngo-2014 amanani obhaliso abonisa uphuculo kumanani abafundi ababhalisela iBanga le-12 njengepesenti yenani leqela elinye nelo belibhalisele iBanga le-10. ISebe iWCED ligxile kakhulu ekugcinweni kwabafundi besesikolweni. Amanyathelo ajonge ukugcina abafundi besesikolweni aquka ukuqwalaselwa kokukhethwa kwezifundo ekupheleni kweBanga le-9, ukunikwa ingcebiso ezingcono malunga neentlobo zamakhono omsebenzi ezinokukhethwa kunye nokukhetha ikhono elithile, nokomelezwa kwenkxaso kwizifundo okunikwa kwinqanaba lezikolo eziphakamileyo. Izikolo nezithili zimisele iithagethi ezingqalileyo zokwandisa amanani abafundi abapasayo namanani abafundi ababuyela esikolweni kunyaka olandelayo.



IziPhumo zeeMvavanyo

Izikolo zaseprayimari


Zimbini iiseti zeemvavanyo zenkqubo (systemic tests) zoLwimi nezeMathematika ezikolweni zaseNtshona Koloni - iimvavanyo zaseNtshona Koloni kunye noHlolo lonyaka lukaZwelonke (Annual National Assessments) (ANAs).

ISebe iWCED lilandelela umgangatho wemfundo yeZikolo zasePrayimari lisebenzisa inkqubo yokuvavanywa kwenkqubo (systemic testing) kweBanga lesi-3, 6, nele-9 kuLwimi nakwiMathematika. Ezi mvavanyo ziquka imiba emiselweyo (standardized items) nokubhala okwandisiweyo kwabafundi kwabafundi (extended learner writing) yaye zisetwa zikwalungiselelwa ngaphandle.

Iimvavanyo ezilungiselelweyo zeSebe iWCED bezibhalwa ngoOkthoba ka-2014 yaye iziphumo ziye zathunyelwa ezikolweni kwiveki yokuqala yekota yokuqala yokuvulwa kwezikolo ngo-2015. Ezi ziphumo ziye zasetyenziswa zizikolo ukucwangcisa izifundo zazo zonyaka kwanokwenza iziCwangciso zazo zoPhuculo lweSikolo kwaneethagethi zabo. Ngaphezulu, ezi ziphumo ziye zasetyenziswa zizithili xa zicwangcisa inkxaso efanelekileyo yezikolo.

IziPhumo zeeMvavanyo ezilungiselelweyo zeBanga lesi-3, 6, nele-9 zaseWCED zango-2014- IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
	IBanga lesi-3		IBanga lesi-6		IBanga le-9	
	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi
Ababhalileyo	85 623	85 610	72 214	72 198	71 345	71 266
Abapasileyo	46 236	36 299	21 953	27 363	10 630	33 923
I-% yabapasileyo	54%	42.4%	30.4%	37.9%	14.9%	47.6%
AmaNqaku anguMyinge	52%	45%	41.4%	43.2%	28.7%	50.3%

Iziphumo zeemvavanyo zango-2011-2014 zibonise ukuzinza (modest) kodwa zisiya ziphucuka kwiziphumo zeMathematika kwiBanga lesi-6 nele-9. Ukuhla kweZinga lokuPasa kuLwimi ngo-2013 kuphinde kwabuyekezwa ngo-2014 ngokunyuka ngo-5.4% kwiBanga lesi-3 nango-8.4% kwiBanga lesi-6.



ukususela ngo-2009 iDBE yenze iimvavanyo ezilungiselelweyo zeBanga loku-1 - 6 nele-9, ezibizwa ngokuba uHlolo loNyaka lukaZwelonke (Annual National Assessments). Ezi mviwo zisetwa ngaphandle kodwa zilungiselelwe zize zimakishwe zizikolo. Iimvavanyo ziimvavanyo zokukhetha impendulo phakathi kwezinye.


Uhlolo loNyaka lukaZwelonke luye lwabhalwa ngoSeptemba eMzantsi Afrika jikelele. Zili-1 458 izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente, zingama-83 izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngurhulumente zize zibe li-17 izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa eziye zathatha inxaxheba eNtshona Koloni. Uhlolo loNyaka lukaZwelonke luka-2014 lubhalwe ngabafundi abangama-612 276 beBanga loku-1 - 6 nele-9. Amaphepha amakishwe ngootitshala ezikolweni, kwaza emva koko kwaphinda kwamakishwa amaphepha amathathu kwisifundo ngasinye kwiklasi nganye yesikolo ngasinye ngootitshala abebedibene kwindawo enye.

I-DBE iqeshe iiarhente yokuphonononga yangaphandle (external evaluation agency) ukuba inike ingxelo malunga nokuthembeka kwamanqaku eANA. ENtshona Koloni kukhethwe izikolo ezingama-246 njengezikolo "zokuQinisekisa uANA" ("Verification ANA" schools). Kumakishwe ngokuzimeleyo amaphepha abafundi abangama-25 kwisifundo ngasinye kuso ngazinye kwezi zikolo zingama-246 bezikhethiwe, amanqaku afakwa yiarhente yokuphonononga yangaphandle. Iziphumo ziye zaxelwa kwingxelo yonyaka njengenxalenye yobuchule bokumisela nangakumbi uhlolo.

Iziphumo zika-2014 (iPesenti eyiAvereji) zoHlolo loNyaka lukaZwelonke zinikwe kule theyibhile ingezantsi:

	WCED 2014 ULwimi	ULwimi lwaseKhaya lukaZwelonke ngo-2014	WCED 2014 IMathematika	IMathematika kaZwelonke ka-2015
IBanga loku-1	68.4	63.2	71.9	68.4
IBanga lesi-2	67.0	61.1	63.0	61.8
IBanga lesi-3	57.9	56.2	60.5	55.5
IBanga lesi-4	57.6	56.5	41.9	37.3
IBanga lesi-5	58.5	57.1	45.2	37.3
IBanga lesi-6	64.8	62.7	50.9	43.1
IBanga le-9	49.5	48.3	13.0	10.8

Olu thelekiso lubonisa ukuba iziphumo zeSebe iWCED zingaphezulu kancinci kwiavereji kazwelonke yaye ziqhubeka zilolo hlobo. Oku kuboniswa ngemifanekiso (graphic version) kwedatha kukwabonisa ukungalingani kweemvavanyo zamabanga ngamabanga.



ISatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke

Uthelekiso lweziphumo zeNSC zeWCED zango-2009 - 2014						
UNyak a	Ababha lileyo	Abapasil eyo	I-% yokup asa	Abapasele isiDanga	I-% yabapasele isiDanga	Izikolo ezinereyithi yokupasa e- <60%
2009	44 931	34 017	75.7	14 324	31.9	85
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26
2013	47 636	40 558	85.1	19 477	40.9	23
2014	47 709	39 237	82.2	18 524	38.8	31

U-2014 ibingunyaka wesixhenxe weemviwo zeSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke (NSC). ISebe iWCED ifumene ireyithi yokupasa eyi-82.2%. Kuphumelele abaviwa abangama-39 237, apho abali-18 524 bapase ngendlela ebibavumela ukuba bafunde iprogram yeSidanga. Abafundi abangama-11 265 bayipasile iMathematika baza abangama-7 865 bapasa iPhysical Sciences.

ISebe iWCED iza kuqhuba nokugxininisa kumanani abafundi ababhala baze baphumelele iimviwo zabo zeSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke. IziCwangciso zoPhuculo lweziThili zigxile kule nto yaye zineendlela nezicwangciso zokwenza zokuxhasa ukuba babe baninzi abafundi abahlala esikolweni de bafikelele kwiBanga le-12.

UPhuhliso looTitshala

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS) iqalisiwe kwiBanga lesi-7-9 nakwele-12 ngo-2014, yaye iSebe iWCED inike ootitshala uqeqesho kwibanga ngalinye. Ngo-2014, inkxaso yesithili iye yagxila kwizikolo neetitshala ezidinga uncedo kakhulu.

Ootitshala

Lonke uqeqesho lootitshala luxhaswa yiprogram yenkxaso eqhubeka eklasini.

ULwimi neMathematika

Ngo-2009 iSebe iWCED liqalise isicwangciso soqeqesho nenkxaso esilungiselelwe ulwimi neMathematika. Le program, eyenzelwa ootitshala beBanga loku-1 – 6 iye yaqhutywa ngolu hlobo lulandelayo:

Unyaka woku-1 (2009): izikolo zokuqala ezingama-250	IQela loku-1 (izikolo ezili-125) uQeqesho kwiNyumeresi olwenziwe ngeeholide zikaJuni IQela lesi-2 (izikolo ezili-125) uQeqesho kwiLitheresi olwenziwe ngeeholide zikaJuni Inkxaso eqhubekayo ezikolweni (izikolo ezingama-250) lincwadi zamabali neeLTSM (izikolo ezingama-250)
Unyaka wesi-2 (2010): izikolo zokuqala ezingama-250 ezikunyaka wesibini woqeqesho	IQela loku-1 (izikolo ezili-125) uQeqesho kwiLitheresi olwenziwe ngeeholide zikaJuni IQela lesi-2 (izikolo ezili-125) uQeqesho kwiNyumeresi olwenziwe ngeeholide zikaJuni Inkxaso eqhubekayo ezikolweni (izikolo ezingama-250) lincwadi zamabali neeLTSM (izikolo ezingama-250)
Unyaka wesi-6 (2014): izikolo zesithathu ezingama-250	IQela lesi-5 (izikolo ezili-125) uQeqesho kwiMathematika olwenziwe ngeeholide zikaJuni IQela lesi-6 (izikolo ezili-125) uQeqesho kuLwimi olwenziwe ngeeholide zikaJuni

IProgram yoLwimi neMathematika eyenziwe ngo-2014 inike izikolo zaseprayimari ezingama-250 uqeqesho olungqingqwa kunye nenkxaso yasesikolweni. Le nkxaso ibiquka iindlela zokufunda (reading scheme), izixhobo zokuncedisa ekufundweni nasekufundisweni imathematika (mathematics equipment) kunye nezinye iimathiriyeli.

Ootitshala besiGaba esisisiSeko, isiGaba esiPhakathi nesiGaba esiPhezulu banikwe iikhosi zoqeqesho ezingama-35 kunye neesemina neenkomfa ezili-12 ebeziqhutyelwa eCape Teaching and Leadership Institute (CTLE). Ukongeza kuqeqesho loLwimi neMathematika, kuye kwakho iikhosi zeMfundo eQukanisayo (Inclusive Education), ukusetyenziswa kweICT kunye noqeqesho lwaLawuli beZikolo (School Management). Bali-1 702 ootitshala abaye kwezi khosi zethuba leveki ukuya kwezimbini kulo nyaka-mali. Babe ngama-3 220 bebonke ootitshala abafumene uqeqesho kwiikhosi, iisemina neenkomfa ze-CTLI kulo nyaka-mali.

AbaLawuli beZikolo (kuquka neenqununu)

Ngo-2014 iSebe iWCED linike uqeqesho nenkxaso kubalawuli bezikolo abangenamava, abadinga ukuxhaswa nangakumbi (mentoring), okanye abo bazimisele ukuqhubeka nokuziphuhlisa ngokwasezifundweni. Iikhosi zabalawuli bezikolo ziye zagxininisa kwizihloko ezabandakanya iiNdima neMisebenzi yamaSekela-nqununu (Roles and Responsibilities of Deputy Principals), iiNdima neMisebenzi yeeNtloko zamaCandelo eziFundo (Roles and Responsibilities of Heads of Departments), iiNqununu ezibonisa umdla nolangazelelo (Aspiring Principals), iiNkokeli zeZikolo ezibonisa umdla nolangazelelo (Aspiring School Leaders), uQhelaniso lweeNqununu ezisanda kuqeshwa (Induction of Newly Appointed Principals), uqeqesho lweeKomiti zoLawulo lweZikolo (School Management Teams) naBasetyhini abaNgena baPhathe kwiZikhundla zoLawulo nezobuNkokeli (Women In and Into Management and Leadership Positions).

IProgram yeZakhono zaseMsebenzini (Workplace Skills Programme)

Kubekelwe bucala imali elingana ne-1% kwimali yemivuzo (payroll) yeSebe iWCED, ngokwesiCwangciso seZakhono zaseMsebenzini (Workplace Skills Plan) ukuphucula izakhono nobuchule babo bonke abasebenzi beSebe iWCED. Bangama-12 516 abasebenzi abaxhamle kwiikhosi ezimfutshane nolunye uqeqesho ngo-2014/15.

Iziqinisekiso zemfundo ezivunyiweyo (Accredited qualifications)

Iikhosi zokufundiswa apho kuthagethwa okuthile (targeted formal courses), ezifana ne-Advanced Certificate in Education (ACE) ezigxininisa kuBunkokeli eSikolweni ziye zasiwa kumaziko emfundo aphakamileyo. Ezi khosi ziye zaxhaswa ngemali liSebe iWCED zisenzela ukuphucula umgangatho wobunkokeli nolawulo ezikolweni. Baye bali-114 ootitshala abaye babhalisela iACE ngo-2014/15.

INkxaso eNikiweyo

Ezemali

Iimali ebekelwe iMimiselo nemiGangatho (*Norms and Standards*) yolwabiwo-mali ezikolweni zilinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abangathathi ntweni zabelwe imali engaphezulu.

Kwixa elingaphambili, izikolo ezikumaNqanaba 1 - 3 zifumene imilinganiselo ehambelana nokuhlupheka (pro-poor weighting). Izixa “ngomfundi ngamnye” ezihlawulwe izikolo zikarhulumente kumaNqanaba kaZwelonke (National Quintiles) 1, 2 no-3 ziye zenziwa zalingana ukususela ngo-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no-3 ziye zafumana isixa-mali sifanayo nesezikolo eziku-NQ 1.

Izabelo zeethagethi zikazwelonke			
	2013/14	2014/15	2015/16
INqanaba 1	R1 010	R1 059	R1 116
INqanaba 2	R1 010	R1 059	R1 116
INqanaba 3	R1 010	R1 059	R1 116
INqanaba 4*	R 550	R 831	R 879
INqanaba 5*	R 239	R 317	R 335
* <i>lindleko eziphakathi kuzo zonke izikolo</i>			

Imeko yeefizi	Inani elipheleleyo lezikolo
Ezingabizi fizi	885
Izikolo ezibiza iifizi	570
Xa zizonke zidibene	1 455⁹

Enye yezinto ezibalulekileyo ezibe ntsha ngo-2014 ibe kukwanda kweprogram yezikolo ezingabizi fizi. Izikolo ezingama-216, ezinabafundi abangama-172 541, ezikwiNqanaba 4 no-5 ziye zaba zizikolo “Ezingabizi Fizi” , kuba ziye zafaka izicelo zokubekwa kwimeko yokungabizi fizi.

Izikolo ezibiza iifizi zesikolo zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo apho bangenako ukuhlawula iifizi abazali abaxolelweyo ekuhlawuleni iifizi. Ngo-2014, zizigidi ezingama-R44 ezihlawulelwe ukuxhasa ukuxolela abafundi abangama-104 657 bezikolo ezingama-713 ukuba bangazihlawuli iifizi.

⁹ Qaphela ukuba izikolo ezitsha zilungiselelwa (accounted for) ngokwahlukileyo

Iiteksti, kubandakanywa neencwadi zokusebenzela (workbooks)

Ngo-2015, iSebe leMfundo esisisiSeko kuZwelonke linike iincwadi zokusebenzela (workbooks) ngoku hlobo lulandelayo:

Izifundo	AmaBanga
ULwimi lwaseKhaya (HL), isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL), iMathematika neZakhono zoBomi	IsiGaba esisisiSeko (IBanga R - 3)
IMathematika, uLwimi lwaseKhaya nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo	IsiGaba esiPhakathi (IBanga lesi-4 - 6)
IMathematika	IsiGaba esiPhezulu (IBanga lesi-7 - 9)

Ukusetyenziswa kweencwadi zokusebenzela (workbooks) kuxhaswa yaye kubekwe esweni ngamagosa eSebe iWCED.

ISebe iWCED linenjongo yokunika iincwadi zezifundo (textbooks) ezingqinelaniswe neCAPS kumfundi ngamnye kuzo zonke izifundo. NgoJulayi ka-2014 izikolo ziodole iincwadi zezifundo zokongeza (top up textbooks) ngenxa yokukhula kwamanani abafundi. Imali echithwe ekongezeni iincwadi zezifundo iye yafikelela kwizigidi ezingama-R69.

NgoFebruwari ka-2015 izikolo ziphindwe zanikwa ithuba lokuodola iincwadi ezongezwayo zezifundo ngenxa yokunyuka kwamanani obhaliso. Imali echithwe kule projekthi iye yafikelela kwizigidi ezili-R16.

Izikhokelo zemimiselo nemigangatho yeSebe iWCED (WCED norms and standards) zicebisa ukuba ngaphezu kwe-40% yesabelo sisonke sezixhobo kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, apho i-10% yayo emayigcinelwe imathiriyeli yaselayibrari. Ezi zikhokelo izikhokelo sikwacacisa nokuba umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye nokuba istokhwe semathiriyeli yelayibrari yesikolo kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani elipheleleyo lezinto eziselayibrari libonise umgangatho ophakathi (standard) wezinto (items) ezili-10 ngomfundi ngamnye.

Umgqaqo-sikhokelo (framework) wokulawulwa nokubuyiswa kweencwadi zezifundo (textbooks) ngabafundi saqaliswa ngoNovemba ka-2013 ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zezifundo ekupheleni konyaka wokufunda ukuze ezo ncwadi ziphinde zisetyenziswe kwakhona qho ngonyaka. Izinga langoku elixeliweyo lokubuyiswa kwezi ncwadi ngu-90%.

Iziseko zophuhliso (infrastructure)

Isicwangiso sika-2014 seziseko zophuhliso sibeke phambii ezi nkalo zophuhliso zilandelayo:

- Ukwakhiwa kwezikolo ezitsha ukwenzela ukulwa noxinzelelo lweendawo zokufundiela
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye amagumbi okufundela awawakhiwe ngezixhobo zokwakha ezingekho mgangathweni
- Ulondolozo nolungiso lwezakhiwo
- Ukunikwa kwamagumbi okufundela eBanga R

Ngaphezulu, ukunikwa nokusetyenziswa kwamagumbi okufundela ethutyana (mobile classrooms) kuye kwahlala kuyimfuneko ukwenzela ukulungiselela iimfuno zamagumbi okufundela ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga.

Ukukhula okuqhubelekayo kwamanani abafundi, okumalunga nama-20 000 ngo-2014 nango-2015 kufake uxinzelelo kulungiselelo lweziseko zophuhliso. INgxelo ephangaleleyo malunga nokunikwa kweziseko zophuhliso ikwiProgram 8 naphantsi kweNgongoma 8.1. Bamalunga nama-50 000 abafundi abathuthwayo ukuya nokubuya esikolweni yonke imihla, ukuba isikolo esikufutshane sikubude bomgama weekhilomitha ezi-5 nangaphezulu yaye kufuneka uncedo.

IiProgram yeZikolo eziPhakamileyo

IProgram yeZikolo eziPhakamileyo (High School Programme) ijolise ekwandiseni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle. IProgram yenkxaso jikelele (general support programme) ijongana nawo onke amabanga ezikolo eziphakamileyo. Ngo-2014, iprogram yeZikolo eziPhakamileyo iye yasebenzisa indlela eyahlukileyo yokuxhasa izikolo eziphakamileyo kweli phondo. Kuye kwayiwa kancinci ngokwenkxaso kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphezu kwe-90% kunyaka odlulileyo; yaphakathi inkxaso ejolise kwisifundo ngasinye kwizikolo ezifumene izinga lokupasa elingu-70% - 89% kwaza kwanikwa inkxaso enkulu yesikolo sonke kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphantsi kuka-70%.

NgoJanyuwari ka-2015, iSebe iWCED liye lahlalutya iziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwisikolo ngasinye, kwisifundo ngasinye nakwiphepha lemibuzo ngalinye. Kuye kwenziwa izicwangciso ezineethagethi ezijoliswe kwisikolo ngasinye nakwisifundo ngasinye, ngokusekelwe kolo hlalutyo. Kuye kwamiselwa iithagethi ngokwesikolo nangokwesithili ngasinye, zona ebezibekelwe amanani okupasa abafundi abanokwamkelwa kwisifundo zezidanga zokuqala (B-degrees). Ngokomgaqo-nkqubo omtsha wenkqubela phambili (progression policy) osetyenziswe kwisiGaba seFET, abafundi abangama-5 139 abangalipasanga iBanga le-11 baye bonyuselwa basiwa kwiBanga le-12 ekuqaleni kuka-2015. Aba bafundi bafumana inkxaso eyodwa.

Kukho inkqubo yokuncedisana nabafundi (tutoring programme), esebenzisa iingcaphephe zeetitshala eziphuma kweli Sebe iWCED nangaphandle. Kuboniswe izifundo ezidluliswa ngeintanethi (telematics) kwizikolo ezili-147 ngo-2014 baza abacabisi bezeKharityhulam (Curriculum Advisers) banika inkxaso emandla kwezo zikolo bezifumene impumelelo engaphantsi kweavareji yephondo kwisifundo ezibhaliselwa kakhulu ngabafundi (high enrolment subjects). Umfundi ngamnye weBanga le-12 unikwe incwadana yeengcebiso zokufunda kunye nomqulu wemibuzo yeemviwo.

Ngo-2014 izithili zisebenzise ithempleyithi efanayo yeziCwangciso zoPhuculo lweZithili, ebijolise ekuphuculeni izinga lokupasa kwiBanga le-9, 11 nele-12 (kuqhutyekwa nephulo eliqalwe ngo-2012). Izikolo eziqhuba kakubi kwisifundo ezibhaliselwa kakhulu ngabafundi ziye zachongelwa inkxaso ejoliswe kwisifundo.

Ukufunda kwi-intanethi (e-learning)

Iprojekthi yeWide Area Network yephondo inike isiseko seprojekthi yokufunda kwi-intanethi efikelele kwinqanaba lokuqaliswa ngo-2014, apho izikolo ezingama-248 zixhamle ku-"magumbi okufundela aneintanethi" ("smart classrooms" (jonga iinkcukacha apha ngezantsi).

Ubume (scope) bale projekthi buquka:

IProjekthi yeWide Area Network (WAN) – iprojekthi kaRhulumente wePhondo
IProjekthi yeLocal Area Network (LAN) – iprojekthi yeSebe iWCED
IProjekthi yokuKhumbuza ngolwazi lwekhompyutha (computer Refresh Project) kwiTeknoloji yeeAplikheyishini zeKhompyutha (Computer Applications Technology), iTeknoloji yezolwazi (Information Technology) kunye nobuNjineli, iGrafikhi noYilo (Engineering, Graphic and Design) (CAT/IT/EGD)
IProjekthi iEdulab computer Refresh inika izikolo iteknoloji yangoku nefanelekileyo ukwenzela ukuba abafundi bakwazi ukufikelela ngqo kwitekoloji kwimeko elungiselwe iICT.
IProjekthi yeKlasi ezinelintanethi (Smart Classroom Project) inka izikolo iteknologi yangoku nefanelekileyo. Le teknoloji inesixhobo sikatitshala sokusebenzisa ikhompyutha (teacher computing device), isixhobo sikatitshala sokuprojektha (teacher projection device), isixhobo sikatitshala sokunxibelelana nabafundi (teacher interactive device) kunye nesixhobo sokubonisa (visualizer device) esikwaziwa njengekhamera yamaxwebhu (document camera)). Uninzi lwale teknoloji alusebenzisi ntambo zombane yaye iyaphatheka ngendlela yokuba uyakwazi ukuyipakisha uhambe nayo (pack-up-and-go mobility).
IProjekthi yeKhathalogu yeziXhobo zelintanethi (e-Resources Catalogue Project) yiprojekthi engemixholo efumaneka kwi-intanethi (online digital content).
IProjekthi yeSistim yoLawulo lokuFunda (Learning Management System) (LMS) iquka uvimba wezixhobo zasekhompyutheni (digital resources repository) yaye ijonge ukunika oofitshala, abafundi nabazali izixhobo zokufunda nokufundisa zeintanethi (digital).

Ukuxhaswa nokuwongwa kootitshala

ISebe iWCED liqhubekile nokunika inkxaso ebonakalayo kootitshala kwiinkalo eziqatshelwe ngootitshala ngokwabo. Kwangaxeshanye, iSebe iWCED liye lagxila ekunciphiseni uxinzelelo kootitshala ekwenzeni imisebenzi yezolawulo (administrative) ukuquqa kwiiwekshophu neentlanganiso. Iikhalenda zoCwangciso (Planning Calendars), ezidwelise imihla ebalulekileyo, efana nalowo wokuqalwa nokugqitywa kweemviwo, neminye imihla ebekiweyo yezolawulo, ziye zathunyelwa ezikolweni kwakhona ngo-2014 ukunceda izikolo kwangoko ekucwangciseni u-2015.

NgoNovemba ka-2014 kuye kwabanjwa uMbhiyozo we-15 weeMbaso zootitshala abaGqwese kwiPhondo ngoNyaka (15th Annual Provincial Teaching Awards Ceremony), apho bekubhiyozelwa kukwawonga iimpumelelo zootitshala kweli Phondo. Ezimbasa bezinikwa ootitshala emva kwenkqubo eyenziwe ngobunono yokuhlaza nokuqhuba udliwano-ndlebe lokukhetha aba titshala. Ezi mbasa ziwonga impumelelo neziqalo ezitsha kumacandelo ali-9 – ootitshala BeBanga R, iiMfuno ezizodwa zeMfundo, m iSikolo sasePrayimari, iSikolo saseSekhondari; ukuGqwesa kwiTeknoloji (ukufunda nokufundisa okuphuculiweyo), iMathematika, ubuNkokeli beSikolo sasePrayimari; ubuNkokeli beSikolo saseSekhondari kunye nembasa yeMpumelelo yoBomi bonke. Ootitshala ababini baseNtshona Koloni bagqithele kwisigaba sokuwongwa ngamaBhaso kaZwelonke ango-2014 okuwonga ootitshala.

IiBhodi eziLawula iZikolo

Ukulungiselela unyulo lweeSGB luka-2015 lwangoMatshi ka-2015, kuye kwasekwa iqela lonyulo lwephondo ukuba liqwalasele le nkqubo yonyulo. Umsebenzi wokuqala wesi sitraktsha silungiselelayo *Ibikukubeka iiNkqubo eziza kulandelwa ekuSekeni nasekoNyulweni kweeBhodi eziLawula eZikolweni zikaRhulumente (Determination of the Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools)*. Oku Kubekwa kweenkqubo (*Determinations*) kwenze ukuba izikolo zikwazi ukungalandeli intlanganiso yokukhethwa kwabagqatswa nokonyula zitsho zifake isicelo sokubamba unyulo lwemini yonke. Izikolo ezingamashumi amathandathu anesine zifake izicelo zonyulo lwemini yonke.

Unyulo lweeSGB oluthembekileyo lwephondo lubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ngezitraktsha zolawulo ezikwaziyo ukuthatha uxanduva ezikolweni. Iinqununu namaqela onyulo lwezikolo baye baqeqeshwa ziifisi zezithili ukulungiselela unyulo olukhululekileyo nolufanelekileyo ezikolweni. Ukwenzeka ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba okuphangaleleyo, ngethuba lonyulo kuye kwasetyenziswa amaphulo ohlukeneyo obuchule bokukhuthaza abazali ukuba bathathe inxaxheba. Obu buchule bebuquka iiphamflethi, izibhengezo zerediyo nezamaphephandaba kunye neengxoxo. Ngaphezulu, imiButho yeeSGB, awona mahlakani abalulekileyo kulawulo olufanelekileyo, iye yancedisa ekudaleni imeko yokuba abantu bazi malunga nokubaluleka kokuthatha inxaxheba kolu nyulo.

Iimfuno zayo zifuna ukuba kubekho ikhoram eyaneleyo yabazali abaza konyula iSGB. Ukuba ayikho ikhoram kunyulo lokuqala, kuya kubizwa intlanganiso yesibini.

Inani elipheleleyo lezikolo	Inani lezikolo olube yimpumelelo kuzo unyulo	Inani lempumelelo yonyulo lokuqala	Inani lempumelelo yonyulo lwesibini	Inani lezikolo eziye zaqwalaselwa ngeli thuba
1 516	1 508	710	804	388

Umgqaqo-sikhokelo (framework) woqeqesho lweeSGB weminyaka emithathu wephondo uye ayilwa ngo-2014 kusetyenziswa iindlela ezahlukeneyo zoqeqesho. Ezona nkalo zingundoqo zika-2015 zezi (i) ukuqonda iindima noxanduva lweeSGB, kuquka umahluko phakathi kolawulo nokuphatha (management and governance), (ii) umgqaqo-siseko weeSGB kunye nokuqonda indlela yokuziphatha (code of conduct) kweeSGB eziphethayo, (iii) ucwangciselelo lophuhliso, ukwenziwa kwebhajethi kunye nokunyuswa kwengxowa (fundraising) yesikolo, kunye (iv) nokukhankaselwa nokukhethwa kwabasebenzi besikolo.

UkuTyiswa kwabantwana esikolweni

Ngo-2014/15 iNkqubo kaZwelonke yokuTyisa iZikolo (National School Nutrition Programme) (NSNP) inike abatyise abafundi abangama-456 520 (abebengama-438 883 ngo-2014) ukutya okusempilweni yonke imihla kwizikolo zasePrayimari, ezeeMfuno ezizodwa zeMfundo nezaseSekondari ebezithagethiwe ezili-1 028 (ebezili-1 027 ngo-2014). Ababenzi beNSNP benzalwe iivekshophu ezimalunga nemiba yezabasebenzi ngokuphathelene namavolontiya asebenza ngokutya (volunteer food handlers) (VFHs) - umzekelo, uqeqesho malunga nokwenzakalela emsebenzini, igesi yokubasa nezicimi-mlilo. IiVFH ziphinde zaqeqeshelwa ukhuseleko lokutya negesi yokubasa nococeko, ukulungisa ukutya kunye nobungakanani obusetyenziswayo (portion sizes). Kwenziwe iivekshophu zoqeqesho ezingamashumi amabini anesibini (22) ekuvelisweni okutya, kusenzelwa iititshala, abazali nabafundi abangama-463. Kuye kwaphakwa isidlo sakusasa phambi kokungena kwesikolo phakathi kuka-7.30 no-8:00 kusasa saza isidlo esingundoqo saphakwa lingedlulanga i-12:30.

Izikolo eziKhuselekileyo

Iprogram iSafe Schools Programme inendlela engunxantathu (three-pronged approach) (i) ULawulo loLwaphulo-mthetho ngokunikwa kweendlela ezingundoqo zokhuselo (core security mechanisms), (ii) iiProgram zokuxhasa iinguqu zendlela yokuziphatha nendlela yokucinga (behavioural and attitudinal change) (iii) liNdlela ezibandakanya isikolo sonke nokunxibelelana neearhente ezichaphazelakayo ezincedisa ekwenzeni imeko ekhuselekileyo yasesikolweni.

ISebe iWCED liqhuba iziko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo (Safe Schools Call Centre), elinika unxibelelwano lwefowuni olumahala, noluyimfihlo kubafundi, abazali nootitshala abafuna uncedo, iingcebiso nengcaciso emalunga ethile. Kukhuthazwa ukuba abafowunayo bafowunele inombolo yamahlala engu- 0800 45 46 47 ngokunxulume noku kulandelayo: liMeko/iingxaki eziNgxamisekileyo, ubuNdlobongela bemiGewu, uMothuko omkhulu, uLwaphulo-mthetho eSikolweni, iMpatho-gadalala neMibuzo ngokuBanzi.

Abafonayo banikwa ingcaciso efowunini (telephonic debriefing) kwiimeko zeefowuni ezingxamisekileyo kuze kwiimeko zeefowuni ezingangxamisekanga, apho kuyimfuneko, bathunyelwe kwii-arhente ezinika iingcebiso (counselling agencies) zeSebe leMfundo leNtshona Koloni, ii-arhente ezingekho phantsi kolawulo lukarhulumente nemibutho yasekuhlaleni. IZiko lwemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo liye lafumana iminxeba engaphezu kwama-14 000 kwithuba lekhalenda yonyaka ka-2014. Iifowuni ezingama-3 890 kwezi fowuni bezifuna ukulandelelwa nenkxaso. Engama-738 kule minxeba ibizizihlo ezinxulumene nolwaphulo-mthetho. Kuye kwaxelwa iimeko ezingama-439 zempatho gadalala, apho iminxeba engama-277 ibifuna iingcebiso zeengcali nenkxaso ngokwasengqondweni (counselling and psychological support). Inxaso ngokwasengqondweni yabasebenzi ikwanikwa phantsi kweNkqubo yeNtlalo-ntle yabaSebenzi yeSebe yaye ikwasebenza njenkxaso eyongezelelweyo yeNkqubo yeZikolo eziKhuselekileyo.

Eli Ziko lemiNxeba liqokelela lize lihlahlutye idatha yephondo jikelele. Kusetyenziswa iinkcukacha-manani ukunika uthintelo, ungenelelo kunye neendlela zokujongana nemingeni (reactive strategies).

Zizikolo ezongezelelweyo ezingamashumi amahlanu eziye zafumana iindlela ezingundoqo zokhuselo (iigeyithi ezizivulekelayo (motorized gates); iigeyithi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo (pedestrian monitoring gates); iilalam eziqhagamshelwe kwiinkonzo zoonogada abaxhobileyo (armed response); ucingo oluhlabayo kunye ne-mesh wire; ukufakelwa kweentsimbi emacangweni) ngo-2014/15. Kuye kwalungiswa iingcingo kwizikolo ezisemngciphekweni omkhulu kwaza kwanikwa nokhuseleko lwangeeholide, apho bekuyimfuneko. Kunikwe uqeqesho olumalunga neMpilo noKhuseleko kwakunye noLawulo lweNtlekele eMsebenzini (Occupational Health and Safety and Disaster Management), ngokunjalo noqeqesho olumalunga nomgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi kunye nokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo ezivunyiweyo zokuvavanyela iziyobisi ziye zanikwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkqubo zokusetsha nokuhlutha iziyobisi. Izikolo ezikhethiweyo ziye zanikwa izikhangeli-ziyobisi eziphathwa ngesandla (hand held metal detectors). Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo, izicwangciso zolawulo lolwaphulo-mthetho nezeeprojekthi ezithile (ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, uphuhliso lolutsha, ukusonjululwa kweengxabano, ulawulo lokhuseleko) ngokusebenzisana namasebe karhulumente nee-NGOs.

Ukongeza kweli Ziko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo nenkxaso yeendlela zokhuselo, ngo-2014/15 iSebe iWCED linike abafundi iinkqubo zezemfundo lisenzela ukukhuthaza izenzo ezakhayo ezifana nezemidlalo, ubugcisa, imidlalo yeqonga nolwazi malunga namakhono exesha elizayo (future careers). Ezi program ziye zagxila kutshintsho lwendlela yokucinga okanye indlela yokuziphatha; iindlela zobugcisa nezakhayo zokujongana nolawulo lweengxabano; kunye noqeqesho kuthetha-thethwano. Kuye kwaqeshwa ii-fieldworker zokhuseleko ukwenzela ukuxhasa izikolo ngeekomiti zokhuseleko ezikolweni nangezicwangciso zokhuseleko ezikolweni; ukuseka inkxaso kunye/okanye neenkqubo zokuthintela kwanokuba yimizekelo emihle (positive role models) nabacebisi abathantamisayo (mentors) ezikolweni.

IiFieldworker zoKhuseleko eZikolweni zilandelela abafundi abaphuthayo esikolweni zize zikhangele ukuba yintoni ingxaki yomfundi ebangela oku. Zikunika uthantamiso (mentoring) nokukhokela (coaching) abafundi abasemngciphekweni ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukufikelela kwiinkonzo abazidingayo. IiFieldworker zoKhuseleko zancedisa kwiiYouth Club zeeSafe School njengenxalenye yenkqubo yeeholide neyokuphuma kwesikolo. Le projekthi ijonge ukugxininisa ukuziphatha kakuhle neengcinga ezakhayo ngokuthathwa abafundi abasemngciphekweni basiwe kwizittraksha ezifanelekileyo zezemfundo nokuphuhlisa izakhono zokuqhuba iiprojekthi zoluntu.

Njengenxalenye yenkqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokulwa nendlela yokuziphatha engeyiyo, nokunika amathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (Department of Cultural Affairs and Sport) (DCAS), lisebenzisana neSebe iWCED, baqalise inkqubo yeMOD (uThatho-nxaxheba, amaThuba nofikelelo kwakunye noPhuhliso) (Mass participation, access to Opportunity and Development) kwizikolo ezili-181 kwizithili zemfundo zosibhozo. Amaziko angama-98 kula asekwke kwizikolo zaseprayimari. Ezi nkqubo ziqhutywa emva kokuphuma kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhtiza imidlalo nokuthatha inxaxheba kwezinye izenzo zokuphuhlisa izakhono zabo. Zombini ezi program, eyeZikolo eziKhuselekileyo (Safe Schools) kunye neyoKhuliso lweziKolo (School Enrichment) zeSebe iWCED ziyaqhagamashelana namaziko azii-MOD.

Ukuxhasa inkqubo yeeMOD, iSebe iWCED ngo-2014

1. Ilawule yaxhasa ubhaliso lwamaziko eeMOD ukuze athathe inxaxheba kwimiDlalo yamaQela eZikolo (School Sports Leagues)
2. Ixhase ukuqhutywa kwemidlalo yamaqela ezikolo ephakathi kwamaqela esikolo ngasinye nephakathi kwezikolo (intra and inter school sports leagues)
3. Ibeke esweni ukusetyenziswa kwezixhobo zokuncedisa emsebenzini ezinikwa amaziko eMOD
4. Iqinisekise ukuba amaziko eeMOD ayafikeleleka kwizikolo eziwangqongileyo
5. Inikise ngeeseti zetshezi (chess) ezingama-2400
6. Yenze ukuba izikolo eziPhakamileyo ezili-18 neZikolo zasePrayimari ezingama-25 zikwazi ukuthenga ifanitshala nezixhobo zokuncedisa ekufudneni ezixabisa izigidi ezili-R16 ukuxhasa izenzo ezinikwa kumaZiko eMOD. Oku kuye kwaquka izixhobo zokuncedisa kwimidlalo nezinto ezifana needatha projektha zokuxhasa ukufunda.

Kuye kwafikelelwa kwisivumelwano phakathi kweSebe iWCED neSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo ukwenzela ukubambisana kwiiprojekthi zeziseko zophuhliso (infrastructure) zezemidlalo yezikolo ezenziwa kumaZiko eeMOD. Oku kuquka ukwakhiwa nokulungiswa kweeholo zezikolo, amabala ezemidlalo, izixhobo zokuncedisa ekudlalweni kwemidlalo yesikolo kunye nabancedisi babafundi abanezidanga (graduate tutors).

Inxalenye yemali eyabelwe iziko leMOD iye yabekelwa ukwenziwa kweziseko zophuhliso ezingohlobo lweeholo zezikolo ngonyaka-mali ka-2014/15. Iye yandiswa le nkqubo ikhoyo yokwakhiwa kweeholo zezikolo. Kuye kwakhethwa izikolo ezisixhenxe eziza kucwangciselwa zakhelwe ngo-2014/15 kusetyenziswa iArchway Foundation, yaye ulwakhiwo luya kugqitywa ngo-2015/16. Zezi:

1. Manenberg Senior Secondary (Metro Central)
2. Robinvale High School (Metro North)
3. Hillwood Primary School (Metro South)
4. Phakamisani Primary School (Eden/Central Karoo)
5. Cavalleria Primary School (Metro East)
6. De Kruine Secondary School (Winelands)
7. Helderkrui Primary School (Metro East)

Ngaphezu kwezi holo zezikolo zisi-7, ucwangciso lwezinye iiholo zezikolo ezi-6 luqale ngo-2014/15 lusenziwa liSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente (Department of Transport and Public Works). Ezi holo zi-5 zezezi zikolo:

1. Iingcinga Zethu Secondary School (Cape Winelands)
2. Nomlinganiselo Primary School (Metro South)
3. Firgrove Primary School (Metro East)
4. Highlands Primary School (Metro South)
5. Riebeeck-Wes Primary School (West Coast)
6. Murraysburg Primary School (Eden/Central Karoo)

Inkxaso-mali yeziko leMOD iye yanikelwa nokuhlaziya amabala ezemidlalo. Ulwakhiwo luqale kwiprojekthi yaseBernadino Heights Secondary School ngo-2014/15 yaye luya kugqitywa ngonyaka-mali ka-2015/16. Izikolo ezingabamelwane, iWatsonia Primary School neCavalleria Primary School nazo ziza kuxhamla kule projekthi.

IiNjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 2					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	IThagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukushintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kweYona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM201: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	948 595	960 000	964 840	4 840	Kuye kwagqithiswa kwithagethi ngenxa yezizathu ezahlukeneyo. Izizathu ziquka ukuphucuka kwezinga lokugcinwa kwabafundi besesikolweni, amanani aphezulu abafundi abangapasanga ababuyelwa ukuphinda unyaka, abafundi abongezelekileyo abanabazali abathuthela eNtshona Koloni kunye nokunyuka kwamamanani obhaliselo lweBanga loku-1.
PPM202: Inani loofitshala abaqeshwe kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	28 265	28 364	28 946	582	ISebe lonyuse inani elipheleleyo lezithuba zika-2014/12015 zootitshala ngama-676. ISebe likwaqeshe iititshala zethutyana ngokweCandelo 6A no6B loMthetho wokuQesha kooTitshala (Employment of Educators' Act) zazizithuba ezisisigxina, nto leyo ikhokelele ekwehleni kwenani loofitshala abakwiikhontrakthi.
PPM203: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	6 007	6 356	6 115	-241	Izithuba zengqesho zaseofisini (vacant public service posts) zibhengezwe kuluhlu l lwezithuba zengqesho zika-2015 yaye izithuba ezisisigxina ziya kuqala ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli ka-2015.
PPM204: Inani labafundi abakwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezixhamla kumgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgabizi Fizi" ("No Fee School" policy)	554 523	538 600	554 523	15 923	Kusetyenziswe inani elibhengezwe kwigazethi, ngokusekelwe kwisaveyi iSNAP ka-2014 (2014 SNAP survey). Inani labafundi abafanelekileyo lingaphezu kwelo liqikelelweyo (projection). Eli nani lisekelwe kubhaliso nezizathu zokugqithisa kwithagethi zinganxulunyaniswa nengxoxo ephantsi kukaPPM201 (apha ngentla).

IProgram 2					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithageathi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithageathi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM205: Inani labafundi abaxhamla kwiProgram yokuTyiswa kweziKolo kaZwelonke (National School Nutrition Programme) NSNP)	438 883	445 000	456 520	11 520	Abafundi abongezelelekileyo abafanelekileyo babhalisile kwizikolo ezifanele ukuxhamla. Eli nani lisekelwe kubhaliso nezizathu zokugqithisa kwithageathi zinganxulunyaniswa nengxoxo ephantsi kukaPPM201 (apha ngentla).
PPM206: Inani labafundi abaxhamla kuthutho lwabafundi (scholar transport)	50 209	50 000	52 558	2 558	Abafundi abongezelelekileyo abafanelekileyo baye bagunyaziswa ukuba basebenzise izithuthi zabafundi (learner transport). Le nkonzo inxulunyaniswa namanani abafundi abafanelekileyo. Eli nani lisekelwe kubhaliso nezizathu zokugqithisa kwithageathi zinganxulunyaniswa nengxoxo ephantsi kukaPPM201 (apha ngentla).
PPM207: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ababhaliswe kwizikulo eziqhelekileyo zikarhulumente	6 319	6 150	5 794	356	Amanani angaphantsi kwethageathi ngenxa yohlengahlengiso oluQhubekayo ekukhethweni kwabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo nanjengoko isiya ifakwa ngokufakwa inkqubo entsha yokuHluzwa, ukuChongwa, ukuHlolwa nokuXhaswa kwabafundi (Screening, Identification, Assessment and Support) (SIAS).

IProgram 2					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	kusukwe kwithagethi eCwangciselwe yo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-	Izimvo malunga notshintsho
PPM208: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ezinika inkxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufunda	8	40	40	0	Kuye kwafikelelwa kwithagethi.

2.2. Izalathi zentsebenzo

IProgram 2					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPI 2.1. Ipesenti yabafundi abagcinwe besesikolweni ukususela kwiBanga le-10 - 12	63%	64%	64%	0	Kuye kwafikelelwa kwithagethi.
PPI 2.2. Ukungahambi sikolo kootitshala kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente kuboniswa nge-%	3%	4%	3%	1%	Kubekwe iindlela zokulawula oku ukwenzela ukulawula nokubeka esweni ukuthathwa kwekhefu kumaziko kusetyenziswa iSistim yokuJonga iindlela zokuLawula aBantu (People Management Practices System) (ebisakwaziwa njengeSistim yokuLawulwa kwamaKhefu athathwa ngabaSebenzi (Human Capital Leave Management Sytem)).
PPI 2.3. Ukungahambi sikolo kwabafundi kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente kuboniswa nge-%	5.96%	7%	6.02%	0.98%	Ziqhutyiwe iindlela zolawulo oluQhubekayo (ongoing controls).

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukuyila nokuqhuba izicwangciso zokwenza (strategies) ezitsha zephondo ukwenzela ukuphucula ulwimi nemathematika
- Ugxilo kwizicwangciso zoPhuculo lweziKolo neZithili kugxininiswa nangakumbi kwiBanga loku-1, 9 nele-11.
- Ukuqhubeka neProgram yeZikolo eziPhakamileyo
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo (textbooks) kumagumbi okufundela
- Ukuqhutywa koqeqesho lootitshala oluthagethiweyo
- Ukuxhaswa kolawulo lwemali ezikolweni
- Ukungqanyaniswa kwendima nefuthe lokutshintsha kwezinto ephondweni (provincial game changer) kwi-e-learning nto leyo iza kuza nofikelelo kwi-intanethi, i-smart classes kunye namathuba okufunda aphuculiweyo ezikolweni.
- Ukungqanyaniswa kunye nokuxhaswa kwamaZiko eMOD kunye nokutshintsha kwezinto ezenziwa lulutsha ukuphuma kwesikolo ephondweni kubanjiswene neSebe lezeNkcubeko nezemiDlalo nezoPhuhliso lwezeNtlalo.
- Ukusebenza namanye amasebe noomasipala ukuxhasa ukhuseleko esikolweni, ukugcinwa kwabafundi beqhuba esikolweni, ukuhamba isikolo kunye neenkqubo ezilungiselelwe ulutsha olusemngciphekweni

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 2 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- ukwandisa inani lezithuba zootitshala zika-2014 zibe ngama-31 357
- Ukunika iincwadi zezifundo (textbooks), izikhokelo zootitshala kunye neencwadi zokufunda ezingundoqo (core readers) ukwenzela ukuxhasa ukuqhutywa kweCAPS kwisigaba esiphezulu (iBanga lesi-7 - 9) neBanga le-12
- Ukunika imiMiselo nemiGangatho (Norms and Standards allocations) kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente
- Ukunika ukutya okunezakhazimba abafundi abakudingayo
- Ukwandisa iprogram yezikolo ezingahlawuli fizi (no-fee schools)
- Ukugcina iprogram yokubuyezwa kwabo baxolelwa ekuhlawuleni iifizi
- Ukugcina iprogram yezikolo ezikhuselekileyo

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo- mali lokugqibela	Inkcitho Eyayo	Inkcitho (eGqithis ileyo) / eNgaph antsi	Ulwabiwo- mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithis ileyo) / eNgaph antsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
2.1 IZikolo zasePrayimari zikaRhulumente	7,276,039	7,276,039	-	6,597,359	6,597,359	-
2.2 IZikolo zaseSekondari zikaRhulumente	4,489,245	4,489,245	-	4,400,697	4,400,697	-
2.3 UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi	76,011	76,011	-	86,695	86,695	-
2.4 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	315,412	315,231	181	296,614	278,028	18,586
Zizonke	12,156/707	12,156/526	181	11,381/365	11,362,779	18,586

4.3 Iprogram 3: Iinkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo

Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act).

Iprogram yeZikolo ezizimeleyo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 3.1: Isigaba sePrayimari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwinqanaba leBanga loku-1 ukuya kwelesi-7.

Iprogram esekelayo 3.2: Isigaba seSekondari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwinqanaba leBanga lesi-8 ukuya kwele-12.

Iinjongo ezicwangciswa ngobuchule (Strategic Objectives)

INjongo eCwangciswa ngobuchule 3.1	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nemithetho efanelekileyo ukuqinisekisa ngemfundo esemgangathweni kubafundi bezi zikolo
---	--

Iinjongo ezicwangciswa ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

Amanani obhaliso lwabafundi

Zonke izikolo ezingama-230 ezibhalisiweyo ezizimeleyo eNtshona Koloni ziyenzile iSavey yoNyaka yeZikolo (Annual School Survey) ka-2014. Bebangama-45 634 abafundi kwezi zikolo zingama-230. Kwezi zikolo, i-40% okanye abafundi abangama-18 024 bebebhalise kwizikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ngurhulumente. Abangama-11 478 bebebhalise kwizikolo zaseprayimari ezixhaswa ngemali ngurhulumente yaye abangama-6 546 bekwizikolo eziphakamileyo ezixhaswa ngurhulumente.

IziPhumo zeeMvavanyo

ImiMiselo eNxulumene noBhaliso, ukuXhaswa ngemali, kweZikolo ezizimeleyo (ngaphandle kweZikolo zasePriPrayimari), ifuna ukuba isikolo esizimeleyo sithathe inxaxheba kuHlolo loNyaka lukaZwelonke (Annual National Assessments) kunye/okanye uvavanyo lwenkqubo yezikolo (systemic testing) lweSebe iWCED ukwenzela ukuba zifaneleke ukuba zibe nokufumana inkxaso-mali. Zibe ngama-74 ezibhale iimvavanyo zeBanga lesi-3, zangama-64 ezabhale iimvavanyo zeBanga lesi-6 zaza zangama-43 ezibhale iimvavanyo zeBanga le-9.

Amanqaku ezikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali nezingafumani inkxaso-mali zinikwe kule theyibhile ingezantsi. Qaphela ukuba le sampule ayibonisi ukumelwa kwazo zonke izikolo (representative sample) nanjengoko ezinye izikolo zikhethe ukuthatha inxaxheba ngelixa kwezinye ukuthatha inxaxheba kunyanzelekile.

IziPhumo zeNkqubo yeMfundo yeWCED kwiBanga lesi-3, 6, nele-9 kwiZikolo eziZimeleyo ezithathe inxaxheba ngo-2014									
IBanga	ILitheresi/ULwimi								
	Izikolo			Abafundi			Izinga lokupasa		
	2012	2013	2014	2012	2013	2014	2012	2013	2014
IBanga lesi-3 kwezifumana inkxaso-mali	46	50	46	1 222	1 381	1 416	54.9	51.7	56.0
IBanga lesi-3 kwezingafumani nkxaso-mali	27	27	28	779	844	979	85.2	88.6	86.7
IBanga lesi-6 kwezifumana inkxaso-mali	41	38	38	1 009	1 068	1 074	67.0	61.4	65.0
IBanga lesi-6 kwezingafumani nkxaso-mali	22	24	25	705	807	873	95.1	91.2	92.1
IBanga le-9 kwezifumana inkxaso-mali	30	30	27	1 229	1 333	1 155	82.3	82.7	84.6
IBanga le-9 kwezingafumani nkxaso-mali	17	18	16	799	787	789	95.1	96.6	97.0

IziPhumo zeNkqubo yeMfundo yeWCED kwiBanga lesi-3, 6, nele-9 kwiZikolo eziZimeleyo ezithathe inxaxheba ngo-2014									
Ibanga	INyumeresi/iMathematika								
	Izikolo			Abafundi			Izinga lokupasa		
	2012	2013	2014	2012	2013	2014	2012	2013	2014
IBanga lesi-3 kwezifumana inkxaso-mali	46	50	46	1 222	1 381	1 416	62.8	65.8	68.6
IBanga lesi-3 kwezingafumani nkxaso-mali	27	27	28	779	844	979	91.7	93.6	92.5
IBanga lesi-6 kwezifumana inkxaso-mali	41	38	38	1 009	1 068	1 074	47.8	50.2	50.3
IBanga lesi-6 kwezingafumani nkxaso-mali	22	24	25	705	807	873	89.1	86.7	84.3
IBanga le-9 kwezifumana inkxaso-mali	30	30	27	1 229	1 333	1 155	26.8	26.2	31.2
IBanga le-9 kwezingafumani nkxaso-mali	17	18	16	799	787	789	73.4	76.1	73.8

Iziphumo zezikolo ezizimeleyo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2014 zezi zilandelayo:

IziPhumo zeNSC zezikolo ezimeleyo zeNtshona Koloni: 2014				
Ababhalileyo	INani labaPasileyo	IPesenti yabaPasileyo	INani (Abafaneleke kukufunda isiDanga)	(I-% (Abafaneleke kukufunda isiDanga)
2353	2218	94.3%	1514	64.3%

Bebeli-176 abafundi bezikolo ezili-14 zaseNtshona Koloni ababhale iimviwo ezisetwe yiBhodi yeeMviwo eziZimeleyo (Independent Examination Board).

Uphuhliso loofitshala

Ngo-2014, ootitshala bezikolo ezizimeleyo baye kwiiwekshophu zekharithulam ezohlukeneyo nebeziququzelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo zeSebe iWCED. Ootitshala bezikolo ezizimeleyo baye baqeqeshwa kwiCAPS liSebe iWCED.

INkxaso enikiweyo

Kutyelelwe izikolo ezizimeleyo ezili-151 ukwenzela ukuzinika inkxaso kulawulo, kwikharithulam nasekuphathweni kwazo apha ekuhambeni konyaka ka-2014/15.

Ukongeza apho, kumsebenzi owenziwa qho ngonyaka ukulungiselela le njongo, iqela lamagosa eSebe iWCED liye latyelela izikolo ezingama-99 ngoFebruwari ka-2015 ukuze linike uqwalaseko:

- Ukufezekiswa kweemfuno zesaveyi (Survey compliance) - iAnnual School Survey (ASS) neSnap Survey (SS)
- Ubhaliselo lweCEMIS
- I-akhreditheyishini kUmalusi
- Ukufezekiswa kweemfuno zezemali (Financial compliance) – inkxaso-mali nokufumaneka kweengxelo zokuphicothwa kweencwadi
- Ukwanela nokufaneleka kwamagumbi okufundisela
- Ukufundiswa kwekharithulam
- Ukwanela nokuchaneka kweziXhobo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (Learning and Teaching Support Materials) (LTSM)
- Ubhaliselo lweSACE
- Ukurhoxa kwabasebenzi emsebenzini
- IiSistim zokuLawula iNtsebenzo (Performance Management Systems)
- Uphuhliso lwabasebenzi
- Indlela abaqhuba ngayo abafundi
- Iziphumo zoHlolo loNyaka lukaZwelonke (ANA) kunye neemvavanyo zeSebe iWCED zenkqubo yeBanga lesi-3, 6 nele-9 (WCED systemic test results)

Imo engundoqo yenkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo ziinkxaso-mali (subsidies). Iinkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo ezifanelekileyo yi-60%, 40%, 25%, 15% okanye 0% yenkcitho yephondo eqikelelweyo kubafundi (provincial per capita expenditure for learners) (PAEPL) kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. I-PAEPL yango-2014/15 ibe yi-R10 915 (Kwizikolo zaseprayimari) ne-R13 183 (Kwizikolo zaseseKondari) ngokulandelelanayo. Ngo-2014/15 iSebe iWCED lihlawule iinkxaso-mali kwizikolo ezili-100, nebeziquka isikolo esinye esitsha. Iintlawulo zenziwe kwangethuba nangokwemithetho echaphazelekayo.

ISebe iWCED likhuthaza zonke izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ukuba iinkxaso-mali zazo zizisebenzise ekuthengeni iiLTSM (60%); iinkonzo zikamasipala (municipal services) (20%) neemfuno zokwenziwa komsebenzi (operational needs) (20%).

ISebe iWCED likwaphande izikhalazo ezivela eluntwini kunye/okanye nasebazalini malunga neZikolo eziZimeleyo ngokunxulumene neefizi zesikolo, iinkqubo zololuleko ezingabonisi bulungisa (unfair disciplinary processes), ukungaqhubi kakuhle ezifundweni, ukungalawulwa kakuhle kwezikolo kunye nokuqhuba kwesikolo zingabhaliswanga. Kwintlanganiso neenqununu nabanini bazo zonke izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali, ebibanjwe ngoFebruwari ka-2015 kuye kwaxoxwa ngokungaqhubi kakuhle kwezikolo kunye kwancokolwa nangezona nkqubo zinokuziphumelelisa ezi zikolo. Uhlalutyo lweANA, iimvavanyo zeNkqubo (Systemic tests) kunye neziphumo zeNSC nazo ziye zaxoxwa kule ntlanganiso. Kuye kwafuneka ukuba izikolo ezingaqhubi kakuhle zinike izicwangciso zophuculo ezineethagethi zika-2015.

ISebe iWCED iye yadibana neDBE kunye noMalusi, ngoMatshi ka-2015, ukuze kuxoxwe malunga nokudityaniswa kweenkqubo zobhaliso nezeakrheditheyishini yezikolo ezizimeleyo. Le ntlanganiso ibichotshelwe nazizitraktsha ebezimele izikolo ezizimeleyo zaseMzantsi Afrika.

IiNjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 3					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kweYona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo	18 502	18 600	18 024	576	Ubhaliso lwezikolo ezizimeleyo ngumba ogqitywa ngabazali yaye mba lowo iSebe iWCED ingenalawulo ekulawulweni kwawo (management control). Kuye kwakho isikolo esizimeleyo esiye savala kweli thuba kunikwa ingxelo yalo.

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukunika inkxaso ezinikeleyo eyandisiweyo kwiZikolo eziZimeleyo ezifumene umyinge wokupasa ongaphantsi kwezinga lokupasa lephondo kwiNSC
- Ukuxhasa zonke izikolo eziZimeleyo ezitsha neziqhuba ngaphantsi kwenqanaba elilelona liphezulu.
- Ukuqwalasela yonke imibuzo nezikhalazo malunga nokuqhutywa kwemimiselo.

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukuxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 3 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- linkxaso-mali ezinikwe izikolo ezizimeleyo ezinika imfundo esemgangathweni kubantwana abahlelelekileyo.

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo -mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi	Ulwabiwo -mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
3.1 IsiGaba sePrayimari	49,358	49,358	-	47,329	47,329	-
3.2 IsiGaba seSekondari	40,487	40,487	-	37,319	37,319	-
Zizonke	89,845	89,845	-	84,648	84,648	-

4.4 Iprogram 4: IMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Injongo:

Ukunika imfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente eneemfuno ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act) noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) emalunga nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

Iprogram yezeMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo¹⁰:

Iprogram esekelayo 4.1: Izikolo

Ukunika izixhobo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa.

Iprogram esekelayo 4.2: UPuhhliso lweCandelo lezabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uphuhliso lwezemfundo nolunye uphuhliso kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa.

Iprogram esekelayo 4.3: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 4 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (conditional grants).

Iinjongo eziCwangcise ngobuChule (Strategic Objectives)

INjongo eCwangcise ngobuChule 4.1	Ukwandisa uthatho-nxaxheba lwezifundo nezentlalo lwabo bonke abafundi kwinkqubo elandelwayo nekharityhulam yamaziko emfundo kwanokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda (Education White Paper 6)
--	--

Iinjongo ezicwangcise ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

Amanani obhaliso lwabafundi

Ngo-2014 iSebe leWCED belinezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezingama-72, zinabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa abangama-18 571. Kwezi zikolo, ezili-18 zizikolo zezakhono zize zezi-4 zibe zizikolo zezibhedlele.

IziPhumo zoVavanyo lweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Ngo-2014, bebeli-135 abaviwa abavela kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ababhale iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, nabathe bapasa ngezinga lokupasa elingu-96%. Abayi-28% kwabo bapasileyo baye bakulungela ukwamkelwa ukufundela isiDanga sokuQala.

¹⁰ Iinkonzo zasesikolweni zezemidlalo, ezenkcubeko nezamajelo osasazo azibandakanywa njengeprogram esekelayo nanjengoko eNtshona Koloni lo msebenzi ungena phantsi kweSebe lezobuGcisa, iNkcubeko nezemiDlalo

Ngabafundi abangama-310 kwizikolo ezili-17 ababhale uHlolo loNyaka lukaZwelonke. Izinga lokupasa laba bafundi libe ngu-77%.

Uphuhliso lweZakhono zootitshala

ISebe leMfundo eSisiseko libekele bucala unyaka ka-2013 njengoNyaka wokuDityaniswa kwemfundo (Year of Inclusion) ukwenzela ukulungiselela ukwanda kweMfundo eDibeneyo (Inclusive Education) kwiminyaka elandelayo.

Ngo-2014, iSebe iWCED liye laqhuba iNkqubo yoPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi lisenzela ukuxhasa ukwanda kweMfundo eDibeneyo. Le nkqubo iqale ngezikolo ezikhethiweyo ezinika inkonzo epheleleyo (full-service)/ezidibeneyo, amaziko ezixhobo zemfundo abekelwe izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa kunye nabasebenzi abaxhasayo abayiqeqeshelweyo le nto. Olu qeqesho luye lwagxila kumgaqo-nkqubo weMfundo eDibeneyo kunye namaxwebhu ezikhokelo, uXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) kunye neziKhokelo zeCAPS zeZikolo ezineNkonzo ePheleleyo eDibanisayo / AmaZiko okuNcedisa kwiMfundo eMfundo eneeMfundo eziZodwa kunye noKwahluka kwaBafundi (Guidelines for Full-Service Inclusive Schools, Special School / Resource Centres and Learner Diversity in CAPS). Ezi zikolo zikhethiweyo zinika inkonzo epheleleyo (full-service)/ezidibanisayo zikwaqeqeshwe nakwimodeli yoKhathalelo neNkxaso yokuFundisa nokuFunda (Care and Support for Teaching and Learning model).

Ngo-2015 izikolo ezibekwa phambili (flagship) ezinika inkonzo epheleleyo/ezidibanisayo ziye zanika iiwekshophu malunga nokuqhuba kakuhle kweMfundo eDibanisayo (Inclusive Education good practice) . Izihloko zeewekshophu beziquka "IMfundo eDibanisayo kungakhange kuchithwe mali" ("Inclusive Education at no cost") kunye ne-"ziXhobo zaseKhompyutheni ezilungiselelwe ukuQukwa kwaBafundi beeNtlobo zonke" ("Digital Devices for Inclusion"). AmaZiko eziXhobo zeZikolo ezineeMfundo eziZodwa (Special School Resource Centres) ziye zanika iiwekshophu kwiinkalo eziziingcali kuzo, umz. iNkubazeko eNxulumene nokuFunda okuThile, uLwazi lwamaGama, oLunye uHlolo (Specific Learning Disability, Phonological Awareness, Alternative Assessment).

Kuqhutywe ikharithulam yoLwimi loMjeki lwaseMzantsi Afrika (South African Sign Language (SASL) kuzo zonke izikolo ezihlanu zeSebe iWCED zemfundo yeemfundo ezizodwa ezilungiselelwe abaNgevayo (special schools for the Deaf) kusetyenziswa iSASL. NgoOkthobha ka-2014, bonke ootitshala nabaNcedisi bootitshala beSASL baye baqeqeshwa liSebe leMfundo esisiSeko. Uqeqesho oluqhubelekayo olwenzelwa esikolweni (on-going in-house training) liye lanikwa ezi zikolo zihlanu, ngokunjalo noqeqesho olwenziwa ngamaZiko eMfundo ePhakamileyo (Higher Education Institution, qeqesho olo luqale ngoJanyuware ka-2015.

Uqeqesho lwabafundi bamaziko aphakamileyo abaqeqeshelwa iECD kwiSouth African Sign Language luye lwaqaliswa ngo-2015 kwiiKholeji zeFET ezintlanu zaseNtshona Koloni.

Izikolo ezibini zabaNtwana abaNgaboniyo eziseNtshona Koloni ziye zafumana iteknoloji yabafundi abasukela kwiBanga lesi-4 ukuya kwiBanga le-12, qeqesho olo ibilokuncedisana nokufikelela kwiiLTSM zeBraille ekupheleni kuka-2013. Abafundi nootitshala bazo zozibini ezi zikolo zabaNgaboniyo, eAthlone nasePioneer, bafumene uqeqesho kwitekoloji ngo-2014 lusenziwa malunga neApex Praille note laptop. Umbhexeshi wale nkqubo, ongaboniyo, uye waxhasa abafundi egumbini lokufundela laso ngasinye kwezi zikolo.

Ngo-2015 abasebenzi beenkonzo ezikhethekileyo (specialised support services staff) besithili nesekele benzelwe iwekshophu yokwaziswa malunga nokuNgakwazi ukuThetha naBanye (Autism Spectrum Disorder) (ASD) baza abameli bezikolo ezinabafundi nabazali abaneASD benzelwa uqeqesho olunzulu olumalunga nokuchonga, ukuqonda nokuvavanyela ukuNgakwazi ukuThetha naBanye.

Uqeqesho lootitshala abakwizikolo eziqhelekileyo lokubenza bakwazi ukuchonga nokujongana neemfundo ezizodwa/nemiqobo ethintela ukufunda/ukushiyeke ezifundweni (learning backlogs) luye lwanikwa ngo-2014/15 lusenziwa ngabasebenzi beeNkonzo zeNkxaso eKhethekileyo (Specialised Support Services) kwiiofisi zezithile naseCTLI. Okukuye kwaquka ukuqeqeshwa kootitshala kungenelelo loncedo kulwimi nemathematika olugxile kwiBanga R nakwiBanga loku-1. Olu qeqesho beluquka ukuphuhlisa izakhono zendlela abeva nababona ngayo abafundi (learners' auditory and visual perceptual skills), kunye nokuphucula ukusetyenziswa kwamalungu amakhulu namancinci omzimba (gross and fine motor-co-ordination). Onke la maphulo ongenelelo lokunceda ebejonge ukuphucula ulwimi nemathematika yabafundi. Uqeqesho kuKhathalelo neNkxaso yokuFundisa nokuFunda beluquka imixholo ebigxile ekuxhaseni abafundi abaye behlelwa zizinto eziboyikisayo (trauma).

Amaphulo ongenelelo oluncedayo aye achongwa kwaza kwenziwa iikhosi zoqeqesho okanye zanikwa abanye abaqeqeshi bangaphandle (outsourced) ukuze zijongane nemingeni yendlela yokuziphatha ezikolweni, umzekelo, uqeqesho kuLawulo lwamaGumbi okuFundela, ukuKhulisa ukuZithemba, ukuNqanda ukuVuyelelana kwabafundi, ubuLungisa obuBuyisa uXolo, uLawulo lweeNgxabano, ukuziPhatha kaKuhle kunye nokuBuyisela iMeko eyiyo yeSikolo (Reclaiming School Environments).

NgoDisemba ka-2014, kuye kwabhegezwa kwigazethi uMgaqo-nkqubo wokuHluzwa, ukuChongwa, ukuHlola nenkxaso (Screening, Identification, Assessment and Support) (SIAS). Zonke izicelo zexesha elizayo ezifakwayo zeZikolo ezineeMfundo eziZodwa zeMfundo ziya kufuna uxwebhu lwamaNqanaba eNkxaso (Levels of Support document), nolusekelwe kumgaqo-nkqubo ohlaziyiweyo weSIAS. Uqeqesho kwiSIAS luya kuqala ngo-2015, luqala kwizikolo zeenkonzo ezipheleleyo/ezidibanisayo kunye namaziko ezixhobo zokuxhasa izikolo ezineemfundo ezikhethekileyo zemfundo (special school resource centres) yaye kule minyaka izayo zonke izikolo ziza kuqeqeshwa.

INkxaso eNikiweyo

Ngo-2014, ugxininiso belusekuqhutyweni okuqhubekayo kwesicwangciso esineengongoma ezilishumi seSebe iWCED sokomeleza inkxaso yemfundo ekhethekileyo (*strengthening specialised education*). Imiba emihlanu ephambili ngo-2014/15 ibiyile:

- UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi kwiMfundo eDibanisayo
- Ukuphuhliswa kwezikolo eziqhelekileyo zibe zizikolo ezineenkonzoz ezipheleleyo/ezidibanisayo (Full-service/inclusive schools)
- Ukuguqulwa kweZikolo zeeMfundo eneeMfundo eziZodwa zibe ngamaZiko eziXhobo zeMfundo yeZikolo ezineeMfundo eziZodwa (Special School Resource Centres) ngokunjalo nokomelezwa kweZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa
- Ukwandisa izakhono zeli sebe (capacity of the system) ekujonganeni nemiqobo ethintela ukufunda ukuze liquke iintlobo ezahlukeneyo zabafundi nangakumbi
- Ukukhuthaza ubambiswano phakathi kwamacandelo ukwenzela ukuphucula inkxaso noqukaniso (inclusion)

Inkxaso eqhubekayo yaseNtshona Koloni inika inqanaba eliphantsi lenkxaso kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente/zisiqhelo, inkxaso ephakathi kwizikolo ezinika iinkonzoz ezipheleleyo/ezidibanisayo kunye nenqanaba eliphezulu lenkxaso kwizikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa. Kuye kwagxilwa ekwandisweni nangakumbi wemfundo edibanisayo kwanokusekwa kwezitraktsha zenkxaso eziqinisekisa ngokufikelela nangakumbi kwimfundo kwabafundi abanemiqobo ethintela ukufunda abakwizikolo zikarhulumente zemfundo eneeMfundo eziZodwa kunye nezikolo eziqhelekileyo zabafundi.

Ngo-2014/15 iSebe iWCED liye lasiqhuba esi sicwangciso

- (1) amaqela enkxaso ezithili neesekethe, aquka iisayikholojisti, oonontlalonte, iitheraphisti, abacebisi bezikolo zemfundo eneeMfundo eziZodwa kunye nenkxaso yokufunda
- (2) ukomeleza izikolo ezingama-24 zemfundo ezineemfundo eziZodwa ukuze zibe ngamaziko axhasayo (resource centres)
- (3) ukuxhasa iiyunithi zeELSEN/iiKlasi zeNkxaso (*Resource Classes*) kwizikolo ezili-107 eziqhelekileyo zikarhulumente.
- (4) ukuguqulwa kwezikolo ezingama-40 eziqhelekileyo zikarhulumente zibe zizikolo ezineenkonzoz ezipheleleyo/ezidibanisayo (Full-service/inclusive schools)
- (5) ukusekwa kwamaqela enkxaso eyenzelwa ezikolweni.

Inkxaso yeZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa

UXwebhu lweNgcaciso yeMiba yeMfundo 6 (Education White Paper 6): Ukwakhela kwiSistim yeMfundo eDibanisayo noQeqesho (Inclusive Education and Training System) ifuna uphuculo olusemgangathweni lweZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa (qualitative improvement of Special Schools). Olu Xwebhu lweNgcaciso yeMiba (White Paper) lukwagxininisa ukuguqulwa okuthatha amanqanaba ngamanqanaba kweZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa zibe ngamaZiko okuXhasa izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa (Special School Resource Centres). Emva kokuba ziguqulwe ezi zikolo kufuneka zinike inkxaso kwizikolo ezizingqongileyo.

ISebe iWCED igqibe ulingo (pilot) lweminyaka emithathu lokufakwa kweSouth African Sign Language (SASL) njengesifundo ngoOkthobha ka-2013. I-De la Bat Special School Resource Centre yiyo ebisindleke le projekthi yephondo yeSouth African Sign Language. Ubuchule obufunyenweyo kuye kwabelwana ngabo nezinye izikolo zabaNgevayo ezisephondweni kusetyenziswa iSASL njengoLwimi lokuFunda nokuFundisa (Language of Learning and Teaching) (LoLT). Iziphumo zayo ziye zafakwa nakwiprojekthi yeDBE SASL kazwelonke. iziXhobo zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa ezazenzelwe le projekthi ngoku zisetyenziswa kuzo zonke izikolo zabaNgevayo kwiphondo ezisebenzisa iSASL njengeLOLT. Zonke izikolo zeSebe iWCED ziye zanikwa ubuncinane bomqulu wezixhobo zenkxaso (resource pack) kwiBanga R kunye nakwisiGaba esisisiSeko aza onke amagumbi okufundela eSASL ziye zafakelwa iteknoloji yokuqhutywa ngempumelelo kweSASL. Okungaphakathi kulo mqulu wezixhobo zokuxhasa kuye kwanikwa neeklasu zeepriskuli (pre-school) ukwenzela ukukhulisa ukuphuhla kwangoko kulwimi. Abasebenzi beeECD zabaNgevayo (Deaf ECD practitioners) baye baqeshwa njengabaNcedisi babaNgevayo (Deaf Assistants). Ngenxa yamanyathelo athathiweyo kulingo lwaseDe La Bat, iSebe iWCED liye lakwazi ukuqalisa iSASL kwiGaba esisisiSeko nakwiBanga lesi-8 ngo-2014 ukulungiselela isicwangciso sikazwelonke sika-2015. *Inkxaso ebhekiswa, nekwaniwa ngamaZiko aXhasa ngoNcedo kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa (Special School Resource Centres).*

Kukho izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa ezingama-24 ezimana ukutshintshwa ngokwandayo zibe ngamaZiko aXhasa ngoNcedo kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa. Amaqela okuqhuba amaphulo angeMfundo Jikelele eDibanisayo (General Inclusive Education outreach teams), asekelwe kumaZiko aXhasa ngoNcedo kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa, aye anika inkxaso kootitshala babafundi abakumagumbi okufundela esiqhelo (mainstream classes) ngo-2014/15. Ezinye izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa ezithathu ezongezelelweyo ziye zenza ukuba kubekho abasebenzi bokuqhuba amaphulo kweli thuba.

Ezinye izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa ezingenamaqela okuqhuba amaphulo, nazo ziye zancedisa kwizikolo ezikufutshane ngokuqhuba iiwekshophu neeklinikhi ezikwezi zikolo kunye namanye amaphulo ongenelelo loncedo achaphazelekayo. Umzekelo, iCarel Du Toit Centre, iqhuba iiwekshophu zootitshala abanabafundi abangeva kakuhle eziklasini zabo.

Ngo-2013/14 kuye kwanikwa abafundi abafuna izixhobo zokubancedisa ukufikelela kwikharithulam uluhlu lwezixhobo zeAlternative and Augmentative Communication Devices (AAC). IiTheraphisti zeZithili zichonge amaZiko eNkxaso kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa ukwenzela ukuseka iiyunithi ezinezixhobo ze-ACC. Kuye kwasekwa iAAC enye kwisithili ngasinye phakathi ku-2014 zaza zamiselwa ngokusesikweni ngoFebruwari ka-2015. La maziko aza kuncedisa ekuchongeni esona sixhobo seemfundo zabafundi sifanelekileyo.

Inkxaso kwiZikolo zobuChule

Zili-18 izikolo zobuChule zibe zibe zihlanu izikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ezineeyunithi zezakhono.

Izifundo ezifundiswa kwiZikolo zobuChule ziquka ezi: Ancillary Health Care, Automotive Repair and Maintenance, Automotive Spray Painting, Arts and Crafts, Beauty and Nail Technology, Basic Welding and Metalwork, Bricklaying and Plastering, Educare, Hairdressing, Hospitality Studies, Household Maintenance, Mixed Farming, Needlework and Clothing, Office Administration, Upholstery and Woodworking.

Ootitshala beZikolo zobuChule banikwe uqeqesho kwizifundo nekharityhulam yezakhono ezitsha zeminyaka emine (new four year academic and skill curriculum), ngokunjalo noqeqesho ekwahlukeni kwekharityhulam (curriculum differentiation).

Kukho ubambiswano oluQhubekayo neSebe loPhuhliso loQeqesho nezoKhenketho (Department of Economic Development and Tourism) ukuxhasa iNkqubo yabo yokujonga ukuFanela uMsebenzi (Occupational Readiness Programme) kabafundi abagqiba iprogram yeminyaka emine kwiZikolo zobuChule. Iiwekshophu kwZikolo zobuChule ezikhethiweyo ziakhredithwa yiNational Assessment and Moderation Body.

Ngo-2014/15 izihlandlo zotyalelo zoHlolo lweSikolo siPhela (Whole School Evaluation) ziye zaqhutywa kwiZikolo ezili-9 zobuChule. Ukongeza kwiikhrayitheriya ezisetyenziwa kwizikolo eziqhelekileyo, umsebenzi weenkono zenkxaso yeengcali (specialist support services) ziye zahlolwa. Kuye kwabanjwa iintlanganiselo zolandelego nezikolo kusenzelwa ukuxoxa malunga neziphumo zophando zengxelo yeWSE.

Inkxaso enikwa abantwana abanenkubazeko enzulu yasengqondweni

Ngo-2014, amaqela amane aye anika inkxaso yamathuba ngamathuba kumaZiko angama-47 oKhathalelo lwabantwana abaneeMfuno eziZodwa (Special Care Centres) abanenkubazeko enzulu yasengqondweni. Kwenziwe iprothokholi yenkxaso ngokubambisana neSebe leMfundo, elezeMpilo, eloPhuhliso loluntu nelezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente. Ezi nkxaso ziquka: (i) ukwenziwa kweenkqubo zokubakhuthaza, (ii) ukufuna izixhobo zokuxhasa (resource materials), (iii) ukuqhutywa kweewekshophu ezilungiselelwe abalawuli bamaziko, abakhathaleli nabazali (iv) iindlela zokujongana neemfuno zomzimba, zemfundo nezengqiqo yasentlalweni (psycho-social) zabantwana, kunye (nokuhlolwa kwanokudluliselwa kwabafundi abafakwe kwizikolo ezingafanelekanga nabafuna ukudluliselwa kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa.

Inkxaso enikwa izikolo zeNkonzo ePheleleyo/Izikolo ezidibeneyo

Esinye sezicwangciso eziphambili ekwenziweni kwesistim yemfundo edibeneyo apho bonke abafundi bafikelelayo kwinkxaso kukuguqulwa okuya kwenziwa ngokwezigaba kwezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente kwisithili ngasinye/kwisekethe nganye/kwiklasta nganye zibe zizikolo zenkonzo epheleleyo/izikolo ezidibeneyo. Iqela lokuqala lezikolo zeenkono ezipheleleyo ngumzekelo omhle wokwenza kakuhle yaye liya kuhlalela indlela zonke izikolo/amaziko ukuba ekugqibeleni abe ngamaziko adityanisiweyo abandakanya bonke abafundi.

Kuchongwe izikolo eziqhelekileyo ezingamashumi amane ukuba ziguqulwe ngokwezigaba ngezigaba ukuba zibe zizikolo zenkonzo epheleleyo/ezidibanisayo. Emva kwethuba loqeqesho nokufakwa emsebenzini (induction), ekupheleni kuka-2014 kuye kwasayinwa iiMOU liSebe iWCED nezo zikolo zichongiweyo.

Zili-107 izikolo zeli phondo "ezinamagumbi okufundela anabafundi abaneemfuno ezifanayo" ("unit classes"), anika inkxaso ekhethekileyo eyongezelelweyo. La magumbi okufundela anabafundi abaneemfuno ezifanayo aya eguqulwa ngokuguqulwa ukuba abe "ngamagumbi okufundela ancedisayo" ("resource classes") anika inkxaso kubafundi abadinga inqanaba eliphakathi lenkxaso. La magumbi okufundela akwanguvimba woncedo kuzo zonke iititshala ezidinga iingcebiso nakubafundi abakwesi sikolo abanemiqobo ethintela ukufunda.

Kuye kwaxhaswa abafundi abamalunga nama-2 000 abaneemfuno zenkxaso ezibunzulu buphantsi nobuphakathi kwiZikolo zeNkonzo eziPheleleyo/eziDibanisayo. Ezi zikoo ziye zanikwa utitshala osisigxina wenkxaso yokufunda. Ezi zikolo zikwanikwa inkxaso eyongezelelweyo yenkxaso yabasebenzi bemfundo eneemfuno ezizodwa ebandakanya iisayikholojist zezikolo, oonontlalontle kunye nabacebisi bezifundo kumaziko (learning support advisors) kunye namaqela amaPhulo eMfundo eDibeneyo (Inclusive Education Outreach teams), ngokusekelwe kwiiMfuno zeMfundo eziZodwa/kumaZiko eNkxaso yoNcedo amiselweyo (designated Special School/Resource Centres).

Ukunika inkxaso yobudlelane phakathi kwamasebe karhulumente namacandelo ahlukeneyo ISebe lezeMpilo neSebe lezeMfundo aye abambisana ukuqhuba iProgram eDibeneyo yeMpilo eZikolweni (Integrated School Health Programme). Le nkqubo iquka ukukhuthaza izenzo ezikhuthaza ezempilo, ukuskrinwa nokuhlolwa kwabafundi, ukulawulwa kwezigulo ezingephi kunye nokuthintelwa kwezifo.

Kuye kwaziwa neenkonzo ezine ezijikelezayo zempilo/intlalontle yasesikolweni (school health/wellness mobiles) ngobambiswano phakathi kweSebe iWCED, iWCDoH namacandelo abucala, kusenzelwa ukuskrinwa kwabafundi bebanga R neloku-1. Isithuthi esijikelezayo (mobile) ngasinye sinegumbi lokuxilongela lokuskrinelwa impilo jikelele, icandelo lezamazinyo kunye necandelo lezamehlo. Ngo-2014, babe ngama-3 251 bebonke abafundi abaskrinwe ngugqirha wamehlo kwaza kwakhutshwa izipeksi ezili-1 239; abafundi abangama-4 092 banyangelwa izingulo ezingephi zezempilo baza abangama-4 285 banyangwa ngugqirha wamazinyo kwiinqwelo zezempilo.

ISebe iWCED kwakhona lincedisise iSebe lezeMpilo kwiprogram yokugonywa iHuman Papilloma Virus, enguthintela womhlaza wesibebeke. Iprogram yokugonyelwa iHPV ijoliswe kumantombazana eBanga lesi-4 aneminyaka eli-9 nangaphezulu. Ugonyo luka-2015 luye lwaqhuba ngenyanga kaMatshi nekaEpreli. Umlinganiselo wesibini owenziwa emva kweenyanga ezintandathu uza kwenziwa ngenyanga kaSeptemba nekaOkthobha ku-2015. Olu gonyo belusenziwa ngabongikazi bempilo yasesikolweni, kunye nabongikazi bezikolo zeMfundo yeeMfuno eziZodwa. Iifomu zemvume esekelwe kulwazi kunye namaphetshana olwazi malunga nogonyo lweHPV ziye zahanjiswa ezikolweni phambi kokuqhutywa kogonyo.

Iintlanganisano eziqhubeka okokoko ziye zabanjwa neDepartment of Health Western Cape Rehabilitation Centre, ukunceda ekwamkelweni kwabafundi ababekhululwe ezibhedlele emva kokubandakanyeka zezingozini. Kuye kwalungiselelwa iingxoxo malunga neemeko zabo (cases) kunye neesayikholojisti, iitheraphisti kunye noogqirha ukwenzela ukukhangela eyona ndlela ingcono kakhulu yokuhamba isikolo yaba bafundi.

ISebe iWCED liye lalungiselela iingxoxo zeemeko zabantwana abaneemfuno eziphezulu kakhulu/ezinzima zenkxaso (exceptionally high/complex support needs), umzekelo, abafundi abaye banemingeni enzulu kakhulu yendlela yokuziphatha (severe behaviour challenges) kunye nezigulo ezichaphazela ingqondo (psychiatric disorders). Ezi meko ziye zaxoxwa neesayikhayatrishi, oogqirha, iisayikholojisti neetheraphisti zeSebe lezeMpilo bekwasebenzisana nabasebenzi abasuka ezithilini ukuqaphela nokwenza izindululo (recommendations) malunga nokufakwa ezikolweni nenkxaso yaba bafundi xa bekhutshwa kumacandelo ezigulo ezithile (specialised units) ezifana neCandelo lokuFundiswa ngoKutsha (Therapeutic Learning Centre).

ISebe iWCED limelwe kwiCommunicable Diseases Committee yephondo. Le komiti yazisa iSebe lezeMpilo ngazo naziphi na iimeko eziqaphlekayo zezifo ezosulayo ezikolweni lize lifumane ingcaciso yezikolo nezithili malunga nokusingathwa kwezi meko.

Iprothokholi ehlaziyiweyo yeSebe iWCED yeYekani iMpatho-gadalala (WCED Abuse No More) yaziswe ngokusesikweni ngoOkthobha ka-2014. Iye yaziswa ngokusesikweni yaxhaswa ngoonontlalontle beSebe iWCED becebisana bekwabambisana neSebe loPhuhliso loLuntu, iSebe lezeMpilo, iNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika, iSebe lezobuLungisa noPhuhliso lwezoMgaqo-siseko, iGunya-bantu lezoTshutshiso, iSebe leNkulumbuso neQumrhu lePhondo lobuLungisa kwezeSini (Provincial Gender Justice Forum).

ISebe leWCED liye lasebenzisana namaPolisa esiXeko saseKapa (City of Cape Town Metro Police) ukunika iinkampu zoLutsha oluseMngciphekweni kubafundi beZikolo zobuChule. Ezi nkampu ziye zagxila kumaqela emigesu, iziyobisi, ubundlobongela, ukukhulelwa kwabantwana, ukusombulula iingxabano, iimfundiso ezisisiseko kunye nokukhethwa kweendlela zokuphila ngokusempilweni. ISebe loPhuhliso loLuntu neSebe lezeMpilo aye ancedisa iCandelo loQeqesho lamaPolisa eMetro kwiintetho ngeentetho ebezisenziwa.

IiNjongo eziCwangciswa ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 4					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukuthintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	19 876	18 045	18 571	526	Kuthathwe inani labafundi elingaphezu kwelo beliqikelelwe. Baninzi abafundi kwisiGaba esisisiSeko nakwiZikolo zobuChule kwanakwiiYunithi zobuChule (Skills Units).
PPM402: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	1 872	1 732	1842	110	ISebe linootitshala abangama-92 kwiiYouth Care Centres ezinabafundi bazo ababeza kudluliselwa kwiSebe lezoPhuhliso loLuntu ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli ka-2013. Xa kungoku lo mba uphambi kweNkundla ePhakamileyo yaye bonke abachaphazelekayo (respondents) balinikiwe ithuba lokufaka iingxoxo ngomhla ongekabekwa. Kunikwe izithuba zengqesho ezongezelelweyo ngenxa yokunyuka kwamanani abafundi.
PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	1 003	1 100	965	-135	Izithuba zengqesho zaseofisini (vacant public service posts) zibhengezwe kuluhlu 1 lwezithuba zengqesho zika-2015 yaye izithuba ezisisigxina ziya kuqala ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli ka-2015. Kukho ukwehla kwinani labasebenzi baseofisini bakarhulumente ngenxa yokwehla kwamandla okuzenzekela ngendalo (natural attrition).

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukusingatha iimfuno zokwamkela abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa
- Ukuqinisekisa ukuba ootitshala abakwizikolo ezamkela bonke abafundi baxhotyiswe kakhulu ngokusingatha iimfuno zemfundo zabo bonke abafundi
- Uqeqesho lugxininisa koku:
 - Abasebenzi beMfundo eneeMfuno eziZodwa abakwiindidi ezahlukeneyo zenkubazeko
 - Abasebenzi beZikolo zobuChule malunga nekharityulam
 - Abasebenzi abakwiZikolo zeNkonzo ePheleleyo/iZikolo eziDibeneyo ekuqapheleni nasekusingatheni imiqobo ethintela imfuno
 - Abasebenzi abakumaZiko eNkxaso yoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa malunga nomsebenzi wawo owandisiweyo
 - Abasebenzi bokuNika iNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa abakwii-Ofisi zeZithili baquka iiSayikholoji, ooNontlalontle, ABacebisi bokuNika iNkxaso kumaZiko eMfundo (Learning Support Advisors), ooGqirha neeTheraphisti malunga nomsebenzi wabo kuyo yonke iMfundo ebandakanya bonke abafundi
 - Ootitshala bokuNika iNkxaso kwezeMfundo eSikolweni malunga nomsebenzi wabo wobungcali kuphuculo lolwimi nemathematika
 - AmaQela zokuNika iNkxaso eZikolweni (School-based Support Teams) malunga nomsebenzi wabo kwinkqubo yokuSkrina, yokuQaphela, nokuNika iNkxaso (Screening, Identification, Assessment and Support) (SIAS)

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 4 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukunika izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa izithuba zootitshala nezithuba zenkonzo karhulumente
- Ukwandisa nokuxhobisa amaziko/amagumbi okufundela enkxaso ezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Ukunika inkxaso-mali kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Ukukhuthaza ukusekwa kwezikolo zenkonzo epheleleyo kwimfundo ebandakanya bonke abafundi

Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisile yo) / eNgaphant si	Ulwabiw o-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithi sileyo) / eNgaph antsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
4.1 Izikolo	923,247	923,247	-	910,287	910,287	-
4.2 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	51	51	-
4.3 Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	50,395	50,395	-	-	-	-
Zizonke	973,642	973,642	-	910,338	910,338	-

4.5 Iprogram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo

Injongo:

Kukunika iMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) kwikholeji zeFET zikarhulumente ngokuhambelana noMthetho weMfundo noQeqesho oluQhubekayo (Further Education and Training Act).

Iprogram yeFET iqulathe ezi program zisekelayo zilandelayo¹¹:

Iprogram esekelayo 5.1: AmaZiko kaRhulumente
Ukunika izixhobo kwizikolo kwikholeji zeFET zikarhulumente.

Iinjongo eziCwangcise ngobuChule (Strategic Objectives)

INjongo eCwangcise ngobuChule 5.1	Ukuxhasa ngokubonakalayo ukunikwa kwesiPhumo sesi-5: Abasebenzi abanezakhono nabakwaziyo ukwenza ukwenzela ukuxhasa indlela yokukhula ebandakanya konke (inclusive growth path).
--	--

linjongo ezicwangcise ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezothagethi zifezekisiweyo

Amanani obhaliso lwabafundi

Ngo-2014 iikholeji zeFET ezintandathu zaseNtshona Koloni ziye zabhalisa abafundi abangama-71 712 xa bebonke. Kwaba bafundi bangama-71 712, abangama-56,557 bebewiiiprogram ezixhaswa ngurhulumente. Bezingama-14,957 iiNC(V), bengama-41 605 kwiReport 191 nabangama-15 155 kwiiiprogram zasemsebenzini (occupational programmes). Ipateni yobhaliso ibonisa utshintsho oluya ngakwiReport 191 ngenxa yokuba ezi program zithatha ixesha elifutshane. Le nto ibonisa imfuneko yokwenza iziqinisekiso ezifanelekileyo zeNqanaba 5 leNQF ezilungiselelwe abafundi abapase iBanga le-12 ukuze bancedwe kwikholeji zeMfundo yobuCwepheshe noMsebenzi weZandla (Technical and Vocational education and Training) (TVET Colleges).

Kukonke, ezi kholeji ziceba ukubhalisa abafundi abangama-75,750 ngo-2015 kodwa imfuneko yeenkqubo zemisebenzi (occupational programme) ingafuna ukuba babhalise ngaphezu kweli nani.

Uninzi lwamaziko eekholeji (college campuses) luye lwagcwala ngo-2014 yaye aziyi kukwazi ukwandisa amanani zingakhange zandise iziseko zophuhliso (izakhiwo) zazo.

¹¹ Qaphela ukuba ngo-2014/15 ibinye kuphela iprogram esekelayo ngenxa yotshintsho kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho

UPhuhliso lweZakhono zabaHlohli

Ngo-2014/15 iSebe iWCED liye laqhuba nokuxhasa ukuqhutywa kwekharithulam oko likwenza ngophuhliso lwezakhono zabahlohli nenkxaso yasemagumbini okufundela. Ugxininiso lubekwe kumgangatho wezixhobo zovavanyo lwangaphakathi kangangokuba uninzi lwezixhobo zovavanyo zangaphakathi zeNC(V) nenxenywe yeReport 191 ziye zenziwa zakumgangatho ofanayo ukwenzela ukuba zihambelane nemigangatho efanayo kazwelonke. Izakhono zokusebenza zabahlohli ziye zaphuculwa ngenxa yesiphumo seenkqubo ezisetyenzisiweyo kule misebenzi yoqinisekiso lwemigangatho nangenxa yetheknoloji enikiweyo efana nee-smart board ukwenzela ukuncedisa ekufundiseni kwabahlohli. Kule kota yokugqibela yalo nyaka-mali, bamalunga ne-100 abahlohli abaye baqeqeshwa kwisilabhasi ehlaziyiweyo nentsha yeNC(V) neReport 191.

Abahlohli beMathematika nabeMathematical Literacy bafumane ukuqeqeshwa kwimiba ethile yeekharithulam zabo, imethodoloji yokufundisa kunye nokulawulwa kweklasi. Ikholeji ziqeshe abasebenzi bokuxhasa abahloli, abaye bagxila kwinkxaso yesiNgesi neMathematika efundiswe eklasini. Uye waqhutywa umgaqo-nkqubo weDHET wokuhamba iiklasi nokufika ngexesha eziklasini ofuna ubuncinane be-80% yokuhamba iiklasi ukuze ubani abhale iimviwo.

Ukuza kuthi ga ngoku, alukakhutshwa ucazululo lweziphumo zika-2014 ngenxa yokuba uDHET uza kuzikhupha ezi ziphumo emva kokugqitywa kweemviwo zoxabangelo. Umhla wokukhutshwa kwalo awukaziwa

INkxaso enikiweyo

Inkxaso yezemali kubafundi inikwe ngokusebenzisa iSkim seBhasari seeKholeji zeFET zeDHET (DHET FET College Bursary Scheme). Xa iyonke yi-R240,185,697 imali eyabelwe inkxaso-mali yebhasari ngo-2014 nethe yanikwa abafundi beNC(V) neReport 191 eNtshona Koloni.

Oku konyuka kwamanani abafundi kubeke uxinzelelo kwizakhiwo (infrastructure) zeekholeji. ISebe iWCED libekele bucala iR48,790,000 yokwakhiwa kweziseko zophuhliso (infrastructure development) ukwenzela ukujongana nokunqongophala kwendawo eziklasini kwakunye nohlaziyo nolwandiso olufuneka kakhulu kwezi kholeji zintandathu.

UMthetho oFakelwe uHlaziyo lweeKholeji zeFET (FET College Amendment Act) (3/2012) uye wabhengezwa ngoMeyi ka-2012. Oku kuwisa umthetho wokutshintsha kweeKholeji zeFET ukusuka kumagunya ephondo ukuya kutsho kumagunya kazwelonke. Nakuba kunjalo, kuba bekungekho mthetho umiselweyo wokuqalisa ukuphumeza utshintsho olupheleleyo, kusayinwe izivumelwano emazilandelwe (protocol agreements) ukwenzela ukusekondwa kwabasebenzi bephondo ukwenzela ukuba baqhubeka ngokunika inkxaso ezikholejini.

Iyunithi yephondo leNtshona Koloni iqhubekile ngokunika inkxaso kwizistraksha zokulawulwa nokuphathwa kweekholeji ngokuququzelela ukucwangcisa nokusebenza ngobuchule kwakunye nokuququzelela ukunyulwa kwebhunga leekholeji elitsha ngoNovemba ka-2014.

Le yunithi iphinde yaxhasa ukunikwa kwekharithyulam nohlolo lwangaphakathi. Zonke iimviwo zangaphandle beziphantsi koqwalaselo ngo-2014. ISebe iWCED neSebe iDHET aye abeka esweni aze anika ingxelo malunga nenkqubo yeekholeji ngokunxulumene nobhaliso lwabafundi, ulawulo lwezemali kunye noqinisekiso lwemigangatho yeemvavanyo. Jonga icandelo elimalunga noku: "UPhuhliso lweZakhono zaBahlohi" apha ngasentla.

ISebe iWCED liye laqhuba nokulawula iPERSAL egameni leekholeji. Ulawulo lwePERSAL belubandakanya intlawulo yemivuzo, imirholo kwakunye nezibonelelo zezentlalo kubasebenzi basekholejini. Ukuhambelana nemiyalelo yeSebe iDHET, kungeniswe iingxelo zemali zekota kwiSebe iDHET, lo gama iingxelo zePERSAL ezicacisiweyo ziye zangeniswa ezikholejini ukwenzela ukungqinelaniswa kwenkcitho kwezabasebenzi.

Kuye komelezwa inkxaso yeSebe iWCED yokwakha ubudlelwane phakathi kwekholeji zeTVET, iiSETA kunye namashishini, kangangokuba amachule abafakwe kumashishini kwakunye nenani labafundi beReport 191 abafakwe kwiinkqubo zokunika amava (internships) liye lenyuka kakhulu ngo-2014.

ISebe iWCED linike inkxaso yemali kwiikholeji ukwenzela ukuqeqeshwa kweeSRC okuye kwagxila ekuphuculeni izakhono zezitraktsha zeSRC.

Imiba yotshintsho

Ukutshintshwa komsebenzi weeTVETC kufikelele kwisigaba sokugqibela xa bekutshintshelwa i-63% yabasebenzi beekholeji kwingqesho yeSebe iDHET ekupheleni kukaMatshi ka-2015. Amacandelo ephondo eeTVET neAET atshintshelwe kwiSebe iDHET ngomhla woku-1 kuEpreli ka-2015 yaye ngoku angowona ndoqo weOfisi yomMandla yeDHET.

Ngo-2014, igama loMthetho weekholeji zeFET (FET College Act (16/2006) ohlaziyiweyo, litshintshwe laba nguMthetho weMfundo eQhubela Phambili noQeqesho (Continuing Education and Training Act) (16/2006). Lo Mthetho uthiya ngokutsha iikholeji zeFET zibe ziikholeji zeMfundo oQeqesho lobuChule noMsebenzi weZandla (Technical and Vocational Education and Training colleges) (TVET) yaye ufaka iikholeji namaziko emfundo yabadala phantsi kwesebe elinye. Ukwalungiselela ukusekwa kweekholeji zoluntu (CET) ngokunjalo neSouth African Institute for Vocational Education & Training (SAIVCET).

Izalathi zentsebenzo

IProgram 5					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukushinsha kusukwe kwiithagethi eCwangcisiweyo kuyiwe kweYona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM 501: Inani labafundi ababhalise kwizifundo zeNC(V) kwiiKholeji zeFET	16 812	17 080	14 952	- 2 128	Oku kubonisa ukuba abafundi bakhetha ikhosi emfutshane ebizwa ngokuba yiReprot 191.
PPM 502: Inani labafundi beekholeji zeFET NC(V) abagqiba zonke izifundo zabo ngempumelelo	6 984	7 800	5 650	- 2 150	Le yingqikelelo kuba iziphumo zokuphela konyaka ziya kupapashwa kuphela emva kokuba kukhutshwe iziphumo zeemviwo zokuxabangela. Ukwehla kwamanani obhaliso kwiNC(V) (Jonga kuPPM501 apha ngentla) kufaka igxalaba koku kwehla kupheleleyo.

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

Izinga lokuhamba iiklasi kwiiKholeji zaseNtshona Koloni liye laphucuka ngo-2014 ngenxa yokuqhutywa komgaqo-nkqubo weDHET wokuhamba iiklasi nokufika kwangoko eklasini. Ngoku kuza kugxilwa kakhulu kwizinto eziyimpumelelo ezenziwa kwiziko lemfundo naseklasini. Inkxaso kwikharithulam iza kwenziwa luqilima ngokomelezwa kwamaqela/uluntu olujolise kwiiPprogram (programme focus groups/communities) zeendlela zokwenza ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abahloli babelana ngezakhono nezona zenzo zingcono. Kuza kuphinda kungxilwe nakwinkxaso yezifundo eyenzelwa abafundi.

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho.

Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 5 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukuxhaswa ngemali kweendleko zokuqesha abasebenzi beekholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo

Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisile yo) / eNgaphant si	Ulwabiw o-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithi sileyo) / eNgaph antsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
5.1 AmaZiko kaRhulumente	377,913	377,865	48	353,097	353,078	19
Ewonke	377,913	377,865	48	353,097	353,078	19

4.6 Iprogram 6: IMfundo noQeqesho lwabaDala

Injongo:

Ukunika iMfundo noQeqesho olusisiSeko lwabaDala (ABET) ngokoMthetho weMfundo esisiSeko yabaDala (Adult Basic Education Act).

Iprogram yeABET iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 6.1: liNkxaso-mali yamaZiko kaRhulumente eMfundo yabaDala ukunika inkxaso kumaziko athile kaRhulumente eAET ngokuwanika inkxaso-mali

Iprogram esekelayo 6.2: liNkxaso-mali yamaZiko abuCala eMfundo yabaDala ukunika inkxaso kumaziko athile eAET abucala ngokuwanika inkxaso-mali

Iprogram esekelayo 6.3: liNkonzo zokuFundisa (Professional Services) ukunika ootitshala nabafundi abakumaZiko eAET iinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lezemfundo

Iprogram esekelayo 6.4: UPuhhliso lweZakhono zabaSebenzi ukunika iinkonzo zokuqeqeshelwa umsebenzi kunye nolunye uphuhliso lwabaphathi, ootitshala nabasebenzi abanika inkxaso kumaZiko eEAT.

Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

Injongo eCwangciswe ngobuChule 6.1	Ukunika inkxaso kwizitraksha zabalawuli nezabaphathi be-AET uphuhliso lomgaqo-nkqubo neenkqubo zongenelelo ngoncedo olucwangciswe ngobuchule eziququzelela ukufundisa ngempumelelo kumaziko emfundo yabadala; ukunika ootitshala nabafundi abakumaziko e-AET iinkonzo zokunika inkxaso yekharithyulam elawulwa lisebe lemfundo; kwanokunika uqeqesho lokwenza umsebenzi ngobuchule kootitshala nabangezotitshala
---	--

Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifzekisiweyo

Amanani obhaliso lwabafundi

Ngo-2014/15, bebengama-31 840 abafundi beA(B)ET kumaZiko angama-308, apho ali-120 kuwo ibingamaZiko anguNdoqo (Main Centres).

Ngaphantsi nje kwesibini esithathwini (two thirds) kwaba bafundi (abangama-19 394) ibingabafundi beABET iNqanaba 1-4. Isinye esithathwini (a third) (abangama-11 605) ibingabafundi beFET baza bangama-841 abafundi abathathe inxaxheba kwii-program zeekhosi zexesha elifutshane.

Ukusasazwa kwabafundi kwinqanaba nebanga ngalinye, ngokwesithili, kuye kwema ngale ndlela ilandelayo.

ISithili	INqanaba loku-1	INqanaba lesi-2	INqanaba lesi-3	INqanaba lesi-4	Bng 10	Bng 11	Bng 12	Amanye	Zizonke
Cape Winelands	750	564	599	2 118	20	5	2 054	215	6 325
Eden and Central Karoo	608	462	543	1 230	0	0	494	20	3 357
Metro Central	425	213	184	998	45	64	3 658	115	5 702
Metro East	156	106	165	1 778	0	0	90	102	2 397
Metro North	238	216	319	1 565	0	0	1 723	0	4 061
Metro South	273	291	372	1 419	0	0	2 817	81	5 253
Overberg	282	289	276	1 027	0	0	505	171	2 550
West Coast	374	126	201	1 227	0	0	130	137	2 195
Xa zizonke zidibene	3 106	2 267	2 659	11 362	65	69	11 471	841	31 840

Inani lamaziko zeSithili ngasinye sinikwe kule theyibhile ingezantsi:

ISithili	Abafundi	AmaZiko kaRhulumente		AmaZiko aBucala	AmaZiko eWonke
		AnguNdoqo	AngamaSebe		
Cape Winelands	6 325	20	46	1	67
Eden and Central K	3 357	14	41	1	56
Metro Central	5 702	18	5	0	23
Metro East	2 397	10	7	1	18
Metro North	4 061	19	14	0	33
Metro South	5 253	17	4	1	22
Overberg	2 550	10	26	0	36
West Coast	2 195	9	43	1	53
Xa ewonke edibene	31 840	117	186	5	308

Ngo-2014, iSebe iWCED liye laqhuba nokunika kwalo iiProgram zeMfundo yabaDala kubasebenzi bamaSebe kaRhulumente wePhondo nokaZwelonke. Abafundi abangama-555 abasuka kula masebe karhulumente baye kumaziko angama-20 ngo-2014.

IPhulo lokuFunda nokuBhala labantu abaninzi iKha Ri Gude Mass Literacy campaign, laqaliswa lalawulwa liSebe leMfundo esisiSeko, lamiselwa ngokusesikweni ngoEpreli ka-2008 ngenjongo yokuxhobisa abantu baseMzantsi Afrika abazizigidi eziyi-4.7 ukuba ngo-2012 babe sele bekwazi ukufunda nokubhala kwanokubala ngolunye lweelwimi zaseburhulumenteni ezilishumi elinanye. Abafundi abakule program bancedwe ngabancedisi bezifundo (tutors) kunye nabalungiseleli (coordinators) bephondo. Abafundi bafundiswa ukufunda nokubhala ngolwimi lwabo lwenkobe ngokuhambelana nemigangatho yeyunithi yeNqanaba loku-1 leA(B)ET. Abafundi kufuneka bagqibe imisebenzi yeemvavanyo engamashumi amabini (eli-10 yeyolwazi lokufunda nokubhala (ilitheresi) eli-10 yeyolwazi lokubala (inyumeresi)) kwiiPotifoliyo zabo zokuHlolwa kwaBafundi (Learner Assessment Portfolios) (LAPS). IiLAPS zimodareyithwa zize zingqinisiswe yiSAQA. Bebangama-15 731 abafundi eNtshona Koloni ngo-2014/15, abali-126 babo ingabafundi abangaboniyo.

Ngo-2014 kuye kwaqhutyekwa neYouth Focus Project ebisenzelwa ukujongana neemfundo zemfundo zabafundi abakwizikolo zikarhulumente abebephinda iBanga le-9 ityeli lesibini, elesithathu okanye elesine nabebebudala beminyaka emithathu okanye nangaphezulu kuneminyaka yobudala yesiqhelo beBanga le-9. Kuye kwenziwa iprogram yaza yaxhaswa ngemali ukunika ithuba iqela labafundi ukuba bafakwe kwizifundo ezijolise kwezomsebenzi kwiiKholeji zeFET nakumaZiko eAET ukwenzela ukuba agqibe iprogram yokuvula umsantsa (bridging programme) eya kutsho kwiGeneral Education and Training Certificate: NQF Level 1.

Ngama-616 abafundi ababefakwe kwiiKholeji zeFET ukwenzela iprogram yokulungela ukungena kumaziko aphakamileyo (bridging programme) abafundi abangama-222 abebephumelele ibridging programme ngo-2013 baye babhaliselwa iiprogram zeNqanaba lesi-2 leNQF nakwiiprogram zobuchule (skills programmes). IWholesale and Retail Seta (W&R Seta) iza kuxhasa ngemali abafundi abangama-240 abaphuma kweli qela lango-2014 ukuze bafumane iziqinisekiso zemfundo (qualification) zeNqanaba lesi-2 leNQF kwiWholesale and Retail ngokubambisenen nezi kholeji zilandelayo: Boland, Northlink, South Cape kunye neCollege of Cape Town.

Abafundi abangama-450 baye bafakwa kumaziko eAET ngo-2014, njengenxalenye yeprojekthi eJolise kuLutsha (Youth Focus project). IBhajethi yeli qela labafundi ibizizigidi ezingama-R26 (2014/2015).

IziPhumo zeeMvavanyo

ENTshona Koloni, amaziko ali-109 abhalise abaviwa abangama-5 259 kuviwo lweNqanaba lesi-4 leABET lwangoNovemba ka-2014. Ubhaliselo lweemviwo belukumaZiko kaRhulumente okuFunda kwabaDala (Public Adult Learning Centres) angama-88, amaziko eeNkonzo zoLuleko ali-11 kunye namaziko abucala ali-10.

Le theyibhile ingezantsi ibonisa ukunyuka okuzinzileyo kwenani labo bangenela ezi zifundo, nto leyo ibonisa ukunyuka kwamathuba okukwazi ukufikelela kwimfundo kwabantu abadala.

	2012	2013	2014
Abachophele iimviwo zenkalo enye nangaphezulu	3 987	4 776	5 259
Ubhaliso oluPheleleyo lweenkalo zokufunda	16 897	19 450	20 996

ISebe iWCED lipaselwe ngama-12 611 kwiinkalo zokufunda (learning areas) ngo-2014 xa kuthelekiswa nokupasa okungama-8 463 kwiinkalo zokufunda kwango-2013 kunye nokupasa okungama-7 677 kwango-2012. Abebechophele iimviwo baqhube kakuhle kwiinkalo zezifundo ezininzi yaye izinga lokupala elingu-84.3% lingcono kakhulu kuneleminyaka emibini edlulileyo.

INani lababhalileyo (IiNkalo zokuFunda)			INani labapasileyo (IiNkalo zokuFunda)			Izinga lokupasa		
2012	2013	2014	2012	2013	2014	2012	2013	2014
12 234	13 232	14 961	7 677	8 463	12 611	62.8%	63.7%	84.3%

linkcukacha-manani zezinye zeeNkalo zeziFundo (Learning Areas) ezinabafundi abaninzi zezi zingezantsi:

	Inani lababhalileyo			Izinga lokupasa (%)		
	2012	2013	2014	2012	2013	2014
Ancillary Health Care	1 257	1 141	1 091	53.9	68.6	85.2
Eco and Management Sciences	458	451	594	60	62.8	78.3
Human and Social Sciences	193	125	708	71	86.4	76.7
Afrikaans	776	1 028	1 057	84.4	84.6	85.9
IsiNgesi	1 726	1 794	1 974	48.2	43.4	75.5
IsiXhosa	497	469	546	82.3	80.4	93
Life Orientation	2 325	2 422	2 759	81.8	72.5	89
Mathematical Literacy and Mathematical Sciences	2 300	2 682	2 728	50	55.3	77.3
Small Medium and Micro Enterprises	682	701	541	54.2	57.6	85.6
Travel and Tourism	1 372	1 485	1 843	64.8	63.9	84.3
Zizonke	11 586	9 876	13 841			

Uphuhliso lweZakhono zootitshala

Uqeqesho oluthathe iintsuku ezimbini lwabaLawuli bamaZiko (Centre Managers) nabaLungiseleli bamaZiko (Site Coordinators) beluzinyaswe ngabathunywa abali-110 eBoland College Campus, eStellenbosch.

INkxaso eNikiweyo

Kwenziwe uhlaziyo lwekota kuzo zosi-8 izithili njengoko bekucwangcisiwe. UkuCwangciselela ukuSebenza: Ithuba lohlolo lwaphakathi enyakeni beluzinyaswe ngabo bonke abaSebenzi beZithili nabakaNdlunkulu. Izihlandlo zotyelelo zokuLungela ukuSebenza kweZithili (District Readiness visits) ziye zaqhutywa ngoNovemba/Disemba ka-2014, ngelixa iingxoxo ezijonga amacala omabini (bi-lateral meetings) ebezichotshelwe nabaLawuli beeAET IMG ziye zangoJanyuwari ka-2015 apho bekugxilwe kwinkxaso eza kunikwa iIMG kunye nezicwangciso zazo zika-2015.

Ngo-2014 kuye kwabanjwa iiForam zephondo zabaLawuli bamaZiko (Centre Managers' Forums). Ukusekwa nokusebenza kwesi sitraktsha kukhokelwa ngumgaqo-sikhokelo wemimiselo (regulatory framework), ovunywe ngoEpreli ka-2012.

Izalathi zentsebenzo

IProgram 6					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukushintsha kusukwe kwiithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM 601: Inani labafundi ababhaliswe kumaZiko karhulumente eABET	33 595	21 500	31702	10 202	Amanani ongezelelekileyo obhaliso abangelwe ngumsebenzi ozinzileyo weminyaka ngeminyaka wokunika amathuba okuqhubela phambili izifundo.
PPM 602: Inani lootitshala abaqeshwe kumaZiko karhulumente eABET	904	1 400	1151	-249	Babe mbalwa ootitshala abafunekayo kuba ukubhaliswa kwamanani amakhulu bekuthetha ukuba mbalwa kootitshala abafunekayo.

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukunika isikhokelo nenkxaso kwabo baseza kuba ngabafundi kula maziko (prospective students)
- Ukuqinisekisa ngokuqeshwa kootitshala abaneziqinisekiso zemfundo (qualified) nabazimiseleyo

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 6 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukukhupha izithuba zengqesho zootitshala kumaZiko eMfundo noQeqesho lwabaDala
- Ukukhupha iinkxaso-mali zamaZiko eMfundo noQeqesho lwabaDala

Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
6.1 AmaZiko kaRhulumente	5,408	3,432	1,976	5,006	5,006	-
INkxaso-mali kuMaziko aBucala	31,201	31,201	-	32,892	32,892	-
6.3 IiNkonzo zoQeqesho looTitshala (Professional Services)	-	-	-	-	-	-
6.4 UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	-	-	-
Zizonke	36,609	34,633	1,976	37,898	37,898	-

4.7 Iprogram 7: IMfundo noPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo

Injongo:

Ukunika uPhuhliso lweMfundo yaBantwana abasaQalayo (Early Childhood Development) (ECD) kwinqanaba leBanga R ngokungqinelayo noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 5 (White Paper 5).

Iprogram yeECD iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 7.1: IBanga R leZikolo zikaRhulumente

Ukunika izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifuneka kwiBanga R.

Iprogram esekelayo 7.2: IBanga R kumaZiko oLuntu

Ukuxhasa amaziko oluntu athile kwinqanaba leBanga R.

*Iprogram esekelayo 7.3: UQeqesho lwaPhambi kweBanga R*Ukunika uqeqesho nentlawulo yemivuzo yesibonelelo (stipends) yeeprakhthishina zabantwana abangekafiki kwiBanga R.

Iprogram esekelayo 7.4: UPhuhliso lweZakhono zabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uqeqeshelo lomsebenzi kunye nolunye uhlobo lophuhliso lootitshala nakwabangezotitshala abakumaziko eECD.

Iprogram esekelayo 7.5: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 5 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (conditional grants).

Iinjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

INjongo eCwangciswe ngobuChule 7.1	Ukunika izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithile kunye nezikolo ezizimeleyo ezichongiweyo izixhobo zoncendo ezifunekayo kwiBanga R kwanokwenza iimeko ezikhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziseke iiklasi zeBanga R kwiiklasi ezikhoyo ezifumanekayo okanye ziseke iiklasi ezintsha zeBanga R Ukuququzelela ukuqeqeshwa kweprakhthishina zeECD zeNqanaba 1, 4 no-5
---	--

Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

Amanani obhaliso lwabafundi

Idatha yabafundi beBakala R efakwe ekhompuytheni kwiiSaveyi zoNyaka zezikolo zikarhulumente nezikolo zeECD ezizimeleyo zibonisa ukwanda okukhulu okunga-6 000 kobhaliso lwabafundi beBanga R phakathi kuka-2013 no-2014. Le nto ibangelwa lulungiselelo (provisioning) olwenzelwa amaBanga R nakukukhula kwamamani oluntu.

Uphuhliso lweZakhono zootitshala

Uqeqesho lweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS) lwenzelwe iiprakthishina zeBanga R ebezifika ngo-2014/15.

Iiprakthishina zaseECD ezingama-6821 xa zizonke zibhaliselwe inkqubo yokunika abafundi beNqanaba 1, 4 okanye 5 amava (learnership programmes), nkqubo ezo zinikwa ziiKholeji zeFET zaseNtshona Koloni apha ekuqhubeni kwalo nyaka uhlolwayo.

Ngaphezulu, abantu abangasebenziyo abangama-420 baye baxhamla kwinkqubo yabaNcedisi-Prakthishina baseECD yeNqanaba 1 yeenyanga ezili-12 ebinikwa ziiKholeji zeFET. Abanye abantu abangama-22 abongezelelweyo baye banikwa imisebenzi yekhontrakthi njengabasebenzi bokuxhasa ulungiselelo (administrative support staff).

INkxaso eNikiweyo

liNkxaso-mali

Ngo-2014 isabelo senkxaso-mali yabafundi beBanga R kwizikolo zikarhulumente ezingama-977 nezikolo ezizimeleyo ezingama-340 iye yanyuswa, ukwenzela ukuyingqinelanisa neemfuno zemiMiselo nemiGangatho kaZwelonke yokuxhaswa kweBanga R (National Norms and Standards for Grade R funding). Inkxaso iye yanyuswa ngale ndlela ilandelayo:

INqanaba	Ngomfundi ngamnye yonke imihla ngo-2013	Ngomfundi ngamnye yonke imihla ngo-2014	Ixabiso elitsha lomfundi ngamnye ngonyaka
1	R20	R24	R4,800
2	R19	R24	R4,800
3	R18	R24	R4,800
4 Ezingahlawuli fizi	R17	R24	R4,800
5 Ezingahlawuli fizi	R16	R24	R4,800
4 lifizi zesikolo	R17	R18	R3,600
5 lifizi zesikolo	R16	R17	R3,400

Ukwabiwa kwenkxaso-mali kuya kuqwalaselwa kwakhona ngonyaka-mali ka-2015/2016

Iifom zebango zenkxaso-mali zingeniswa kwaNdlunkulu qho ngekota kuze oku kungqinisiswe phambi kokuba kwenziwe iintlawulo kwiiakhawutni zebhanki zezikolo. Ngo-2014/15 abafundi beBanga R abangama-55 790 abakwizikolo zikarhulumente nabafundi beBanga R abangama-12 350 abakwizikolo ezizimeleyo ze-ECD baye bafumana inkxaso-mali.

Kuqulunqwe incwadana esisikhokelo sokulawulwa kwemali yeBanga R ukunika inkxaso kwiiKomiti zaBaphathi Bezikolo (School Management Teams) ekusetyenzisweni ngempumelelo nangobuchule kwezabelo zenkxaso-mali. Iinqununu namalungu e-SGB atyunjiweyo ezikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo zee-ECD ezili-1 261 ziye zaya kwiiseshoni zengcaciso ebeziququzelelwa ngabaphathi be-ECD IMG besithili.

Ngo-2014 amagosa kandlunkulu nawezithili aye abeka esweni ukusetyenziswa kweenkxaso-mali kwizikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo ze-ECD ezili-100. Le nkqubo yokubeka esweni iza kuqhubeka nakulo nyaka-mali uzayo.

Isibonelelo (stipend) esihlawulwa zonke iiprakhthishina zaseECD sinyuswe ukusuka kwi-R1 428 ukuya kwi-R1 515 ngenyanga ngoNovemba ka-2014. Zonke iiprakhthishina zaseECD ezikwinqubo yoqeqesho lwabafundi (learnership) ngoku ziye zaxhamla koku konyuswa kwesibonelelo. Oku konyuselwa kuye kwanefuthe elihle ekuhambeni iiklasi zoqeqesho kwabo bebeqeqeshwa.

Izixhobo (facilities) ezongezelelweyo nezixhobo zokuncedisa emsebenzini

Kuye kwakhiwa amagumbi okufundela eBanga R angamashumi amahlanu ngo-2014/15. Izikolo ezili-120 zifumene imali yefenitshala kunye nomqulu osisiseko wenkxaso yokuqalisa iECD (basic start-up ECD resource pack). Iiprakhthishina zeBanga R ezikwezi zikolo ziye zaqeqeshelwa ukusetyenziswa ngempumelelo kwezi zixhobo zokuncedisa ekufundeni. Izinto ezikwiikiti ze-ECD zibandakanya imidlalo emalunga nolwazi lokubala kunye nolwazi lokufunda nokubhala (numeracy and literacy games) kwakunye neephazili, iibloko zomthi, iisethi zokwakha, iincwadi zamabali aqwetyiweyo kunye nayinyaniso, izixhobo zomculo neethoyi ezinamavili.

Iiprakhthishina nabancedisi baseECD abangama-6 821 baya kuqeqesho baza bafumana izikhokelo zoqeqesho kunye neekiti zoncendo lokuqala ezilungiselelwe iikrishi zabo.

IBanga R kwiZikolo zabaNgevayo

Iiprakhthishina ezintlanu nabancedisi beeprakhthishina abahlanu beBanga R baqale ukusebenza kwiZikolo ezihlanu zabaNgevayo. Injongo yokuqasha ezi prakhthishina zeBanga R ibikukuqinisekisa ukuqhutywa kweSouth African Sign Language (SASL) kwiiklasi zeBanga R zezi zikolo. Izikolo ezibandakaneyka kwiSASL yiNoluthando, iDominican School for the Deaf, iMary Kihn, iDe La Bat neNuwe Hoop.

IiNjongo eziCwangciswa ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 7					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kweYona	Izimvo malunga notshintsho
PPM701: Inani labafundi ababhaliswe kwiBanga R kwizikolo zikarhulumente	59 565	61 000	64 140	3 140	Kusenokwenzeka anyuke la manani ngenxa yezizathu ezahlukeneyo: esona siphambili kukunyuka kwamanani abantwana abakobu budala; abantwana abongezelelekileyo kweli phondo; inani elonyukileyo lamagumbi okufundela elinikwayo kunye neziphumo zenkqubo yephulo lokwazisa ngokubaluleka kwemfundo (programme of advocacy).

IProgram 7					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	ITHagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kweYona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM702: Inani lezikolo zikarhulumente ezineBanga R	939	946	977	31	Lonyukile inani labafundi abathathwayo njengoko izikolo zibona inzuzo yokuba neBanga R kumasango esikolo kwezemfundo, ezemali nezolawulo.
PPM 703: Inani leeprakhishina zeBanga R eziqeshwa kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ngekota	alikhho	alikhho	alikhho	alikhho	alikhho

Izalathi zentsebenzo

Azikho

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Kugxilwe ekuphuculweni koqeqesho lweetitshala
- Ukujonga kwiinkqubo zenkxaso yabafundi beBanga R aba-'semngciphekweni'
- Ukuqinisekisa ukuba izikolo zinazo zonke iILTSM phambi kokuba kuqale unyaka wokufunda weBanga R.
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa ngempumelelo kweenkxaso-mali zeBanga R kwizikolo eziqhelekileyo zikaRhulumente nakwizikolo ezizimeleyo zeECD ezineBanga R
- Ukuphuculwa komgangatho wokufundisa
- Ukuqhutywa kwe-"Lebhu ePhilayo" ("Living Lab") kwizikolo ezili-100 ukwenzela ukuphucula iziphumo zoLwimi neMathematika nokufunyanwa kwezakhono zesiNgesi

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Azikho

Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 7 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukunika izithuba zootitshala beBanga R kwizikolo zikarhulumente
- Ukwandisa nokuphucula iinkxaso-mali kwiBanga R kwizikolo zikarhulumente nakumaziko azimeleyo ukwenzela ukuqinisekisa ukubhaliswa kwabafundi kwilizwe lonke (universal environment) nokufundisa okusemgangathweni

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisile yo) / eNgaphant si	Ulwabiw o-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithi sileyo) / eNgaph antsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
7.1 IBanga R kwiZikolo zikaRhulumente	329,697	329,697	-	298,673	298,673	-
7.2 IBanga R kumaZiko oLuntu	64,010	64,010	-	53,760	53,760	-
7.3 UQeqesho lwaphambi kweBanga R	109,327	109,327	-	105,153	105,153	-
7.4 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	-	-	-
7.5 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	8,744	8,744	-	8,051	7,949	102
Zizonke	511,778	511,778	-	465,637	465,535	102

4.8 IProgram 8: Uphuculo lweziseko zophuhliso

Injongo:

Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso (infrastructure facilities) zolawulo (administration) nezezikolo

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 8.1: Ezolawulo

Iiprogram esekelayo 8.2: IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente

Iiprogram esekelayo 8.3: IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Iiprogram esekelayo 8.4: UPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo

Iinjongo eziCwangcise ngobuchule (Strategic Objectives)

Iinjongo eCwangcise ngobuchule 8.1	Ukuqinisekisa ngolondolo lweziseko zophuhliso eziphambili ngokokubaluleka kwazo, ngokufikelekayo ngamaxabiso nokuqinisekisa ukuba izikolo zakhiwa ngendlela engqinelana nemiba ephambili yokubaluleka kwabantu ngokweendawo zabo (priority demographic trends)
---	--

Iinjongo ezicwangcise ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifizekisiweyo

Iinkcukacha zinikwe phantsi kweCandelo 6.8. "Isicwangciso solungiso lotyalo-mali lweZakhiwo kunye nolawulo lweeasethi" ("Capital investment, maintenance and asset management plan"). Isishwankathelo sinikwe apha ngezantsi.

Iiprojekthi zokwakha ezigqitywe ngo-2014/15

Izikolo ezitsha

- Kugqitywe izikolo ezitsha ezibini zanikezelwa ngo-2014/15, ezizezi: iBrackenfell High School (iProtea Heights Academy) neWellington Primary School (iVan Wyksvlei Primary School);
- Izikolo ezibini ezingesosigxina (mobile schools) ziye zagqitywa ukuba zibe nokusetyenziswa ngo-2014/15, zezi: Nomzamo Primary School neNomzamo High School.

Izikolo eZakhiwe ngoKutsha kwezikolo (ukutshintshwa kwezikolo ezakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga)

- Ezi Zikolo Zakhiwe ngoKutsha zilandelwayo ziye zagqitywa ngo-2014/15 kusetyenziswa imali yeSebe iWCED: iWes Eind Primary School, iBuck Road Primary School, iHazendal Primary School neTouwsrante Primary School.
- Ezi Zikolo zaKhiwe ngoKutsha zilandelwayo zigqitywe ngo-2014/15 njengenxalenye yeprojekthi yeziseko zophuhliso ezingundoqo (capital infrastructure project) yeAccelerated School Infrastructure Development Initiative (ASIDI) exhaswa liSebe leMfundo esisiSeko: IHeideveld Primary School, iKensington Secondary School, iKnysna Secondary School, iPortia Primary School neSophumelela Secondary School.

Amagumbi okufundela ongezelelweyo

- Ukwandiswa kwamagumbi okufundela: Akukho magumbi okufundela aye akhiwa ngo-2014/15 kwezi zikolo zikhoyo.
- Ukunikwa kwamagumbi okufundela eBanga R: Amagumbi okufundela angama-51 aye agqitywa ngo-2014/15. Onke amagumbi okufundela asuka kuluhlu lweeprojekthi zika-2012/13 okanye zika-2013/14. Akekho aye agqitye ngo-2014/15 kumagumbi okufundela ali-14 abesetwe njengeethageti zika-2014/15.
- Kuye kwanikwa iiyunithi ezingesosigxina (mobile unit): Amagumbi okufundela ali-145.

Iziseko zophuhliso (infrastructure) ebezilungiselelwe ukugqitywa ku-2014/15 zibekwe apha ngezantsi, zibekwa kunye namanani ezinto ezenzekileyo.

Udidi	Okuthagethiweyo	Elona nani
Izikolo ezitsha	3	2
Izikolo eZakhiwe ngoKutsha (Replacement schools (kuquka neASIDI))	Akukho thagethi	9
Amagumbi okufundela eBanga R	Amagumbi okufundela ali-14	Awekho (ziyi-0) amagumbi abelungiselelwe kodwa angama-51 amagumbi okufundela (aqhutywe ukusuka kwiminyaka engaphambili)
Ukuhlaziywa nokongezwa	Akukho thagethi isetiweyo	0
Ukwandiswa kwamaGumbi okufundela	Akukho thagethi isetiweyo	Awekho amagumbi okufundela (ayi-0)
Amagumbi okufundela angesosigxina	Akukho thagethi isetiweyo	Amagumbi okufundela ali-145

IiNjongo eziCwangcise ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 8					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukuhshintsha kusukwe kwiithagethi eCwangciseiweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM801: Inani lezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente eziza kunikwa amanzi	0	0	0	0	Azikho
PPM802: Inani lezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente eziza kunikwa umbane	0	0	0	0	Azikho
PPM803: Inani lezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente eziza kunikwa iinkonzo zogutyulo	0	0	0	0	Azikho

IProgram 8					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukufshinsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM804: Inani lamagumbi okufundela aza kwakhiwa kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	265	85	253	168	Izikolo ezi-3 ebezibekwe njengethagethi eza kugqitywa ngo-2014/15 ibiyiBrackenfell High School, iMasakhane Primary School neVuyiseka High School. IBrackenfell High School igqitywe ngokwexesha ebelibekiwe ikunye neWellington Primary School (ebekelwe ithagethi ka-2015/16) egqitywe ngaphambi kwexesha elibekiweyo. Ngoko ke kwakhiwe amagumbi okufundela amatsha angama-57 kwangama-85. Amagumbi okufundela angama-51 eBanga R abedluliselwe esuka kwiminyaka edlulileyo agqitywe kwaza kwanikwa amagumbi okufundela angesosigxina ali-145.
PPM805: Inani lamagumbi eengcali (specialist rooms) aza kwakhiwa kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	62	22	12	-10	Jonga isizathu esinikwe kwiPPM804 apha ngentla. Azigqitywanga zonke izikolo ebezicwangciselwe.

Izalathi zentsebenzo

Azikho

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukusa iimali ezininzi kulungiso lwezinto
- Indlela egxile kulungiso ngoluhlu lobambiswana, umz. ukunikwa kwemali okuhamelaniswayo (matched funding)
- Ukujongana nokungabikho kwamaziko (sites) ngolungiselelo oluphakathi kweSebe iWCED, iSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente (DTPW) kunye namacandee oorhulumente bendawo.
- Ukuncedisana nesindululo sokubekwa kwezicelo zokwahlulwa kwemisebenzi (zoning applications) okwenziwa phakathi kweSebe iWCED, iDTPW (ulawulo lweepropati) kunye Sebe lemiCimbi yeZENdalo noCwangciso (Department of Environmental Affairs and Planning) (DEADP).

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukuxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 8 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukwandiswa, ukuphuculwa nokulungiswa kweziseko zophuhliso (infrastructure) kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kunye neBanga R kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente

Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
8.1 Ulungiselelo (Administration)	10,338	10,338	-	9,190	9,190	-
8.2 IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente	1,399/827	1,385/886	13,941	1,161/856	1,023/222	138,634
8.3 IZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneemfuno ezizodwa	8,200	8,200	-	6,978	6,978	-
8.4 - UPuhliso lweMfundo yaBantwana abasaQalayo Zizonke	35,067	35,067	-	14,922	14,922	-
	1,453/432	1,439/491	13,941	1,192/946	1,054/312	138,634

4.9 IProgram 9: linkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo

Injongo:

Ukunika amaziko emfundo epheleleyo anoqeqesho nenkxaso

IiNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nemfundo zibandakanya ezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 9.1: Ukuhlawulwa kweeSETA

Ukunika uphuhliso lwabasebenzi (HRD) ngokoMthetho woPhuhliso lweZakhono (Skills Development Act).

Iprogram esekelayo 9.2: IiNkonzo zoqeqesho lweetitshala (Professional Services)

Ukunika ootitshala nabafundi abasezikolweni iinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lezemfundo.

Iprogram esekelayo 9.3: Iiprojekthi eziKhethekileyo

Ukunika iiprojekthi ezikhethekileyo zongenelelo loncedo ezilawulwa lisebe kwezemfundo xa zizonke

Iprogram esekelayo 9.4: IiMviwo zaNgaphandle

Ukulungiselela iinkonzo zeemviwo ezilawulwa liSebe.

Iprogram esekelayo 9.5: IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi ezicaciswe liSebe leMfundo esisiSeko ezisetyenziswa kwiiiprogram ezingaphezulu kweiprogram enye nexhaswa ngemali esuka kwiigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile.

IiNjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

INjongo eCwangciswe ngobuChule 9.1	Ukunika ufikelelo kuzo zonke iimviwo zangaphandle; ukuqinisekisa ngokuba semgangathweni kweenkqubo zeemviwo nohlolo; ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zizilawula ngokufanelekileyo iimviwo nohlolo lwasesikolweni; nokuxhasa ukufunda
---	--

Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

Iimviwo

Ngo-2014, iSebe iWCED liye laqhuba iimviwo ezibalulekileyo ezintlanu ngokuhambelana nemigaqo-nkqubo kunye nemimiselo echaphazelekayo. Ezi mviwo zezi:

- Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (Oktobha/Novemba)
- Iimviwo zokuXabangela zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (ngoFebruwari/Matshi ngonyaka ngamnye).
- Iimviwo zeMatriki (ngoMeyi/Juni)
- Iimviwo ze-ABET iNqanaba 1-4 (ngoMeyi/Juni)
- Iimviwo ze-ABET iNqanaba 1-4 (ngoOktobha/Novemba)
- Le theyibhile ingezantsi inika iinkcukacha zamanani obhaliso kunye nabo babhala ezi mviwo zintlanu.

Uviwo	Inani lababhalisileyo	Inani lababhalileyo	Inani lamaziko
limviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (Oktobha/Novemba)	48 835	47 709	434
limviwo zokuXabangela zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (ngoFebruwari/Matshi ka-2015).	7 128	5 558	158
limviwo zeMatriki (ngoMeyi/Juni ka-2014)	26 988	14 023	165
limviwo ze-ABET iNqanaba 14 (ngoMeyi/Juni ka-2014)	831	494	59
limviwo ze-ABET iNqanaba 14 (ngoOktobha/Novemba ka-2014)	5 259	3 981	109

Ngaphezulu, uHlolo loNyaka zikaZwelonke (Annual National Assessments) lubhalwe kwiBanga loku-1-6 nele-9 La maphepha asetwa liSebe leMfundo esisiSeko aze aziswe kumaphondo ukwenzela ukuba awalungiselele. Injongo yolu hlolo kukumisela amanqanaba asisiseko (benchmark), ukulandelela nokuphucula ukufunda, ukubhala nobuchule bemathematika kubafundi beBanga loku-1 – 6 nobeBanga le-9.

limvavanyo zoHlolo loNyaka lukaZwelonke (Annual National Assessment) ziye zabhalwa ukususela ngomhla we-16 ukuya kowe-19 kuSeptemba ka-2014. ENtshona Koloni bangama-612 276 xa bebonke abafundi abaye babhala iimvavanyo ebeziqhutywa kwizikolo ezili-1 558 kuquka izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezili-1 458, izikolo ezingama-83 eziZimeleyo ezifumana inkxaso-mali kunye nezikolo ezili-17 zemfundo eneeMfuno eziZodwa.

Ukhuseleko lweemviwo yeyona nto ibalulekileyo. Zonke iinkqubo nezigaba ezilandelwayo zeemviwo zilawulwa ngokomgaqo-nkqubo kaZwelonke ojongene nokwenziwa, ukulungiselelwa nokulawulwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National policy pertaining to the conduct, administration and management of the National Senior Certificate examination) opapashwe njengeSaziso Namba 564 sikaRhulumente esipapashwe kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 30048 yomhla wesi-6 kuJulayi ka-2007, njengoko uhlaziyiwe: kwiSaziso 372 sikaRhulumente nesingu-373 kwiGazethi kaRhulumente, Vol.587, Namba 37652 somhla we-16 kuMeyi ka-2014.

ISebe iWCED laye laqeqesha abantu abangama-2 116 kwiiseshoni eziyi-18 ngoSeptemba 2014 ekulawuleni inkqubo yoviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwinqanaba lesikolo. Ukugadwa kokuqhutywa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezikaABET iNqanaba 4 kuye kwaqhutywa ngootitshala nabagadi bangaphandle. Inqununu ibiligosa eliyintloko lezeemviwo yaza yaxhaswa nguMgadi oPhezulu (Senior Invigilator) wangaphandle oqeshiweyo.

Ukuphucula umgangatho wokumakishwa kweNSC, kuye kwaqhutywa iimvavanyo zokukwazi ukukorekisha kubakorekishi, nezenziwe kwizifundo ezilishumi elinanye ngoEpreli - Agasti ka-2014.

Amanqaku okuhlola kwasesikolweni (SBA) ayinxalenye yamanqaku okugqibela ngokunjalo nemisetyenzana emininzi eyenziwayo (practical tasks), ngokuxhomekeke kwimigaqo elawula isifundo ngasinye. Ukuqinisekisa ukuba amaqaku afanelekile kwaye anyanisekile, ootitshala kufuneka ukuba bangenise imisebenzi yovavanyo kwintloko yesifundo kwinqanaba lesikolo ukwenzela ukumodareyitha. Abacebisi ngezekharityhulam benza umsebenzi wokumodareyithwa kweSBA kwinqanaba lesikolo. Ukumodareyithwa kweSBA kuphinde kwenziwa kwinqanaba lephondo phambi kokumodareyitha okwenziwa liSebe leMfundo esisiSeko noMalusi.

Izikolo nabafundi abaqhube kakuhle ngokubalaseleyo kwiimviwo zeNSC baye bawongwa kumsitho wamabhaso okuwonga onyaka obubanjwe ngowe-14 kuJanuwari ka-2015. Iimbasa zasesikolweni ziye zawonga abo babonise ukuphucula okukhulu kwizinga lokupasa, abapasele ukufundela isidanga nabapase isifundo ngasinye.

Kuye kwalinganiswa iikhrayitheriya zokugqwesa kwisikolo sonke kunye neembasa ezenziwa ngendlela efanelekielyo. Iikhrayitheriya ibikukuzinza kwinqanaba labachophela iimviwo kwiBanga le-12 kwithuba leminyaka emi-3 ka-2012 ukuya ku-2014, izinga elilonke lokupasa lobuncinane be-95% ngo-2014, ipesenti yabachophele iimviwo abaphumelele ngendlela ebavumela ukuba bafunde isidanga nepesenti yabachophele iimviwo abapase iMathematika ngo-60% nangaphezulu.

Iimbasa entsha yezikolo zobuchwepheshe (Technical schools) ebisebenzisa kwaezi khrayitheriya zifanayo kodwa zabandakanya nokuqwalaselwa kwamazinga okupasa adibanisa izifundo zonke (aggregate pass rate) kwizikolo zobuchwepheshe (technical subjects) (iEngineering Graphics and Design; iCivil Technology; iElectrical Technology neMechanical Technology).

Ezi mbasa ziphinde zanikwa abafundi abapase ngokugqwesileyo kwiirekhodi ezipheleleyo zesifundo nakuluhlu lwezifundo ezizimeleyo.

Iimviwo zeSatifikethi seMatrikhi sabafundi abadala ngoku sele zisebenzisa ikharityhulam yeCAPS.

Inani lamaziko eemviwo lehlile ngokuhamba kwamaxesha njengexalenye yohlengahlengiso oluqinisekisa ngokugcinwa komgangatho ophezulu wofikelelo nolawulo lweemviwo. Onke amaziko eemviwo aye aphicothwa ukwenzela ukuqinisekisa aukuba ayazifezekisa iimfuno zokuqhuba nokulungiselela iimviwo.

IiNjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)

IProgram 9					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM 901: Inani labafundi beBanga le-12 ababhale iimviwo zeSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke (NSC)	47 636	48 500	47 709	-791	Olu qikelelo beluphantse lwachaneka. Khange babhale bonke abo bebhahalisile, ngenxa yezizathu ezahlukeneyo ezifana nokugula nokukhulelwa.
PPM902: Inani labaviwa abapase iSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke	40 558	43 000	39 237	-3 763	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke kunye nenani labafundi abapasayo.
PPM903: Inani labafundi abapase iSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke (NSC) ngendlela ebangenisa kwisiDanga	19 477	20 400	18 524	-1 876	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke, inani labafundi abapasayo kunye nenani labo bapasa ngendlela ebangendisisa kwisiDanga.
PPM904: Inani labafundi abapase iMathematika kwiimviwo zeNSC	12 216	13 200	11 265	-1 935	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke kunye nenani labafundi abapasayo. ISebe iWCED khange lifikelele kwinani ebelibekiwe labafundi, nangona bekukho inkqubo yongenelelo loncedo.
PPM905: Inani labafundi abapase iPhysical Science kwiimviwo zeNSC	8 333	8 300	7 845	-455	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke kunye nenani labafundi abapasayo. ISebe iWCED khange lifikelele kwinani ebelibekiwe labafundi, nangona bekukho inkqubo yongenelelo loncedo.

IProgram 9					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwang-ciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM906: INani labafundi beBanga lesi-3 abapase uLwimi kuHlolo loNyaka kukaZwelonke (ANA)	44 660	47 550	56 243	8 693	Amaphepha eemviwo zeANA akakamiselwa ngokwaneleyo ukuba kube kunokubekwa uqikelelo lokupasa ngokuzithemba. ISebe leWCED linike inkxaso nezikhokelo ezikolweni ngokunxulumene neeANA, yaye ngaphezulu iikopi zamaphepha eminyaka edlulileyo kunye namava okubhala nokumakisa la maphepha bekusenokukhokelela ekubetheni ngaphaya kwaloo thagethi.
PPM907: INani labafundi beBanga lesi-3 abapase iMathematika kuHlolo loNyaka kukaZwelonke (ANA)	53 171	57 130	59 634	2 504	Amaphepha eemviwo zeANA akakamiselwa ngokwaneleyo ukuba kube kunokubekwa uqikelelo lokupasa ngokuzithemba. ISebe leWCED linike inkxaso nezikhokelo ezikolweni ngokunxulumene neeANA, yaye ngaphezulu iikopi zamaphepha eminyaka edlulileyo kunye namava okubhala nokumakisa la maphepha bekusenokukhokelela ekubetheni ngaphaya kwaloo thagethi.
PPM908: INani labafundi beBanga lesi-6 abapase uLwimi kuHlolo loNyaka kukaZwelonke (ANA)	44 549	45 455	45 946	491	Amaphepha eemviwo zeANA akakamiselwa ngokwaneleyo ukuba kube kunokubekwa uqikelelo lokupasa ngokuzithemba. ISebe leWCED linike inkxaso nezikhokelo ezikolweni ngokunxulumene neeANA, yaye ngaphezulu iikopi zamaphepha eminyaka edlulileyo kunye namava okubhala nokumakisa la maphepha bekusenokukhokelela ekubetheni ngaphaya kwaloo thagethi.
PPM909: INani labafundi beBanga lesi-6 abapase iMathematika kuHlolo loNyaka kukaZwelonke (ANA)	27 396	28,860	36 117	7 257	Amaphepha eemviwo zeANA akakamiselwa ngokwaneleyo ukuba kube kunokubekwa uqikelelo lokupasa ngokuzithemba. ISebe leWCED linike inkxaso nezikhokelo ezikolweni ngokunxulumene neeANA, yaye ngaphezulu iikopi zamaphepha eminyaka edlulileyo kunye namava okubhala nokumakisa la maphepha bekusenokukhokelela ekubetheni ngaphaya kwaloo thagethi.

IProgram 9					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	IThagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-2014/2015	Izimvo malunga notshintsho
PPM910: INani labafundi beBanga le-9 abapase uLwimi kuHlolo loNyaka kukaZwelonke (ANA)	26 175	26 565	25 317	-1 248	Amaphepha eemviwo zeANA akakamiselwa ngokwaneleyo ukuba kube kunokubekwa uqikelelo lokupasa ngokuzithemba. Inkqubo yeBanga le-9 kwinqaba likazwelonke ibiphantsi.
PPM911: INani labafundi beBanga lesi-9 abapase iMathematika kuHlolo loNyaka kukaZwelonke (ANA)	5 291	7 390	4 441	-2 949	Amaphepha eemviwo zeANA akakamiselwa ngokwaneleyo ukuba kube kunokubekwa uqikelelo lokupasa ngokuzithemba. Inkqubo yeBanga le-9 kwinqaba likazwelonke ibiphantsi.

Izalathi zentsebenzo

IProgram 9					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	IThagethi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-	Izimvo malunga notshintsho
PPI 9.1: I-% yabafundi beBanga lesi-3 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwimi	37%	42%	42.4%	0.4%	Kuye kwagqithiswa kwithagethi ngenxa yenkqubo yokomeleza namaphulo ongenelelo loncedo, umz. uqeqesho, imizekelo yamaphepha eemviwo, izixhobo, nokubekwa kweethagethi
PPI 9.2: I-% yabafundi beBanga lesi-3 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika	55%	60%	54%	-6%	Akufikelelwanga kwithagethi nangona ibikho inkqubo yokomeleza namaphulo ongenelelo loncedo, umz. uqeqesho, imizekelo yamaphepha eemviwo, izixhobo, nokubekwa kweethagethi
PPI 9.3: I-% yabafundi beBanga lesi-6 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwimi	30%	37%	37.9%	0.9%	Kuye kwagqithiswa kwithagethi ngenxa yenkqubo yokomeleza namaphulo ongenelelo loncedo, umz. uqeqesho, imizekelo yamaphepha eemviwo, izixhobo, nokubekwa kweethagethi
PPI 9.4: I-% yabafundi beBanga lesi-6 abafumene iziphumo	28%	33%	30.4%	- 2.6%	Akufikelelwanga kwithagethi nangona ibikho inkqubo yokomeleza namaphulo

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
ePhondo leNtshona Koloni

IProgram 9					
UMlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Eyona Mpumelelo 2013/2014	Ithageathi eCetyiweyo 2014/2015	Eyona Mpumelelo 2014/2015	Ukutshintsha kusukwe kwithageathi eCwangciselweyo kuyiwe kwEyona Mpumelelo ka-	Izimvo malunga notshintsho
ezamkelekileyo kwiMathematika					ongenelelo loncedo, umz. uqeqesho, imizekelo yamaphepha eemviwo, izixhobo, nokubekwa kweethageathi
PPI 9.5: I-% yabafundi beBanga le-9 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwimi	48%	50%	47.6%	- 2.4%	Akufikelelwanga kwithageathi nangona ibikho inkqubo yokomeleza namaphulo ongenelelo loncedo, umz. uqeqesho, imizekelo yamaphepha eemviwo, izixhobo, nokubekwa kweethageathi
PPI 9.6: I-% yabafundi beBanga le-9 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika	14%	20%	14.9%	- 5.1%	Akufikelelwanga kwithageathi nangona ibikho inkqubo yokomeleza namaphulo ongenelelo loncedo, umz. uqeqesho, imizekelo yamaphepha eemviwo, izixhobo, nokubekwa kweethageathi
PPI9.7: Izikolo ezinezinga lokupasa elikukupasa <60% kwiSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke	23	10	31	- 21	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke kunye nenani labafundi abapasayo. Ngoko ke izinga lokupasa kwezikolo ezibuthathaka liye lachaphazeleka zaza zazininzi izikolo ezipasa <60% kunokuba bekuqikelelwe nangona ibikho inkqubo yongenelelo loncedo.
PPI9.8: Izinga lokupasa leSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke	85.1%	88.6%	82.2%	- 6.4%	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke kunye nenani labafundi abapasayo.
PPI9.9: I-% yabafundi abapase ngendlela ebangenisa kwisiDanga	40.9%	42%	38.8%	- 3.2%	Imigangatho engqingqwa kakhulu ebisetyenziswe ekusetweni nasekumakishweni kwamaphepha iye yachaphazela izinga lokupasa likazwelonke kunye nenani labafundi abapasayo kunye nabafundi abafaneleka ukuba bangafunda isiDanga.

Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Amaphulo azinzileyo ongenelelo loncedo asekelwe kwiimfuno enziwa kuwo onke amabanga ukwenzela ukuphucula indlela abaqhuba ngayo abafundi
- Ukusetyenziswa okuqhubekayo kwadatha ukwenzela ukuxhasa amaphulo ongenelelo loncedo
- Ukuqeqeshwa kweenqununu kwiimfuno ezintsha zohlolo
- Ukuphuculwa kokumakishwa kwamaphepha
- Ukuqhubeka nokulungielela nolungiselelo lweemvavanyo zokumakisha ezibhalwa ngabo bamakishayo, kwanokukwandisa oku

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 9 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukuqesha abantu bokumakisha iimviwo
- Ukukhangelwa (sourcing) kunye nokusiwa kwezixhobo zokusebenza kumaziko okumakishela iimviwo
- Ukuprintwa nokuhanjiswa kwamaphepha eemviwo
- Ukuqhutywa kwenkqubo yovavanyo yeANA

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram eSekelayo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi	Ulwabi wo-mali lokugqi bela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
9.1 lintlawulo eziya kwiiSETA	6,096	6,096	-	5,811	5,811	-
9.2 liNkonzo zoQeqesho looTitshala (Professional Services)	533,921	530,087	3,834	500,958	500,958	-
9.3 limviwo zangaphandle	172,851	172,851	-	137,842	137,842	-
9.4 Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	17,731	17,690	41	18,501	17,848	653
9.5 liprojekthi eziqhelekileyo	29,146	29,146	-	-	-	-
Zizonke	759,745	755,870	3,875	663,112	662,459	653

5. Imali eya kwizibonelelo

5.1. Imali eya kwizibonelelo kumaziko karhulumente

Ayingeni ndawo

5.2. Imali eya kwizibonelelo zayo yonke imibutho ngaphandle kwamaziko karhulumente

Iimali eziya kwizibonelelo zihlawula amaziko emfundo ngokomthetho ofanelekileyo kwelo candelo. Umzekelo, kuhlawulwe iimali eziya kwizibonelelo eziya kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente kusenzelwa inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho (norms and standards funding) njengoko ibekiwe kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act), 1996 (uMthetho wama-84 ka-1996). IsiHlomelo 1B samaxwebhu eengxelo zemali onyaka (annual financial statements) sinika ingcaciso ephangalelelyo yohlobo ngalunye lweziko (entity): IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente, iZikolo ezeZimeleyo, iZikolo ezinabafundi abaneeMfundo eziZodwa zeMfundo, iiKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo, iABET: AmaZiko abuCala, iiCD: IZikolo zikaRhulumente ezineBanga R: ULuntu oluneeECD zeBanga R, iiECD: liNkqubo zokunika abafundi amava (learnerships).

UMthetho wokuLawulwa kweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act), 1999 (PFMA) ufuna ukuba amaziko emfundo afumana imali eya kwizibonelelo (transfer payments) anike ubungqina bokuba ezo mali bazichitha ngokwendlela ebezinikelwe yona. Amaziko emfundo kufuneka axele (declare) aze asayine isatifikethi phambi kokuba afumane ezinye iimali eziya kwizibonelelo. Ezi ntlawulo zenziwa ngoEpreli nangoNovemba wonyaka ngamnye. La maziko kukwafuneka afake amaxwebhu engxelo-mali aphicothiweyo (audited financial statements) kweli sebe ekupheleni kukaJuni wonyaka ngamnye.

Kwimeko yeeKholeji zeFET, apho kukho iinkonzo ezenzelwe iSebe iWCED, iNgcaciso yesiVumelwano (Memorandum of Agreement) izicacisile iindima noxanduva lwecala ngalinye kula maziko mabini. Ziye zenziwa qho iingxelo eziya kwisebe lezemfundo ngokunxulumene nenkcitho yemali kunye neenkonzo ezinikiweyo, umz. Ukuqeqeshwa kwepraktishina zaseECD. Iimali zekholeji ziphicothwa qho ngonyaka ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle kunye nabazimeleyo.

Uqeqesho nenkxaso eyenziwa kwinqanaba lesikolo ngumba ophambili ekuqinisekiseni ukulandelwa kwemimiselo ngokubhekiselele kwiimali eziya kwizibonelelo. Ukuhlolwa kweemali (financial inspection) ezikolweni nakumaziko eECD kwenziwa ngamaGosa eNkxaso yeZikolo, asezihilini. La magosa angqinisisa ukuba iingcaciso (declarations) ezenziwa zizikolo ziyangqinelana na nenkcitho eyenziweyo. Izithili zibeka esweni izikolo ngokusekelwe kwisalathisi socazululo kwemingcipheko yelahleko (control risk classification index), oko kukuthi, ukususela kowona mngcipheko welahleko usezantsi ukuya kowona uphezulu. Izikolo zihlolwa ziqala zihlolwe yiofisi yesithili phambi kokuba zinikwe imisebenzi yamaCandelo azilawulela iimali zawo (Section 21). Limeko ezibekwe kuzo (allocated statuses) zihlaziywa qho.

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
 IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 ePhondo leNtshona Koloni

Le theyibhile ingezantsi ibonisa iimali eziya kwizibonelelo (transfer payments) ezenziwe ngethuba elisuka kumhla woku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015.

Igama leziko elibonelelwa ngemali	Uhlobo lweziko	Injongo esetyenziselwe yona imali leyo	Ngaba isebe liye lamlandela u-s 38 (1) (i) wePFMA	Isixa ekubonelelwe ngaso (R'000)	Isixa esichithwe lelo ziko	Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayi sebenzi sanga iziko
Iziko eziQhelekileyo zikaRhulumente	AmaZiko aNgenzi Nzuzo	Iziseko zophuhliso (infrastructure) (ulungiso nophuculo lwazo)	EWE	12,768	12,768	0
		ImiMiselo nemiGangatho: Ukukhula okungaphezulu	EWE	1,757	1,757	0
		Inkxaso-mali yokuhlalisa abafundi (boarding subsidy)	EWE	36,312	36,312	0
		Inkxaso yolungiselelo (admin)	EWE	9,678	9,678	0
		IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: ICandelo lezeNtlalo leEPWP	EWE	4,079	4,079	0
		ImiMiselo nemiGangatho	EWE	752,142	752,142	0
		IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: NSNP	EWE	34,424	34,424	0
		Iimbasa zeBanga le-12	EWE	1,474	1,474	0
		Ukubuyiselwa kweemali zeziko ezixolelwayo ukuhlawula iifizi	EWE	44,385	44,385	0
		Ugxilo kwezolutsha	EWE	23,815	23,815	0
		Ukuthuthwa kwabafundi	EWE	39,065	39,065	0
		Iimbasa zeLitnum	EWE	1,366	1,366	0
		Inkxaso-mali yezothutho yabucala (private transport subsidy)	EWE	4,247	4,247	0
		Uqhagamshelo kwi-intanethi	EWE	19,592	19,592	0
		Izifundo zobuchwepheshe (technical subjects)	EWE	2,231	2,231	0
		Aamaziko oviwo lwematriki	EWE	418	418	0
		Ukhuselo lweziko ezikhuselekileyo	EWE	21,253	21,253	0
		Umnyhadala iEisteddfod	EWE	289	289	0
		Izifundo ezidluliswa ngeintanethi	EWE	597	597	0

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
ePhondo leNtshona Koloni

Igama leziko elibonelelwa ngemali	Uhlobo lweziko	Injongo esetyenziselwe yona imali leyo	Ngaba isebe liye lamlan-dela u-s 38 (1) (i) wePFMA	Isixa ekubonelelwe ngaso (R'000)	Isixa esichithwe lelo ziko	Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayi sebenzi sanga iziko
		IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathan-go ethile: UkuBalwa ngokutsha kwamatyala ezikolo zobuChwephe-she/ iiDinaledi (Dinaledi /Technical Recapitali-sation)	EWE	1,465	1,465	0
		Ubulungu noqeqesho weeSGB	EWE	334	334	0
		IiMbasa zikaZwelonke zooTitshala kunye noqeqesho lweNCS yaseFET/GET	EWE	2,912	2,912	0
		Ukulungiswa kwehostele	EWE	4,060	4,060	0
		Ubuchulu obulungiselel-we iMathematika neSayensi	EWE	1,000	1,000	0
		AmaZiko eMOD (liholo namabala ezemidlalo ezikolo)	EWE	18,885	18,885	0
		AmaZiko eMOD (Izixhobo zokuncedisa ekufundeni)	EWE	16,000	16,000	0
IiNkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	AmaZiko aNgenzi Nzuzo	INkxaso-mali	EWE	89,845	89,845	0
IMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfundo eziZodwa	AmaZiko aNgenzi Nzuzo	INkxaso-mali	EWE	127,875	127,875	0
		Ukuthuthwa kwabafundi	EWE	11,841	11,841	0
IMfundo noQeqesho oluQhubekayo	AmaZiko aNgenzi Nzuzo	INkxaso-mali	EWE	85,307	85,307	0
IMfundo noQeqesho olusisiSeko lwabaDala	AmaZiko aNgenzi Nzuzo	INkxaso-mali	EWE	31,182	31,182	0
AmaZiko oPhuhliso lweMfundo yabaNtwana abasaQalayo	AmaZiko aNgenzi Nzuzo	INkxaso-mali	EWE	320,941	320,941	0
		Ukuthuthwa kwabafundi	EWE	434	434	0
		IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathan-go ethile: ICandelo lezeNtalo leEPWP	EWE	8,190	8,190	0
		Izibonelelo (stipends) zemfundo yaphambi kweBanga R	EWE	60,575	60,575	0

Zonke iintlawulo ebezibhajethelwe kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015 ziye zahlawulwa.

Igama leziko elibonelelwa ngemali	Injongo ebiza kusetyenziselwa yona imali leyo	Ixabiso ebelibhajethelwe (R'000)	Ixabiso ekubonelelwe ngalo (R'000)	Izizathu ezibangele ukuba iimali zingahlawulwa
Alikho	Azikho	Alikho	Alikho	Azikho

6. IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

6.1. Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile kunye neemali ezibekelwe okuthile (Earmarked funds) ezihlawulwe lisebe

Azingeni ndawo

6.2. Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile kunye neemali ezibekelwe okuthile (Earmarked funds) ezifunyenwe lisebe

Zifezekisiwe iimfuno ngokoMthetho woKwahlulwa kweNgeniso (Devison of Revenue Act), ka-2011, ngokunxulumene neeGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile ebenikwe iSebe iWCED:

- Zonke iintlawulo ezifunyenweyo ziye zadiphozithwa kwiakhawunti yasebhankini yeli sebe;
- Ezi mali ziye zasetyenziswa ngokwezicwangciso zokwenziwa komsebenzi (business plans);
- Imiqathango yegranti ekhutshwa ngokwemiqathango ethile, njengoko ibekwe kwiziCwangciso zokuQhutywa koMsebenzi.

Indlela ekuqhutywe ngayo ngokupheleleyo ngo-2014/15 kwiiGranti eziKhutshwa ngokwemiQathango ethile iye yaphucuka kakhulu kunenkcitho yonyaka ongaphambili. Ngo-2014/15, kusetyenziswe i-99% yeemali xa kuthelakiswa ne-90.4% echithwe ngo-2013/14.

Ukubekwa esweni kweegranti

Ukubekwa esweni kweegranti nganye kuye kwenziwa ngokumana kunikwa ingxelo qho ngenyanga, kwaqhutywa ngokumana kukhangelwa kukwatyelwa namaziko ngamagosa achaphazelekayo. Ezolawulo (controls) nolawulo ziye zaqhutywa ngokuQhubekayo. Iinqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzelo zeGranti yokuBalwa ngokuTsha kwamatyala eZikolo zobuChwepheshe (Technical Schools Recapitalisation Grant) kunye neGranti yeDinaledi ziye zaphantsi kolawulo lukandlunkulu ukwenzela ukuqinisekisa ukuba yonke imiqathango iyafezekiswa yaye akukho nkcitho ekukudyakraza (wasteful expenditure), umzekelo, kwiimeko apho izinto okanye uqeqesho obelukwiprogram leyo belungakhange lufunwe zizo zonke izikolo ezichaphazelekayo.

Ezi theyibhile zingezantsi zicacisa iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile kunye neemali zokuthile ezifumaneka ngethuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015.

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yokubalwa ngokutsha kwamatyala eZikolo zobuChwepheshe zaseSekondari	
Isebe eliyela hlawula loo granti	ISebe leMfundo esisiSeko
Injongo yale granti	Kukubalwa ngokutsha kwamabala eZikolo eziPhakamileyo zobuChwepheshe.
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	<ul style="list-style-type: none"> • Ukwakhiwa kweendawo zokusebenzela (workshops) ezintsha. • Ukulungiswa okanye ukuyilwa ngokutsha kwezi ndawo zokusebenzela zikhoyo • Ukunikwa kwezixhobo zokuncedisa ekwenziweni komsebenzi (equipment), izixhobo zokusebenza (tools) kunye noomatshini beendawo zokusebenzela. • Ukuqeqesha oofitshala kumxholo wesifundo (subject content).
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	Iindawo zokusebenzela ezintsha eKasselsvlei SS naseKuil River THS ziye zagqitywa ngomhla we-12 kuSeptemba ka-2014 nangowe-14 kuOkthobha ka-2014 ngokulandelelana kwazo. Uqeqesho loofitshala kumxholo wesifundo luye lwenziwa ngonyaka-mali ka-2014.
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R12,597 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R17,643 yezigidi (equka i-R5,046 yezigidi edluliselwe isuka kunyaka ongaphambili)
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R17,643 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	<ul style="list-style-type: none"> • IBhajethi iye yasetyenziswa ngokupheleleyo.
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Azikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Zonke iirikhwizishini zika-2014/15 ziye zangeniswa kwiSCM ukwenzela inkqubo yokuthenga neenkonzelo. Ibe yi-100% inkcitho kwibhajethi ka-2014/15.
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	AbaLawuli benkqubo kuthengwa kwempahla nnokufunwa kweenkonzo (Supply chain Management) baba neentlanganiso eziqhubeka qho kwiiveki ezimbini apho badibana nabaLawuli abaPhezulu beKharithulam yeFET ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iithenda ziqhuba kakuhle. Ukubeka esweni uqhutywe kwaza kwafakwa iingxelo zaqho ngeveki.

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yeziSeko zoPhuhliso zezeMfundo (Education Infrastructure Grant)	
Isebe eliye lahlawula loo granti	ISebe leMfundo esisiSeko
Injongo yale granti	Kukulungisa, ukuhlaziya, ukwandisa okanye ukwakha iziseko zophuhliso ezitsha
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezikhoyo zigcinwa ngokwendlela ebekwe kwiPFMA okanye ukuvulela amathuba oqeqesho ongezelekileyo kumaziko emfundo avunyiweyo
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	Ukulungiswa kweziseko zophuhliso nokuhlaziywa / ukwandiswa / ukongezwa kweyunithi / izakhiwo ngezakhiwo
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R882,700 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R1,021,334 yezigidi (equka i-R138,634 yezigidi edluliselwe isuka kunyaka ongaphambili)
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R1,008,597 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Iimali ezingasetyenziswa zokulibaziseka kweprojekthi ezingundoqo zeziseko zophuhliso zeASIDI kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente zibekelwe bucala. Ulubaziseko olubangelwa lugwayimbo loluntu lwaseDelft South kunye nokukhutshwa kade kwethenda yaseManenberg.
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Alikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Iintlanganiso zanyanga zonke eziba phakathi kwamasebe kunye neziqhutywa neSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	IModeli yokuNikwa kweNgxelo ngeziSeko ezingundoqo (Infrastructure Reporting Model) (IRM) kunye iingxelo zenkqubo yenyanga ezivela eDTPW

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yeHIV/AIDS (iMfundo ngeZakhono zoBomi)	
Isebe eliye lahlawula loo granti	ISebe leMfundo esisiSeko
Injongo yale granti	<ul style="list-style-type: none"> • Kukuxhasa iindlela yokuthintela iHIV neAIDs eMzantsi Afrika ngokwandisa ulwazi malunga nempilo yezesondo nezokuvulisa abantwana (reproductive health) kunye nokuthathwa kwezigqibo okufanelekileyo okwenziwa ngabafundi nootitshala. • Ukuthomalalisa ifuthe leHIV/AIDS ngokunika indawo enonophelayo, enika inkxaso nekhuthazayo kubafundi nootitshala. • Ukuqinisekisa ngokunika indawo ekhuselekileyo, esekelwe kumalungelo ezikolweni, nengenalucalulo, engabeki bala nalo naluphi na uhlobo longcungcuthekiso ngokwesondo okanye impatho-gadalala.

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
 IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 ePhondo leNtshona Koloni

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yeHIV/AIDS (iMfundo ngeZakhono zoBomi)	
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	<ul style="list-style-type: none"> • Ukwanda kolwazi malunga neHIV, iiSTI neTB kubafundi, ootitshala namagosa • Ukuthotha kwendlela yokuziphatha ngokwezesondo ebeka umntu esichengeni kubafundi, ootitshala namagosa • Ukunciphisa imiqobo ethintela ukugcineka kwabantwana besesikolweni, ngakumbi abantwana abasemngciphekweni. • Ukuthotha kwendlela yokuziphatha ngokwezesondo ebeka umntu esichengeni kubafundi, ootitshala namagosa • Izikolo, izithili namaphondo sele edibanise zonke iiProgram zeHIV neAIDS zeMfundo yeZakhono zoBomi (HIV and AIDS Life Skills Education Programme) kwinxalenye yeesistim zabo zokuvavanya nokunika ingxelo
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	Zonke iziphumo zifezekiswe ngokwezicwangciso zokwenziwa komsebenzi (business plans). Yi-R654 000 (3.8%) ukusuka kunyaka ophelileyo.
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R17,077 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R17,731 yezigidi (equka i-R0.654 yezigidi edluliselwe isuka kunyaka
Izizathu xa isixa singafunyanwanga	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R17,690 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Kusetyenziswe i-99,8% yesixa esipheleleyo esiyi-R17 731 000 sonyaka-mali ka-2014/15. Khange isetyenziswe i-R41 020 ngenxa yokuba iindleko zesiqhelo zokuthuthwa kwabafundi nemivuzo khange zicace ngoko ke kwathathwa amanyathelo okonga endaweni yokusebenzisa imali ngokugqithisileyo.
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Azikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Zonke iirikhwizishini zonyaka-mali ka-2015/16 ziye zafakwa kwangoko kubaLawuli benkqubo yokuthengwa kwempahla nokufunwa kweenkonzo(Supply Chain Management).
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe	Iingxelo zenyanga nezekota zifakwa kubalawuli beSebe iWCED ukuba bazihlole bazisayine.

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yeProgram yokuTyiswa kweZikolo (National School Nutrition Programme Grant)	
Isebe eliyela lahlawula loo granti	ISebe leMfundo esisiSeko (DBE)
Injongo yale granti	Kukunika ukutya okunesondlo kubafundi abathagethiweyo
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	Abafundi baphakelwe ukutya okunesondlo
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	Abafundi batyiswe ukutya okunesondlo
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R282,486 yezigidi

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yeProgram yokuTyiswa kweZikolo (National School Nutrition Programme Grant)	
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R282,486 yezigidi
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R282,486 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Azikho
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Azikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Kucelwa ukuba iinkampani ezinika iinkonzo (service providers) zifake amabango azo qho ngeveki yaye le nto iye yakuphucula ukunikwa kweenkonzo
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	Iofisi yeNDNP yephodno ibeka esweni inkcitho aze amagosa esithili abeke esweni le nkqubo yonke imihla.

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IZikolo zeDinaledi	
Isebe eliyela lahlawula loo granti	ISebe leMfundo esisiSeko
Injongo yale granti	<ul style="list-style-type: none"> • Kukuphucula umgangatho wenkqubo yabafundi kwiMathematika, iPhysical Sciences, iLife Sciences nakuLwimi lokuQala oLongezelelweyo (First Additional Language) (FAL) isiNgesi, ngokungqinelanayo nesiCwangciso soMsebenzi ukuya kutsho ku-2025 • Ukuphucula ulwazi lomxholo, iindlela zokufundisa (pedagogies) kunye nezakhono zokufundisa (didactic skills) kootitshala beMathematika, iPhysical Sciences neLife Sciences
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	<p>Ukuqhuba ucazululo lweemfuno kwisikolo seDinaledi ngasinye, zize zinikwe ezo mfuno apho zifuneka khona:</p> <ul style="list-style-type: none"> - izixhobo kunye nezinto ezisetyenziswa ziphele ezikolweni ezingenazo iilebhu ezisebenzayo zeeSayensi nokuncedisa izikolo ekufumaneni isakhiwo (physical structure) esifanelekileyo, esisetyenziselwa le njongo apho kufunekayo. - iiseti ezisetyenziswa kwijiyometri (geometry sets) kunye neekhalthyhuleyitha - I-hardware, i-software, nokuqhagamshelaniseka ngeintanethi kweinformation and Communications Technology (ICT) kunye nesakhiwo esisetyenziselwa loo njongo - Ukufikelela kwiinkqubo zosasazo zemfundo zeTV - Iiprogram ezinomxholo, yokufundisa, ukufunda ukwenzela ukuphucula ukusebenza ngempumelelo kootitshala, izakhono zokufundisa neendlela zokufundisa ukwenzela ukuphucula ukusebenza ngempumelelo kootitshala - uqeqesho lwabalawuli kunye/okanye ukucetyiswa ngabanamava (mentoring) kweenqununu neeKomiti zoLawulo lweZikolo (School Management Teams) - okwenziwayo njengenxenywe yekharithulam, amalungiselelo angaphezulu abafundi beBanga lesi-8-12 ukwenzela inkqubo ephuculiweyo nothatho-nxaxheba kwii-Olympiads kunye nokufikelela okwandileyo kwii-Science Clubs, Science Fairs nakumaKhuphiswano - izibonelelo ezicaciswe kakuhle zabafundi, ootitshala kunye/okanye nezikolo ezifikelela okanye zigqithise kwiithagethi zentsebenzo ekuvunyelwene ngazo

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
 IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 ePhondo leNtshona Koloni

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IZikolo zeDinaledi	
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	Zonke iziphumo ziye zafezekiswa ngokwesicwangciso sokwenziwa komsebenzi seDinaledi sika-2014/15.
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R10,673 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R10,673 yezigidi
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R10,673 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Ibhajethi yoNyaka-Mali ka-2014/15 iye yasetyenziswa yonke.
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Azikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Azikho
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	Zonke iziphumo ziye zafezekiswa ngokwesicwangciso sokwenziwa komsebenzi seDinaledi sika-2014/15.

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti eDibeneyo yeEPWP yamaPhondo - ezeMfundo	
Isebe eliye lahlawula loo granti	EzemiSebenzi kaRhulumente
Injongo yale granti	Kukubonelela amasebe ephondo ukwenzela ukwandisa iinzame zokudala imisebenzi ngokusetyenziswa kweendlela ezihambelana nezemisebenzi (labour intensive delivery methods) kwezi nkalo zichongiweyo zilandelayo kugxilwe kuzo, ukwenzela ukulandela imimiselo yeEPWP: <ul style="list-style-type: none"> • ukulungiswa kweendlela nokulungiswa kwezakhiwo • iindlela ezingenazithuthi zininzi kunye neendlela zasezilalini • ezinye iziseko zophuhliso (infrastructure) zoqoqosho nentlalo • amaqumrhu orhwebo ngezokhenketho nezenkcubeko • iindlela zokuphila ezizinzileyo ezisekelwe ekusetyenzisweni komhlaba • ulawulo lwenkukuma
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	Inanielandileyo labantu abaqeshiweyo nabafumana umvuzo ngeEPWP <ul style="list-style-type: none"> • Ukunyuswa kweavaraji yethuba lamathuba omsebenzi aveliswayo
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	liprojkethi zokudalwa kwamathuba omsebenzi ngokunxulumene nolungiso olungephi lwezikolo ezikwiMetro. Iquka ukulungiswa kwaphantsi, iithayili, iingcango, iisilingi, imibhobho yamanzi, ukubiya, ukupeyinta neegeyithi, ngokunjalo nokuhonjiswa kwamabala ezikolo.
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Asikho
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R2,564 yezigidi
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti eDibeneyo yeEPWP yamaPhondo - ezeMfundo	
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R1,437 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Isebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente liye lajamelana nemingeni yokukhangelwa nokuchongwa kwabaniki beenkonzo, latsho langakwazi ukuqesha iikhontraki ezintsha kwangeli thuba.
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Jonga apha ngentla.
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Ukunika inkxaso kwiSebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente ukwenzela ukuqinisekisa ukuba oonokhontrakhi baqeshwa kwangethuba ukulungiselela u-2015/16.
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	Iingxelo zenyanga nezekota

IGranti yeeTheraphisti zeMiba eThile yaseMsebenzini zeCandelo lezeMfundo (Occupational Specific Dispensation for Education Sector Therapist Grant)	
Isebe eliyi lahlawula loo granti	ISebe leMfundo esisiSeko
Injongo yale granti	Kukuncedisana nebhajethi yembuyekezo esisiseko (baseline compensation budget) yamaSebe eMfundo ePhondo (Provincial Education Departments (PEDs) ukwenzela ukuba akwazi ukulandela isiVumelwano seELRC semiVuzo neminye imiba (ELRC Collective Agreement) soku-1 sika-2012
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	Amaphondo ayazifezekisa izibophelelo zeentlawulo zootitshala ezichatshazelwa sisiVumelwano seELRC semiVuzo neminye imiba (ELRC Collective Agreement) soku-1 sika-2012.
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	ISebe iWCED lisebenzise ulwabiwo-mali olupheleleyo lweOSD yonyaka-mali ka-2014/15 ukuguqula ootitshala abasezifisini nakumaziko, abaqeshwe ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala (Employment of Educators' Act), ka-1998 nabebefanelekile ukuba baguqulelwe kwiOSD yeeTheraphisti/iikhawunsela/iisayikholoji.
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R50,395 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R50,395 yezigidi
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R50,395 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Azikho
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Azikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Awekho
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	Azikho

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
 IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 ePhondo leNtshona Koloni

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti yeMfundo noQeqesho oluQhubelekayo	
Isebe eliyehlahlulwa loo granti	ISebe leMfundo noQeqesho oluPhakamileyo (DHET)
Injongo yale granti	Kukuqinisekisa ngokutshintshelwa ngempumelelo kwemisebenzi yeeKholeji zeTVET ziye kwiSebe iDHET
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlawulwa kwabasebenzi abaqeshwe ziikholeji • Kugqityiwe ukutshintshelwa kwabaSebenzi bolawulo lweeKholeji zeFET babe kwiSebe iDHET • Kugqityiwe ukutshintshelwa kwabasebenzi abangebobalawuli babe kwiSebe iDHET • Kugqityiwe ukuTshintshelwa kwabaSebenzi beSebe leMfundo lePhondo babe kwiSebe iDHET • Igqityiwe iModeli yokuZaliswa kwezizithuba zeNgqesho (Post Provisioning Model) yeeKholeji zeTVET • Ukuqhutywa kwemiMiselo nemiGangatho yokuxhaswa ngemali kweeKholeji zeTVET • Ukuqhutywa kokuBekwa kwamaXabiso ahlaziyiweyo eProgram (revised Programme Cost) ka-2014 • Ukubekwa esweni kwenkxaso yeeKholeji zeTVET ziiPDE
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	<ul style="list-style-type: none"> • Kugqityiwe ukutshintshelwa kwabaSebenzi bolawulo lweeKholeji zeTVET babe kwiSebe iDHET • Kugqityiwe ukutshintshelwa kwabaSebenzi abaNgebobalawuli babe kwiSebe iDHET • Kugqityiwe ukuTshintshelwa kwabaSebenzi beSebe leMfundo lePhondo babe kwiSebe iDHET • Ukuqhutywa kwemiMiselo nemiGangatho yokuXhaswa ngemali kweeKholeji zeTVET
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R377,913 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R377,913 yezigidi
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R377,865 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Ukongwa kwimbuyekezo
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Khange kubekho kutexha kwintsebenzo yeziphumo zephondo
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Awekho
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	Iingxelo zenyanga nezekota

IGranti eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: IGranti eDibeneyo yeEPWP yamaPhondo - ezeMfundo	
Isebe eliyehlahlawula loo granti	ISebe lezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente
Injongo yale granti	Ukudala amathuba emisebenzi olutsha, amanina nabanenkubazeko kwicandelo leECD.
Iziphumo ezilindelekileyo zegranti	Ukuqeqesha iiprakthishina ezingama-420 zeECD kwinkalo yoPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo. Ukuqeqesha abanematrikhi abangama-22 abebekade bengaqeshwanga ukuba babe ngabachwethezi bedatha (data capturers)
Ezona ziphumo zifezekisiweyo	Iiprakthishina ezingama-350 ze-ECD ziye zachazwa njengezinezakhono emva kokufumana kwazo ikhosi yoqeqesho yeenyanga eziyi-12. Iiprakthishina nganye iye yaya kwikhosi yoqeqeshelo lwe-ECD lweenyanga ezili-12 iNqanaba 1 kwenye yeeKholeji zeFET ezintandathu kwiphondo. Iiprakthishina yaseECD nganye iphinde yafumana uqeqesho kuNcedo lokuQala Zingama-22 ii-data capturer ezigqibe izifundo kwezolawulo lwe-ofisi (office management), iMicrosoft Office, uLawulo lwemiCimbi yaBasebenzi (Human Resource Management) nakuLawulo lweeProjekthi (Project Management).
Isixa ngokweDORA ehlaziyiweyo	Yi-R13,354 yezigidi
Isixa esifunyenweyo (R'000)	Yi-R13,354 yezigidi
Izizathu xa isixa singafunyanwanga ngokweDORA	Azikho
Isixa esichithwe lisebe (R'000)	Yi-R13,193 yezigidi
Izizathu ezinikiweyo malunga nemali elingayisebenzisanga iziko	Azikho
Izizathu zokutenxa kwinkqubo	Azikho
Amanyathelo athathiweyo ukuphucula inkqubo	Iikholeji ziye zaziswa qho ngeveki malunga nazo naziphi ii-invoisi ebezingekangeniswa.
Iindlela zokubeka esweni eziqhutywa lisebe elifumanayo	Kuye kwanikwa ikhontrakthi inkampani enika iinkonzo (service provider) ukuba iqhube inkqubo yokubekwa esweni koqeqesho olunikwa ziikholeji. Inxelo yokubeka esweni inkqubo isefayilini.

Inkcitho yemali ebibekelwe oku nemali ekhethekileyo ibe yile ilandelayo:

IMali eBekelwe okuthile	Imali efunyenweyo	Imali esetyenzisiweyo	Imali Engasety-enziswanga	Intsebenzo	Ezona ziphumo zifizekisiweyo
Imali ePheleleyo yeeMali eziBekelwe amaZiko eMOD	R60 000 000	R56 099 590	R3 900 410	93%	Bufezekisiwe ubuninzi bokunikwa kweeholo namabala ezemidlalo ezikolo; iimali zezixhobo zokuncedisa emidlalweni nolungiso neyeetyhutha ezinezidanga (graduate tutors).
IMali ePheleleyo yeeMali eziBekelwe i-E-Education	R53 087 000	R53 087 000	-	100%	Iinjongo zeeprojekthi ezifizekisiwe ngokupheleleyo
Imali ePheleleyo yeeMali eziBekelwe okuthile neziKhethekileyo	R113 087 000	R109 186 590	R3 900 410	97%	

7. IiNkxaso-mali zeziPho-mali (Donor Funds)

7.1. IiNkxaso-mali zeziPho-mali eziFunyenweyo

ISebe khangela lifumane naziphi iinkxaso-mali zeziphomali kweli thuba kunikwa ingxelo yalo.

8. UTyalo-mali kwiiProjekthi zoLwakhiwo (Capital Investment)

8.1. UTyalo-mali kwiiProjekthi zoLwakhiwo, isiCwangciso soLondolozo neeAsethi (Capital investment, maintenance and asset management plan)

Iipprojekthi zokwakha ezigqitywe ngo-2014/15

Izikolo ezitsha

- Kugqitywe izikolo ezitsha ezibini zanikezelwa ngo-2014/15, ezizezi: iBrackenfell High School (iProtea Heights Academy) neWellington Primary School (iVan Wyksvlei Primary School);
- Izikolo ezibini ezingesosigxina (mobile schools) ziye zagqitywa ukuba zibe nokusetyenziswa ngo-2014/15, zezi: Nomzamo Primary School neNomzamo High School.

IZikolo eZakhiwe ngoKutsha kwezikolo (ukutshintshwa kwezikolo ezakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga)

- Ezi Zikolo Zakhiwe ngoKutsha (Replacement Schools) zilandelayo nezixhaswe liSebe iWCED ziye zagqitywa ngo-2014/15: iWes Eind Primary School, iBuck Road Primary School, iHazendal Primary School neTouwsrante Primary School.
- Ezi Zikolo Zakhiwe ngoKutsha zilandelwayo nezixhaswe yiDBE njengenxalenye yeprogram iASIDI ziye zagqitywa ngo-2014/15: iHeideveld Primary School, iKensington Secondary School, iKnysna Secondary School, iPortia Primary School neSophumelela Secondary School.

Amagumbi okufundela ongezelelweyo

- Ukwandiswa kwamagumbi okufundela: Akukho magumbi okufundela aye akhiwa ngo-2014/15 kwezi zikolo zikhoyo.
- Ukunikwa kwamagumbi okufundela eBanga R: Amagumbi okufundela angama-51 aye agqitywa ngo-2014/15. Onke amagumbi okufundela asuka kuluhlu lweeprojekthi zika-2012/13 okanye zika-2013/14. Akekho aye agqitye ngo-2014/15 kumagumbi okufundela ali-14 abesetwe njengeethageti zika-2014/15.
- Kuye kwanikwa iyunithi ezingesosigxina (mobile unit): Amagumbi okufundela ali-130.

Iziseko zophuhliso (infrastructure) ebezilungiselelwe ukugqitywa ku-2014/15 zibekwe apha ngezantsi, zibekwa kunye namanani ezinto ezenzekileyo.

Udidi	Okuthagethiweyo	Elona nani
Izikolo ezitsha	3	2
IZikolo eZakhiwe ngoKutsha (Replacement schools (kuquka neASIDI)	Akukho thagethi	9
Amagumbi okufundela eBanga R	Amagumbi okufundela ali-14	Amagumbi okufundela angama-51
Ukuhlaziywa nokongezwa	Akukho thagethi isetiweyo	0
Ukwandiswa kwamaGumbi okufundela	Akukho thagethi isetiweyo	Awekho amagumbi okufundela (ayi-0)
Amagumbi okufundela angesosigxina	Akukho thagethi isetiweyo	Amagumbi okufundela ali-145

Ukwahluka (variances) ngokuphathelele kwiithagethi kuxoxwe ngako phantsi kweProgram 8, ngokunxulumene neMilinganiselo yeProgram yeNtsebenzo (Programme Performance Measures). Ezinye iiprojekthi ziye zalibaziseka kwaza kwanyanzeleka ukuba kwenziwe amanye amalungiselelo okunika abafundi indawo.

IiProjekthi zeMali yeNkxaso yolwakhiwo lwezikolo

(a) Izikolo ezitsha

Izikolo ebezibekwe ukugqitywa ngowama-31 kuMatshi ka-2015 ibiyiBrackenfell High School, iMasakhane Primary School neVuyiseka High School. Kuye kwagqitywa iBrackenfell High School kuphela. IMasakhane Primary School neVuyiseka High School ziye zanokulibaziseka ngenxa yokuba sematyaleni (insolvency) kunye nokungaqhubi kakuhle kweekhontrakhi. Zombini ezi projekthi bezisakhiwa yaye ziza kugqitywa ngo-2015. IWellington Primary School igqitywe ngaphambi kwexesha.

(b) Izikolo eZakhiwe ngoKutsha

Ukususela ngowe-31 kuMatshi ka-2015, ezi zikolo zitshintshiweyo zilandelayo, ebezicwangciselwe ukugqitywa ngonyaka-mali ka-2014/15, bezikumanqanaba ahlukeneyo okwakhiwa: Itsitsa Primary School, Bottelary Primary School, Garden Village Primary School, Plantation Road Primary School, Delta Primary School, Die Duine Primary School, Hawston Primary School, Kasselsvlei Primary School neValhalla Primary School.

Inkcitho ingqinelana nemimiselo yeli qumrhu. Ii-Arhente zoKwenziwa koMsebenzi zesebe (iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kunye neYunithi yoKwenza iiProjekthi) zisingatha zonke iinkqubo zeethenda ezimalunga nezakhiwo ezitsha kunye neeprojekthi ngokungqinelana noMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act) kunye neminye imimiselo elawulayo.

ULawulo lweeAsethi

Iiasethi ezisisigxina

ISebe iWCED lisebenzisa i-Education Management Information System (EMIS) kunye ne-Schools' Register of Needs Information System (SRNIS) ekulawuleni ii-asethi ezisisigxina.

Iiasethi ezinokuhanjiswa

Ngokunxulumene neeasethi ezinokuhanjiswa, iSebe iWCED lineyunithi yolawulo lweeasethi eyinxalenye yeSupply Chain Unit.

Yonke ifanitshala nezixhobo zokuncedisa emsebenzini ezifunekayo kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo zithengwa kwindawo enye zize zifakwe kwi-inventri yeeasethi ezinokuhanjiswa ngokweemfuno ezimiselwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).

Ngo-2014/15 kuye kwamiselwa ezi ndlela zilandelayo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba irejista yeeasethi ehlaziyiweyo iyafumaneka ukugcina imigangatho yolawulo nosetyenziso lwemali kunye nokuqinisekisa ukuba kukho ukungqinelaniswa ngempumelelo, nangobuchule kwengcaciso:

- Ukuthathwa kwesitokhwe qho ngonyaka okwenziwa lisebe lemfundo, njengoko kumiselweyo kwiMimiselo yeSebe likaNondyebo (Treasury Regulations).
- Ukusayinwa kwee-inventri ngamagosa achaphazelekayo nokungqiniswa ngaBaphathi aBathweswe uXanduva lweSitokhwe (Responsibility Managers).
- Ukukhutshwa kweesetyhula ngokungqinelana neSahluko se-10 seMimiselo yeSebe likaNondyebo (Treasury Regulations).
- Iinkqubo zokuthengwa kweeasethi kwiSistim yeGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer's System).
- Ukungqinelaniswa qho ngenyanga kokuthenga okwenziwa kwiLOGIS nenkcityo ekiBAS.
- Ukulondolozwa kwerejista yeeasethi enayo yonke ingcaciso efunekayo kwiMimiselo yeSebe likaNondyebo (Treasury Regulations).

Iinkqubo eziqalisiweyo zokuqiniseka ngenkqubo enobuchule yokuqaphela, ukukhusela, nokubeka esweni kunye nokugcina irekhodi yeeasethi ezinokuhanjiswa ibizezi zilandelayo:

- Iiasethi zifakelwe iibhakhowudi, nophawu "RSA" zaza zabhaliswa kwii-inventri.
- Iiasethi zibhalwe kwirejista yeeasethi ezinokuhanjiswa kuwo onke amacandelo eeasethi zaza zanikwa iinombolo ezifana zodwa (iibhakhowudi).
- Abaphathi abebethweswe uxanduva lwesitokhwe banoxanduva lokukhusela iiasethi.
- Iiasethi ezinokuhanjiswa zirebhaliswe kwi-inventri kwiziko ngalinye nakwindawo nganye esingathe iindleko. Ii-inventri ziqinisekiswa njengezichanekileyo ngabaphathi abasingathe iindleko zeziko zaza zagcinwa kwindawo nganye.

Izikolo

ISebe iWCED lithenge ifanitshala nezixhobo zokucutha inani lokusetyenziswa kwabantu abaninzi kakhulu ezikolweni. Nakuba kunjalo, ezi zinto azenzi nxalenye yeRejista yeeAsethi zeSebe iWCED. NgokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (South African Schools Act), 1996, (uMthetho wama-84 ka-1996), ezi zinto zithathwa njengezinto ezizii-inventri zezikolo. Ngoko ke kufuneka izikolo zinike ingxelo malunga nezi zinto zizii-inventri kumaxwebhu onyaka engxelo-mali (annual financial statements). IRejista yeeAsethi yeSebe iWCED ibonisa ii-inventri zakwaNdlunkulu kunye nezezithili zemfundo kunye neendawo ezinika iinkonzo kuzo.

Izicwangciso malunga neeasethi ezinokuhanjiswa, ezifana neemoto

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente lePhondo (iZithuthi zikaRhulumente0 (Government Motor Transport) lilawula ukunikwa, ukurhoxiswa nokutshintshwa kweemoto ezindala kunye/okanye nezonakeleyo zeGaraji kaRhulumente (Government Garage) (GG). Likwaqulunqa nomgaqo-nkqubo wephondo omalunga nokusetyenziswa kweemoto ze-GG lize ligcine irejista yeeasethi kwisistim yeFleetman . ISebe iWCED linoxanduva lokunika iimpepha-mvume (licensing), ukulungiswa nokuthiwa kwamafutha ezithuthi.

ISebe iWCED liqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo wephondo uyalandelwa. Likwagcina irejista yezithuthi ezisetyenziswa liSebe iWCED libeke esweni ukusetyenziswa kwezithuthi ngokusebenzisa i-log sheet. Imoto ezisetyenziswayo ziyazifezekisa iimfuno zangoku zeSebe iWCED.

Ukulungiswa kweemoto

Iiprosjekthi ezinkulu zokulungiswa okucwangcisiweyo kwezithuthi ezenziwe ngethuba lexesha eliphantsi kwengqwalaselo ibandakanya:

Inani leeprosjekthi	Ibhajethi ka-2014/15 R'000	Iindleko eqikelelwayo yokuphela konyaka R'000
130	R 86 323m	R 86 323m

I-U-AMP ka-2014 ibonisa oku kulandelayo phantsi kwesihloko "IZinga leMeko yabaSebenzisi" ("User Condition Rating")

Ubume beMeko	INGcaciso ngokuBanzi	Izinga
Bugqwesile	Akukho ziphene zibonakalayo. Ikhangeleka njengentsha. Isalathiso semingcipheko: Akukho futhe ekukwazini ukwenza iinkonzo. Akukho ingcipheko.	C5
Bulungile	Ibonisa ukukhuthuka nokudleka okungephi (superficial wear and tear), iziphene ezincinane kunye neempawu ezincinci zokonakala kwiindawo ezingaphezulu zemoto. Isalathiso semingcipheko: Imana iba nophazamiseko olungephi ekusebenziseni kwayo. Kukho umngcipheko omncinci onokuqikeleleka kwezempilo nokhuseleko okanye ipropathi. Kukho iindleko ezincinane ezibandakanyekayo.	C4
Buphakathi	Ikwimeko ephakathi, iindawo ezonakeleyo zifuna ukuqwalaselwa; iinkonzo ziyasebenza, kodwa zifuna ukuqwalaselwa, kukho ukusilela kwiinkonzo zokulungisa. Isalathiso semingcipheko: Imisebenzi iyalibaziseka ukwenzeka ngalo lonke ixesha Kukho umngcipheko omncinci onokuqikeleleka kwezempilo nokhuseleko okanye ipropathi. Kukho iindleko eziphakathi ezibandakanyekayo.	C3
Bubi	Yonakele kakhulu, kukho iingxaki ezinkulu kwimo yayo. Inkangeleko yayo ngokubanzi ayikho semgangathweni kunye nokukhuthuka kwepeyinti ekhuselayo kumphezulu; izinto zayo zonakele, izinto ezisetyenziswayo azisebenzi; kukho iingxaki ezinkulu. Isalathiso semingcipheko: Kukho ukuphazamiseka kakhulu ekukwazini ukwenza umsebenzi, kukho amathuba amaninzi okuba yingozi kwezempilo nokhuseleko okanye kwipropathi. Kukho iindleko eziphezulu/ilahleko echaphazelekayo.	C2
Bubi kakhulu	Ayikwazi kusebenza; ayisebenzi kwaye ayikulungelanga ukukhwelwa. Isalathisi somngcipheko: Ayinakusebenziseka, ingumngcipheko ophezulu kakhulu kukhuselo, impilo nokhuseleko okanye kwipropathi. Kukho iindleko ezinkulu ezichaphazelekayo.	C1

Izikolo karhulumente eziqhelekileyo ezingamakhulu amathathu anamashumi asibhozo anesine (384) eNtshona Koloni zireyithwe njengezo "zikubume obubi" ("poor"). Uninzi lwezi zikolo "zikubume obubi" zikwipropati yabucala okanye zizakhiwo ezingafanelekanga zesikolo (izikolo "zamaplanga"). Kwiminyaka edlulileyo kuye kwakho ulungiso oluncinane kakhulu olucwangcisiweyo oluye lwenziwa ngabanini beepropathi eziqeshisayo. Abanini beepropathi bachaza amaxabiso asezantsi erenti njengesona sizathu siphambili esibangela ukuba kungenziwa lungiso lufanelekileyo kwizikolo eziqeshisayo. Izikolo ezingamakhulu alithoba anamashumi amane anesixhenxe (947) zibekwe kumgangatho "wobume obuphakathi". Inani elikhulu lezi zikolo zifanele ukureyithwa njengezo "zisemgangathweni" kodwa ukusilela kolungiso lwezi zakhiwo kuwuchaphazele umgangatho wobume ezibekwa kubo.

Ikhulu elinamashumi alithoba anesithandathu (196) lezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente zibekwa kubume "obulungileyo" kunye "nobugqwesileyo".

Ukuhla komgangatho wezakhiwo zeSebe iWCED kulungiswa ngokunyuka okuqhubekayo nokucwangcisiweyo kwebhajethi nenkcitho yolungiso.

Isishwankathelo sokuqhwalela kwamanani olungiso sinikwe apha ngezantsi.

Ukungafezekiswa kolungiso				
UNyaka-mali	IXabiso leeAsethi	I-1,5% eFunekayo yoLungiso	IBhajethi eNikiweyo	Isixa esiqhwale layo (shortfall)
2004	10,560/000	158,400	73,719	84,681
2005	12,000/000	180,000	76,174	103,826
2006	12,000/000	180,000	90,037	89,963
2007	15,052/800	225,792	37,192	188,600
2008	15,052/800	225,792	52,363	173,429
2009	15,052/800	225,792	73,719	152,073
2010	17,357/885	260,368	102,363	158,005
2011	18,225/779	273,387	108,413	164,974
2012	18,225/779	273,387	114,725	158,662
2013	19,683/841	295,257	168,673	126,584
2014	19,769/521	296,542	191,323	105,219
Inani elipheleleyo lokusilela ukususela ngo-2004		2,594/717		

Kubekho ukuchaphazeleka okuthile okwenzekayo kusilelo lolungiso ngo-2014/15 ngeProgram eSekelayo yeSiqalo soBunzulu (Width Initiative Sub-Programme). Injongo yale program isekelayo kukuphucula ngokuzinzileyo inkangeleko yezikolo zeSebe iWCED kumlinganiselo. Uphando kwiindawo ezininzi zehlabathi lubonisa ukuba kukho unxulumano oluhle phakathi kwendawo (physical environment) abafundiselwa kuyo kunye neziphumo zezifundo ezifezekisiweyo.

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
 IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 ePhondo leNtshona Koloni

IiProjekthi zeziSeko zoPhuhliso (Infrastructure)	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo) / eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iiasethi ezintsha nezitshintshwayo	1,011/205	998,391	12,814	778,999	640,365	138,634
Iiasethi zeziseko zophuhliso ezikhoyo	410,573	409,446	1,127	271,012	271,012	0
Ukuhlaziywa nokongezwa kwazo	159,603	159,603	0	41,041	41,041	0
Ukubuyiselwa kwimeko eyiyo (rehabilitations), uhlaziyo (renovations) nokwakhiwa ngokutsha (refurbishments)	0	0	0	7,213	7,213	0
Ulonolozo nolungiso lwezakhiwo	250,970	249,843	1,127	225,758	225,758	0
Ukudluliswa kweziseko zophuhliso (infrastructure transfer)	31,654	31,654	0	142,935	142,935	0
- Olwangoku	62	62	0	62,250	62,250	0
- Olungundoqo (Capital)	31,592	31,592	0	80,685	80,685	0
Zizonke	1,453/432	1,439/491	13,941	1,192/946	1,054/312	138,634



I Candelo C
Ezolawulo

1. INTshayelelo

Imigangatho ephezulu yolawulo ngundoqo ekulawulweni kwemali nezixhobo zikarhulumente. Amasebe karhulumente kufuneka abe nezitraktsha zolawulo olululo eziya kusebenzisa izixhobo zikarhulumente ngokufanelekileyo, ngokuyimpumelelo nangokulondolozayo.

Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi yezeMfundo (Education Audit Committee) ngamalungu azimeleyo nawonyulwa liGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) lisebenzisana neGunya lesiGqeba soLawulo (Executive Authority). IKomiti yoPhicotho-zincwadi isebenza ngokwe-"miMiselo yokuSebenza" ("Terms of Reference") evunyiweyo yaye idibana qho ngekota ukwenzela ukwenza imisebenzi eluxanduva lwayo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ngaphezulu ibamba iindibano neGunya lesiGqeba soLawulo (Executive Authority) kunye neGosa loCwangciso-mali ukuxoxa malunga nemiba exhalabisayo.

Iinkonzo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi (Internal Audit) zenziwa ngokuzimeleyo liZiko loPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi neNkonzo zeNkxaso (Internal Audit and Corporate Services) elikwiSebe leNkulumbuso, elinceda amasebe ngamasebe. Ngokuhambelana noMthetho wokuLawulwa kweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act), ka-1999 (uMthetho woku-1 ka-1999) (PFMA) neKING III, ukuSebenza koPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi (Internal Audit Activity) lunika iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye nolawulo lweSebe iWCED uqinisekiso lokuba zanele yaye ziyasebenza izinto ezilawulwayo ngaphakathi (internal controls) ngokunxulumene neenkqubo zolawulo, ulawulo lwemingcipheko kunye nokulawuleka (control). IsiCwangciso soLungiselelo oluQhubekayo lweminyaka imi-3 olusekelwe kwimingcipheko (risk-based 3-Year Rolling Strategic Plan) kunye nesiCwangciso soPhicotho lwangaphakathi lwemiSebenzi yoNyaka (Annual Operation Internal Audit Plan) zivunyiwe yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ngo-2014. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeke esweni ukwenziwa kwesicwangciso sokusebenza (operational plan) kunye nezenzo zokulungisa zokuqhutywa kolawulo (management's implementation of corrective actions).

IYunithi yoLawulo lwangaPhakathi (Internal Control Unit) leSebe iWCED linika ukhokelo, iingcebiso kunye nolawulo olulungiselweyo (strategic management) ngokunxulumene nezenzo zolawulo lwangaphakathi.

Igxininisa koku:

- *Ukuqinisekisa ngokuphatha ngendlela eyiyo.* Oku kuquka ulungelelwaniso nolungiso lwabathunywa abafanelekileyo nomgaqo-sikhokelo wolawulo (governance framework). Ugxininiso (elements) luqinisekisa ngokuqhutywa kwenzela zokulungisa (corrective controls); eziqinisekisa ngokuqhutywa nokugcinwa kweSistim yoLawulo lweLahleko (Loss Control System) olundindeneyo; ukunika ingxelo, ngekota nangonyaka, malunga nobume bempendulo kwiingxelo zeYunithi yoPhando malunga nemicimbi yemali (Forensic Investigation Unit).
- *Ukunika inkonzo eqinisekisayo.* Oku kubandakanya imicimbi eya kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi; ukungasokoliswa kophicotho-zincwadi lwangaPhandle nolwangaPhakathi kunye nokulawulwa kwenkqubo yasemva kophicotho-zincwadi
- *Ukunika imigaqo-sikhokelo (frameworks) ebeka imimiselo, emigaqo-nkqubo neyolawulo kunye neengcebiso malunga nokwenziwa komsebenzi (tactical advice).* Oku kuquka ukuqulunqwa kwesixhobo neendlela emazilandelwe kwanokunikwa kweengcebiso malunga namaxwebhu obuchule obuza kusetyenziswa kunye nemigaqo-nkqubo.

indlela yoqinisekiso oludibeneyo iza kuqhuba nokusetyenziswa ukwenzela ukuba izixhobo ezimbalwa zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zigxile ngokuyimpumelelo kwezona nkalo zisemngciphekweni zifanelekileyo. Oku kuquba ukusebenzisana ngokusondeleneneyo phakathi kweYunithi yoLawulo lwangaphakathi (Internal Control Unit) kunye noPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula okubonakaliswe ziingcaciso zemisebenzi (job descriptions) zawo kunye nezivumelwano zentsebenzo (performance agreements). AmaGosa akwaNdlunkulu athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izikolo nezithili zemfundo zithweswe uxanduva lwenkxaso emayinikwe ezikolweni kunye nendlela abaqhuba ngayo abafundi.

Uxanduva lokuphendula ngokwenziwayo kwinqanaba lesikolo lomelezwe ukususela ngo-2011 ngoMthetho wesi-7 ka-2010 wokuFakela iZilungiso kwiMfundo yeZikolo zePhondo leNtshona Koloni (Western Cape Provincial School Education Amendment Act), oqalise ukusebenza ngoJanyuware ka-2011.

Uxanduva lokuphendula ngokwenziwayo lunatyiswa ngemisebenzi yokongamela edlalwa liSebe likaNondyabo wePhondo nokaZwelonke (Provincial and National Treasury) ngokwemingxilo enyanzelekileyo yemijikelo yokucwangcisa nokunika ingxelo, mijikelo leyo iquka imiba yezemali nengeyoyamali. Izithuba zokunikwa kwengxelo zezenyanga (umz. eyeemali), ikota okanye unyaka. Onke amacandelo aphantsi kweSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundo esiSiseko okanye iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho) (Higher Education and Training) apho kugcinwa khona iingxelo ezilandelelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo lokuza kwenziwa. ISebe lenkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela kwii projekthi eziphambili zeSebe iWCED. Iinkqubo zophicotho lwangaPhakathi nolwangaPhandle zongeza ekulawuleni iinkqubo zolawulo zize zancedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendlela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kuhleli kubudlelwane obumiselweyo obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke elijongene neziphumo zokufunda. Obu budlelwane busekelwe ekumodareyithweni kwangaphakathi kweenkqubo zokuhlola kunye nokunikwa kweenkqubo ezamkelekileyo zeemviwo.

Ngokufanayo nawo onke amasebe karhulumente elizwe jikelele, iSebe iWCED liye lathatha inxaxheba kukubeka esweni iziqalo ezitsha (innovation) zeSebe likaMongameli (Presidency), isiXhobo sokuHlola iNtsebenzo yabaLawuli (Management Performance Assessment Tool (MPAT) eye yaphonononga iinkalo ezi-4 zolawulo, ezizezi: uCwangciselwano lokusebenza (Strategic Planning), iCandelo lezabaSebenzi, uLawulo nokuThatha uXanduva (Governance and Accountability) kunye noLawulo lweMali. Ibingumsebenzi oxabisekileyo lo.

UkuHlolwa kweSikolo siPhela (Whole School Evaluation) kusaqhuba nokunika umfanekiso ongapheleni nje kwiimfuno zenxaso zesikolo ngasinye, kodwa wayo nemiba ebonakalisa inkqubo yezemfundo (systemic issues). Izihlandlo zotyelelo ezifutshane ezenziwe kwizikolo ezincinci okanye ezo beziqhuba kakuhle. Ubude obungalinganiyo bezihlandlo zotyelelo benze ukuba kutyelelwe nezinye izikolo. Izikolo zinikwa iikhowudi ngokwemilinganiselo (ratings) yeWSE. Okufunyanisiweyo kuye kwasasazwa kuluhlu lweengxelo ezongeza kwiingxelo ezinzulu, ezinikwe eso sikolo kuthethwa ngaso.

Zonke izikolo ziye zagcwalisa iziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (SIPs) kwi-intanethi, zinethagethi yeminyaka emi-3, apho bekuchatshazelwa inkqubo yezemfundo; ukugqibelela kolawulo (njengokulawulwa kokungahambi sikolo kootitshala nabafundi kunye nocwangciso lokufunda); ukufumaneka kwezixhobo kunye nokulungiswa kwesikolo. Izalathi ezingqinelana neethagethi zikazwelonke zihambelana neenkalo ezili-9 ekugxilwa kuzo xa kusenziwa ukuhlolwa kwesikolo siphela. Ixabiso lesicwangciso sophuhliso esinje lelokuba zonke izikolo zigxininisa ekuqhubeni amaphulo ongenelelo loncedo oluphambili lophuculo (key improvement interventions). IiSIP zikwayinxalenye yendlela yokumelwa kukuphendula (accountability system), nanjengoko abo basayina esi sicwangciso iyunqununu, iSGB neSebe iWCED. Izikolo ziye zanika neziCwangciso zokuSebenza (Action Plans) ezibonisa amanyathelo ezinokuwathatha ukufezekisa iithagethi ezibekiweyo.

Ngo-2014/15 kuye kwaBekwa eSweni uPhuculo lweZikolo (School Improvement Monitoring) lwekota, apho bekubekwa imba ephambili yokuxhasa ngezixhobo ukusebenza kwesikolo, umz. ukonyulwa kweeSGB, ukulungela ukuqala unyaka. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwi-intanethi, idatha ibinokufumaneka ize isetyenziselwe ukuphucula inkxaso. Ngokukodwa, umzekelo, idatha iye yenza ukuba iSebe iWCED lihlale linolwazi ngokusiwa ezikolweni kweencwadi zokusebenzela (workbooks).

2. ULawulo lwemiNgcipheko

IGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) (AO) leSebe leMfundo lithatha uxanduva lokusebenzisa i-Enterprise Risk Management (ERM) ngokungqinelana neNational Treasury Public Sector Risk Management Framework (PSRMF) kunye ne-Directorate Enterprise Risk Management (D:ERM) kwiSebe leNkulumbuso (iSebe iiDotP) ukunika eli Sebe inkonzo yenxaso ecwangciselweyo elawulwa kwandlunkulu.

Ukuhambelana ne-National Treasury Public Sector Risk Management Framework (PSRMF) kwanokumiliseka ngaphezulu ulawulo lwelahleko kwiSebe leMfundo, uRhulumente waseNtshona Koloni (Western Cape Government) (WCG) uvume ngokusemthethweni uxwebhu loMgaqo-nkqubo we-ERM (ERM Policy) olucacisa injongo ephelileyo ye-WCG ngokunxulumene ne-ERM. Eli Sebe liye lamkela isiCwangciso-nkqubo seERM (ERM Strategy), evunyiwe liGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) ngomhla wesi-6 kuMeyi ka-2014 kunye nesiCwangciso sokuQhutywa kweERM (ERM Implementation Plan), esivunyiwe liGosa loCwangciso-mali ngomhla wesi-8 kuEpreli ka-2014. Esi sicwangciso sokuQhutywa kweERM siye savulela ukusetyenziswa komgaqo-nkqubo weWCG ERM kunye nesiCwangciso-nkqubo seERM yaye sicacisa iindima noxanduva lwabalawuli nabasebenzi abathwaliswe uxanduva lolawulo lwemingcipheko kweli sebe.

Qho ngekota eli Sebe lihlola imingcipheko ebalulekileyo enokuba nefuthe ekufezekisweni kweemfuno zalo, kokubini, imingcipheko yesicwangciso-nkqubo neyeeeprogram. Imingcipheko ibekwe ngokokubaluleka ngokusekelwe kwenakho ukwenzeka kunye nefuthe layo (engundoqo neseleyo) kwaza kwavunywa iindlela zoyikuthomalalisa ukwenzela ukunciphisa imingcipheko ibe kumanqanaba amkelekileyo. Imingcipheko emitsha/evelayo iye yachongwa ngethuba lenkqubo yokuhlola kwekota.

ISebe liye laseka iKomiti yoLawulo lwemiNgcipheko yeZiko (Enterprise Risk Management Committee (ERMCO) ukuba lincedise iGosa loCwangciso-mali ekwenzeni uxanduva lwakhe ngokunxulumene nokulawulwa kwemingcipheko. Le Komiti isebenza phantsi kwemiMiselo yokuSebenza (Terms of Reference) evunywe liGosa loCwangciso-mali ngomhla wesi-6 kuMeyi ka-2014. I-EMRCO iye yamkela ubhaliso lwemingcipheko enokuba nobungozi (strategic risk register) yaza yafaka isindululo sokwenziwa kwezinye izinto apho kufanelekileyo. Kuye kwachongwa le mingcipheko iphambili ilandelayo (kunike eyona iphambili emithathu) kunye namanyathelo okuyithomalalisa kulo nyaka uhlolwayo:

Umngcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
1 Kusenokubakho ukungalawuleki kakuhle kolwazi ngenxa yedatha engaphelelanga nengachanekanga efunyenwe ezikolweni, nto leyo inokukhokelela ekungacwangcisini kakuhle kunye nefuthe elingelihle kwezemali	ISebe iWCED liqhuba uqinisekiso lwedatha olwenziwa ngekota lisebenzisa isixhobo sokuBeka eSweni uPhuculo lweZikolo (SIM) UPhicotho loMgangatho weDatha yeEMIS yePhondo luye lwaqhutywa ngo-2013
2 ISebe iWCED lisenokungabi nabhajethi yaneleyo ngenxa yemeko yezoqaqosho eya isiba mbi, nto leyo inokuchaphazela iinjongo zeli sebe	Ukuxhaswa kwezikolo zeNqanaba 1-3 kwenziwe kwalingana Kuphinde kwachongwa ezinye izikolo ezingama-216 njengezikolo ezingahlawuli fizi Ukuqhutywa kwembuyekezo yoxolelo lweefizi kubafundi abangathathi ntweni
3 Kusenokuqhutywa kakubi ukufunda kumagumbi okufundela ngenxa yokuba oofitshala bengakwazi ukuzisebenzisa kakuhle iincwadi zezifundo (textbooks), nto leyo inokukhokelela kwizinga eliphezulu lokuyeka isikolo/ukungaphumeleli kwabafundi Lo mngcipheko uye wahlolwa ngokutsha waza wahlaziywa ngabaNini bomNgcipheko yaye neendlela zokuwusingatha ziye zahlaziywa. I-EXCO yangowama-26 kuJuni ka-2014 iye yawuhlola lo mngcipheko yaza yazamkela izilungiso.	Amaphulo ongenelelo loncedo kwilitheresi nenyumeresi (isiCwangciso-nkqubo seLITNUM) ayaqhutywa Amagosa atyelela izikolo ukwenzela ukubeka esweni ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo INgxelo yesikolo malunga nokusetyenziswa kweencwadi zezifundo ikwiSIM qho ngekota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iye yajonga ngokuzimeleyo ukusebenza kwendlela yolawulo lwemingcipheko lweSebe. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi iye yanikwa iingxelo zeKota zenkqubo yeERM kunye nobume (profiles) nobhaliso (registers) lwemingcipheko yamasebe ukuze le komiti ikwazi ukwenza umsebenzi wayo wokujonga ngokuzimeleyo indlela aqhuba ngayo amasebe. Ukuhlola kweKomiti yoPhicotho-zincwadi okujonga inkqubo yolawulo lwemingcipheko kujoliswe kwinkqubo yokuqhutywa kweSicwangciso sokuQhutywa kweERM yoNyaka ngamaSebe nemingcipheko enokuchaphazela umsebenzi (strategic risks) elijamelene nayo iSebe kunye nokujongana nemingcipheko (risk response)/izicwangciso-nkqubo zokujongana nemingcipheko (treatment strategies).

Ifuthe kwintsebenzo yeziko

Ziya zibonakala ngokubonakala iinzuzo zolawulo lwemiNgcipheko yeZiko (Enterprise Risk management). Isigqeba esilawulayo seziko siyawuqonda umsebenzi esimelwe kukuwenza nanjengoko isiso abona bantu bajongene nemingcipheko ngokwamanqanaba abawaphetheyo. Ingxelo enikwa qho nangokuzinzileyo incedisa ekuthomalaliseni imingcipheko apho inokubela khona. Ingxelo zinceda abalawuli ukuba bagxile kwiinkalo ezibalulekileyo yaye zikhokelela ekwenziweni kwezinto kwangethuba. Isebe liye lafumana uphuculo oluthile ngokwentsebenzo, njengesiphumo sokukhula kolawulo lwemingcipheko.

3. INkohliso nobuQhophololo

URhulumente waseNtshona Koloni wamkele ngokusemthethweni isiCwangciso-nkqubo esiChasene nobuQhetseba (Anti-Corruption Strategy) esingqina isigqibo sokunganyamezeleki nakanye (zero tolerance) kobuqhetseba nobuqhophololo kweli Phondo. ISebe livume ngokusemthethweni isiCwangciso sokuQhutywa kokuThintelwa kweNkohliso (Fraud Prevention Implementation Plan) nesisiqhamo sesiCwangciso sokuThintela iNkohliso (Fraud Prevention Plan).

Amajelo ahlukeneyo okuchaza izityholo zenkohliso nobuqhophololo akho kwaye yaye acaciswe ngokupheleleyo kwisiCwangciso-nkqubo esiChasene nobuQhetseba sePhondo (Provincial Anti-Corruption Strategy) nakwisiCwangciso seSebe sokuThintela iNkohliso (Departmental Fraud Prevention Plan). Isityholo ngasinye esifunyenwe yiForensic Investigation Unit sirekhodwe kwiSistim yokuLawulwa kwamaTyala (Case Management System) nesetyenziswa njengesixhobo sabaphathi sokuchaza inkqubela esele yenziwe malunga namatyala anxulumene nesebe eli kwanokukhupha iinkcukacha-manani zePhondo nezeSebe. Thina siyabakhuselela abasebenzi abahlaba umkhosi (blow the whistle) malunga nezenzo ezikrokreleka njengeziyinkohliso, ubuqhophololo nobusela ukuba ingxelo leyo yingxelo ekhuselekileyo (o.k.t. ezezekisa iimfuno zemithetho, umz. yenziwe ngokungaxhibanga kwenza nkohlakalo). Ithuba lokungazichazi igama liyanikwa kuye nawuphi na umntu onqwenela ukuchaza izenzo zenkohliso, ubusela nobuqhophololo kwaye kufuneka oko kwenziwe nguye buqu, iinkcukacha zokuba ungubani zigcinwa ziyimfihlo ngumntu lowo anika ingxelo kuye.

Bakuba buqinisekisiwe inkohliso okanye ubuqhophololo, emva kokwenziwa kophando, abo basebenzi bachaphazelekayo abaye baxelwa njengabathathe inxaxheba kwezi zenzo baya kuthathelwa amanyathelo ngokubizelwa kwiingxoxo zoluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG oqalisa ngamanyathelo oluleko kufuneka acebise malunga nokugxothwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apho kukho ubungqina obuphathekayo besenzo solwaphulo-mthetho buqatshelweyo, isenzo eso solwaphulo-mthetho sichazwa kwiiNkonzo zaMapolisa laseMzantsi Afrika (South African Police Services).

Ngalo nyaka-mali, iPFS iqhube yagqiba uphando lwamatyala angama-26, ngelixa ali-17 eye adluliselwa kwiSebe ukuze liqhube uphando lwangaphakathi. Amatyala aphantsi amabini (2) aqinisekise ukuba bekwenzeke iNkohliso (Fraud) kunye/okanye nobuQhophololo (Corruption), amatyala ama-6 kula matyala agqityiweyo ukuphandwa aye aqinisekisa ubuQhophololo/ukuTenxa kwimimiselo kunye/okanye nokuNgalandelwa komthetho (Non-compliance) laza elinye (1) lala matyala agqityiweyo ukuphandwa laqinisekisa ukuTenxa kwimimiselo kunye/okanye nokuNgalandelwa komthetho. Elinye (1) lamatyala agqityiweyo ukuphandwa liqinisekise ubuSela kunye/okanye nokuTenxa kwimimiselo kunye/okanye nokuNgalandelwa komthetho.

Amatyala ophando alishumi elinesithandathu (16) kula agqityiweyo aye afuna uphando lwaphambi kweengxoxo (preliminary investigations) yaye olu phando lwaphambi kweengxoxo khange luzingqine izityholo zeNkohliso, ubuSela nobuQhophololo. Ekupheleni konyaka-mali, ashiyeke eli-14 amatyala asekuhlulw lwamatyala eSebe.

4. UkuNciphisa ukuNgqubana kwemidla

Qho ngonyaka, okanye ngokokutshintsha kweemeko, amalungu enkonzo yabalawuli abaphezulu kufuneka bazalise baze bangenise ingxelo 'yokungachaphazeleki ekungqubaneni komdla' ('No conflict of interest'). Onke amalungu eKomiti yeeBhidi (Bid Committee) nabo bonke abasebenzi kwiCandelo lokuLawula Thengwa kweMpahla neeNkonzo (Supply Chain Management) kufuneka baphinde benziwe ukhangelo lokungachaphazeleki (clearance checks) emva kokuba befake ezo ngxelo zilindeleke kubo zifunekayo zixela nakuphi ukungqubana komdla, ukwenzela ukuthintela naliphi igosa ekuthatheni inxaxheba kuyo nayiphi iprojekthi okanye umsebenzi onokukhelelwa ekungqubaneni komdla. ISebe lifuna zonke iinkampani ezifaka ibhidi (bidders) zixele ubudlelwane obunokuba bukhona phakathi kwazo nomqeshi okanye abasebenzi besebe. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nawo kufuneka afake ingxelo 'yokuNgachaphazeleki ekungqubaneni koMdla' ('No conflict of Interest'). Kulo nyaka-mali sithetha ngawo khange kubekho kungqubana komdla okunjalo.

5. ImiGaqo yokuZiphatha

Isebe liyayilandela imiGaqo yokuZiphatha yeeNkonzo zikaRhulumente (Public Service Code of Conduct).

UMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kweZipho ngamaGosa aseOfisini eSebe leMfundo leNtshona Koloni (Policy on the Acceptance of Gifts by the Office-based Officials of the Western Cape Education Department) uye wagqityezelwa ngomhla wama-27 kuMatshi ka-2013. Lo mgaqo-nkqubo uchaza, phakathi kwezinye izinto, ngesikhokelo ngokubanzi, iRejista yeZipho, iindlela zokuzaliswa weeFomu zokuXela umdla (Declaration Forms), imiBuzo eThanda ukuBuzwa (Frequently Asked Questions) kunye noMgaqo-nkqubo wethempleyithi yoBhaliso lweZipho (Gift Register template Policy).

6. Ukhuseleko kwezeMpilo neMiba yeNdawo esiNgqongileyo

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mngeni mkhulu yaye iSebe leMfundo lakhe ubudlelwane namanye amasebe ephondo achaphazelekayo ukwenzela ukusingatha lo mba. Ukuzibandakanya koluntu kuhleli kungowona mba uphambili ekulweni nobundlobongela obuchaphazela ezinye zezikolo zethu ezisemngciphekweni omkhulu. ISebe likwanazo neekhamera zeCCTV elizifake kwizikolo ezithile ukwenzela ukuba iinqununu zezikolo ziyibeke esweni intshukumo eyenzekayo.

7. IiKomiti zeePofoliyo

Awuzichaphazeli lo mba

8. Izigqibo zeScopa

Ingxelo yeKomiti esisiGxina yezeMfundo (Standing Committee on Education) ekhutshwe ngomhla wama-24 kuOktobha ka-2014 imalunga neNgxelo yoNyaka yeSebe leMfundo leNtshona Koloni yonyaka ophela ngowama-31 kuMatshi ka-2014 ishwankathelwe apha ngezantsi.

IKomiti iluthathele ingqalelo uluvo lokuphicotho loMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neeNgxelo zeMali zoNyaka (Annual Financial Statement) zeSebe leMfundo zonyaka-mali ka-2013/14, njengezingenamakhwiniba (unqualified opinion), ngxelo ezo ziye zamkelwa ngumphicothi-zincwadi njengezineziphumo ezihambelana nemithetho nemimiselo enxulumene nemiba yokunikwa kweenkonzo, ngokuphathelene neProgram kaZwelonke yokuTiyiswa kweZikolo (National Schools Nutrition programme).

Le Komiti ithe ingxelo yophicotho-zincwadi yoMphicothi-zincwadi Jikelele yonyaka-mali ka-2013/14 ibonise ukuphucuka kwengxelo yophicotho xa ithelekiswa neminyaka-mali edlulileyo. Iziphumo zeminyaka edlulileyo bezisusela ekulandelweni kwemithetho nemimiselo yokulawulwa kokuthengwa kweempahla neenkonzo kunye neekhontrakthi kwanolawulo lwenkcitho yonyaka-mali ka-2013/14, ukuya kwiziphumo zokulandelwa kwemithetho nemimiselo yokulawulwa kokuthengwa kweempahla neenkonzo kunye neekhontrakthi kwanolawulo lwenkcitho kwakunye nemiba yokunikwa kweenkonzo yonyaka-mali ka-2011/12.

Le Komiti iye qaphela ukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni lisebenzise iibhiliyoni eziyi-R15,5 zebhajethi yeebhiliyoni eziyi-R15,7, nto leyo ikhokelela kwinkcitho engaphantsi yezigidi eziyi-R166,6 (1,1%) njengoko kubonisiwe kwiphapha lesi-7 lengxelo yonyaka ka-2013/14.

Le nkcitho ingaphantsi yezigidi eziyi-R166,6 ibangelwe kakhulu yile miba ilandelayo iquka:

- Ukulibaziseka ekuvelisweni nasekufakelweni komatshini wokusongela (wrapping machine).

- lindlela zokusebenzisa kakuhle imali apha kwiSebe.
- Ukulibaziseka kokwakhiwa kwamagumbi okusebenzela eteknoloji yokulungisa (mechanical technology) neteknoloji yokuyila (civil technology) kwizikolo zobuChwepheshe zaseSekondari, ngokunjalo nolibaziseko ekuzisweni kwe-hadwe yeinformation and communication technology neetoolkit zemechanical, electrical necivil technology kwezi zikolo.
- Ulibaziseko kwiprojekthi yeziseko zophuhliso ezingundoqo zeAccelerated School Infrastructure Development Initiative (ASIDI) kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente.
- Ulibaziseko ekufunweni kwezinto zokufaka (packaging material) zeprogram esalingwayo yobisi kwiProgram kaZwelonke yokuTyiswa kweZikolo.

Le Komiti iye yaqaphela ukuba ulwabiwo-mali lokugqibela lwenkcitho engundoqo lusetyenziswe ngokungaphantsi nge-16,4% (izigidi eziyi-R154,400) kunyaka-mali ka-2013/14 xa kuthelekiswa ne-2,3% (izigidi eziyi-R13 500) zonyaka-mali ka-2012/13. Le nto ibangelwe kakhulu lulibaziseko ekuzisweni komatshini wokusongela obuthengelwa ulungiselelo (administration) lweemviwo kwakunye nenkcitho engaphantsi eyenziwe kulwakhiwo lweziseko zophuhliso, nebangelwe lulibaziseko lokwakhiwa kweeprojekthi ezinkulu kwizikolo ezimbalwa zikarhulumente. Ezi zinto azibanga nakugqitywa ekupheleni konyaka-mali ka-2013/14.

ISebe liye lanconywa yiKomiti ngeziqalo eziqhutyiweyo zokwandisa ukwamkelwa kwabafundi kwiiKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) eNtshona Koloni. Umphicothi-zincwadi uphinde waqaphela ukuba iSebe liye laphucula ithuba lalo lokuqokelela amatyala ukusuka kwiintsuku eziyi-55,4 ukuya kwiintsuku ezimbini.

ISebe liye lakhuthazwa ukuba ligxile ekuphuculeni indlela eliqhuba ngayo ulawulo lwangaphakathi, nto leyo iphathetele nobunkokeli (uxanduva lokujonga konke okuqhubekayo), iindlela zokulawula ulawulo lwemali nentsebenzo (financial and performance management controls) (ukugcinwa kakuhle kweerekhodi, ulawulo lokuqhutywa nokulungelelaniswa, ukunikwa kweengxelo, ukulandelwa kwemithetho kunye nolawulo lweesystem zeIT), kunye nokuphatha (umphicotho-zincwadi lwangaphakathi).

Malunga nophuculo lomsebenzi wolawulo lwangaphakathi lweSebe, iKomiti iye yalicela iSebe ukuba ligxile kwezi nkalo ziphambili (major areas) zifuna uphuculo, neziqoka:

- IziXhobo zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa: Ukuphuculwa kokulawulwa okupheleleyo kokusetyenziswa kweencwadi zezifundo (textbooks) nokugcinakala kwazo ezikolweni.
- UkuLawula nokuPhatha (Management and Governance): Ukuqhutywa kweenkqubo ezilandelwayo zesiqhelo zokusebenza apho kunokubekwa esweni khona ukukwazi ukulawula iimali kwezikolo.
- IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile: Ukuqhutywa kweenkqubo ezilandelwayo zesiqhelo zokusebenza ekulawuleni igrathi yeHIV/AIDS neTB.
- ULawulo lwamaShishini aChaphazelekayo (Business Stakeholder Management): Ukubeka umgaqo-sikhokelo (framework) okhokela iinkqubo ekufuneka zilandelwe ekuchongeni, ekubekeni phambili ukwakha kunye nasekuphuculeni ubudlelwane namaqela achaphazelekayo.

Nazi iziGqibo zeSCOPA zonyaka-mali ka-2013/14 zidweliswe kule theyibhile ingezantsi:

UNOBANGELA WENGXAKI/IINKXALABO	IZIGQIBO ZESCOPA	Inyathelo elithathiweyo kwiziGqibo zeSCOPA kuquka neendleko ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo iminyaka-mali ezayo
<p>Amaphepha: 128-138 kwiNngxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "Izigqibo zeSSCOPA"</p> <p>Ingcaciso ISebe lizipapashile izigqibo zalo, amanyathelo athathiweyo kwiNngxelo yalo yoNyaka.</p>	<p>IKomiti ivumile ukuba: ISebe lipapasha amazwi okuvula eKomiti ale ngxelo ajongene neli Sebe, uluhlu lwezigqibo kunye noluhlu lweenkcukacha ezicelwe yiKomiti ukuba zivele kwiiNngxelo zemiNyaka ezayo.</p>	<p>ISebe iWCED lipapashe amazwi okuvula eKomiti eNngxelo yoNyaka ka-2013/14, uluhlu lwezigqibo kunye noluhlu lweenkcukacha ezicelwe yiKomiti ukuba zivele kwiiNngxelo yoNyaka ka-2014/15.</p>	<p>Azikho.</p>
<p>Iphepha: 188 kwiNngxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "Uphicotho lokwenziwa komsebenzi kwiprogram 6 - iMfundo esisiseko noQeqesho lwabaDala (ABET) lonyaka ophele ngowama-31 kuMatshi ka-2014"</p> <p>Ingcaciso: ISebe lipapashe ucazululo oludweliswe ngokwamacandelo kuquka neendleko zalo.</p> <p>IKomiti iqaphela ukuba olu cazululo lugxile kwiindleko zokuqhutywa komsebenzi (operational costs) ezinxulumene neprogram yeABET.</p>	<p>IKomiti ivumile ukuba: ISebe licacisele iKomiti malunga nonzuzo yocazululo lweendleko eye yafumaneka kwiprogram yeMfundo esiseko noQeqesho lwabaDala (ABET) kweli Phondo.</p>	<p>IKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente (Public Accounts Committee) iye yanikwa ingxelo ngomhla wesi-6 kuMeyi ka-2015</p>	<p>Azikho.</p>

UNOBANGELA WENGXAKI/IINKXALABO	IZIGQIBO ZESCOPA	Inyathelo elithathiweyo kwiziGqibo zeSCOPA kuquka neendleko ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo iminyaka-mali ezayo
<p>Iphhepha: 200 kwiNgxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "Intlawulo zeeasethi ezinkulu" (capital assets)</p> <p>Ingcaciso: ISebe lipapashe ukucacululwa okudweliswe ngokwamacandelo okuquka iindleko ezinxulunyanisa oomatshini nezixhobo zokuncedisa ekufundeni zonyaka-mali ohlolwayo. IKomiti iye yabuza kwiSebe malunga nemeko yoomatshini bokusebenza kwiZikolo zobuChwepheshe zaseSekondari ezikweli Phondo leNtshona Koloni.</p>	<p>IKomiti ivumile ukuba: ISebe liqinisekisa ukuba zonke iZikolo zobuChwepheshe zaseSekondari (Technical Secondary Schools) zixhotyiswe ngabo bonke oomatshini nezixhobo zokuncedisa ekufundeni, xa ibhajethi yeprogram ivuma.</p>	<p>Iindlela zokwenza ezibekiweyo ukususela ngo-14/15:</p> <p>AbaCwangcisi abaphezulu beKharithulam (SCP) liSCP kunye nesikolo zichonga izixhobo zokusebenza (tools), izixhobo zokuncedisa ekufundeni (equipment), kunye noomatshini abafunekayo kwisifundo ngasinye ukwenzela ukuba eso sifundo neKharithulam zinikwe ngendlela esebenzayo nephumelelayo. Izikolo zigcwalisa irikhwizishini eneemfuno zazo ngokoluhlu lwezixhobo zokusebenza nezixhobo zokuncedisa ekufundeni (tools and equipment list) olunikwa liSebe iDBE kunye nangokwebhajethi enikwa isikolo eso. IBhajethi yokongeza kwezobuChwepheshe (Technical recap budget) yohlulwa ngokwenani lezikolo ezikule projekthi. Iindlela zokulawula ibhajethi ezisetyenzisiweyo: Ukufakwa kweerikhwizishini</p>	<p>Ukusetyenziswa kakuhle kweemali, okubangelwa ngumgangatho ongcono wezixhobo ezincedisa ekufundeni ezinikwa ngokweengcaciso (specifications). Le nto ibangela ukuba izixhobo zihlale ithuba elide, kunciphe iindleko zokugcina ezi zixhobo zikwimeko eyiyo, kuhle nokuchithwa okungafaneleka nga kwemali kulungiso (repairs) nokutshintshwa kwezixhobo (replacements).</p>

Ingxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
ePhondo leNtshona Koloni

UNOBANGELA WENGXAKI/IINKXALABO	IZIGQIBO ZESCOPA	Inyathelo elithathiweyo kwiziGqibo zeSCOPA kuquka neendleko ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo iminyaka-mali ezayo
		<p>Zonke iimfuno ezivela esikolweni ziyadityaniswa kuze kufakwe irikhwizishini eya kwiSCM njengethenda enye.</p> <p>linkqubo zokuthengwa kwempahla neenkonzo ezenziwa nguNdlukulu Zonke iinkqubo zokuthenga impahla neenkonzo zenziwa yiSCM kwandlunkulu ineengcaciso ezicacileyo nemihla ebekiweyo yokuzizisa. Iingxelo zeveki Umlawuli weprojekthi ubeka esweni inkqubo yokuthengwa kwempahla neenkonzo aze anike ingxelo yobume qho ngeveki eyinika abalawuli abayintloko beZiko (Top Management).</p> <p>Iingxelo zenyanga neengxelo z eKota ngokweemfuno zeDoRA. Iingxelo zinikwa iNtloko: yezeMfundo, uDDG: ezeKharithyulam kunye</p>	

UNOBANGELA WENGXAKI/IINKXALABO	IZIGQIBO ZESCOPA	Inyathelo elithathiweyo kwiziGqibo zeSCOPA kuquka neendleko ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo iminyaka-mali ezayo
		<p>noCFO, ngokunjalo neSebe iDBE elithi likhuphe iimali. Le nto yenzelwa ukuqinisekisa ngokunikwa kwempahla neenkonzo kwaneengxelo malunga nenkcitho.</p> <p>Unxibelelwano neZikolo Izikolo zigcinwa zisazi malunga nokuba ziza kufumana ntoni kwanamaxesha eziya kuyifumana ngawo.</p> <p>Iintlanganiso neSCM Iqela eliqhuba le projekthi lisebenzisana, likwachophela iintlanganiso zenyanga neSCM ukwenzela ukusingatha nayiphi imingeni okanye imiba, umz. ukuziswa kade kwempahla, okanye ukungasebenzi kwenkampani njengoko kubhaliwe kwikhontrakthi.</p>	

UNOBANGELA WENGXAKI/IINKXALABO	IziGqibo zeSCOPA	Inyathelo elithathiweyo kwiziGqibo zeSCOPA kuquka neendleko ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo iminyaka-mali ezayo
<p>Iphepha: 200 kwiNgxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "ISebe leMfundo esisiSeko"</p> <p>Ingcaciso: ISebe lipapashe ukucazululwa kwegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango ethile enikwe iZikolo zeDinaledi kulo nyaka-mali uhlofwayo. IKomiti iye yaveza inkxalabo malunga nokuba ingakwazi ukubona ukuba zeziphi iimali ebezabelwe iSikolo seDinaledi ngasinye kunye nexabiso eliphumo kuso.</p> <p>Ngaphezulu, iKomiti inekhala malunga nemeko yeZikolo zeDinaledi, kuba kubonakala ukuba ezinye zezi Zikolo zimana ziphinda ukwenza amatyala amancinci.</p>	<p>IKomiti ivumile ukuba: ISebe malifake ucazululo loluhlu lweSikolo seDinaledi ngasinye ngonyaka-mali ka-2014/15.</p> <p>ISebe liyaqinisekisa ukuba kwenziwa kuze kulandelwe indlela yokuqinisekisa ukuba la matyala mancinci aphindwa zezi Zikolo zeDinaledi ayasingathwa.</p>	<p>IKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente (Public Accounts Committee) iye yanikwa ingxelo ngomhla wesi-6 kuMeyi ka-2015</p>	<p>Azikho.</p>
<p>Amaphepha: 231 kwiNgxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: "Ingxelo ngeegranti eziphuma phantsi kwemiqathango ezifunyenweyo"</p> <p>Ingcaciso: IKomiti iyaqonda ukuba iSebe lifumene ulwabelo-mali oluyi-R1, 639 728 lwegranti ephuma phantsi kwemiqathango ethile kodwa lisebenzise i-R1, 481 734 kuphela kulo nyaka-mali uhlofwayo.</p>	<p>IKomiti ivumile ukuba: ISebe liqinisekise ukuba lisebenzisa lonke ulwabiwo-mali lwebhajethi yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile ngonyaka-mali ka-2014/15.</p>	<p>ISebe lifumene ulwabiwo-mali lwegranti ephuma phantsi kwemiqathango ethile oluyi-R1,794 093 yonyaka-mali ka-14/15, laza lasebenzisa i-R1,779 941 yaloo mali liyabelweyo. Le nto yenza i-99.2% yolwabiwo-mali, xa ithelekiswa ne-90.4% yonyaka ongaphambili.</p>	<p>Azikho.</p>

Uluhlu lweeNkcukacha ezifunekayo

ISebe leMfundo leNtshona Koloni linike iKomiti ezi nkcukacha zilandelayo njengoko ibizicelile:

- Ingxelo ecacisiweyo yentlanganiso ebiphakathi kweNtloko yeSebe iWCED kunye noMphathi woCwangciselelo noLawulo lweziSeko zoPhuhliso (Director for Infrastructure Planning and Management) ngokumalunga nentlanganiso yokuhlolwa kweebhidi (bid adjudication meeting) eyayibanjelwe ukukhupha ithenda ebisiya kwiFilcon Construction. Le ngxelo kufuneka iquke yonke imizuzu yeKomiti yokuHlolwa kweebhidi ngokunjalo nemizuzu yentlanganiso phakathi kweHOD yeSebe iWCED kunye noDirector for Infrastructure Planning and Management.
- Ingxelo ecacisiweyo ecazulula "Abanye abanye abanamatyala", ebekwe kwiphepha lama-219 leNgxelo yoNyaka yeSebe;
- Ingxelo ecacisiweyo ecacisa iinkcitho ezenziwe ngakwiSebe lezoBulungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko kunye neCape Teachers' Professional Association (CTPA), eziboniswe kwiphepha lama-237 lale Ngxelo yoNyaka yeSebe.

9. UTshintsho lwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi

Isebe lilungisa isiCwangciso sokuPhuculwa kokuLawulwa kweMali (Financial Management Improvement Plan) (FMIP) esijonge kwimiba yokungalandelwa kwemithetho exelwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Esi sicwangciso siqinisekisiwe ngokomgangatho yaye noMphicothi-zincwadi Jikelele kuyathethwa naye ngalo mba. Ukunikwa kweengxelo kwengxelo malunga nenkqubela kwikomiti yophicotho lwesebe (Departmental audit committee) nako kwenziwe.

Uhlobo lwekhwiniba (nature of qualification), iinkcukacha ezingaphelanga (disclaimer), ukungangqinelani kwengxelo nemali (adverse opinion) kunye nemiba yokungalandelwa komthetho	Unyaka-mali ekuqale ngawo ukwenzeka oku	Inkqubela esele yenziwe ekucaciseni / ekusombululeni lo mba
Izibophelelo (commitments) ezihlelwe ngokungachanekanga	2013/14	Ukubalwa kwezibophelelo kuye kwabalwa ngokutsha emva kokudibana neSebe likaNondyebo wePhondo (Provincial Treasury) kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele kwaza kwalungiswa kumaXwebhu eNgxelo-mali oNyaka ka-2013/2014. Kusetyenziswe iziKhokelo zeSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury Guidelines) yaza indlela ezicaciswe ngayo yaqinisekiswa kwiSebe likaNondyebo wePhondo.

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
ePhondo leNtshona Koloni

Ukunikwa ngokupheleleyo kwengxelo yeSebe (disclosure) - Iziphelelo azivunywanga	2013/14	Ukubalwa kwezibophelelo kuye kwabalwa ngokutsha emva kokudibana neSebe likaNondyebo wePhondo (Provincial Treasury) kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele kwaza kwalungiswa kumaXwebhu eNgxelo-mali oNyaka ka-2013/2014.
Ukunikwa ngokupheleleyo kwengxelo yeSebe (disclosure) - UMgaqo-nkqubo woCwangciso-mali (Accounting Policy) awubhalwanga	2013/14	Ithempleyithi evela kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke khange ilifake isolotyengxelo yokuthile okufunyenweyo (specific disclosure) ebelikade lifakwa kwiminyaka engaphambili. Emva kokuthethana noMphicothi-zincwadi Jikelele, liye lafakwa kumaXwebhu okugqibela eNgxelo-mali yoNyaka.
Ukwahluka okukhoyo kumaXwebhu eNgxelo-mali	2013/14	Amanani eengxelo zokufunyenweyo (disclosures) aphinde abalwa ngokutsha ngokweModified Cash Standards aza alungiswa kumaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka ka-2013/14. Lo mba uye waxoxwa kunye neSebe likaNondyebo wePhondo kunye neSebe likaNondyebo kaZwelonke laza iSebe likaNondyebo kaZwelonke lavuma ukuba izikhokelo zabo mazibhalwe ngenye indlela, nokuba kucaciswe nangakumbi malunga namagumbi angesosigxina ukwenzela ukusombulula le ngxaki.

Uhlobo lwekhwiniba (nature of qualification), iinkcukacha ezingaphelelanga (disclaimer), ukungangqinelani kwengxelo nemali (adverse opinion) kunye nemiba yokungalandelwa komthetho	Unyaka-mali ekuqale ngawo ukwenzeka oku	Inkqubela esele yenziwe ekucaciseni / ekusombululeni lo mba
Isiriyeli/Isidudu asiphakwa kwizikolo ezibini	2013/14	Isetyhula yesebe iye yathunyelwa ngomhla we-9 kuEpreli ka-2014 apho ingongoma 2.5 yale setyhula ibithetha ngokukodwa malunga nalo mba. Itshekhilisti elungisiweyo iphinde yathunyelwa ngomhla wesi-2 kuJulayi ka-2014 ukwenzela ukuxhasa le nkqubo. ICandelo eliyiNtloko (Chief Directorate) lakwaNdlunkulu liza kucela iitshekhilisti ezimbalwa kwiZithili qho ngonyaka ukwenzela ukubeka esweni ukulandelwa komthetho nemimiselo.
Ukubekwa esweni komgangatho wokutya	2013/14	Isetyhula yesebe iye yathunyelwa ngomhla we-9 kuEpreli ka-2014 apho ingongoma 2.5 yale setyhula ibithetha ngokukodwa malunga nalo mba. Itshekhilisti elungisiweyo iphinde yathunyelwa ngomhla wesi-2 kuJulayi ka-2014 ukwenzela ukuxhasa le nkqubo. ICandelo eliyiNtloko (Chief Directorate) lakwaNdlunkulu liza kucela iitshekhilisti ezimbalwa kwiZithili qho ngonyaka ukwenzela ukubeka esweni ukulandelwa komthetho nemimiselo.

10. IYunithi yoLawulo lwangaPhakathi

Ngo-2013/14 iYunithi yoLawulo lwangaPhakathi (Internal Control Unit) ebisandula kumiselwa iye yenza le misebenzi ilandelayo:

Iye yaqhuba inkqubo yokuxhasa ulawulo olululo

Yalawula iSistim yoLawulo lwangaPhakathi oluDibeneyo (Integrated Internal Control System): yagcina yaza yahlaziya idathabheyisi yemiGaqo-sikhokelo yezoMthetho (Legal Frameworks) yaza yaqinisekisa nangokuqhutywa kokutshintshaniswa (delegation) kwemigaqo-sikhokelo (framework)

Yagcina irejista yoPhando malunga nemiCimbi yeMali (Forensic Audit): yanika kwiingxelo zenkqubo zamatyala eFIU eya kuNdlunkulu nakwiZithili yaza yaxela kwiSebe leNkulumbuso namalunga nerejista yeFIU yesebe ehlaziyiweyo.

Iqulunqe imigaqo-nkqubo, iindlela emazilandelwe neenkqubo eziphathele neyunithi yolawulo lwangaphakathi.

Yabeka esweni ukulandelwa kweendlela ezibekiweyo: yalawula yaza yayila isixhobo sokusebenza ngokulandela iindlela ezibekiweyo; yahlaziya esi sixhobo ngokuhambelana nomthetho okhoyo ngoku ukwenzela ukubhaqa iindlela ezinokukhokelela ekuqatshelweni kobuthathaka kule sistim yolawulo lwangaphakathi.

Yaphonononga ukusebenza nokuqhutywa kweendlela ezibekiweyo kwezemali: yagqiba ukuhlola okwenziwa ngaphakathi esebeni; yabeka esweni indlela eziqhuba ngayo iiNkokeli (Champions) zeSCM.

Yaphononongo iirejista zemingcipheko yesebe: yalungisa yaza yagcina irekhodi yeengxelo zemingcipheko; yasebenza neyunithi yeERM kunye noPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi malunga nemingcipheko yesebe.

Ukunikwa kweNkonzo zoQinisekiso lwemiGangatho

Iququzelele uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi nolwangaPhandle: ibeke esweni inkqubela malunga neengcebiso kwiingxelo yabaphathi nakwiingxelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi; icazulule yaza yaphumeza iimpendulo zabaphathi; inike iingcaciso nengecebiso.

Ichaze imiba kwikomiti yoPhicotho-zincwadi i-AC: yanika izimvo (comments) malunga nobume besicwangciso sophuculo lolawulo lwemali kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi

Iqinisekise ukuphunyezwa kolawulo lokulungisa iinkqubo: inike iingxelo neerejista ngenkcitho engeyonzuzo nedyakrazayo kunye nenkcitho engagunyaziswanga; yenze yagqiba inkqubo elandela emva kophicotho-zincwadi ngokunxulumene nentlawulo yeevawutsha; iququzelele izigqibo zeSCOPA ukwenzela ingxelo yonyaka; yenze yagqiba ukungqinisiswa kwamaxwebhu e-MPAT.

11. IKomiti yoPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi neKomiti zoPhicotho-zincwadi

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunika iinkonzo ezizimeleyo, ukuqinisekiswa kolawulo lwelahleko olungakhokelwa luluvo kunye neenkonzo zengcebiso ezenzelwe ukongeza ixabiso nokuphucula okokoko imisebenzi yeSebe leMfundo. Kufuneka incedise iSebe leMfundo ekuphumezeni iinjongo zalo ngokuzisa inkqubo enobucule, enocwangco ukuphonononga nokuphucula ukusebenza ngempumelelo kwezokuPhatha, uLawulo lweLahleko kunye neeNkqubo zolawulo (Governance, Risk Management and Control processes). Le misebenzi ephambili elandelayo yenziwa ngokubhekiselele koku: Ukuhlola nokunika iingcebiso ezifanelekileyo zophuculo lweenkqubo zolawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe lemfundo;

Ukuvavanya ukufaneleka nokusebenza ngempumelelo, nokufaka igalelo kuphuculo lwenkqubo yolawulo lwemingcipheko;

Ukuncedisa iGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) ekulondolozeni iinkqubo ezisebenza ngobuchule nangempumelelo ngokuhlola ezo nkqubo zolawulo ukuqinisekisa ukusebenza kwazo ngempumelelo nangobuchule, kunye nokunika iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula.

Ezi ziqinisekiso zokwenza (assurance engagements) zilandelayo ziye zavunywa kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi luka-2014/15:

- Imali eya kwizibonelelo zeECD
- SCM - Inkqubo yokuthenga impahla neenkonzo ezingaphantsi kwe-R30 000
- ULawulo lweeKhontrakthi
- IZikim zoThutho lwaBafundi
- ULawulo lweZikolo eziKhuselekileyo (oludluliselwa ukusuka ku-13/14)

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengebhunga elongameleyo, elibonelela ngokongamela okuzimeleyo kwezolawulo, kulawulo lwelahleko nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe leMfundo, ezibandakanya imisebenzi eluxanduva olunxulumene nokulandelayo:

- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaphakathi;
- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaphandle (nguMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika - AGSA);
- UCwangciso-mali kwanokunika ingxelo yeSebe leMfundo;
- Imigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali yeSebe leMfundo;
- Ukuhlaziywa (review) kolawulo lweAGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- Ukuhlaziywa kokuBekwa eSweni kweSebe Phakathi enyakeni;
- Ulawulo lwemiNgcipheko yeSebe;
- ULawulo lwaNgaphakathi;
- IiNjongo ebeziMiselwe kwaNgaphambili;
- Imisebenzi yophando malunga nolawulo nosetyenziso lwemali kakuhle kunye nophando ngokusetyenziswa gwenxa kwemali (Ethics and forensic investigations).

Le theyibhile ilapha ngezantsi ichaza ingcaciso echaphazela amalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	IziQinisekiso zeMfundo	Ngowanga-phakathi okanye ngowanga-phandle	Ukuba ngowangaphakathi, isikhundla sakhe apha kwisebe	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso aye kuzo
Mnu. Ronnie Kingwill	CA(SA); CTA; BCom	Ngowanga-phandle	Asikho	1/1/2014	Awukho	8
Njing Estian Calitz	DCom (Economics); BCom (Honours) (Econometrics); MCom (Economics); BCom (Honours) (Economics); BCom	Ngowanga-phandle	Asikho	1/1/2013	Awukho	8
Nkosk Zulpha Abrams	CA(SA) & FIA SA, CIA	Ngowanga-phandle	Asikho	7/4/2014	Awukho	7
Mnu Linda Nene	BComm (Acc); Post Grad Diploma in Management – Corporate Governance; CCSA; CRMA; CCP; FIA SA	Ngowanga-phandle	Asikho	1/4/2014 (okwesibini)	Awukho	8
Mnu Luzuko Mdunyelwa	Masters degree in Philosophy; Diploma: Project Management; Masters degree in Public Administration; Public Administration (Honours)	Ngowanga-phandle	Asikho	1/10/2011	30/9/2014	2
Nkosk Rozan Jaffha	CA (SA); CIA	Ngowangaphandle	Asikho	1/10/2014	Awukho	2

12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Sinenyhwaba yokunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngowama-31 kuMatshi ka-2014.

UXanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ichaza ukuba iye yathobela imisebenzi eluxanduva lwayo esusela kwiSiquendu 38(1)(a)(ii) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act) noMmiselo weSebe likaNondyabo 3.1.13 IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivume ngokusemthethweni imimiselo eqingqiweyo yokusebenza njengemimiselo yokusebenza (Terms of Reference), iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana nale mimiselo kwaye iyenze yonke imisebenzi yayo njengoko ibhaliweyo apha ngaphakathi.

UkuSebenza ngeMpumelelo koLawulo lwangaPhakathi

Siye sahlola iziphumo zomsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, ebezisekelwe kuhlobo lwemingcipheko oluqhutywe lisebe.

Ezi ziqinisekiso zokwenza (assurance engagements) zilandelayo ziye zavunywa kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi luka-2014/15:

- UPuhliso lweMfundo yabasaQalayo: Izibonelelo zenkxaso
- Imisebenzi yabaLawuli bokuThengwa kweMpahla neeNkonzo Ukuthengwa kwempahla neenkonzo ezingaphantsi kwe-R30000
- Imisebenzi yabaLawuli bokuThengwa kweMpahla neeNkonzo UKwenziwa nokuLawulwa kweKhontrakthi

Le ndibano yeengcebiso (consulting engagement) ivunyiwe kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi luka-2014/2015

- Izikim zoThutho lwaBafundi

Esi siqinisekiso sokusebenza (assurance engagement) silandelayo sidluliselwe ukusuka kwisicwangciso sika-2013/2014 yaye sigqitywa kulo nyaka uqhubayo:

- Ulawulo lwezikolo ezikhuselekileyo

Isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaPhakathi sigqitywe esalo nyaka.

AbaLawuli bazivumile inkalo ezifuna uphuculo, njengoko ziphawulwe luPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi ngethuba lokuqhuba kwabo umsebenzi wabo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi isaqhuba nokubeka esweni ukuqhutywa kwemisebenzi ekuvunyelenweyo ngayo ukuba yenzeke ngokuqhubekayo.

Ulawulo lwaPhakathi enyakeni neNngxelo yeNyanga/yeKota

ISebe leMfundo linike ingxelo yenyanga neyekota kuNondyebo njengoko kufunwayo yiPFMA.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlolile yaye yanelisekile kokubhaliweyo nangumgangatho weengxelo zekota zemali nezentsebenzo ezicwangcisiweyo zaza zakhutshwa liGosa loCwangciso-mali leSebe leMfundo kunyaka ophantsi kwengqwalaselo

UkuHlolwa kwamaXwebhu eNngxelo-mali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iye:

- uahlola yaza yaxoxa neGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele malunga namaxwebhu engxelo-mali yonyaka anikwe kwingxelo yonyaka;
- yahlola ingxelo yolawulo yoMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neempendulo zabalawuli malunga nayo;

- yacinga malunga notshintsho kwimigaqo-nkqubo yolawulo losetyenziso lwemali kunye neenkqubo, apho kufanelekileyo yanika ingxelo malunga noku kumaxwebhu engxelo-mali yonyaka;
- yaqwalasela iinkqubo zeSebe leMfundo isenzela ukuqinisekisa ngokuhambelana nemigaqo yemithetho nemimiselo;
- yahlola ingcaciso yeenjongo esekugqitywe ngazo ngaphambili njengoko kuchaziweyo kwingxelo yonyaka;
- yahlola izilungiso malunga nokubhaliweyo (material adjustments) olususela kuphicotho-zincwadi lweSebe (apho kuyimfuneko);
- Ukuhlola amaxwebhu eengxelo-mali zethutyana (interim financial statements) ezinikwa liSebe izezeenyanga ezintandathu eziphela ngowama-30 kuSeptemba ka-2014.

Uphicotho-zincwadi lwangaPhakathi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isaxhalatyiswa kukungoneli kwezixhobo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi lokuqinisekisa malunga nokuchatshazelwa kwazo zonke iinkalo ezisemngciphekweni ophezulu.

Indlela yoqinisekiso oludibeneyo esandula kuvunywa iza kuqhuba nokusetyenziswa ukwenzela ukuba izixhobo ezimbalwa zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zigxile ngokuyimpumelelo kwezona nkalo zisemngciphekweni zifanelekileyo.

UkuLawulwa lwemiNgcipheko

ISebe leMfundo lithathe uxanduva olupheleleyo nobunini bokuphunyezwa kwemethodoloji nomsebenzi wolawulo lwemiNgcipheko kwiZiko liPhela (Enterprise-wide Risk Management) (ERM) kwaye le nkqubo ihlolwa qho ngekota yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

Sisihlolile isicwangciso sesebe sokuphunyezwa kwemiba yophicotho-zincwadi eveliswe kulo nyaka uphelileyo yaye sanelisekile kukuba le miba ifezekisiwe ngokwendlela exelwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iye yadibana noMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neSebe ukwenzela ukuqinisekisa ukuba akukho miba ingalungiswanga ebivele kuphicotho-zincwadi olwenziwe ngokulandela imimiselo (regulatory audit).

IKomithi yoPhicotho-zincwadi iyavumelana noku yaye iyazivuma iziphumo zoMphicothi-zincwadi Jikelele kumaxwebhu engxelo-mali yonyaka, yaye inoluvo lokuba la maxwebhu engxelo-mali yonyaka aphicothiweyo makamkelwe aze afundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi jikelele.

Umbulelo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ingathanda ukuvakalisa umbulelo wayo kuBaphathi beSebe leMfundo, kuMphicothi-zincwadi Jikelele, ISetyana loQinisekiso loMgangatho weZiko (Corporate Assurance Branch) ngentsebenziswano yabo kunye neenkukacha abazinikileyo ukwenzela ukuba sikwazi ukuqulunqa le ngxelo.



Ronnie Kingwill
USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi
yeSebe leMfundo: URhulumente weNtshona Koloni
11 Agasti 2015



**ICandelo D
ULawulo kwiCandelo
lezaBasebenzi**

1. IMithetho eLawula uLawulo lwe-HR

Le ngcaciso inikwe kweli candelo imiselwe yiMimiselo yeeNkonzo zikaRhulumente (Public Service Regulations) (iSahluko 1, iCandelo III J.3 no-J.4).

UMthetho wemiQathango esiSiseko yeNgqesho (Basic Conditions of Employment Act), 1997 (uMthetho wama-75 ka-1997),

UMthetho wobuDlelwane phakathi kwabaQeshi nabaSebenzi (Labour Relations Act), 1995 (uMthetho wama-66 ka-1995),

UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Equity Act), 1998 (uMthetho wama-55 ka-1998)

UMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (Occupational Health and Safety Act), 1993 (uMthetho wama-85 ka-1993),

UMthetho wokuBuyekezwa ngeeNgozi nokuSuleleka ziZifo eMsebenzini (Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act), 1993 (uMthetho we-130 ka-1993),

UMthetho wezoMhlala-phantsi waBasebenzi bakaRhulumente (Government Employees Pension Law), 1996 (isiBhengezo sama-21 sika-1996),

UMthetho wezeNgqesho yooTitshala (Employment of Educators Act), 1998, (UMthetho wama-76 ka-1998),

UMthetho weeNkonzo zikaRhulumente (Public Service Act), 1994 (IsiBhengezo se-103 sika-1994), kunye

noMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho we-108 ka-1996),

UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Equity Act), 1998 (uMthetho wama-55 ka-1998)

UMthetho wokuKhuthaza ukulingana nokuThintela uCalulo oLunomkhethe (Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act), 2000 (uMthetho wesi-4 ka-2000),

UMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi (Promotion of Access to Information Act), 2000 (uMthetho wesi-2 ka-2000),

UMthetho wokuKhuthaza uBulungisa kwezoLawulo (Promotion of Administrative Justice Act), 2000 (uMthetho wesi-3 ka-2000).

2. INtshayelelo

Isishwankathelo semiba yokuLawulwa kwaBantu kwiSebe leMfundo

Ulawulo lwezithuba ezinokwabelwa ootishala kwisebe (affordable educator basket) kweli sebe ngumba obaluleke kakhulu kwimpumelelo yemfundo ezikolweni. Emva kwenkqubo yothethwano olunzulileyo, isebe liye lakhupha ezinye izithuba ezingama-676 zonyaka wokufunda ka-2015, ligxininisa ekuphuculweni komyinge wabafundi/notitshala kwisiGaba esisisiSeko. Kuthathwe amanyathelo okuqinisekisa ukuba umyinge wootitshala/nabantwana ongu-1: 36 ezikolweni zaseprayimari kunye nongu-1:34 kwizikolo eziphakamileyo.

ISebe liphinde lenyusa inani lootitshala abasisigxina, ngokwenjalo linika uzinzo olukhulu apha kwisebe. Isebe lemfundo kwakhona lizibandakanye kwisicwangciso esinenjongo esigxininisa ekusasazweni kootitshala abagqithisileyo kumlinganiselo wezikolo, nto leyo ikhokelele ekucuthweni kootitshala abali-156 abagqithisileyo kumlinganiselo wezikolo kunyaka-mali ka-2014/15, ngokwenjalo liqinisekisa ukuba kungadalwa izithuba zootitshala abaza kunikwa izikolo ebezisoloko zibadinga kakhulu.

ISebe linike izintlu ezintathu zezithuba zootitshala kunyaka wesikolo ka-2014, ngokunjalo nezintlu ezikhethekileyo ezifuneka ngamandla zezikhundla zeenqununu.

Imiba ephambili yoLawulo lwaBantu kunyaka ohlolwayo kunye nefuthe lale miba iphambili

1. Ubunkokheli nolawulo lwesikolo:

Ngo-2014 kuye kwaniqwa ingqwalasela eyodwa kwizibhengezo nokuqeshwa kwamaSekela-Nqununu kunye neeNqununu. Ezi zithuba zibhengezwe kuluhlu ngalunye lwezintlu zezithuba zengqesho nakwizintlu ezikhethekileyo zezithuba zengqesho kwaze yaye bezikuluhlu olubekwa phambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuhamba kwakuhle kwenkqubo yokufakwa kwezicelo. Oku kunciphise amathuba athathwe ngootitshala kwizithuba zokubambela, kwanciphisa ukusetyenziswa kwabasebenzi bethutyana, kwafaka igxalaba nakuzinzo lwezikolo.

Ziye zomelezwa iikhrayitheriya zokuqesha kunye nenkqubo yokuqeshwa kweenqununu. Isixhobo soHlolo oluSekelwe kwiZakhono (Competency-Based Assessment) (CBA) sinikwe abalingwa (candidates) abali-104 ukwenzela ekukhankasweni kweeNqununu ngo-2014/15. INgxelo enikwe abantu abafake izicelo ikwancede ekwenziweni kweziCwangciso ezisekelwe kulwazi zokuziPhuhlisa zomntu ngamnye, zisenzelwa iinqununu ezisandula kuqeshwa.

2. Ukunciphisa inani lootitshala bethutyana:

Isebe liqeshe ootitshala abangama-2 134 ngokusisigxina ukususela ngowoku-1 kuJanyuwari ka-2015.

3. Ukuncitshiswa kwenani labasebenzi abakwikhefu elongezelelweyo:

Le nto iye yabekwa phambili ukwenzela ukuhlisa uxinzelelo lwezemali apha kwisebe nokuqinisekisa ukuba abafundi bayaxhamla ekufundisweni ngendlela eyiyo kunye neemeko zokufunda ezizizo. ISebe iWCED lilawula uMgaqo-nkqubo weKhefu lokuNgakwazi kusebenza noMhlala-phantsi othathelwa iMpilo enkenenkene (Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement) (PILIR) ngokuqinisekisa ukuba eli khefu linikwa kuphela abo bafanelekileyo kulo, yaye akukho kulibaziseka kungeyomfuneko ekuhloleni ukufaneleka kwekhefu okanye akukho zintlawulo zingaphezulu zinikwa abo bangafanelekanga kweli khefu. Ukuqhutywa kwangoko kwamatyala nako kuye kwancedisa ekubuyiseni uzinzo ezikolweni nasekwandisweni komgangatho wokufunda.

Ukucwangciselwa kwabasebenzi kunye nezicwangciso-nkqubo eziphambili zokunika umdla nokukhankasela abasebenzi abanezakhono nabawaziyo umsebenzi

Isebe lisebenzise iinkonzo kunye nobukho babathweswe izidanga befundiswe yiBhasari iFunza Lushaka elungiselelwa liSebe likaZwelonke leMfundo esisiSeko. Ngethuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuDisemba ka-2014, ngama-403 (72%) afakwe ezikolweni ngempumelelo kwabo bafumene ibhasari iFunza Lushaka abangama-559 baka-2013. Ngethuba elisuka kowoku-1 kuJanyuwari ka-2015 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015 ngama-507 (66.7%) afakwe ezikolweni ngempumelelo kwizithuba zootitshala, kwabo bafumene ibhasari iFunza Lushaka abangama-760 baka-2013. Abanye abafikayo banikwe amathuba alinganayo engqesho esisigxina njengootitshala.

Emva kokuzaliswa kwezithuba zabalawuli abaphezulu, isebe ligxininise kwizigqibo zohlolo olusekelwe kwizakhona (competency based assessment) oluye lwagqitywa ngabafumene aphezulu kwabo bebandakanyeka.

Umgaqo-sikhokelo wolawulo lwentsebenzo yabasebenzi

Isebe lemfundo lamkele laza lathobela imigaqo-nkqubo emiselweyo ngokunxulumene nolawulo lwentsebenzo laza laqinisekisa ukuba bonke ootitshala, abasebenzi, abangootitshala kwakunye nabasebenzi benkonzo karhulumente bakwazi kakuhle okulindelwe nguMqeshi Ngelixa abagqwesileyo ngentsebenzo bewongwa ngeebhonasi zentsebenzo, abangaqhubi kakuhle bayanyanzeleka ukuba bangene kwiinkqubo zokuziphucula.

Iiprogram zentlalo-ntle (wellness) yabasebenzi

Umniki-nkonzo wangaphandle unike inkonzo ngokumalunga noRhulumente wePhondo leNtshona Koloni.

Le program inika inkxaso eqhubelekayo ngokunxulumene neemfuno zengqondo, ezeemvakalelo neemfuno zeendlela zokuphila zabasebenzi (lifestyle needs). Yiprogram egxininisa, phakathi kwezinye izinto, kwiHIV neAIDS, isitresi, ulawulo lwemali, ubudlelwane (relationships), ezomthetho, imicimbi yasekhaya, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi neengcebiso ezinikwa emva kokwehlelwa sisenzo esothusayo (trauma debriefing). Le program kwakhona isingatha imiba yezempilo nentlalo-ntle yabasebenzi (health and wellness of employees) ngokusebenzisa iiNtsuku zoKwazisa ngeMpilo Qete yaBasebenzi (Employee Health and Wellness Awareness Days). Injongo yezi ntsuku kukukhuthaza iindlela zokuphila ezisempilweni nokwazisa ngeenkono ezinikwa abasebenzi liSebe iWCED. Ngaphezulu, amaPhulo okuKhuthaza iMpilo (Health Promotion Awareness) ayenzeka kwiintsuku eziphawulwe kwiKhalenda yeMpilo yeSebe lezeMpilo. Isebe iWCED belisingathe amaphulo ali-19 eeNtsuku zokuKhuthaza iMpilo neNtlalo-ntle yaBasebenzi (Health and Wellness Awareness Days) laza lanika ulwazi ngokulungiselela iiseshoni ezingama-20 zamaphulo enkxaso yasesidlangalaleni (20 advocacy sessions) kwiprogram yentlalontle yabasebenzi enikwe abasebenzi beSebe iWCED ngeli thuba lokunika ingxelo, kwaza kwandikwa inkxaso nakubasebenzi abangama-507 ngethuba leeseshoni ezingama-40 zeeNgccebiso ezinikwa emva kokwehlelwa sisenzo esothusayo (Trauma Debriefing sessions).

limpumelelo nemingeni

Isebe lemfundo linike ngamanani ezithuba ezabelwe zonke izikolo ngo-2015 phambi kokuphela kukaAgasti ka-2014. Oku kwenze ukuba izikolo ziqale ngexesha ucwangciso lwazo oko zikwenzela u-2015 zaza kwakhona zadala ithuba elaneleyo ezikolweni lokucela ukuba kubekho izithuba ezingaphezulu apho oko kuthathwe njengokuyimfuneko. Izithuba ezabelwe izikolo ngo-2015 bezisekelwe kumanani abafundi aqinisekisiweyo omhla wama-31 kuJulayi ka-2014.

Isistim yokugaya abasebenzi ngeintanethi (e-Recruitment system) ("Sikhangela oomakhwekhwetha") ("Recruiting the best") iye yaqhutywa ukususela ngoJanyuware ka-2013. Le sistim ivumela ukuba bonke ootitshala, kuquka nabatsha abasandula kuthwesa izidanga, ukuba bazalise iiprofayile zabo apha kwisistim baze basebenzise eli qonga ukufaka izicelo kwi-intanethi xa kukho izithuba ezibhengeziweyo. Le sistim ize nogqibelelo olukhulu ekulawulweni kwezicelo zomsebenzi. Zonke izithuba ebezingenamntu ngo-2014/15 ziye zapapashwa ngesistim yeintanethi (on-line system). Xa kungoku bangama-37 091 abasebenzisi abasele bebhalisile kule sistim yaye bangam-21 470 abasebenzisi abazigcwalisileyo iiprofayile zabo kwisistim.

ISebe iWCED lisebenzise isistim yokuLungiselela umHlala-phantsi eyenziwa kwi-intanethi (Pensions e-Channeling system ukususela ngo-2013. Le sistim ivumela ukutsalwa (withdrawal) kweemali zomhlala-phantsi kusetyenziswa i-intanethi ngabo baxhamlayo yaye le nto iye yalinciphisa kakhulu ithuba elilindwayo lokuhlawula kwesi siboneleyo.

ISebe iWCED liqinisa unxibelelwano ukuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi abafumana imbuyekezo ngokusebenza ngaphandle kwakwarhulumente baqala bafake isicelo sokuvunyelwa.

Ngoncedo loPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, isebe liye lenza uMgaqo-sikhokelo wamaQela aChaphazelekayo (Stakeholder Framework) yokuphucula ubuhlelwane bomsebenzi kunye namaqela achaphazelekayo angaphandle afana neemanyano (unions), iqumrhu leenqununu (principals' forum) kunye nemibutho yeebhodi ezilawula izikolo (school governing body associations).

Izicwangciso/iinjongo zeXesha elizayo zokuLawula aBantu

Ukuqaliswa kwesistim ye-e-Recruitment ukusingatha izithuba zomsebenzi zootitshala abasezifisini kwanezabasebenzi beenkonzo zikarhulumente.

Ukuveliswa komba wokufakwa kwezicelo zomsebenzi kwi-intanethi (online applications) okwenziwa ngootitshala abakumaziko emfundo xa befuna ukuya ezikolweni.

Ukuboniswa kweenkcukacha (profiling) kwabo bonke ootitshala ngokwezifundo nezigaba abazifundeleyo kunye nangokwezifundo okanye izigaba abazifundisayo ukwenzela ukuchaphazela ucwangciselelo olululo lwabantu ukwenzela iimfuno zexesha elizayo zootitshala.

3. IiNkcukacha-manani eziPhosakeleyo zemiCimbi yoLawulo lwaBasebenzi

3.1 Inkcitho enxulumene nabasebenzi

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inkcitho yokugqibela enxulumene nabasebenzi ephicothiweyo ngokweprogram namacandelo emivuzo. Zicacisa ngokukodwa oku kulandelayo:

- Isixa esichithwe kubasebenzi
- Isixa esichithwe kwimivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi (overtime), izibonelelo zokuthenga izindlu (homeowners' allowances) kunye ne-medical aid.

IProgram	Ekujoliswe kuko yile Program
IProgram 1	Ezolawulo
IProgram 2	IMfundo yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo
IProgram 3	IMfundo yeZikolo eziZimeleyo
IProgram 4	IMfundo yeZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa
IProgram 5	Iikholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo
IProgram 6	IMfundo noQeqesho olusisiSeko lwabaDala
IProgram 7	UPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo
IProgram 8	Uphuculo lweziseko zophuhliso
IProgram 9	Iinkonzo eziNcedisayo neenkonzo eziNxulumene nazo

ITheyibhile 3.1.1 Inkcitho yezabasebenzi ngokweprogram kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

IProgram	Inkcitho ephileleyo (R'000)	Inkcitho yezabasebenzi (R'000)	Inkcitho yezoqeqesho (R'000)	Inkcitho yeenkonzo zootitshala neenkonzo ezizodwa	Inkcitho yezabasebenzi njenge-% yenkcitho ephileleyo	Iindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labaSebenzi
IProgram 1	661 462	325 955	1 259	244 834	1.92	375.52	868
IProgram 2	12 156 510	10 368 302	26 579	754 850	60.99	394.81	35 169
IProgram 3	89 845	0	0	0	0	0	0
IProgram 4	973 642	799 583	0	25 408	4.7	284.85	2 807
IProgram 5	377 865	292 358	0	0	1.72	0	*****0
IProgram 6	34 633	*1 770	0	924	0.01	0	*****0
		**757	0		0.03	0	
IProgram 7	511 778	6 961	0	59 350	0.36	375.52	165
IProgram 8	1 439 491	6 779	0	257 148	0	484.21	14

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
ePhondo leNtshona Koloni

IProgram	Inkcitho epheleleyo (R'000)	Inkcitho yezabasebenzi (R'000)	Inkcitho yezozoqesho (R'000)	Inkcitho yeenkonzo zootitshala neenkonzo ezizodwa	Inkcitho yezabasebenzi njenge-% yenkcitho epheleleyo	Iindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi
IProgram 9	755 870	***504 166	0	12 057	0.18	474.89	1 201
		****65 696	0		0.42		
Zizonke	17 001 096	11 918 627	27 838	1 354 571	70.33	2 389.8	40 224

INGcaciso:

* Inkcitho yezabasebenzi enxulumene neProgram 6 (iMfundo esisiSeko noQeqesho lwaBadala) eya kufikelela kwi-R1,770 yezigidi ibhekiselele kubasebenzi abasisigxina. Ngoko ke, iindleko eziphakathi zabasebenzi zibhekiselele kubasebenzi abaqeshwe isigxina kuphela.

** Isixa se-R0,757 yezigidi sibonisa isixa esinxulumene nenkcitho ephathelele kootitshala abaqeshelwe ukuba bafundise ngokweeyure kumaziko eABET.

*** Inkcitho yezabasebenzi enxulumene neProgram 9 (iNkonzo eziNcedisayo neNkonzo eziNxulumene nazo) efikelela kwi-R504,166 yezigidi, iphathelele kubasebenzi abaqeshwe isigxina. Ngoko ke, iindleko eziphakathi zabasebenzi zibhekiselele kubasebenzi abaqeshwe isigxina kuphela.

**** Isixa se-R65,696 sezigidi sibonisa isixa esimalunga nenkcitho kuBavi/kwiiModareyitha/kuBamakishi nakubasebenzi bethutyana benkxaso yezolawulo (administrative support) (bokunika inkxaso yeemviwo zeMatriki zika-2014 kwakunye nabasebenzi benkxaso enxulumene neHIV/AIDS).

***** Ezi nkcukacha zinikiweyo zangomhla wama-31 kuMatshi ka-2015, azibaquki abasebenzi abaqeshwe kwiProgram 5 (iMfundo noQeqesho oluQhubekayo) nakwiProgram 6 (UQeqesho lweMfundo yabaDala). Aba bafundi badluliselwe kuPersal (ngowama-26 kaMatshi ka-2015) ukusuka kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni ukuya kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho. Inani labasebenzi bezi program limi ngolu hlobo lulandelayo: IProgram 5 inabasebenzi abangama-905 ze i-Program 6 ibe nabasebenzi abasi-8.

ITheyibhile 3.1.2 Inkcitho yezabasebenzi kwimivuzo kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

Icandelo lomvuzo	Inkcitho yezabasebenzi (R'000)	I-% yeendleko ezipheleleyo zabasebenzi	Iindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi
Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	315 081	2.52	101.64	3 100
Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	775 059	6.21	158.66	4 885
Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	6 907 876	55.85	297.78	23 198
Abanezakhono eziphezulu zokusuphavyayiza (Inqanaba 9-12)	4 364 656	34.97	485.34	8 993
Abaphathi abaphazulu nabaPhathi beZiko (Inqanaba 13-16)	55 469	0.44	1155.60	##48
Bebonke	#12 481 141	100.00	310.29	40 224

INGcaciso:

Inkcitho yonke yezabasebenzi kwitheyibhile 3.1.1. no-3.1.2 iyahluka ngenxa yeetranzekshini ezithile ezenziwa ngqo kwiBAS

Inani elipheleleyo labasebenzi elibhalwe kwitheyibhile 3.1.1 no-3.1.2 apha ngasentla liquka abasebenzi beenkonzo zikarhulumente kunye nooitshala. Inani labasebenzi abakwinqanaba lomvuzo 13 – 16 libandakanya amaGosa esiGqeba soLawulo abaqeshwe kwiiKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo

Ezi theyibhile zilandelayo zinika isishwankathelo seprogram nganye (itheyibhile 3.1.3) namacandelo emivuzo (itheyibhile 3.1.4) yenkcitho ekungenwe kuyo ngenxa yemivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi (overtime), izibonelelo zokuthenga izindlu (housing allowance) noncedo lwezonyango (medical assistance). Kwimeko nganye, itheyibhile ibonisa iphesenteji yebhajethi yabasebenzi yezi zinto.

ItheYibhile 3.1.3 Imivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi, isibonelelo sokuThenga izindlu ne-Medical Aid ngokweprogram yethuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

IProgram	Imivuzo		Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi		Isibonelelo sokuThenga iNdlu		I-Medical Aid	
	Isixa (R'000)	Imivuzo njenge-% yeendleko zabasebenzi	Isixa (R'000)	Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi njenge-% yeendleko zabasebenzi	Isixa (R'000)	I-HOA njenge-% yeendleko zabasebenzi	Isixa (R'000)	I-medical aid njenge-% yeendleko zabasebenzi
IProgram 1	235 340	2.19	5 166	0.05	7 489	0.07	12 583	0.12
IProgram 2	7 851 396	72.91	74	0.00	218 618	2.03	398 229	3.70
IProgram 4	0	0.00	0	0.00	0	0.16	0	0.28
IProgram 5	577 264	5.36	103	0.00	17 538	0.06	30 003	0.10
IProgram 6	222 011	2.06	0	0.00	6 042	0.00	11 272	0.00
IProgram 7	1 357	0.01	0	0.00	54	0.01	36	0.00
IProgram 8	47 461	0.44	0	0.00	950	0.00	2 256	0.02
IProgram 9	4 262	0.04	0	0.00	10	0.09	3	0.00
Zizonke	392 542	3.65	2 691	0.02	9 383	0.09	16 584	0.15

ItheYibhile 3.1.4 Imivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi, isibonelelo sokuThenga izindlu ne-Medical Aid ngocandelo lomvuzo yethuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

Icandelo lomvuzo	Imivuzo		Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi		Isibonelelo sokuThenga iNdlu		I-Medical Aid	
	Isixa (R'000)	Imivuzo njenge-% yeendleko zabasebenzi	Isixa (R'000)	Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi njenge-% yeendleko zabasebenzi	Isixa (R'000)	I-HOA njenge-% yeendleko zabasebenzi	Isixa (R'000)	I-medical aid njenge-% yeendleko zabasebenzi
Abanezakhono (Inqanaba 1-2)	225 310	2.09	67	0.00	14 063	0.13	14 725	0.14
Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	554 085	5.15	2 454	0.02	30 971	0.29	42 528	0.39
Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	5 223 913	48.51	4 267	0.04	143 434	1.33	271 940	2.53
Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayi za (Inqanaba 9-12)	3 291 907	30.57	1 246	0.01	71 434	0.66	141 087	1.31
Abaphathi abaphezulu nabaphathi beziko (Inqanaba 13-16)	36 418	0.34	0	0.00	182	0.00	686	0.01
Inani lilonke	9 331 633	86.66	8 034	0.07	260 084	2.42	470 966	4.37

3.1 Ingqesho neZithuba zomsebenzi

Ezi theyibhile zikweli candelo zishwankathela isikhundla malunga nengqesho kwanezithuba zika-2014/15.

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathel inani lezithuba ezabelwe iziko, inani labasebenzi, ipesenti yezithuba ezingenabantu, kwanokuba ngaba bakhona na abasebenzi abangaphezulu kwinani labaqeshwe ababelwe iziko.

Le ngcaciso inikwa ngeendlela ezimbini ezahlukeneyo eziphambili:

- iprogram (itheyibhile 3.2.1) kunye
- necandelo lomvuzo (itheyibhile 3.2.2).

Itheyibhile 3.2.1 Ingqesho nezithuba ngokweprogram ukususela ngowama-31 kuMatshi ka-2015

Iqela labasebenzi	IProgram	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngamali	Inani leziThuba ekuQeshiweyo kuzo	I-% yeReyithi yezithuba	Inani labantu abagqithisileyo kwababelwe ukuqeshwa kwiziko	Inani elipheleleyo labasebenzi
Bonke abasebenzi	IProgram 1	943	41	853	9.54	15	868
	IProgram 2	35 028	89	34 941	0.25	228	35 169
	IProgram 4	2 920	8	2 785	4.62	22	2 807
	IProgram 5	0	0	0	0	0	0
	IProgram 6	0	0	0	0	0	0
	IProgram 7	15	0	165	0	0	165
	IProgram 8	0	0	14	0	0	14
	IProgram 9	1,297	37	1 178	9.18	23	1,201
	Inani lilonke	40 203	175	39 936	0.66	288	40 224
Ootitshala	IProgram 1	110	4	111	0.00	7	118
	IProgram 2	28 784	1	28 869	0.00	113	28 982
	IProgram 4	1 837	0	1 830	0.38	12	1 842
	IProgram 5	0	0	0	0.00	0	0
	IProgram 6	0	0	0	0.00	0	0
	IProgram 7	15	0	165**	0.00	0	165
	IProgram 8	0	0	1	0.00	0	1
	IProgram 9	655	5	614	6.26	14	628
	Inani lilonke	31 401	10	31 590	0.00	146	31 736
ABasebenzi beNkonzo zikaRhulumente	IProgram 1	833	37	742	10.92	8	750
	IProgram 2	6 244	88	6 072	2.75	115	6 187
	IProgram 4	1 083	2	955	11.82	10	965
	IProgram 5	0	0	0	0.00	0	0
	IProgram 6	0	0	0	0.00	0	0
	IProgram 7	0	0	0	0.00	0	0
	IProgram 8	0	0	13	0.00	0	13
	IProgram 9	642	32	564	12.15	9	573
	Inani lilonke	8 802	165	8 346	5.18	142	8 488

INGcaciso:

* Kwimeko yootitshala abagqithisileyo kwinani elabelwe ukuqeshwa kwiziko, kubhalwe amanani kuphela abo fitshala ababeqatshelwe ngokufanelekileyo njengabagqithisileyo ngokwesivumelwano esiphakathi komqeshi nomqeshwa.

**IProgram 7: Izithuba zootitshala: bepri-prayimari ziyapheliswa nje ukuba kungabikho bantu baqeshwayo kuzo. ISebe iWCED lamkele ngokusemthethweni umgaqo-nkqubo ezithi ngawo iimali ezinxulumene nezithuba ezishiywe ngabantu endaweni zazo kungena intlawulo yenkxaso-mali (subsidy payment) kwiinzame zokudala amaziko okufunda amaninzi abafundi boPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo (Early Childhood Development). Ootitshala abali-165 abakwiprogram 7 ngaBasebenzi bePri-prayimari. Aba basebenzi bahlawulwa kwizithuba ezigqithisileyo kwezo zabelwe ukuqeshwa kwiziko.

Inani lezithuba ezinxulumene nootitshala alithethi ukuba iziko elo lona linootitshala abambalwa kunenani lootitshala elinelungelo lokulifumana. Libonisa kuphela ukuba izithuba zootitshala azizaliswanga isigxina. Kwimeko nganye apho isithuba singazaliswanga isigxina, kwenziwa ingqesho yekhontrakhi ukuqinisekisa ukuba onke amaziko emfundo axhobe ngokwaneleyo.

Itheyibhile 3.2.2 Ingqesho nezithuba ngokwecandelo lomvuzo ukususela ngowama-31 kuMatshi ka-2015

Iqela labasebenzi	Icandelo lomvuzo	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngamali	Inani lezithuba ekuQeshiweyo kuzo	I-% yeReyithi yezithuba	Inani labantu abaqatshisweyo kwababelwe ukuqeshwa kwiziko	Inani elipheleleyo labasebenzi
Bonke abasebenzi	Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	3 259	73	3 257	0.06	35	3 292
	Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	4 108	43	3 770	14.92	63	4 614
	Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	28 712	37	29 211	11.13	37	28 472
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza (Inqanaba 9-12)	4 079	22	3 654	12.61	12	3 798
	Abaphathi abaphezulu nabaphathi beziko (Inqanaba 13-16)	45	0	46	0	2	48
	Inani lilonke	40 203	175	39 936	5.18	142	40 224
Ootitshala	Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	0	0	0	0.00	0.00	0
	Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	0	0	0	6.69	0.00	781*
	Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	27 560	0	28 146	3.58	0.00	27 370
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza (Inqanaba 9-12)	3 841	10	3 444	0.00	7.00	3 585
	Abaphathi abaphezulu nabaphathi beziko (Inqanaba 13-16)	0	0	0	0.00	0.00	0
	Inani lilonke	31 401	10	31 590	0.00	0.00	31,736
ABasebenzi beNkonzo zikaRhulumente	Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	3,259	73	3,257	0.06	35	3,292
	Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	4,108	43	3,770	8.23	63	3 833
	Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	1 152	37	1 065	7.55	37	1 102
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza (Inqanaba 9-12)	238	12	210	12.61	5	213
	Abaphathi abaphezulu nabaphathi beziko (Inqanaba 13-16)	45	0	46	0.00	2	48
	Inani lilonke	8,802	165	8,346	5.18	142	8,488

INGcaciso:

* Ngokumalunga namaziko emfundo, inani lezithuba ezinxulumene nootitshala alithethi ukuba iziko elo linootitshala abambalwa kunenani lootitshala elinelungelo lalo. Libonisa kuphela ukuba izithuba zootitshala azizaliswanga isigxina. Kwimeko nganye apho isithuba singazaliswanga isigxina, kwenziwa ingqesho yekhontrakhi ukuqinisekisa ukuba onke amaziko emfundo anenani lootitshala anelungelo lalo.

* Zonke izithuba zootitshala zenzelwe ootitshala abaneziqinisekiso zoqeqesho zemfundo ezipheleleyo (ubuncinane iMatriki neminyaka eyi-3 yoqeqesho) kumlinganiselo osezantsi wamanqanaba emivuzo 6-7. ISebe iWCED linabo ootitshala abathile abaneziqinisekiso zamabanga emfundo ezingaphelelanga kwisistim. Aba ngootitshala abangama-785 abahlawulwa imivuzo kumanqanaba omvuzo 3-5 kuba bengaziphumezi iimfuno zezithuba ezingumlinganiselo osezantsi ukuba mazihlawulwe kumanqanaba omvuzo 6-7. Aba tiitshala bonke baqeshwe ngokunxulumene nezithuba ezivunyiweyo kwicandelo lomvuzo 6-8 kule theyibhile.

Itheyibhile 3.2.3 Ingcaciso nezithuba ngokwamakhono omsebenzi abaluleke kakhulu ukususela ngowama-31 kuMatshi ka-2015

Ikhono lomsebenzi elibalulekileyo	Inani lezithuba ezabelwe elo ziko	Inani lezithuba ekuqeshiweyo kuzo	IReyithi yeziThuba	Inani labasebenzi abagqithisiweyo kwababelwe ukuqeshwa kwiziko
Alikho	Alikho	Alikho	Ayikho	Alikho
Inani lilonke	Alikho	Alikho	Ayikho	Alikho

INGcaciso:
 * Ucazululo lweCORE, njengoko lumiselweyo yiDPSA, malusetyenziselwe ukuzaliswa kwale theyibhile.
 * Amakhondo omsebenzi abaluleke kakhulu achazwa njengemisebenzi okanye amacandelwana afumaneka kwikhondo lomsebenzi lowo
 (a) apho kukho ukunqongophala kwabantu abaneziqinisekiso zamabanga emfundo nabanamava ngoku okanye abalindelekileyo kwixesha elizayo, mhlawumbi ngenxa yokuba abo bantu banezakhono nabanobuchule abafumaneki okanye bayafumaneka kodwa abazilungelanga iikhrayitheriya zengqesho ezichaphazelekayo.
 (b) apho abantu bafuna ulwazi olunzulu kwinkalo yesifundo ethile okanye kwisayensi okanye kwicandelo lesifundo kwaye olo lwazi lufumaneka ngokulandelwa kwenkqubo okanye izifundo ezithatha ixesha elide kunye/okanye ukufundiswa okukodwa
 (c) (c) apho ubume bentsusa bekhondo lomsebenzi bufuna ukusetyenziswa okokoko kwengqiqo yothile kwaye ubukhulu becala bufuna ukusetyenziswa kwengqondo ngokobume bawo; nelithi isebe lemfundo lifumane ubunzima kakhulu ukugaya okanye ukuzigcina lingaphulukani neenkonzo zabasebenzi.

3.3 UkuZaliswa kweziThuba zeSMS

Itheyibhile ezikweli candela zinika ingcaciso ngengqesho nezithuba njengoko ziphathelele kumalungu eNkonzo yaBaphathi abaPhezulu (Senior Management Service) ngokwenqanaba lomvuzo. Ikwandisa ingcaciso ngokupapashwa nokuzaliswa kwezithuba zeSMS, izizathu zokungathotyelwa kwemimiselo yexesha elisikiweyo kwanamanyathelo oluleko athathiweyo.

Itheyibhile 3.3.1 Ingcaciso ngezithuba zeSMS ukususela ngowama-31 kuMatshi ka-2015

Inqanaba leSMS	Inani lezithuba zeSMS ngokwenqanaba ngalinye		Inani lezithuba zeSMS ekuqeshiweyo kuzo ngokwenqanaba ngalinye	I-% yezithuba zeSMS ekuqeshiweyo kuzo ngokwenqanaba ngalinye	Inani lezithuba zeSMS ekungaqeshwanga kuzo ngokwenqanaba ngalinye	I-% yezithuba zeSMS ekungaqeshwanga kuzo ngokwenqanaba ngalinye
	Ezixhaswa ngemali	Ezingaxhaswa ngemali				
UMphathi-Jikelele/iNtloko yeSebe leMfundo	1	0	1	100.00	0	0.00
Inqanaba lomvuzo 16, kodwa ingenguwo oweHOD	0	0	0	0.00	0	0.00
Inqanaba lomvuzo 15	4	0	4	100.00	0	0.00
Inqanaba lomvuzo 14	8	0	7	87.50	1	33.33
Inqanaba lomvuzo 13	32	0	32	100.00	2	66.66
Inani lilonke	45	0	44	97.78	3	100.00

INGcaciso:
 * Amabini (2) kumalungu eSMS ahlawulwa kubasebenzi abagqithisiweyo kwababelwe ukuqeshwa kwiSebe iWCED kwakunye nomntu om-1 olilungu leSMS kwi-Ofisi yoMphathiswa weMfundo eNtshona Koloni.
 * Inani labasebenzi abakwiTheyibhile 3.3.1 abamqaki omnye (1) uMphathi oyiNtloko: liKholeji zeFET (SL14) kunye neeCEO ezintandathu (6) (SL13) eziphantsi kweeKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo. Aba bafundi badluliselwe kuPersal (ngowama-26 kaMatshi ka-2015) ukusuka kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni ukuya kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho.

Itheyibhile 3.3.2 Ingcaciso ngezithuba zeSMS ukususela ngowama-31 kuMatshi ka-2014

Inqanaba leSMS	Inani lezithuba zeSMS ngokwenqanaba ngalinye		Inani lezithuba zeSMS ekuqeshiweyo kuzo ngokwenqanaba ngalinye	I-% yezithuba zeSMS ekuqeshiweyo kuzo ngokwenqanaba ngalinye	Inani lezithuba zeSMS ekungaqeshwanga kuzo ngokwenqanaba ngalinye	I-% yezithuba zeSMS ekungaqeshwanga kuzo ngokwenqanaba ngalinye
	Ezixhaswa ngemali	Ezingaxhaswa ngamali				
UMphathi-Jikelele/iNtloko yeSebe leMfundo	1	0	1	100.00	0	0.00
Inqanaba lomvuzo 16, kodwa ingenguwo oweHOD	0	0	0	100.00	0	0.00
Inqanaba lomvuzo 15	4	0	4	100.00	0	0.00
Inqanaba lomvuzo 14	9	0	8	88.89	1	33.33
Inqanaba lomvuzo 13	38	0	38	100.00	2	66.66
Inani lilonke	52	0	51	98.08	3	100.00
INGcaciso: <ul style="list-style-type: none"> Amabini (2) kumalungu eSMS ahlawulwa kubasebenzi abagqithisileyo kwababelwe ukuqeshwa kwiSebe iWCED kwakunye nomntu om-1 olilungu leSMS kwi-Ofisi yoMphathiswa weMfundo eNtshona Koloni. Inani labasebenzi abakwiTheyibhile 3.3.1 abamquki omnye (1) uMphathi oyiNtloko: liKholeji zeFET (SL14) kunye neeCEO ezintandathu (6) (SL13) eziphantsi kweeKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo. Aba bafundi badluliselwe kuPersal (ngowama-26 kaMatshi ka-2015) ukusuka kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni ukuya kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho. 						

ITheyibhile 3.3.3 Inkcitho yezibhengezo nokuzaliswa kwezi zeeSMS kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

Inqanaba leSMS	Izibhengezo	UkuZaliswa kweZithuba	
	Inani leZithuba zeNqanaba ngalinye eziPapashwa kwiiNyanga ezi-6 emva kokuba ziNgenamntu	Inani leZithuba zeNqanaba ngalinye ekuQeshwa kuzo kwiiNyanga ezi-6 emva kokuba ziNgenamntu	Inani leZithuba zeNqanaba ngalinye ekuNgaqeshwanga kuzo kwiiNyanga ezi-6 kodwa kuQeshwe zingaphelanga iiNyanga ezili-12
UMphathi-Jikelele/iNtloko yeSebe leMfundo	0	0	0
Inqanaba lomvuzo 16, kodwa ingenguwo oweHOD	0	0	0
Inqanaba loMvuzo 15	0	0	0
Inqanaba loMvuzo 14	2	1	1
Inqanaba loMvuzo 13	3	3	0
Inani lilonke	5	4	1

Itheyibhile 3.3.4 Izizathu zokungathotyelwa kokuzaliswa kwezithuba ezixhaswa ngemali ezingenabantu zeSMS – Ukupapashwa zingadlulanga iinyanga ezi-6 nokuzaliswa zingadlulanga iinyanga eziyi-12 emva kokuba ziye azaba namntu kwithuba lowoku-1 kuEpreli ka-2014 nowama-31 Matshi 2015

Izizathu zokuba izithuba zingabi nakupapashwa kude kudlule iinyanga ezintandathu
Azikhho

Izizathu zokuba izithuba zingabi nakuzaliswa kude kudlule iinyanga ezintandathu
Azikhho

Qaphela:

* NgokweMimiselo yeNkonzo kaRhulumente iSahluko 1, iCandelo VII C.1A.3 (Public Service Regulations Chapter 1, Part VII C.1A.3) amasebe makachaze injongo okanye izizathu esisiso sokungalandeli ukuzaliswa kwezithuba zeSMS singadlulanga isikhokelo samaxesha amiselweyo.

Itheyibhile 3.3.5 Amanyathelo oluleko athathiweyo ngokungathotyelwa kwemigaqo-sikhokelo samaxesha amiselweyo ukuzalisa izithuba zeSMS zingadlulanga iinyanga eziyi-12 zithuba lowoku-1 kaEpreli ku2014 nowama-31 kuMatshi ka-2014

Amanyathelo oluleko athathiweyo ngokungathotyelwa kwemigaqo-sikhokelo samaxesha amiselweyo okuzaliswa kwezithuba zeSMS zingadlulanga iinyanga ezili-12
Awekho

Ingcaciso

* NgokweMimiselo yeNkonzo kaRhulumente iSahluko 1, iCandelo VII C.1A.3 (Public Service Regulations Chapter 1, Part VII C.1A.3) amasebe makachaze injongo okanye izizathu esisiso sokungalandeli ukuzaliswa kwezithuba zeSMS singadlulanga isikhokelo samaxesha amiselweyo. Kwimeko apho ungathotyelwanga lo mmiselo, igunya lolawulo elichaphazelekayo okanye intloko yesebe lemfundo mayithathe amanyathelo oluleko afanelekileyo ngokwecandelo 16A(1) okanye (2) soMthetho weNkonzo zikaRhulumente (Public Service Act).

3.4 UkuHlolwa kwemiSebenzi

Ngokulandela umgaqo-sikhokelo ogqitywe kuzwelonke, amagunya alawulayo anako ukuhlola okanye ukuhlola kwakhona (evaluate or re-evaluate) nawuphi na umsebenzi kwiqumrhu lawo. NgokweMimiselo, zonke izithuba ezikumandanaba omvuzo 9 nangaphezulu mazihlolwe phambi kokuba zizaliswe. Le theyibhile elandelayo ishwankathela inani lemisebenzi eyayihloliwe kwithuba lonyaka ophantsi kwengqwalaselo kwakhona. Le theyibhile ikwanika iinkcukacha-manani zezithuba ezifumene ukunyuselwa okanye ukuthotyelwa.

Itheyibhile 3.4.1 UkuHlolwa koMsebenzi ngokwecandelo lomvuzo kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

Icandelo lomvuzo	Inani eliphelele yo lezithuba zengqesho langowa ma-31 kuMatshi ka-2015	Inani lezithuba ezihloliweyo	I-% yezithuba ezihlolwe ngokwamaCandelo emiVuzo	IziThuba ezoNyuselweyo		IziThuba ezoHliselweyo	
				Inani	I-% yenani lezithuba	Inani	I-% yenani lezithuba
Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	3 259	0	0.00	0	0.00	0	0.00
Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	4 108	0	0.00	0	0.00	0	0.00
Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	28 712	39	0.14	0	0.00	0	0.00
Abanezakhono eziphezulu zokusuphavyiza (Inqanaba 9-12)	4 079	18	0.44	0	0.00	0	0.00
AbaLawuli abaPhezulu ICandelo lemiVuzo A (iNqanaba 13)	32	0	0.00	0	0.00	0	0.00
AbaLawuli abaPhezulu ICandelo lemiVuzo B (iNqanaba 14)	8	0	0.00	0	0.00	0	0.00
AbaLawuli abaPhezulu ICandelo lemiVuzo C (iNqanaba 15)	4	0	0.00	0	0.00	0	0.00
AbaLawuli abaPhezulu ICandelo lemiVuzo D (iNqanaba 16)	1	0	0.00	0	0.00	0	0.00
Inani lilonke	40 203	57	0.14	0	0.00	0	0.00
Qaphela: * Zizithuba zeenkondo zikarhulumente kuphela ezenziwa iinkqubo zokuhlolwa kwemisebenzi.							

Le theyibhile elandelayo inika isishwankathelo senani labasebenzi abazikhundla zabo zinyuselweyo ngenxa yokuba izithuba abakuzo ziye zanyuselwa. Inani labasebenzi lisenokwahluka kwinani lezithuba ezonyuselweyo kuba ingengabo bonke abasebenzi abafakwe kwizithuba ezitsha kwaye ezinye zezi zithuba zonyuselweyo kusenokwenzeka ukuba azinabantu.

Itheyibhile 3.4.2 Iprofayili yabasebenzi abazikhundla zabo ziye zonyuselwa ngenxa yokuba izithuba abakuzo ziye zonyuselwa ngethuba eliphakathi kowoku-1 kuEpreli ka-2014 nowama-31 kuMatshi ka-2015

Isini	AbaNtsundu	AmaAsia	AbeBala	AbaMhlophe	Inani lilonke
Amabhinqa	0	0	0	0	0
Amadoda	0	0	0	0	0
Inani lilonke	0	0	0	0	0

Abasebenzi abanenkubazeko	0
---------------------------	---

Le theyibhile elandelayo ishwankathela inani lamathuba (cases) apho amacandelo omvuzo ohlawulwayo agqithisileyo kwiigreyidi eqinisekiswa kukuhlolwa komsebenzi. Izizathu zokutenxa zinikiwe kwimeko nganye.

Ittheyibhile 3.4.3 Abasebenzi abanamanqanaba omvuzo angaphezulu kunaleyo iqinisekiswa luhlolo lomsebenzi ngokwekhono lomsebenzi kwithuba lowoku-1 kuEpreli ka-2014 lowama-31 kuMatshi ka-2015

Inani elipheleleyo labasebenzi abamivuzo yabo igqithisileyo kwiigreyidi eziqinisekiswa ngokuhlolwa komsebenzi	Alikho
---	--------

Le theyibhile elandelayo inika isishwankathelo sabaxhamleyo kule miba ingentla ngokohlanga, isini, nenkubazeko.

Ittheyibhile 3.4.4 Iprofayile yabasebenzi abanamanqanaba omvuzo aphezulu kunalawo aqinisekiswa kukuhlolwa komsebenzi kwithuba lowoku-1 kuEpreli ka-2014 lowama-31 kuMatshi ka-2015

Inani elipheleleyo labasebenzi abamivuzo yabo igqithisileyo kwiigreyidi eziqinisekiswa ngokuhlolwa komsebenzi	Alikho
---	--------

3.5 Utshintsho kwezengqesho

Eli candelo linika ingcaciso ngotshintsho kwezengqesho ngalo nyaka-mali. Iireyithi zokumka kwabasebenzi kuze kuqeshwe abanye (turnover rates) zinika isalathiso sezinto ezenzekayo kwiprofayili yezengqesho yesebe lemfundo. Ezi theyibhile zilandelayo zinika isishwankathelo sokumka kuze kuqeshwe abanye abasebenzi ngokwecandelo lomvuzo nangokwamakhono omsebenzi abaluleke kakhulu (khangela inkcazelo kwiingcaciso ezilalapha ngezantsi).

Ittheyibhile 3.5.1 Iireyithi zonyaka zokumka kwabasebenzi kuqeshwe abanye ngokwecandelo lomvuzo kwithuba elisuseka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2015

Iqela labasebenzi	Icandelo lomvuzo	Inani labasebenzi kwicandelo ngalinye ukusela ngowama-31 kuMatshi ka-2014	Abaqeshiweyo	Ukushinisekwa kwisebe lemfundo	Ukuqeshwa nokushinisekwa kwisebe lemfundo	Abayekisiweyo emsebenzini	Abatshinisekwe ngaphandle kwesebe lemfundo	I-% yereyithi yabayekisiweyo emsebenzini nabadshinisekwe ngaphandle kwesebe lemfundo	I-% yereyithi yabayekileyo kwaqeshwa abanye
Bonke abasebenzi	Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	3 315	4 351	1	4 352	4 031	162	4 193	4.90
	Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	4 646	5 689	9	5 698	4 028	440	4 468	25.96
	Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	28 651	13 874	18	13 892	13 197	944	14 141	0.00
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavyiza (Inqanaba 9-12)	3 873	537	9	546	1 301	338	1 639	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu A (Inqanaba 13)	38	2	0	2	2	5	7	0.00

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2014/15
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
ePhondo leNtshona Koloni

Qela labasebenzi	Icandelo lomvuzo	Inani labasebenzi kwicandelo ngalinye ukususeka ngowama-31 kuMqatsi ka-2014	Abaqeshiweyo	Ukushintshelwa kwiSebe lemfundo	Ukugqwashwa nokushintshelwa kwiSebe lemfundo	Abayekisiweyo emsebenzini	Abatshintshelwe ngaphandle kwiSebe lemfundo	Abayekisiweyo emsebenzini nabalshintshelwe ngaphandle kwiSebe lemfundo	1-% yereyithi yabayekileyo abanye kwaqeshwa abanye
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu B (iNqanaba 14)	9	1	0	2	1	1	2	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu C (iNqanaba 15)	4	1	0	1	1	0	1	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu D (iNqanaba 16)	1	1	0	1	0	0	0	0.00
	Inani lilonke	40 537	24 456	37	24 494	22 561	1 890	24 451	*0.00
Ootiishala	Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	0	0	0	0	0	0	0	0.00
	Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	785	3 794	0	3 794	2 363	67	2 430	174.00
	Abanezakhono eziphezulu zokuvulisa (Inqanaba 6-8)	27 482	13 536	14	13 550	12 950	765	13 715	0.00
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavyiza (Inqanaba 9-12)	3 669	482	4	486	1 281	287	1 568	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu A (iNqanaba 13)	0	0	0	0	0	0	0	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu B (iNqanaba 14)	0	0	0	0	0	0	0	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu C (iNqanaba 15)	0	0	0	0	0	0	0	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu D (iNqanaba 16)	0	0	0	0	0	0	0	0.00
	Inani lilonke	31 936	17 812	18	17 830	16 594	1 119	17 713	0.00
iINkonzo zikaRhulumente	Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	3 243	4 351	1	4 352	4 031	162	4 193	4.90
	Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	3 800	1 895	9	1 904	1 665	373	2 038	0.00
	Abanezakhono eziphezulu zokuvulisa (Inqanaba 6-8)	1 300	338	4	342	247	179	426	0.00
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavyiza (Inqanaba 9-12)	205	55	5	60	20	51	71	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu A (iNqanaba 13)	38	2	0	2	2	5	7	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu B (iNqanaba 14)	9	1	1	2	1	1	2	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu C (iNqanaba 15)	4	1	0	1	1	0	1	0.00
	ICandelo leeNkonzo zabaLawuli abaPhezulu D (iNqanaba 16)	1	1	0	1	0	0	0	0.00
	Inani lilonke	8 601	6 644	20	6 664	5 967	771	6 738	0.00

INGcaciso:

